URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

INgxelo yoNyaka
2021/2022

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

URhulumente weNtshona Koloni

IVoti 13

INgxelo yoNyaka

2021/2022

Ukuba kunokubakho iimpazamo kuguqulelo lolu xwebhu, maze kusetyenziswe uxwebhu lwesiNgesi okulolona kususelwe kulo uguqulelo.

Okuqulathiweyo

ICandelo A 4
1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe 5
2. Uluhlu lwezifinyezo/ lwezishunqulelo 6
3. INtshayelelo 9
4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo 10
5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchaneka kweNgxelo yoNyaka 17
6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga 18
6.1. Umbono 18
6.2. Umnqophiso 18
6.3. Iimpawu zentsulungeko 18
7. IZigunyaziso zomthetho nezinye 18
7.1. Izigunyaziso zoMgaqo-siseko 18
7.2. Amagunya oMthetho 21
7.3. IZigunyaziso zoMgaqo-nkqubo 26
8. Isimo sombutho 30
9. Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa 32

ICandelo B 35
1. Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele: Iinjongo eziMiselwe kwangaphambili 36
2. Uvavanyo ngokubanzi loMsebenzi weSebe 36
2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo 37
2.2. IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo 45
2.3. Ubume bombutho 45
2.4. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo olungundoqo kunye neenguqu zomthetho 46
3. Izifezekiso zeMpembelelo yeZiko neMiphumela 47
3.1. Izifezekiso ezibonakalayo ezibhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi sowama-2019-24 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo 49
4. INgcaciso yoMsebenzi ngokweNkqubo nganye 57
4.1. Inkqubo 1: ULawulo 57
4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko 61
4.3. Inkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nezooVimba 79
4.4. INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo 89
5. Ukunika ingxelo kukuSabela kweZiko kuBhubhane weCovid-19 111
6. IiNtlawulo eziKhutshelweyo 114
6.1. Iintlawulo ezikhutshelelwe kuQumrhu kaRhulumente 114

6.2. IiNtlawulo ezikhutshelweyo kuyo yonke imibutho engengawo amaQumrhu kaRhulumente 116
7. IMinikelo enemiQathango 156
7.1. IMinikelo enemiQathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo ezihlawulweyo 156
7.2. IMinikelo enemiQathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo efunyenweyo 156
8. IiNgxowa-mali zoMnikelo 165
9. UTyalo-mali lweZakhiwo 166
9.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi 166

ICandelo C 167
1. Intshayelelo 168
2. ULawulo loMngcipheko 168
3. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILISO 172
4. UkuNcitshiswa kweDolo kuMsebenzi 173
5. UMgaqo wokuZiphatha 173
6. IMiba yeMpilo, yoKhuselo, kunye neyeNdalo 174
7. IiKomiti zesikhundla zePalamente 174
8. IZisombululo zeSCOPA 175
9. IZilungiso zangaphambili 175
10. Ulawulo lwangaphakathi 175
11. IiKomiti zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi nezoPhicotho-zincwadi 176
12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi 177
13. UHambelwano lweBBBEE 179

ICandelo D 182
1. Intshayelelo 183
2. Ubume boLawulo lwaBantu kwiSebe 183
2.1. OkuPhambili koCwangciso lwaBasebenzi beSebe 183
2.2. ULawulo lokuSebenza kwaBasebenzi 184
2.3. IMpilo yaBasebenzi 185
2.4. UkuJonga uLawulo lwaBantu 185
3. IZIBALO ZOLAWULO LWABANTU 185

ICandelo E 223
1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele 224
2. IiNgxelo zoNyaka zeMali 234

ICandelo A

INGCACISO
NGOKUBANZI

1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yeNtshona Koloni

IDILESI YESITALATO	ISakhiwo iProtea Assurance EGreenmarket Square EKapa 8001
IDILESI YEPOSI	Private Bag X9067 EKapa 8000
INOMBOLO YOMNXEBA	0860 142 142
INOMBOLO YEFEKSI	021 483 9504
IDILESI YE-IMEYILE	dcas.com@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI	www.westerncape.gov.za/dept/cas

2. Uluhlu lwezifinyezo/ lwezishunqulelo

AFS	liNgxelo zoNyaka zeMali
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
AO	IGosa eliNika iNgxelo
ASP	INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo
ATKV	Afrikaanse Taal en Kultuurvereniging
AU	UManyano lwaMazwe aseAfrika
BTG	Better Together Games
CARES	INkcubeko, uBugcisa, uLonwabo, iMfundo, neMidlalo
CDP	INkquba yoPhuhliso lweKlabhu
CFO	IGosa eliyiNtloko lezeMali
CoE	Iindleko zaBasebenzi
Covid-19	ISifo esibangelwa yiNtsholongwane yeKhorona yowama-2019
CTSA	UMbutho weSoftball waseKapa
DBE	ISebe leMfundo yeSiseko (isebe lesizwe elinoxanduva lwezemfundo)
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
DISWEC	Imidlalo yaBakhubazekileyo yeNtshona Koloni
DOCS	ISebe loKhuseleko loLuntu
DORA	UMthetho weCandelo leNgeniso
DoTP	ISebe leNkulumbuso
DPSA	ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo
DPME	ISebe loBeko-liso noVavanyo kuMsebenzi kwiiOfisi kaMongameli
DSAC	ISebe leMidlalo uBugcisa neNkcubeko
DSD	ISebe loPhuhliso lweNtlalo
EAP	INkqubo yeNkxaso yaBasebenzi
ECM	ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini
EE	Ubulungisa eNgqeshweni
EHWP	INkqubo yezeMpilo neMpilo-ntle yaBasebenzi
EPWP	INkqubo eYandisiweyo kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
FMIP	INkqubo yoPhuculo loLawulo lweMali
GG	Igaraji kaRhulumente
GMT	IziThuthi zikaRhulumente
GPSSBC	IBhunga leeNgxoxo zezaBasebenzi bakaRhulumente Jikelele
GRAP	INdlela yoBalo-mali oLwamkelweyo ngokuBanzi
GWM&E System	INkqubo yoBeko-liso noVavanyo kaRhulumente Jikelele
HCT	INgcebiso nge-HIV noHlolo
HDI	Abantu ababevinjwe amathuba ngaphambili
HOD	INtloko yeSebe
HPCs	AmaZiko aPhezulu okuSebenza
HR	IMicimbi yezaBasebenzi

HRM	ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli
HS	Isikolo samabanga aphakamileyo
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
ICAS	IiNkonzo zeNtuthuzelo noCetyiso oluZimeleyo
ICT	ITheknoloji yeNgcaciso noQhagamshelwano
IMAD	IZiko loMculo noPhuhliso loBugcisa beMveli
IT	INgcaciso yetheknoloji
KKNK	Klein Karoo Nasionale Kunstefees
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba (sePhondo) (uMphathiswa wePhondo)
MIG	UMnikelo kaMasipala weSibonelelo
MOD	INtatho-nxaxheba ngoBuninzi; amaThuba noFikelelo; iNkqubo yoPhuhliso nokuKhula
MPAT	ISixhobo soVavanyo loMsebenzi woBeko-liso se-DPME
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho seSiithuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi
NAC	IBhunga lezoBugcisa leSizwe
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe
NGO	UMbutho ongekho phantsi kolawulo lukarhulumente
NHC	IBhunga leLifa leMveli leSizwe
NHRA	UMthetho weSizwe weMithombo yezeLifa leMveli
NRF	INgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe
NSRP	IsiCwangciso sezeMidlalo noLonwabo
NPC	INkampani engenzi Nzala
NPO	UMbutho ongenzi Nzala
NRD	USuku lweSizwe loLonwabo
OHS	IMpilo noKhuseleko eNgqeshweni
PA	ISivumelwano sokuSebenza
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika
PES	ISabelo esiLinganayo sePhondo
PERSAL	INkqubo yeMivuzo yaBasebenzi
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999
PFS	IiNkonzo zoBuqhopholo kwiPhondo
PILIR	UMgaqo-nkqubo weKhefu lokungabinako ukuSebenza noMhlala-phantsi wokuGula
PLF	IForam yePhondo yoLwimi
PLC	IKomiti yePhondo yeeLwimi
PN	ISaziso sePhondo
POPIA	UMthetho weNgcaciso yoKhuseleko loMntu
PPE	ISixhobo soKhuseleko loMntu
PS	Isikolo samabanga aphantsi
PSCBC	IBhunga leeNgxoxo lezoLungelelwaniso lweeNkonzo zikaRhulumente

RLHR	Indlela yeLifa leMveli yokuChasa kunye neNkululeko
SA	UMzantsi Afrika /UMmi woMzantsi Afrika
SAFA	UManyano lweBhola eKhatywayo loMzantsi Afrika
SAHRA	I-Arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SANSC	IiNtshatshelizeZikolo zeSizwe zoMzantsi Afrika
SAGNC	IBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika
SAPS	IiNkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika
SARU	UMbutho woMbhoxo woMzantsi Afrika
SASCOC	IMibutho eManyeneyo yeMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti ye-Olimpiki
SC	Ikapa elisemazantsi
SCM	ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo
SCMPP	INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba ngoBuninzi kwezeMidlalo iSiyadlala
SCOA	ITshathi yoMgangatho wee-Akhawunti
SCOPA	IKomiti eSigxina yeMali zikaRhulumente yePalamente
SHERQ	UKhuseleko lweSimo seMpilo, uMngcipheko noLawulo lokuLunga
SITA	I-Arhente yeNgcaciso yeTheknoloji kaRhulumente
SLIMS	INkqubo yoLawulo lweNgcaciso yamaThala eeNcwadi yeSITA
SMS	INkonzo yaBalawulo abaPhezulu
SOP	INkqubo eSigxina yokuSebenza
STIs	Izifo ezisulela ngesondo
SWD	IMimandla yoMzantsi weNtshona
TB	Isifo sephepha
TWK	Theewaterskloof
UCT	IYunivesiti yaseKapa
UNAIDS	INkqubo yeZizwe eziManyeneyo eHlangeneyo nge-HIV ne-AIDS
UNESCO	UMbutho weMfundo, weNzululwazi neNkcubeko weZizwe eziManyeneyo
VOC	Vereenigde Oost-Indische Compagnie
WC	INtshona Koloni
WECCMA	UMbutho woMculo weeKwayara weNtshona Koloni
WECSA	IZiko leMfundo yeMidlalo neNtshona Koloni
WCCC	IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni
WCPSC	IMibutho eManyeneyo yezeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni
WP	IPhondo leNtshona Koloni

3. INtshayelelo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo landlala iNgxelo yalo yoNyaka isithuba sowama-2021/22 njengobungqina bokunikezelwa kwenkonzo eqhubeke unyaka wonke. Sinethemba lokuba iya kunika ithuba kwindlu yowiso-mthetho kunye noluntu ngokubanzi ingqiqo enkulu kwizifezekiso nemingeni esithe sajamelana nayo ngesi sithuba ngokubhekiselele kwimisebenzi, ulawulo, imicimbi yabasebenzi, kunye nolawulo lwemali.

Kulo nyaka siqhubekile ngokucwangcisela iNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi yowama-2023, njengoko sixhase oomasipala ekuhlaziyeni izibonelelo esele zikho, ngokunjalo nolwakhiwo lwezibonelelo ezitsha. ISebe liqhubekile ngokunjalo kwinkxaso yayo eqhubekayo kwimibutho emanyeneyo yethu yemidlalo kunye nemibutho yobugcisa nenkcubeko, ukuqinisekisa ngento yokuba inakho ukuqhubeka nemisebenzi yayo kulo lonke iPhondo.

Njengoko siqalisa ngenkqubo yovuselelo loqoqosho, iSebe lixhase ngokunjalo imisitho engundoqo njengoko iqalisile kancinane ukuqhubeka kwakhona kwiPhondo. ISebe liqhubekile ngokuqalisa ngeenkonzo zalo kulo lonke iPhondo ngemisebenzi eyenziwa zii-ofisi ezisekwe kuyo yonke imimandla.

Njengoko siqhubeka ukusebenza kubume bemali karhulumente encipha ngalo lonke ixesha, iSebe liqhubekile ukusebenza ngenguqulelo nokuxhathisa ngothelelwano ukuqinisekisa ngento yokuba siyaqhubeka sisenza umahluko kwimpilo yabo sibasebenzelayo. Ngoku ngaphezu kwawo onke amanye amaxesha kufuneka siqinisekise ngento yokuba sisebenza ngemfezeko yaye sithabatha uxanduva ukuqinisekisa ngento yokokuba iingxowa-mali zichithwa ngokufanelekileyo kwangeli thuba linye siqhubeka nonikezelo lwenkonzo.

ISebe linxulumanise umsebenzi walo kwisiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) ukuncedisa ingakumbi kokuPhambili okuVuselelwa nguMbono ongoKhuselo noLungelelwaniso loLuntu, ngokunjalo nesahluko se-15 seNDP (ULungelelwaniso lweNtlalo), kunye nemixholo yoLungelelwaniso lweNtlalo kunye noLuntu olukhuselekileyo njengoko kuchaziwe kwiMTSF.

Ndithanda ukubulela uNkulumbuso u-Alan Winde ngobunkokheli bakhe obunombono ngeli thuba. Ndithi enkosi ngokunjalo kwiNtloko yeSebe, iqela lakhe labalawuli kunye nawo onke amagosa esebe ngako konke okuthe kwafezekiswa ngeli xesha. Kufuneka sithabathele ingqalelo into yokuba kufuneka siqhubeke ngothelelwano yaye siqhubeke ngobudlelwane kunye nabachaphazelekayo bethu ukuqinisekisa okokuba imembelelo yethu iyaqhubeka kwimimandla apho idingeka kakhulu khona.

Anroux Marais

UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo weNtshona Koloni

4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Uvavanyo ngokubanzi lwemisebenzi yeSebe

INgxelo yoNyaka yeSebe leNtshona Koloni leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) inikezelwa ngokwemiqathango yecandelo 40(1)(d) loMthetho woku-1 woLawulo lweMali kaRhulumente, (PFMA) 1 we-1999.

Ingxelo iya kubonisa into yokuba imisebenzi yeSebe idlala indima yenkxaso kunikezelo oluphambili kweqhinga okungundoqo okukoku, ukuXhotyiswa kwaBantu kunye noLuntu oluKhuselekileyo noluLungelelanisiweyo ngokusetyenziswa kweNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo (kubandakanywa iMOD), inkcubeko, imidlalo, kunye nemisebenzi yolonwabo kunxweme olusezantsi nasentshona kwiPhondo, kunye neemyuziyam zethu noovimba kunye neenkqubo ezizezinye ezinxulumeneyo, zinikele kwinjongo yethu yokukhuthaza uhambelwano ngokukhumbula imbali yethu nenkcubeka.

Uhlahlo lwabiwo-mali olubini lwe-EPWP kulungiselelwa iCandelo leNtlalo kunye neCandelo leNdalo neNkcubeko lulungelelwanisiwe ukuqinisekisa ngamathuba omsebenzi olutsha, ekuzameni ekunikezeleni uncedo kwindlala nolwengeniso ngokunikezelwa komsebenzi wethutyana kulungiselelwa abo bangenangqesho. Oku, kunye neenkqubo zenkonzo yolutsha lwethu kwiNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo, kuncedile ukulungisa umlinganiselo wolutsha olungenangqesho ze kwakhokhelelwa abantu abatsha kude lee nendlela yokuziphatha engahambelaniyo nentlalo.

Uhlahlo lwabiwo-mali olubini lwe-EPWP olulungiselelwe iNtlalo neNdalo kunye neNkcubeko lwalulungelelanisiwe ukuqinisekisa ngamathuba omsebenzi wolutsha ekuzameni ukunceda ukubhangisa indlala nengeniso ngokusetyenziswa komsebenzi wethutyana kubantu abangenangqesho. Oku, kunye neenkqubo zenkonzo yolutsha lwethu kwiNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo, kuncede ukunika ingqwalasela kumlinganiselo yolutsha olungaqeshwanga ze kuguqule ingqwalasela yolutsha kwindlela yokuziphatha engahambelaniyo nentlalo.

Indlela yeSebe kunyaka wonke ibe kukumilisela amalinge ngetsebenziswano kunye namasebe eSizwe nePhondo, kunye noomasipala, kubandakanywa nothungelwano olulawulwayo lwamahlakani, ngenjongo yokuphucula iimeko zokuphila zabo bonke abahlali beNtshona Koloni.

Umbono weSebe ngulo "INtshona Koloni equka uluntu, enobuchule, edlamkileyo nolungeleleneyo". ISebe linikele kwisigunyaziso salo ngokunikezelwa kweenkonzo ngokubhekiselele kwimiphumela yalo yeqhinga emithathu.

ISebe linikezele kwisigunyaziso salo ngonikezelo lweenkonzo ezibhekiselele kwiziphumo zalo ezintathu zeqhinga:

- Ufikelelo namathuba okuthabatha inxaxheba kuBugcisa, kwiNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, ukuxhasa ukukhula koqoqosho, kunye noluntu olukhuselekileyo noluhambelanayo.
- Ufikelelo kwingcaciso nolwazi oluxhasa isimo sokufunda nokufunda kobomi bonke.
- Ufikelelo kumathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo.

ISebe linoxanduva lokongamela ngokunjalo kumaQumrhu kaRhulumente amathathu, angala iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, kunye neLifa leMveli leNtshona Koloni.

ISebe lifezekise imigqalisela yokuSebenza eli-110 kweli-117 (IMigqalisela yokuSebenza kweNkqubo engama-84 kwengama-88 + imigqalisela yoMnikelo oneMiqathango engama-26 kwengama-29) ngeenzame ezihlangeneyo zamahlakani alo okunikezelwa kwenkonzo.

ISebe ligcine ngokunjalo iwonga lalo lophicotho-zincwadi olungenaziphene (ekungekho eminye imiba engeminye) iminyaka elishumi elandelelanayo.

Okuqaqmbileyo kwizifezekiso zeSebe kudweliswe ngasezantsi:

- UMthetho oLungisiweyo onguNombolo 2 waka2021 woMthetho omtsha wamaZiko oLondolozo lweMbali weNtshona Koloni oqale ukusebenza ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021.
- Iziko loLondolozo lweMbali yaseBlombos yeNzululwazi yezinto zakudala yaGazethwa njengeziko lolondolozo lwembali entsha yenguqu emanyeneyo kwiphondo ngeyeDwarha 2021.
- KwiKhabhinethi yeSizwe isigqibo ekufikelelwe kuso kwintlanganiso yayo yomhla wesi-9 kweyoMqungu 2022, iKhabhinethi yeSizwe yamkele ungeniso lwefayile yokutyunjwa "kwe-Emergence of Modern Humans: Pleistocene Occupation Sites of South Africa" kwiZiko leLifa leMveli leHlabathi kulungiselelwa ukuqwalaselwa nokubhalwa njengeNdawo yeLifa leMveli leHlabathi.
- I-HWC isingethe ngempumelelo ukutyhilwa kweNdawo yeLifa leMveli lePhondo leBlaauwberg Nature Reserve kunye nePrincess Vlei ngaphandle ko-M5 eRetreat.
- Ithala leencwadi elimiselwe njalo laseBrandwag eMosselbay lagqitywa laze lavulwa ngokusesikweni.
- Uhlaziyo lweThala leeNcwadi likaRhulumente laseNoordhoek eVelddrift, kuMasipala waseBergrivier lwagqitywa.
- Ithala leencwadi likarhulumente laseHoeko lavulwa ngomhla wesi-4 kweyoKwindla 2022 eKannaland.
- AmaThala eeNcwadi amaNcinane amahlanu alungiselelwe aBantu abangaboniyo asekwa kumathala eencwadi karhulumente elasePacaltsdorp, elaseSwelendam, elaseKnysna, elaseHornlee nelaseKranshoek.
- Ufikelelo kwi-intanethi esimahla lwanikezelwa kumathala eencwadi karhulumente angama-332 kulo lonke iphondo, kwangama-229 kwasetyenziswa iProjekti yoThungelwano lweThala leencwadi lwaMaphandle ze ali-103 kwasetyenziswa iSmartCape.
- Njengenxalenye yesiCwangciso soVuselelo iDCAS inikezele ngenkxaso kuvuselelo loQoqosho lweGIG oluya kunikezela ngamathuba omsebenzi kulungiselelwa amagcisa asakhulayo namava.
- Imisitho yolonwabo yasetyenziswa ukukhuthaza indlela yokuphila enenkuthalo nenenkuthazo, ngokuxhaswa kwemisitho engama-410.
- UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali woBugcisa, iNkcubeko noweLifa leMveli uvavanyiwe yaye ngoku uyavuma okokuba kuxhaswe ngemali amagcisa ngamanye ngokunjalo neenkampani zemisitho yobugcisa.
- Ama-964 oLutsha anikezelwa ngethuba lokuqala lomsebenzi kusetyenziswa iYearBeyond. Ulutsha lusebenze njengeenkokhelo zovulindlela, abalawuli

beenkcukacha zamanani, iintshatsheli zokufunda kumathala eencwadi, abavuseleli bemfundo @ekhaya kunye nabaqeqeshi bokufunda nokubala.

- Ulutsha lwaqeshwa ukuxhasa iinkqubo zeholide ngesithuba seholide yeNkanga/yoMqungu.
- I-WCG isebenzisene neeNGO ezingama-41 ukunikezela inkqubo epheleleyo yeholide yaeHlotyeni ngeencwadi zikubhala nezixhobo zokubhala kunye neenkuthazo ezinxulumene noko ezinikezelwe kwabo abeza rhoqo nangokuzinzileyo kwisithuba sonke seholide ekufikelelwe kufutshane nabafundi abangama-10 000 nokunikezelwa kwamathuba kulutsha olungenangqesho olungaphezulu kwama-600.

Imingeni apha enyakeni

Isimo soqoqosho selizwe kunye nobume bemali karhulumente kwilizwe sidinga ukuhlengehlengiswa kwemisebenzi. Oku kwenziwe mandundu yimpembelelo yeCovid-19 kwimisebenzi yesebe ethe yabangela ukuvalwa kwamacandelo emidlalo, elobugcisa nelenkcubekoamathuba athile onyaka ophantsi kovavanyo. Nangona kukho lo mngeni, iSebe liqhubile ngokunikezela ngeenkonzo apho linakho ngohlobo lokubolekisana (kwi-intanethi) okanye ngokuyirhoxisela unyaka osezayo. Ubhubhane weCovid-19 ube nempembelelo enkulu kumacandelo elobugcisa, elenkcubeko, elemidlalo, eyolonwabo kunye neyokhenketho kunye nayo yonke imicimbi ithintelwe kakhulu phantsi kwezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into yaye evunyelwe ukuba iqale kuphela isithuba esinyiniweyo njengoko kuya kunyenyiswa izithintelo zokuvalwa ngci.

Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zeSebe

Okufunyenweyo lisebe

Igama leNkqubo	2021/22			2020/21		
	Uqikelelo (R'000)	Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo (R'000)	Uqokelelo olungaphezulu/ (Olungaphantsi) (R'000)	Uqikelelo (R'000)	Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo (R'000)	Uqokelelo olungaphezulu/ (Olungaphantsi (R'000)
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu 1	909	671	(238)	598	436	(162)
Okugqithiselweyo okufunyenweyo kwiiYunithi zikaRhulumente					450	450
Iirhafu, izohlwayo nezilahlekileyo 2	26	151	125	220	186	(34)
Inzala, izahlulo nerenti yomhlaba	-	8	8		5	5
Intengiselwano yemali kwii-asethi nakwiimfanelo 3	1 000	2 435	1 435		404	404
Zizonke	**1 935**	**3 266**	**1 330**	**818**	**1 481**	**663**

1 Iyantlukwano ibangelwe yingeniso engaphantsi eqokelelweyo kwimirhumo yokungena ngenxa yenani lotyelelo kwiiyuziyam ngenxa yempembelelo yeCovid-19 kwicandelo lezokhenketho nakwicandelo lezokhenketho ngokupheleleyo.

2 Imirhumo efunyenwe kwiintlawulo zokulahleka kweencwadi zethala leencwadi.

3 Iingxowa-mali ezingachithwanga zonyaka-mali ongaphambili zivela kwiSixeko saseKapa nomasipala waseBitou.

INkcitho yeNkqubo

Igama leNkqubo	2021/22			2020/21		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Inkcitho eyiyo (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000)
Ulawulo	65 436	65 062	284	64 926	64 037	889
IMicimbi yeNkcubeko	123 763	120 445	3 318	117 128	114 862	2 266
IiNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba	447 733	441 935	5 798	358 503	352 923	5 580
IMidlalo noLonwabo	263 267	261 735	1 532	205 248	203 632	1 616
Zizonke	**900 109**	**889 178**	**10 932**	**745 805**	**735 454**	**10 351**

Inkcitho engaphantsi ibhekiselele kulityaziso ekuzalisweni kwezithuba kwiMbuyekezo yaBasebenzi, ngokunjalo nempahla kunye neenkonzo kunye nezinto ezinkulu ezithengiweyo ezithe azahanjiswa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo sokuqengqelwa kweengxowa-mali esele zihlahlelwe zangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo. Iinkcukacha zokuqengqelwa zibandakanywe kwingcaciso echaziweyo engasezantsi.

Ngaphezulu, iingxowa-mali ezinikezelwe njengesipho liBhunga leSizwe leLifa leMveli kulungiselelwa ukusekwa kweResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) eNtshona Koloni azichithwanga ngokupheleleyo ngenxa yohlobo lokuqhubeka kwepojekti. Okubandakanywe kwiyantlukwano zingxowa-mali ezingachithwanga ezinxulumene neprojekti yophando ejolise ekuphuhliseni uYilo oluzinzileyo lweNkonzo yeThala leeNcwadi zikaRhulumente. Iprojekti ayibanga nakuqaliswa ngenxa yemingeni efunyenwe kubanikezeli benkonzo kwimarike enganakho ukuba inganikezela ngenkonzo. Isicelo sokwabiwa kwakhona seengxowa-mali ezingachithwanga sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

IViramenti/uqengqelo

Iiviramenti:

Evela kwinkqubo	Impahla eqhelekileyo	Isixa-mali R'000	Eya kwinkqubo	Impahla eqhelekileyo	Isixa-mali R'000
Inkqubo 1	IiNtlawulo ezikhoyo (G&S)	-1 659	Inkqubo 2	Okukhutshelweyo neNkxaso-mali NPI	1 659
Inkqubo 4	IiNtlawulo ezikhoyo (G&S)	-759	Inkqubo 2	Okukhutshelweyo neNkxaso-mali (IDipozithi kwi-akhawunti ye-Arhente)	707
	Okukhutshelweyo neNkxaso-mali NPI	-706		Okukhutshelweyo neNkxaso-mali NPI	758

IYONKE	**-3 124**	**3 124**

Iviramenti eya kwiNkqubo 2: iMicmbi yeNkcubeko ibe yeyesibonelelo soNcedo kwiCOVID-19 oluya kwiiZiko loLondolozo lweMbali eziNcedwa liPhondo nezeNgingqi ezithe zachaphazeleka kakubi yiCOVID-19, nokuxhasa amaZiko oLondolozo lweMbali aNcedwa liPhondo ngemirhumo yophicotho-zincwadi. Inkxaso-mali eyangezelelweyo yakhutshelwa kwiLifa leMveli leNtshona Koloni ukuqinisekisa ngezibonelelo ezaneleyo zokumilisela ngokufanelekileyo imisebenzi yalo.

Uqengqelo:

ISebe lingenise isicelo kwiCandelo loLawulo-mali kulungiselela ukuqengqwa kweengxowa-mali esele zibotshelelwe kuhlahlo lwabiwo-mali kunyaka-mali wama-2022/23. Isizathu solibaziseko lube kunikezelo lwempahla neenkonzo kunye nempahla enkulu esinxulumene ikakhulu kwimpembelelo yeCovid-19 kwisixokelelwano sonikezelo sehlabathi kumashishini anxulumene nazo athe achaphazela ukuhanjiswa kweencwadi zethala leencwadi, impahla esetyenziswa iphele (iibhegi zelaptop), kunye nezixhobo zekhomyutha.

Okubandakanyiweyo kwisicelo soqengqelo ziingxowa-mali ezingachithwanga ezinxulumene:

- kwiingxowa-mali zesipho ezivela kwiBhunga leSizwe leLifa leMveli kulungiselelwa ukusekwa kweResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) eNtshona Koloni ezithe azachithwa ngokupheleleyo ngenxa yohlobo oluqhubekayo lweprojekti; kunye
- neprojekti yophando ejolise ekuphuhliseni uYilo oluzinzileyo lweNkonzo yeThala leeNcwadi likaRhulumente engaokhange ibe nakuqaliswa ngenxa yemingeni ejamelene nabanikezeli benkonzo kwimarike engabanga nakho ukunikezela ngenkonzo.

Isicelo solwabiwo ngokutsha kweengxowa-mali ezingachithwanga kuzo zombini iiprojekti sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

Inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi

ISebe alibanga nankcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo okanye engenamsebenzi kwesi sithuba siphantsi kovavanyo.

Izicwangciso zexa elizayo zeSebe

Ubhubhane weCovid-19 uqaqambise ukubaluleka kwempilo-ntle kunye nolungelelwaniso loluntu kunye nomnikelo walo ukuzinzisa uluntu kunye nokhuselo lomntu ngamnye. Iqaqambise ukubaluleka kokulungiswa kwezizathi ezingunobangela zobundlobongela kunye nobunye ububi bentlalo. IDCAS iya kukhuthaza indlela yenkcubeko yokuthatyathwa kwenxaxheba kunye nemisebenzi yolonwabo ethi incede abantu ukuba bazive ngaxesha nye bephethe kuhambo lwabo kubomi babo nonxulumano olungcono kwabanye kuluntu lwabo. Siya kujolisa kumathuba okuyila bokulungelelanisa amathuba ukulungiselela iindlela ezizezinye ezilungiselelwe ulutsha eNtshona Koloni.

Olu luhlaselo lweqhinga oluya kuqhuba zonke izicwangciso zexesha elizayo zeSebe.

UThelelwano lwamaShishini kaRhulumente nawaNgasese

Alukho.

Imisebenzi eyekiweyo/imisebenzi eseza kuyekwa

Akukho misebenzi iyekiweyo ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo kodwa eminye imisebenzi yayekwa okwethutyana ngenxa yobhubhane yaye ilindeleke ukuba iqaliswe emva kobhubhane.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho misebenzi mitsha ethe yaqaliswa ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo, kodwa eminye yaqaliswa okwethutyana ngenxa yobhubhane yaye ilindeleke ukuba iyekwe emva kobhubhane (umz. inkxaso-mali yoncedo enikezelwayo kwiimyuziyam ezimanyeneyo).

ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo

Akukho zindululo zentengiso zingabongozwanga ekuthe kwangenwa kuzo ngaloo nyaka uphantsi kovavanyo.

Iinkqubo zeSCM zicwangcisiwe ukuthintela inkcitho engalungelelaniswanga.

Akubangakho mingeni iphambili efunyenweyo yiSCM ngethuba lonyaka ophantsi kovavanyo.

Izipho neminikelo eyamkelweyo ingeyiyo imali evela kumaqela angaxulumananga

Khangela kwiSihlomelo 1E kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

Ukhululo nonxaxho olufunyenweyo oluphuma kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe

Akukho lukhululo nonxaxho lufunyenweyo kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe ngesi sithuba siphantsi kovavanyo.

Izenzo zasemva komhla wokunikwa kwengxelo

Azikho.

Isiqukumbelo

Ukuqukumbela ndithanda ukubulela umsebenzi woMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika, othe waqhuba uphicotho-zincwadi lweNgxelo yoNyaka weMali kunye nengcaciso yokusebenza. Ndivakalisa umbulelo ongazenzisiyo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi ethe yanikezela ngothelekelelo olubalulekileyo lweNgxelo yoNyaka.

Ndithanda ukuphawula ngokunjalo umnikelo wabachaphazelekayo bethu kumacandelo oluntu koorhulumente kunye namanye amasebe ethu ephondo ngenkxaso yabo eqhubekayo, ingakumbi kunyaka ophantsi kovavanyo apho onke ebejamelene nemingeni emitsha ngenxa yobhubhane weCovid-19.

Ndithanda ukuthabatha eli thuba lokwenza umbulelo wam ongazenzisiyo kwiqela liphela leDCAS ngenkxaso yalo kunyaka wonke kwindlela eya kuvuselelo nakunikezelo lwenkonzo oluphuculweyo kulungiselelwa abantu beNtshona Koloni. Inkqubela phambili esiyenzileyo ibingasokuze ibe nokwenzeka ngaphandle kokusebenza kwabo nzima nokuzimisela.

Okokugqibela, ndithanda ukubulela indima nenkxaso yoMphathiswa wethu, uNksk Anroux Marais ngesikhokhelo sakhe seqhinga, iskhokhelo kunye nenkxaso engagungqiyo yomsebenzi weli sebe.

Guy Redman
IGosa eliNika iNgxelo
ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Umhla wama-31 kweyeThupha 2022

5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nendikholelwa kuko, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

1. Zonke iinkcukacha neemali ezichazwe kuyo yonke iNgxelo yoNyaka zizinzile.
2. INgxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinazinto zisusiweyo.
3. INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokwemigaqo yengxelo yonyaka njengoko ikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
4. IiNgxelo zeMali zoNyaka (Icandelo E) zilungiswe ngokomgangatho wekheshi eqinisekisiweyo nezicwangciso-nkqubo ezifanelekileyo nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
5. IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokwenza amalungiselelo eeNgxelo zeMali zoNyaka nezigqibo ezithathwayo ngale ngcaciso.
6. IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyenziwe ukubonelela ngesiqinisekiso ngokuthembeka nokunyaniseka kwengcaciso, yoMsebenzi, ingcaciso ngemicimbi yabasebenzi neeNgxelo zeMali zoNyaka.
7. Abaphicoth-zincwadi bangaphandle kunxulumana nabo okokuba banike uluvo oluzimeleyo ngeengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, iNgxelo yoNyaka ibonakalisa imisebenzi, ingcaciso yoMsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi nemicimbi yemali yeSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2020.

Othembekileyo

IGosa eliNika iNgxelo

Guy Redman

31 kweyeThupha 2022

6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga

6.1. Umbono

INtshona Koloni equka uluntu, enobuchule, edlamkileyo nolungeleleneyo.

6.2. Umnqophiso

Sikhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nenkcubeko ngokokusetyenziswa kwezibonelelo ngempumelelo, ngokufanelekileyo nangendlela ezinzileyo, ngentsebenziswano nabanye. Ukuze sigqwese, siza kudala iimeko zokufikeleleka nezokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyaniswa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

6.3. Iimpawu zentsulungeko

Ukukhathalela, Ubuchule, Ukuthatyathwa koxanduva, Imfezeko, Inguqu kunye Nokusabela.

7. IZigunyaziso zomthetho nezinye

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) elizithatha njengelibopheleleke kwigunya loMthetho apho wonke umsebenzi walo ubhekisele, ingakumbi kwimpumelelo, yonikezelo lweenkonzo olulinganayo nolufikelelekayo, ngokubhekisele kwiphepha logayo-zimvo lorhulumente wesizwe ukuTshintsha unikezelo lweenkonzo zoluntu nelinge leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngokusemthethweni nangokwamagunya omgaqo-nkqubo achazwe kwitheyibhuli engezantsi:

7.1. Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

Icandelo	Inkcazelo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo le-6(3),(4) nele-5: Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni (WCG) kufuneka, ngokomthetho nangokweminye imiqathango, alawule kwaye abeke iliso kukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zixhamle ngokulinganayo kwaye zithathwe zisetyenziswe ngokulinganayo. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC) kunye ne-DCAS, isebenzisana nePan South African Language Board ukukhuthaza iilwimi ezintathu ezisesikweni zephondo yaye iyile imiqathango elungiselelwe uphuhliso nokusetyenziswa kweelwimi zeKhoi, Nama kunye neSan kunye noLwimi loSetyonziso Zandla loMzantsi Afrika. I-WCLC, kunye neDCAS inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukumiliselwa komgaqo-nkqubo weeLwimi waseNtshona Koloni, owamkelwe ngowama-2001, akwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngeli gunya kanye ngonyaka ubuncinane. I-

Icandelo	Inkcazelo
	DCAS yongamela i-WCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali
ICandelo 30: ULwimi nenkcubeko	I-DCAS iququzelela amathuba kubantu baseNtshona Koloni bakwazi ukusebenzisa amalungelo eelwimi zabo nawenkcubeko yabo ngokweenkqubo neeprojekthi abazimeleyo nabazixhasayo.
Icandelo lama-31: Imimandla yeNkcubeko, yenkolo neyolwimi	I-DCAS kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi ziyazihlonela iinkcubeko neelwimi ezingafaniyo zabantu baseNtshona Koloni.
Icandelo lama-41: Imithetho-siseko yentsebenziswano kurhulumente nokunxulumene nokusebenzisana kukarhulumente	I-DCAS isebenzisana nazo zonke iinkalo zikarhulumente. Ngokwegunya labo, iDCAS isebenzisana neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe (DAC) nelezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA, isebe lesizwe linoxanduva lezemidlalo noLonwabo); amaZiko oLuntu eSizwe nawePhondo noomasipala eNtshona Koloni.
Icandelo lama-156(4): Ukunikezelwa kwamagunya	I-DCAS kufuneka inikezele ngegunya koomasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeka kuzo naziphi na iimeko ezifanelekileyo, kulawulo lwemiba ehlelwe kwiSigaba A sesicwangciso 4 okanye iSigaba A sesicwangciso 5 esinxulumene noomasipala basekuhlaleni, ukuba— 1. Io mba uza kulawulwa ngempumelelo ekuhlaleni; kwaye 2. Umasipala unamandla okuyilawula. I-DCAS iququzelela ukunikezelwa kweenkonzo zoluntu zamaThala eencwadi, apho urhulumente wasekuhlaleni ezithatha njengezingunyaziso ezinganankxaso-mali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano neCandelo loLawulo-mali leSizwe neSebe lobuGcisa neNkcubeko yeSizwe ngokusetyenziswa koMnikelo oneMiqathango olungiselelwe amaThala eeNcwadi oLuntu, nenkxaso engaphezulu esuka kwiNkaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala yeCandelo loLawulo-mali lePhondo.
IShedyuli 4: IMimandla eSebenzayo yoBuchule obuSebenza kunye iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe neyePhondo	Imiba yenkcubeko: • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli. Umgaqo-nkqubo wolwimi nokulawulwa kweelwimi ezisemthethweni kangangokuba izibonelelo zecandelo 6 loMgaqo-siseko likuvakalisa ngokuphandle okokuba liwunikezela kubuchule bendlu yowiso-mthetho yePalamente yePhondo leNtshona Koloni: • I-DCAS isebenzisana ne-DAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yomgaqo-nkqubo wolwimi..
IShedyuli 5: IMimandla eSebenzayo yoBuchule beNdlu yoWiso-mthetho eyodwa yePhondo	Oovimba ngaphandle koovimba besizwe: a) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga noovimba ngaphadle koovimba besizwe ukuze kulawulwe ukumiliselwa lwayo. ISebe linoxanduva lweNkonzo yooVimba neeRekhodi zeNtshona Koloni. Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe: b) I-DCAS inikwe igunya lokwenza uMthetho wePhondo malunga namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe nokulawula umiliselo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeenkonzo zamathala eencwadi eNtshona Koloni nokusebenzisana nabasemagunyeni abajongene namathala eencwadi oluntu nenkonzo nengcaciso. AmaZiko oLondolozo lweMbali ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembalizesizwe: c) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga namaziko olondolozo lwembali ngaphandle kweemyuziyam zesizwe nokulawula ukumiliselwa kwawo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngenkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali kwiphondo, ukulungiselela

Icandelo	Inkcazelo
	intsebenziswano esondeleyo namaziko olondolozo lwembali eziphantsi kwalo ukulungiselela ukuxhaswa kwalamaziko olondolozo lwembali. Imicimbi yenkcubeko yePhondo (kubandakanya ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli namagama eendawo): d) I-DCAS ibonelela iLifa lemveli laseNtshona Kapa (iHWC) – igunya lezixhobo zelifa lemveli lephondo elonyulwe ngokumalunga noMthetho weZixhobo zeLifa lemveli likaZwelonke, we-1999 (iNHRA) – nabasebenzi kunye nabanye abaxhasi bemali nolawulo ukwenza nokulawula igunya lalo elisemthethweni. U-MEC (iLungu [lePhondo] leBunga eliLawulayo leHWC kwaye ligunya lesibheno selifa lemveli elonyuliweyo leNtshona Kapa. e) I-DCAS ibonelela ngobugcisa nangenye inkxaso kwiKomiti yaMagama eeNdawo zePhondo leNtshona Kapa (iWCPGNC) ukuze liququzelele udliwanondlebe loluntu malunga nokubekwa emgangathweni, nokwenziwa kotshintsho kumagama eendawo. Lwakuba lugqityiwe udliwanondlebe, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo zaseMzantsi we-Afrika. Ezemidlalo, ulonwabo nezibonelelo: a) I-DCAS igunyaziswe ukuba incede ekudaleni ubume obukwaziyo ukwenza imisebenzi yezemidlalo nolonwabo yephondo.
ICandelo 195: Iimpawu zentsulungeko ezisisiseko nemithetho-siseko yokuphathwa kolawulo loluntu	Amagosa eDCAS kufuneka abambelele kwiimfuno zecandelo le-195, elibonelela ngenkcazelo yeempawu zentsulungeko yolawulo lwesininzi nemithetho-siseko yokuphathwa kolawulo loluntu. Icandelo le-195(1)(*b*) lidinga inkuthazo yokusetyenziswa kwezixhobo kakuhle, ngoqoqosho nangempumelelo. Oku kuthetha ukuba iinkqubo eziqhutywe kwicandelo loluntu kufuneka zibeluncedo kangangoko ngezona ndleko ziphantsi.
ICandelo 92 nele 133	ICandelo 92 libonelela ngokuba amalungu eKhabhinethi abe nakho ukuphendula bebonke nangabanye kwiPalamente ukusebenzisa amandla abo nasekwenzeni kwabo imisebenzi, kwaye kufuneka babonelele iPalamente rhoqo ngengxelo epheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo. ICandelo 133 libonelela ukuba oo-MEC bephondo babe nokuphendula bebonke nangobunye kwindlu yowiso-mthetho yephondo ukusebenzisa amandla abo nasekwenzeni kwabo imisebenzi, kwaye kufuneka babonelele indlu yowiso-mthetho rhoqo ngengxelo epheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.
Umgaqo-siseko waseNtshona Koloni, we-1997	
ICandelo 5	Ngokweenjongo zikaRhulumente weNtshona Kapa: a) iilwimi ezisemthethweni isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye b) ezi lwimi zonwabela iwonga lokulingana. I-WCG kufuneka, ngokusebenzisa indlu yowiso-mthetho kunye nezinye iindlela, ukumisela nokubeka iliso kusetyenziso lwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. I-WCG kufuneka ikwaphumeze iindlela zokwenza nezakhayo ukuphakamisa izinga lewonga nokuqhubela phambili ukusebenzisa ezo lwimi zemveli zabantu baseNtshona Koloni ewonga lazo ngokwembali yangaphambili bekukade kungaselwe so.
ICandelo 70	Umthetho wephondo kufuneka ubonelele ngosungulo nangenkxaso-mali efanelekileyo, kwizixhobo ezifumanekayo zikaRhulumente weNtshona Kapa, zebhunga okanye zamabhunga enkcubeko oluntu kwiphondo olwabelana ngokufanayo ngenkcubeko nangelifa lemveli yolwimi. Ubhaliso nenkxaso kumabhunga enkcubeko: a) IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa (iWCCC) inikwe umsebenzi nobhaliso lwenkxaso kumabhunga abhalisiweyo. I-DCAS yongamele i-WCLC yaza yabonelela iKomiti ngenkxaso yolawulo nezemali.
ICandelo 81	URhulumente waseNtshona Kapa kufuneka amkele kwaye aphumeze ngokusebenzayo imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle

Icandelo	Inkcazelo
	yabantu bephondo, kubandakanya imigaqo-nkqubo ejonge ekufezekiseni: b) ukukhuthazwa kwentlonipho yamalungelo enkcubeko, inkolo noluntu neelwimi zabo eNtshona Koloni; c) ukhuselo nolondolozo lwembali yendalo, imbali yenkcubeko, inzululwazi ngezakudala nelifa lemveli ngezakudala zaseNtshona Koloni ngoncedo olukhoyo nezizukulwana ezizayo. I-DCAS iphumeza imigaqo-nkqubo ekhethekileyo ukunika inkxaso kwezi zibonelelo.
ICandelo 82	Imithetho-siseko eyalelayo yomgaqo-nkqubo wephondo kwiSahluko se-10 (iCandelo lama-81) sikhokela uRhulumente weNtshona Koloni xa iyenza naxa iyisebenzisa imithetho.

7.2. Amagunya oMthetho

UMthetho weSizwe	Khangela	Inkcazelo
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999	uMthetho woku-1 we-1999	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA): 1. ulawula ukuphathwa kwemali koorhulumente bephondo nakuzwelonke, amaqumrhu oluntu olukuluhlu, amaziko omgaqo-siseko nowiso-mthetho wephondo; 2. Uqinisekisa ukuba ingeniso yonke, inkcitho, ii-asethi namatyala ala maziko alawulwa ngempumelelo nangokufanelekileyo; kwaye 3. Kuchaza uxanduva lwabantu abathembekileyo ngolawulo lwemali kulamacandelo.
UMthetho weNkonzo kaRhulumente, we-1994(njengoko ulungisiwe, *phakathi kwezinye izinto*, uMthetho oLungisiweyo weNkonzo kaRhulumente, 2007)	IsiBhengezo 103, kwiGazethi kaRhulumente 15791, 3 kweyeSilimela 1994 kunye noMthetho 30 wama- 2007	Lo Mthetho wenza ubonelelo ngolungiselelo nangolawulo lweDCAS, ummiselo wemiqathango yengqesho, imigqaliselo ye-ofisi, ululeko, umhlalaphantsi nokukhutshwa kwamalungu kwinkonzo kaRhulumente, nemicimbi enxulumene noko.
UMthetho weCandelo leNgeniso (yonyaka)	Kukho uMthetho omtsha rhoqo ngonyaka.	Rhoqo ngonyaka, uMthetho weCandelo leNgeniso (iDORA): 1. ubonelela ngecandelo lobulungisa lengeniso eyenziweyo kuzwelonke phakathi kumanqanaba karhulumente ezekhaya, ephondo nakazwelonke; 2. ukumisela isabelo ngasinye sobulungisa sephondo ngalinye lwalo ngeniso; kunye 3. nokwenza ulwabiwo kumaphondo, kurhulumente wezekhaya okanye koomasipala oluvela kwisabelo sikarhulumente wesizwe, kuxhomekeka kwiimeko. I-DCAS ifumana iSibonelelo soXhomekeko kurhulumente wesizwe kwaye unoxanduva lokulawula le nkxaso- mali.
Ukukhuthaza uFikelelo kuMthetho weNgcaciso,	uMthetho wesi-2 wama-2000	Lo Mthetho unika ifuthe kwilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngurhulumente, amaziko karhulumente kunye namaziko abucala. Phakathi

UMthetho weSizwe	Khangela	Inkcazelo
wama-2000		kwezinye izinto, iDCAS nawo onke amanye amanqanaba oluntu nawabucala kufuneka: • iqulunqe incwadana yemigaqo echazela amalungu oluntu ukuba angasifaka njani isicelo sokufikelela kwingcaciso egcinwe liqumrhu; • iqeshe igosa lengcaciso ukuqaphela izicelo zofikelelo kwingcaciso egcinwe liqumrhu elo.
Ukukhuthazwa koBulungisa oboLawulayo, 2000	uMthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: • umisela imithetho nezikhokelo ekufuneka zilandelwe xa kusenziwa izigqibo; • udinga abalawuli ukwazisa abantu ngamalungelo abo ukuqwalaselo kwakhona okanye ukubhena nelungelo labo lokufuna izizathu; • udinga abalawuli ukunika izizathu zezigqibo zabo; • unika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni izigqibo zabalawuli enkundleni.
UMthetho woKhuseleko lweNgcaciso yoMntu	UMthetho 4 wama-2013	UMthetho ukhuthaza ukukhuselwa kwengcaciso yomntu eqwalaselwa ngamaqumrhu karhulumente nawangasese; ukuvelisa imiqathango ethile ukulungiselela ukuseka iimfuno eziphantsi ukulungiselela ukuqwalaselwa kwengcaciso yomntu. Ngaphezulu, uMthetho uyanikela ukuseka uMlawuli weNgcaciso ukusebenzisa amagunya athile nokwenza imisebenzi ethile nemigaqo ngokuhambelana noMthetho kunye noMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, 2000. UMthetho unikela ngaphezulu ngokukhutshwa kwekhowudi yokuziphatha; kulungiselelwa amalungelo abantu ngokuphathelele kunxibelelwano lwe-elektroniki olungabongozwanga kunye nokuthatyathwa kwesigqibo okuzenzekelayo; ukulawula ukungena nokuphuma kwengcaciso yomntu ngaphaya kwemida yeRiphabliki; nokunikezela kwimiba enxulumene nayo.
UMthetho wamaZiko eNkcubeko, we-1998	UMthetho we-119 we-1998	I-DCAS kufuneka udibanise uze usebenzisane namaziko abhengezwe njengamaziko enkcubeko malunga nobugcisa, inkcubeko nemicimbi yelifa lemveli.
UMthetho wokuKhuthaza iNkcubeko, we-1983	uMthetho wama-35 we-1983	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni neDCAS ezinoxanduva lothotyelo lwezibonelelo zoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho), we-1989	uMthetho wama-65 we-1989	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni neDCAS ezinoxanduva lothotyelo lwezibonelelo zoMthetho.
UMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi weSizwe woMzantsi Afrika, we-1996	uMthetho wama-43 we-1996	I-DCAS inoxanduva lokutyunjwa komntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni ukuba akhonze kwiBhunga leSizwe leeNgcebiso ngooVimba. ISebe likwanoxanduva lokuhlangabezana nemiqathango nemigangatho yeSizwe esekwe phantsi kwalo Mthetho.
UMthetho weBhunga loBugcisa weSizwe, we-1997	uMthetho wama-56 we-1997	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni ukuba bahlale kwiBhunga lezobuGcisa lleSizwe (iNAC), ekusebenzisaneni kunye nokulungelelaniswa neNAC, kunye nolawulo lwenkxaso-mali yeNAC kuphuhliso lobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.

UMthetho weSizwe	Khangela	Inkcazelo
UMthetho weBhunga leLifa leMveli weSizwe, we-1999	uMthetho we-11 we-1999	I-DCAS inoxanduva lokonyulwa kwommeli wephondo leNtshona Koloni ukuba ahlale kwiBhunga lezeLifa lemveli leSizwe (iNHC), nasekusebenzisaneni nakulungelelwaniso lwemisebenzi enxulumene nenkxaso- mali neeprojekthi eziqhutywa yiNHC eNtshona Koloni.
UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, we-1999	uMthetho wama-25 we-1999	I-DCAS iqinisekisa ukuthotyelwa kweNHRA ngokubeka esweni ukonyulwa kommeli wephondo leNtshona Koloni, ngokukhetha ilungu leBhunga leLifa leMveli laseNtshona Koloni, ukuba lihlale kwiBhunga le-Arhente yeziXhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika (iSAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuthotyelwa kwemfuneko yokuba uMEC kufuneka atyumbe iBhunga leHWC - igunya lezibonelelo zelifa lemveli lephondo elityunjwe ngokwe-NHRA. ISebe linoxanduva lokunxibelelana nokusebenzisana neSAHRA, iHWC noomasipala ngokubhekisele kulawulo lwezixhobo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa uMEC xa kufakwe izibheno kuye xa kuthathwa izigqibo zeHWC.
UMthetho weBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika, we-1995	UMthetho wama-59 we-1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna ukuba iBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika (iPanSALB) iseke ikomiti yolwimi lwephondo (iPLC) kwiphondo ngalinye. I-PLC ye PanSALB eNtshona Koloni eyasekwa kweyeThupha wama- 2019.
UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo woMzantsi Afrika, we-1998	UMthetho we-118 we-1998	I-DCAS inoxanduva lokuthobelana nemigqaliselo yalo mthetho-siseko yokutyumba abameli bephondo laseNtshona Kapa ukuba bahlale kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika; ukuphanda amagama eendawo eNtshona Kapa; ukuqinisekisa ukubekwa emgangathweni; kwaye, apho kufanelekileyo, ukulungiselela ukucebisana noluntu malunga neenguqu eziphakanyisiweyo kula magama. ISebe linikezela ngenkxaso yobuchule kunye nenye inkxaso kwiKomiti yamaGama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni. Nje ukuba uthetha-thethwano lugqityiwe, iWCPGNC yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.
UMthetho weHlabathi weNgqungquthela yeLifa leMveli, we-1999	UMthetho wama-49 we-1999	I-DCAS inoxanduva lokuchonga ummeli wephondo leNtshona Kapa ukuba lihlale kwiKomiti yeeNgcebiso ngeLifa leMveli yoMzantsi Afrika. ISebe likwanoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho kunye neNdibano yeLifa leMveli yeHlabathi ngokubhekisele ekutyunjweni kweendawo ezinokubakho kuLuhlu loLingo loMzantsi Afrika, kunye nokonyulwa kweendawo ezikuLuhlu loLingo lwaseMzantsi Afrika ukuze kuqwalaselwe yiKomiti yeLifa leMveli ye-UNESCO.
UMthetho weSizwe wezeMidlalo noLonwabo, 1998	UMthetho we-110 we-1998	UMthetho ubonelela ngokhuthazo nokuphuhliswa kwezemidlalo kunye nolonwabo kunye nolungelelwaniso lobudlelwane phakathi kweSASCOC (uManyano lwezeMidlalo neKomiti ye-Olimpiki yoMzantsi Afrika), iSRSA, imibutho yemidlalo, amabhunga emidlalo kunyenezinye ii-arhente. Ngaphezu koko uMthetho ubonelela ngeendlela ezijolise ekulungiseni ukungalingani kwezemidlalo nokwezolonwabo; ukukhuthaza ukulingana kunye nentando yesininzi kwimidlalo nokuzonwabisa; kunye nokubonelela ngeendlela zokusombulula impikiswano kwimidlalo nakwezolonwabo.

UMthetho weSizwe	Khangela	Inkcazelo
UMthetho woKhuseleko kwiMicimbi yezeMidlalo noLonwabo, wama-2010 (iSASREA)	UMthetho wesi-2 wama-2010	Ukubonelela ngeendlela zokukhuselwa kwempilo Ngokomzimba kunye nokukhuseleka kwabantu nepropathi kwimidlalo, nolonwabo, inkolo, inkcubeko, umboniso, umnyhadala okanye imicimbi efanayo ebibanjelwe kumabala emidlalo, kwiindawo zemidlalo okanye ecaleni kwendlela; ukubonelela ngoxanduva lokuthatha inxaxheba kwabo badlala indima; ukubonelela ngezithintelo ezithile; ukubonelela ngolwahlulo lomngcipheko kwimicimbi; ukubonelela ngokusekwa kweendlela zokujongana nokhuselo nokhuseleko kwiminyhadala; ukubonelela ngokuqinisekiswa kwabathathi-nxaxheba kwiminyhadala; ukulungiselela ukuthengisa amatikiti; ukubonelela ngolawulo lokufikelela kwababukeli kunye nezithuthi kwimisitho; ukubonelela ngokukhutshwa kweziqinisekiso zokhuseleko kumabala emidlalo acetywayo okanye akhoyo; ukulungiselela iziqulatho zeziqinisekiso zokhuseleko kunye nezilungiso kwiziqinisekiso zokhuseleko; ukubonelela ngokuqeshwa kwabahloli kunye namandla abo okungena nokuhlola; ukulungiselela ukuthunyelwa kweenkonzo zokhuseleko; ukubonelela ngezaziso zokubekwa ngaphandle kwababukeli; ukubonelela ngezaziso zothintelo; ukulungiselela ukusekwa kweBhodi yeziBheno ukuze babhene; ukubonelela nge-inshurensi yamatyala kawonke-wonke kwimicimbi; ukubonelela ngentlawulo yemirhumo; ukulungiselela iziphoso kunye nezohlwayo.
UMthetho weMveli noBunkokheli bama- Khoi-San, wama- 2019	UMthetho wesi- 3 wama-2019	UMthetho ubonelela: 1. Ngokwamkelwa koluntu lweMveli nolwamaKhoi-San,izikhundla zobunkokeli kunye nokurhoxiswa kwengqwalasela enjalo; 2. ngemisebenzi kunye nendima yeenkokheli zemveli kunye nama Khoi-San; 3. ngokwamkelwa, ukusekwa, imisebenzi, iindima kunye nolawulo lwamabhunga olalwamano okanye ubukumkanikazi, amabhunga olawulo emveli, amabhunga emveli, amabhunga ama Khoi-San kunye namacandelo amabhunga emveli, kwakunye nenkxaso kumabhunga anjalo; 4. ngokusekwa, ukuqulunqwa kunye nokusebenza kweNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli kunye nama Khoi-San; 5. ngokusekwa kwezindlu zamaphondo zeenkokheli zeMveli kunye nezamaKhoi-San; 6. ngokusekwa nokuqulunqwa kwezindlu zeenkokheli zeMveli kunye nezamaKhoi-San; 7. ngokusekwa nokusebenza yeKhomishini yeMicimbi yamaKhoi-San; 8. umgaqo wokuziphatha wamalungu eNdlu kaZwelonke, izindlu zamaphondo, izindlu zengingqi nawo onke amabhunga eMveli kunye namaKhoi-San; kunye 9. namagunya olawulo oMphathiswa naweNkulumbuso.
UMthetho weSiko loLwaluko, 2021	UMthetho 2 wama-2021	UMthetho weSiko loLwaluko wesi-2 wama-2021 uxhibe: 1. ukunikezela ngolawulo olufanelekileyo lwemisebenzi yesiko lolwaluko; 2. ukunikezela ngokusekwa kweKomiti yeSizwe yokoNgamela uLwaluko kunye neeKomiti

UMthetho weSizwe	Khangela	Inkcazelo
		zePhondo zoLungelelwaniso loLwaluko kunye nemisebenzi; 3. ukunikezela ngoxanduva, iindima nemisebenzi yabathabathi nxaxheba abaninzi ababandakanyekayo kwimisebenzi yolwaluko okanye kwimiba yolawulo ngoko; 4. ukunikezela ngolawulo olufanelekileyo lwezikolo zolwaluko; 5. ukunikezela ngamagunya olawulo oMphathiswa kunye neNkulumbuso; 6. ukunikezela ngokubekwa kweliso kokumiliselwa kwalo Mthetho; 7. ukunikezela ngokungaqhelekanga kwephondo; 8. ukunikezela kwimiba enxulumene noko.

UMthetho wePhondo	Khangela	Inkcazelo
UMthetho weeLwimi zaseNtshona Koloni, we-1998	uMthetho we-13 we-1998 (iNtshona Koloni)	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni esekwe ngulo Mthetho kufuneka, phakathi kwezinye izinto: • ibeke iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; • yenze izindululo kuMEC nakwiPalamente yePhondo malunga nomthetho ocetywayo okanye okhoyo, inkqubo kunye nomgaqo-nkqubo ojongana ngqo okanye ngokungathanga ngqo nolwimi eNtshonaKoloni; • ikhuthaze ngokusebenzayo umthetho-siseko wokusetyenziswa kweelimi ezininzi; • ikhuthaze ngokusebenzayo uphuhliso lweelwimi zemveli ebezifudula zingaselwe so ngaphambilini; • icebise uMEC neKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kwimicimbi yolwimi kwiPhondo; kunye • nokucebisa iPanSALB kwimicimbi yolwimi eNtshona Koloni. I-DCAS yongamele iWCCC kwaye ibonelela le iKhomishini ngenkxaso kulawulo nakwimali.
UMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunyenamaBhunga eNkcubeko, we-1998	uMthetho we-14we-1998 (iNtshona Koloni)	Lo mthetho umisela iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, phakathi kwezinye izinto, ukuqwalasela ubhaliso kunye nokubhaliswa ngokutsha kwamabhunga enkcubeko amele uluntu olwabelana ngenkcubeko kunye nelifa lemveli. I-WCCC inokwenza nezindululo koku kulandelayo: • ubugcisa bokubonwayo, obokwenza kunye noboncwadi; • ubunzululwazi bendalo nobobuntu; • imbali yenkcubeko; • ulwazi ngenkcubeko nokubandakanyeka kolutsha kwinkcubeko I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKhomishini ngenkxaso kwezolawulo nezemali.
IMimiselo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli	iPN yama-336 omhla wama-25	I-DCAS yongamela iLifa leMveli eNtshona Kapa - igunya lezibonelelo ezililifa lemveli lephondo elonyulwe ngokuhambelana neNHRA - kwaye libonelela iHWC

UMthetho wePhondo	Khangela	Inkcazelo
leNtshona Koloni, yama-2002	ku-Oktobha wama-2002	ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela abasemagunyeni kunye nokuqesha iBhunga kwisikhundla ngasinye esilandelayo se-ofisi.
IMimiselo yoLawulo lweZibonelelo zeLifaleMveli leNtshonaKoloni, yama-2003	iPN yama-298 omhla wama-29 ku-Oktobha wama-2003	I-DCAS yongamela iLifa leMveli eNtshona Kapa - igunya lezibonelelo ezililifa lemveli lephondo elonyulwe ngokuhambelana neNHRA - kwaye libonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela abasemagunyeni kunye nokuqesha iKhansile kwisikhundla ngasinye esilandelayo se-ofisi
UMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Koloni, wama-2005	uMthetho wesi-3 wama-2005 (iNtshona Koloni)	Lo Mthetho umisela iNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Koloni ukuze kugcinwe iirekhodi zikarhulumente kunye nezizezoluntu ezingezizo ezoluntu zokugcina ixabiso lokusetyenziswa luluntu kunye noRhulumente; ukwenza ezo rekhodi zinjalo zifikeleleke; kunye nokukhuthaza ukusetyenziswa kwazo luluntu.
IMimiselo yamaZiko oLondolozo lweMbali, we-1975	UMmiselo wesi-8 we-1975 (iNtshona Koloni)	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemigqaliselo yalo Mmiselo ngokokuchaphazela amaziko olondolozo lwembali zephondo eNtshona Koloni. Umthetho omtsha wamaziko olondolozo lwembali wephondo uyilwa ngokubonisana nabachaphazelekayo.
IMimiselo we-Oude Kerk Volksmuseum Van't Land van Waveren (Tulbagh), we-1979	uMmiselo we-11 lowe-1979 (kwiPhondo laseKoloni)	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemigqaliselo yalo Mmiselo ngokokuchaphazela iimyuziyam zephondo eNtshona Koloni. Umthetho omtsha weemyuziyam wephondo uyilwa ngokubonisana nabachaphazelekayo.
UMthetho weNtshona Koloni oLungisiweyo woMmiselo weeMyuziyam	UMmiselo 2 wama-2021	IDCAS inoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ngophathelele nokuchaphazela kwayo iimyuziyam ezimanyaneyo zephondo, ezincedwa liphondo kunye nezengingqi eNtshona Koloni.
IMimselo weNkonzo yeThala leeNcwadi lePhondo, we-1981	Ummiselo we-16we-1981 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokwenza kunye nokuthobela izibonelelo zalo mthetho malunga namathala eencwadi eNtshona Koloni.

7.3. IZigunyaziso zoMgaqo-nkqubo

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Imigaqo-nkqubo yeSizwe	
IPhepha leNgcaciso eliHlaziyiweyo leSizwe loBugcisa, leNkcubeko neleLifa leMveli (1996)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo wesizwe nephondo ngeenkonzo zobugcisa, zenkcubeko, zelifa lemveli, zethala leencwadi nezoovimba.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weSizwe woLwimi (2003)	Olu xwebhu lubonelela ngesicwangciso-ngenkqubo sesizwe sokusetyenziswa kwamalungiselelo oMgaqo-siseko kunye nemiyalelo yowiso-mthetho kuwo onke amacandelo karhulumente, kubandakanya iDCAS. Ikwabeka imithetho-siseko nezicwangciso zophunyezo ema lulandelwe.
UMgaqo-nkqubo weSizwe woLawulo lweeRekhodi (iNcwadanayoMgaqo-	Olu xwebhu lulawula imida ethile apho amabhunga orhulumente kufuneka asebenze ngokubhekisele kulawulo lweerekhodi zawo kunye nendlela iDCAS ekufuneka ilubeke esweni ngalo ulawulo lweerekhodi zemibutho yaseburhulumenteni eNtshona Koloni.

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
nkqubo yoLawulo lweeRekhodi, wama-2007)	
Ukulawula iiRekhodi zezixhobo zombane kumaNqanaba kaRhulumente: uMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neeMfuno (wama-2006)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo kumanqanaba karhulumente ukubanceda ukuba bahambisane neemfuno zomthetho ngokubhekisele kwiirekhodi zezixhobo zombane njengenxalenye ebalulekileyo yolawulo lwezixhobo. I-DCAS kufuneka ihambelane nemigangatho emiselweyo yesizwe kunye neyehlabathi jikelele ngokubhekisele kwizixhobo zekhompyutha, ezesoftware kunye nogcino lweendaba ukuze zigcinwe kuvimba.
IsiBhengezo seSizwe seMidlalo noLonwabo se-Indaba (sama-2011)	Oku kufuna ukuba iDCAS ilungelelanise iinjongo zayo eziphambili nesicwangciso sesibhengezo esibonisa umbono wezemidlalo nolonwabo kude kube ngowama-2020
IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (sama-2012)	IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (iNSRP) simisela umbono wezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika kude kube ngowama- 2020.
IPhepha leNgcaciso yomgaqo-nkqubo leSizwe kwiMidlalo noLonwabo (lama-2012)	Lo mgaqo-nkqubo uqaqambisa oku kufunekayo kulandelayo: 1. ukunyusa izinga lothatho nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo; 2. ukuphakamisa iprofayile yezemidlalo phambi kwezinto eziphambili eziphikisayo 3. ukwandisa amathuba okuphumelela kwiminyhadala; kwaye 4. kubeka ezemidlalo kwindawo ephambili kwiinzame zokunciphisa ulwaphulo-mthetho. Uxanduva olupheleleyo lwezemidlalo nolonwabo luhlala kwi-SRSA
IsiCwangciso-nkqubo- soMgaqo-nkqubo weNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBek'esweni kunye noVavanyo (sama-2007)	Injongo yeNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBek'esweni kunye noVavanyo (iGWM & E) kukubanegalelo kulawulo oluphuculweyo kunye nokonyusa ukusebenza kwemibutho yecandelo likarhulumente kunye namaziko. Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo somgaqo-nkqubo obanzi wokubekwa kweliso novavanyo (iM&E) eMzantsi Afrika. Ikhuthaza ulawulo olusekwe kwiziphumo
IPhepha loGayo-zimvo kuLawulo loMsebenzi wokuBeka esweni nokuVavanya (lama-2009)	Olu xwebhu lujolise ekwenzeni amagosa aseburhulumente kunye negunya elilawulayo ukuba bajolise ekufezekiseni iziphumo kunye neendlela zokuphumeza okuqulathwe kwisiCwangciso-nkqubo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka (iMTSF). Yenzelwe ukukhuthaza ukusebenza kakuhle kwesebe kunye nokusebenza komntu wonke kuwo onke amanqanaba.
Izikhokelo zamaSebe ePhondo naweSizwe kuLungiselelo lwesiCwangciso-nkquboseM&E	Ezi zikhokelo zibonelela ngokuphuhliswa kwesicwangciso-nkqubo sokubeka esweni kunye nokuvavanya kuwo onke amaziko kaRhulumente ukuze amaziko akwazi ukuhlola inkqubela phambili ngokubhekisele kwiinjongo zawo ezichaziweyo athathe amanyathelo okulungisa apho kufanelekileyo. Le nkqubo ifuna amasebe abe nokuqonda okubanzi kwazo zonke iinkqubo zedatha yolawulo, iidatha zolawulo kunye nezalathisi zomsebenzi. Izalathisi kufuneka zinxityelelaniswe nemigaqo-nkqubo ethile efanelekileyo kwaye nohlalutyo lweeseti zezalathisi kufuneka lwenzelwe ukujonga ukuba ngaba bukhona na ubudlelwane obusebenzayo kunye nesiphumo.
Izikhokelo zeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu (i-EPWP)	Izikhokelo zeziCwangciso zoShishino ze-EPWP zeCandelo loLuntu (ezeMidlalo noLonwabo) kunye neCandelo leNdalo neNkcubeko (iMicimbi yeNkcubeko) zibonelela ngesakhelo ukuba iDCAS isebenzise inkxaso-mali yecandelo loluntu ukunciphisa nokudambisa intswela ngqesho.
Imigaqo-nkqubo yePhondo	
UMgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Kaoloni (iPN yama-369, ngomhla wama-27	I-DCAS nawo onke amanye amasebe ephondo kunyanzelekile ukuba baphumeze amalungiselelo oMgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Koloni noMthetho woLwimi lwePhondo eNtshona Koloni, uMthetho we-13 wama-1998. Ngaphezulu, iSebe linikwe umsebenzi ngokunikezela ngeenkonzo

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
kuNovemba wama-2001)	zenkxaso ngolwimi kuRhulumente weNtshona Koloni ngokusebenzisa iyunithi yakhe yecandelo lolwimi olusembindini.
UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali kubuGcisa neNkcubeko (Ulungiswe ngowama-2009)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yenkcubeko
Izikhokelo zeNkxaso-mali yeMidlalo noLonwabo (2012)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yezemidlalo
Umgaqo-nkqubo wokuThiywa nokuThiywa ngokutsha kwaMagama oBume beeNdawo (wama-2015)	Lo mgaqo-nkqubo ubeka indlela yokwenza ekufuneka iqwalaselwe kunye neenkqubo eziza kulandelwa yiDCAS kunye neKomiti yamaGama eeNdawo yeNtshona Kapa xa kusenziwa kwaye kunxityelelwano nabachaphazelekayo kunye noluntu malunga nokubekwa emgangathweni kokuthiywa ngokutsha kwagama, ukuguqula amagama, okanye utshintsho lwagama akhoyo endawo. La maqumrhu enza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika kunye noMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko kwisizwe
Inkqubo yokuBeka esweni noVavanyo kwiPhondo ngokubanzi	Le seti yamaxwebhu isebenza njengempendulo yephondo kwiNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBek'esweni noVavanyo. Injongo kukuphucula ulawulo kunye nokunikwa kwengxelo yolawulo lwephondo ngokunika inkxaso: ukuphucula kokwenziwa kwezigqibo ezisekelwe kubungqina; ukuphuculwa komgaqo-nkqubo; ulwabiwo lwezixhobo olusebenzayo
UMgaqo-nkqubo wamaZiko oLondolozo lweMbali weNtshona Koloni (wama-2013)	Lo mgaqo-nkqubo unikezela ngesiseko esilungiselelwe umntu ngamnye kunye noluntu wokokuba useke yaye ugcine iimyuziyam eNtshona Koloni. Ucebisa ngokunjalo ngesicwngciso-nkqubo esilungiselelwe umthetho ocetywayo omtsha wamaziko olondolozo lwembali yephondo ube sendaweni uMthetho ophelelwe lixesha wamaZiko oLondolozo lweMbali [iPhondo laseKapa], 1975.
UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi kumanqanaba oburhulumente baseNtshona Koloni (wama-2017)	Injongo yomgaqo-nkqubo kukunikezela ngesikhokhelo kumaqumrhu karhulumente ePhondo leNtshona Koloni ngolawulo lweerekhodi zolawulo olulungileyo, ukuthatyathwa koxanduva ngokunjalo nengqiqo yeshishini nentlalo.
UMgaqo-nkqubo wokuguqulelwa kwiDijithali kwamaqumrhu karhulumente weNtshona Koloni (2017)	Injongo yomgaqo-nkqubo okungundoqo kukunikezela ngesikhokhelo esiphathelelene nokuguqulelwa kweerekhodi kwidijithali njengenxalenye yolawulo lweqhinga lweerekhodi;
IsiCwangciso-nkqubo soMzantsi Afrika soLwimi lweMinwe (SASL) esilungiselelwe uRhulumente weNtshona Koloni.	Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kolwimi okufikelelekayo yaye okumilisela ukunyamezelana kwentlalo kulungiselelwa abantu abasebenzisa ulwimi lweminwe.

Amaqhinga	Inkcazelo
Amaqhinga esizwe	
UMnikelo oneMiqathango: INkqubo yokuBuyiselwa kwamaThala eeNcwadi yokuphucula kulungiselelwa ukwandiswa kweenkonzo zethala leencwadi loluntu	I-DCAS inoxanduva lokuphunyezwa ngempumelelo nolawulo lwale projekthi yoMnikelo oneMiqathango eNtshona Koloni.
IMiqathango neMigqalisela: yeQela loMsebenzi lePhondo eliHlangeneyo leMidlao yeSikolo (2012)	I-DCAS inikwe umsebenzi yiDSAC ebekubhekiselelwa kuyo ngaphambili njengeSRSA kunye neSebe leMfundo esiSiseko lyeSizwe(DBE) ngokuseka IQela eliDibeneyo leMidlalo yeZikolo ukuze lilawule, lilungelelanise kwaye liphumeze iqhinga lemidlalo yezikolo, kunye nokuqinisekisa ukuthatyathwa kwenxaxheba kwezemidlalo ezikolweni.
Izikhokhelo zokusekwa kweeKomiti zeKhowudi ukuXhasa iMidlalo yeSikolo (2013)	IDSAC kunye neSebe lesizwe lezeMfundo yeSiseko inikezela ngezikhokhelo ezicacileyo ukulungiselela ukusekwa kweekomiti ezingqamene ngqo neekhowudi zemidlalo yezikolo kwinqanaba lesekethe, lesithili, nakwiphondo. IDCAS ixhasa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) ukuququzelela imisebebenzi enxulumene nemidlalo kwiikhowudi ezahlukeneyo, sijolise kwinqanaba elilandelayo lokuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba lephondo, lesizwe nakwelehlabathi. IWCED ngoko inoxanduva lwamacandelo eMidlalo yeZikolo, njengoko ebandakanya ootitshala. IDCAS, njengeseba lephondo leMidlalo, uBugcisa neNkcubeko, inesigunyaziso sokusebenza namacandelo emibutho emanyeneyo. Amacandelo olungelelwaniso lweMidlalo yeSikolo athe ngqo kwikhowudi, ngoko, akanakuzisebenzela nje ngokwawo. Adingeka okokuba alungelelaniswe, yaye anike ingxelo yaye athwale uxanduva lwemibutho emanyeneyo yemidlalo yekhowudi ethe ngqo. Ukusekwa, ngokunjalo nokuqulunqwa kwamacandelo eMidlalo yeSikolo ngokwakaloku nje kuphantsi kohlaziyo.
Amaqhinga ePhondo	
IZithethe neMigangatho zamaThala eeNcwadi eNtshona Koloni	Izithethe nemigangatho zibalulekile ekuqinisekiseni ukubonelelwa kunye nophuhliso oluzinzileyo lweenkonzo zamathala eencwadi oluntu ukunika isiphumo kuyilo loMthetho oYilwayo weThala leeNcwadi zoLuntu loMzantsi Afrika kunye neNkcukacha zoTshintsho lweThala leeNcwadi noMqulu woGuqulo lweeNkonzo zeeNkcukacha wama-2014. Esi sicwangciso sijongana nemiqathango nemigangatho yemisebenzi yethala leencwadi, abasebenzi, amaziko, ukufikelela kwi-intanethi, uqokelelo kwithala leencwadi kunye neeyure zamathala eencwadi zoluntu kumathala eencwadi eNtshona Koloni.
Isikhokelo seMidlalo yeSikolo (sama-2013)	Olu xwebhu lweDCAS lunikezela ngesikhokhelo kwabachaphazelekayo ukulungiselela ukuhambelana namaxwebhu awahlukeneyo omgaqo-nkqubo wemidlalo yesikolo kunye nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Kukho ngokunjalo iMemorandam yeNgqiqo (MOU) esayinwe yiDSAC/SRSA kunye neDBE ngomhla wama-30 kuCanzibe 2018. Le MOU ichaza ngokucacileyo iindima noxanduva lweDSAC/SRSA kunye neDBE, kunye namasebe awahlukeneyo ephondo.
IQhinga loPhuhliso loLutsha eNtshona Koloni sama-2013	IIQhinga loPhuculo loLutsha eNtshona Koloni lijolise ekuboneleleni ngenkxaso ethe kratya, amathuba kunye neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukuba bazibandakanye bhetele nendawo zabo ukuze babe ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Injongo yesicwangciso kukuba ulutsha eNtshona Koloni luphefumlelwe, lufundiswe, lubenoxanduva, luzimele kwaye lube nabantu abasempilweni ukuba babenobuntu obuneziphumo ezihle, usapho kunye nobudlelwane ngokwasentlalweni kwiminyaka engama-25.

Amaqhinga	Inkcazelo
IQhinga loPhuhliso loHlobo loLuncwadi (2008)	Olu xwebhu lunikezela ngesicwangciso-nkqubo kulungiselelwa uphuhliso, ukukhuthaza nokulondoloza iintlobo zobugcisa eNtshona Koloni.
IsiCwangciso-nkqubo sonyaka sematshi yomgaqo nokhuphiswano (2012/13)	Sinikezela ngezikhokhelo kwimiba kunye nepesenti emabelwe imatshi yomgaqo nokhuphiswano lweMinstrels kunye neeKwayara zeKrismesi neyaMalay.
IsiCwangciso-nkqubo soLwaluko seNtshona Koloni	Esi sicwangciso-nkqubo sinikezela ngesikhokhelo semisebenzi yolwaluko kwimibutho yengingqi yenkcubeko, oomasipala kunye nabanye oogunyaziwe.
IsiCwangciso-nkqubo seNtshona Koloni seMbali yoMlomo	Esi sicwangciso-nkqubo sinikezela ngezikhokhelo eziphantsi kunye nemigangatho yenqobo zesiseko ekufuneka zilandelwe xa kuqhutywa udliwano-ndlebe lwebali yomlomo kubasebenzi bakaDCAS kunye namaZiko amanyeneyo asebenza kule mimandla.

8. Isimo sombutho

Isimo sombutho weSebe (njengoko bunjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022) siboniswe kwiphepha elilandelayo. IHOD entsha yaqeshwa ukususela kumhla woku-1 kweyeThupha 2021.

URhulumente weNtshona Koloni

Ubume beSebe



9. Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa

Itheyibhile engezantsi ibonisa amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa:

AmaQumrhu kaRhulumente:

Igama leQumrhu	IGunya lowiso-Mthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni	UMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, we-1998 (uMthetho we-14 we-1998)	I-DCAS yeyona iphambili ekuxhaseni ngemali iWCCC. Yenza udluliso lwentlawulo kwiKhomishini ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo.	I-WCCC inoxanduva ngokusemthethweni lokubhaliswa kunye nokurhoxiswa kwamabhunga enkcubeko. Ikwanoxanduva lokongamela ukuphathwa kwamaziko enkcubeko asixhenxe athe abekwa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo phantsi kolawulo lwayo.
IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni	UMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998 (uMthetho we-13 we-1998)	I-DCAS ngumxhasi ngemali ophambili weWCLC. Yenza udluliselo lwentlawulo kwiKomiti ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo.	I-WCLC inoxanduva: lokubeka iliso kusetyenziso lwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; ukwenza izindululo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo nakwiPalamente yePhondo; ukukhuthaza ngokusebenzayo ukuthethwa kweelwimi ezininzi; ukukhuthaza ngokusebenzayo uphuhliso lweelwimi zomthonyama ezazifudula zisingelwe phantsi; kunye nokucebisa uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye nePanSALB ngemicimbi yeelwimi eNtshona Koloni.
Ilifa leMveli laseNtshona Koloni	UMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, we-1999 (uMthetho wama-25 we-1999)	I-DCAS yeyona iphambili ekunikeni inkxaso-mali kwiHWC. Yenza udluliso lwentlawulo kwi-HWC ukunika inkxaso-mali kwimisebenzi yayo.	I-HWC ligunya lezibonelelo zelifa lemveli lephondo eNtshona Koloni elinoxanduva lokuchonga, ukukhusela, ukukhuthaza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli ngokwemigaqo yoMthetho weSizwe weLifa leMveli, we-1999.

IiMyuziyam zePhondo eziBhengeziwe:

Igama leQumrhu	Isigunyaziso soMthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
Iziko loLondolozo lweMbali iBartolomeu Dias, Mossel Bay	UMmiselo weZiko loLondolozo lweMbali, 1975 (UMmiselo 8 we-1975) kunye	ISebe lixhasa ngemali imisebenzi yalamaziko olondolozo	Njengamaziko olondolozo lwembali ephondo ezibhengeziweyo, ezi amaziko olondolozo lwembali anoxanduva
IMyuziyam yeCape Medical Museum, eKapa			

IMyuziyam yaseCape Town	neeMyuziyam zeNtshona Koloni UMthetho oLungisiweyo woMmiselo, 2021 (uMmiselo oLungisiweyo wesi-2 wama-2021)	lwembali njengenxlenye yokusekwa kwazo.	lomthetho lokulawula, lokulondoloza, lophando, lokufundisa nokukhuthaza uqokelela kwazo ngokuhambelana nemixholo yazo evunyiweyo yamaziko olondolozo lwembali nganye kunye neenjongo zeqhinga leDCAS.
IMyuziyam yaseGeorge			
IMyuziyam yaseWorcester			

Amaziko olondolozo lwembali abhengeziweyo ezincedwa liPhondo:

Igama leQumrhu	Isigunyaziso soMthetho	UbudleIwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IZiki loLondolozo lweMbali laseBeaufort West	UMmiselo weMyuziyam, 1975 (UMmiselo 8 we-1975) kunye neeMyuziyam zeNtshona Koloni UMthetho oLungisiweyo woMmiselo, 2021 (uMmiselo oLungisiweyo wesi-2 wama-2021)	I-DCAS yeyona iphambili ekunikeni inkxaso-mali yoninzi lweemyuziya ezincedwa liPhondo. IDCAS inikezela ngenkxaso-mali ukulungiselela ulolongo kwiziko lolondolozonokuni kezela ngabasebenzi ababekiweyo ngokuhambelana noluhlu oluvunyiweyo lwabasebenzi lweDCAS, ngaphandle kweZiko loLondolozo lweMbali iCongo Caves.	Njengeemyuziyam zephondo ezibhengeziweyo, ezi myuziyam zinoxanduva lomthetho lokulawula, lokulondoloza, lophando, lokufundisa nokukhuthaza uqokelela kwazo ngokuhambelana nemixholo yazo evunyiweyo yeziko lolondolozo lwembali nganye kunye neenjongo zeqhinga leDCAS.
IZiko loLondolozo lweMbali yaseCaledon			
IZiko loLondolozo lweMbali iCP Nel , laseOudtshoorn			
IZiko loLondolozo lweMbali iDrostdy , laseSwellendam			
IZiko loLondolozo lweMbali laseGenadendal Mission			
Hout Bay Museum, Cape Town			
IZiko loLondolozo lweMbali laseHuguenot Memorial, eFranschhoek			
ICango Caves, eOudtshoorn			
IZiko loLondolozo lweMbali iWheat Industry , eMoorreesburg			
IZiko loLondolozo lweMbali iLwandle Migrant Labour , eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali laseMontagu			
IZiko loLondolozo lweMbali iOld Harbour , eHermanus			
IZiko loLondolozo lweMbali iOude Kerk Volksmuseum, eTulbagh			
IZiko loLondolozo lweMbali lasePaarl			
IZiko loLondolozo lweMbali iSA Sendinggestig , eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali laseSimon's Town, eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali iShipwreck , eBredasdorp			
IZiko loLondolozo lweMbali laseStellenbosch			
IZiko loLondolozo lweMbali iTogryers , eCeres			
IZiko loLondolozo lweMbali laseWellington			

Amaziko olondolozo lwembali engingqi ezibhengeziweyo:

Igama leQumrhu	Isigunyaziso soMthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IZiko loLondolozo lweMbali iBlombos yeNzululwazi yezinto zakudala	UMmiselo weMyuziyam, 1975 (UMmiselo 8 we-1975) kunye namaZiko oLondolozo lweMbali eNtshona Koloni UMthetho oLungisiweyo woMmiselo, 2021 (uMmiselo oLungisiweyo wesi-2 wama-2021)	I-DCAS yeyona iphambili ekunikeni inkxaso-mali kumaziko olondolozo lwembali engingqi. Yenza iintlawulo ezikhutshelweyo ezingumnikelo woncedo ezilungiselelwe ulolongo lweziko lolondolozo lwembali lengingqi.	Njengamaziko olondolozo lwembaliephondo abhengeziweyo, laa maziko olondolozo lwembali zinoxanduva lomthetho lokulawula, lokulondoloza, lophando, lokufundisa nokukhuthaza uqokelela kwazo ngokuhambelana nemixholo yazo evunyiweyo yemyuziyam nganye kunye neenjongo zeqhinga leDCAS.
IZiko loLondolozo lweMbali laseElands Bay			
IZiko loLondolozo lweMbali iFransie Pienaar , lasePrince Albert			
IZiko loLondolozo lweMbali iGreat Brak River			
IZiko loLondolozo lweMbali iJan Danckaert , lasePorterville			
IZiko loLondolozo iRobertson			
IZiko loLondolozo lweMbaliSA Fisheries , iLaaiplek			

Ikomiti yengcebiso yeSebe

Igama leQumrhu	Isigunyaziso soMthetho	Ubudlelwane bezeMali	Uhlobo lweMisebenzi
IKomiti yePhondo leNtshona Koloni yaMagama eeNdawo	UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo oMzantsi Afrika, 1998 (uMthetho 118 we-1998)	IDCAS ngumxhasi ngemali ophambili weKomiti. Uhlahlo lwabiwo-mali lwayo luyinxalenye yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweSebe,	IKomiti icebisa uMphathiswa ngemicimbi enxulumene nokuguqulwa kwegama lendawo ngokwemiqathango yoMthetho waMagama eeNdawo woMzantsi Afrika.

ICandelo B

INGCACISO YOKUSEBENZA

1. Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele: Iinjongo eziMiselwe kwangaphambili

I-AGSA okwangoku yenza iinkqubo ezithile zophicotho kwingcaciso yomsebenzI ukubonelela ngesiqinisekiso esifanelekileyo ngohlobo lokuqukunjelwa kophicotho. Isiphelo sophicotho lokusebenza esithelekiswa neenjongo ezimiselwe ngaphambili sibandakanyiwe kwingxelo eya kubaphathi, yaye ingxelo yoMphicothi Jikelele, kunye nokufunyenweyo ekunikwe ingxelo phantsi kwesihloko "kuFezekiso olucwangciswe kokujoliswe kuko" kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Khangela kwiphepha 224 leNgxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: INgcaciso yeMali yale Ngxelo yoNyaka wama-2021/22.

2. Uvavanyo ngokubanzi loMsebenzi weSebe

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sisixhobo esisetyenziselwa ukunceda ekwakhiweni kokubandakanyeka koluntu eNtshona Kapa. ISebe linoxanduva lokuhambisa ezi nkonzo zilandelayo:

INKONZO EPHAMBILI	INKCAZELO NGENKONZO
Iinkonzo zenkxaso zoLolawulo	1. Kukubonelela ngenkxaso yeqhinga kunye nolawulo lokusebenza kwiSebe. 2. Kukubonelela ngeenkonzo zolawulo lwemali nolawulo lwesixokelelwano sonikezelo kwiSebe. 3. Inkxaso yeqhinga yolawulo nolungelelwaniso lweenkqubo ze-EPWP kwiCandelo lezeNdalo neNkcubeko eDCAS.
UBugcisa neNkcubeko	4. Ukuququzelela uphuhliso, ulondolozo nenkuthazo yobugcisa nenkcubeko eNtshona Kapa ngokudalwa kwezakhelo zobugcisa nenkcubeko esebenzayo nenodlamko olusebenzayo, imisebenzi neemeko kunye nokunika inkxaso noncedo kwiKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (iWCCC) ukuphumeza igunya lowiso-mthetho layo.
AmaZiko oLondolozo lweMbali, uLawulo lweziXhobo zeLifa leMveli, neeNkonzo zemaGama eeNdawo	5. Ukukhuthaza, ukulondoloza nokuphuhlisa ilifa lemveli lethu ngokubonelela ngeenkonzo zembali kwiimyuziyam ehambelana nazo nokubonelela ngobuchule nangenye inkxaso kumanqanaba karhulumente eemyuziyam ehambelana nazo. 6. Ukukhuthaza, ukulondoloza nokulawula izixhobo zelifa lemveli laseNtshona Koloni nokuququzelela imicimbi enxulumene noko kwiNgqungquthela yeLifa leMveli yeLizwe eNtshona Koloni. 7. Ukuncedisa ngolawulo lwezixhobo zelifa lemveli ngokuphumeza umthetho ofanelekileyo. 8. Ukuququzelela iinkqubo zokubekwa emgangathweni okanye iinguqu, apho kuyimfuneko, kwamagama eendawo eNtshona Koloni. 9. Ukunika iingcebiso kumagunya asekuhlaleni nokusebenza nawo ekuqinisekiseni ukuba bayayisebenzisa imithetho-siseko ye-SAGNC kumagama aphantsi kolawulo lwabo lezobulungisa.
IiNkonzo zoLwimi	10. Ukukhuthaza nokuphuhlisa usetyenziso lweelwimi ezininzi eNtshona Koloni;

INKONZO EPHAMBILI	INKCAZELO NGENKONZO
	11. Ukuphuhlisa ngokusebenzayo iilwimi ebezifudula zisingelwe phantsi eNtshona Koloni; 12. Ukuququzelela umiliselo nokubekwa kweliso loMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni kunye 13. Nokubonelela ngobuchule nangenkxaso yolawulo kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (iWCLC) ukumilisela igunya lowiso-mthetho layo.
INkonzo yeThala leeNcwadi	14. Ukubonelela ithala leencwadi neenkonzo zengcaciso nokukhuthaza inkcubeko nemfundo engakhulelwayo kubambiswano noomasipala.
IiNkonzo zooVimba	15. Ukubonelela ngofikelelo kwilifa lemveli elinguvimba nokukhuthaza ulawulo oluliqilima nokhathalelo lweerekhodi zoluntu.
IiNkonzo zeMidlalo	16. Ukubonelela iinkonzo ezikhethekileyo zemidlalo. 17. Ukubonelela ngenkxaso yomxhamli neyobunzululwazi.
Ulonwabo	18. Ukukhuthaza imisebenzi yezolonwabo.
IMidlalo yeSikolo	19. Ukukhuthaza imisebenzi ekhethekileyo yasemva kokuphuma kwesikolo namathuba othatho nxaxheba kwinqanaba elilandelayo.
INkqubo yeMOD	20. Ukukhuthaza uthatho nxaxheba ngobuninzi ngokubonelelwa 21. kwemisebenzi yeentlobo ntlobo yasemva kwesikolo.
INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo	22. Ulungiselelwaniso, ulwandiso nolwakhiwo lwamakhono kulungiselelwa imini eyandisiweyo okanye iinkqubo zesikolo i zasemva kokuphuma kwesikolo ezingahlawulelwayo okanye ezihlawulelwa umrhumo ophantsi kwiPhondo liphela nongokunqamlezileyo kuyo yonke iDCAS, iDSD, iWCED, iDoCS neDotP. INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo isebenza ngokunjalo neSixeko saseKapa neeNGO.

Unikezelo lweSebe lweenkonzo zalo ngesithuba sowama-2020/21 luxoxwa kwicandelo 2.1 ngasezantsi.

2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo

Ubhubhane weCovid-19 ube nomngeni kuthi kwafuneka sikhangele ngokutsha uyilo lwesiqhelo, imisebenzi kunye nezixhobo, waze wasinyanzela ukuba sicinge, sisebenze ze samkele itheknoloji ngendlela eyahlukileyo ukuqinisekisa ukomelela kubume bangaphandle obahlukeneyo obusoloko buguquka.

Ngethuba lonyaka ophantsi kovavanyo iSebe ladinga ukuba lihlenga-hlengise imisebenzi yalo ngenxa yokuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali ukulungiselela ukuxhasa ukusabela kwintlekele yempilo nolondolozoolunyanzelweyo olubangelwe yimbonakalo yoqoqosho engafunekiyo kunye neCovid-19 ethe yavela ngenxa yokukhula okucothayo koqoqosho, ukuhla kwexabiso lemali, izivumelwano zemivuzo eziphezulu kunoko bekulindelwe, nokungaqiniseki noqikelelo kubume boqoqosho. Ukunyina impembelelo kwiinkonzo nokukhusela unikezelo oluphambili lwenkonzo kwabo basesichengeni kakhulu, iSebe lisebenzise umthetho-siseko wexabiso lemalii nokusetyenziswa kwemali eyabelwe iSebe kangangoko kufanelekile yaye kusebenza ukuhlenga-hlengisa ushishino lwethu.

INKUNDLA EZIMELEYO YOMPHATHISWA

ICandelo 49(2) loMthetho weSizwe weLifa leMveli uMthetho 25 we-1999 (uMthetho) lixhobisa uMphathiswa ukuba atyumbe iNkundla eZimeleyo okokuba iqwalasele izibheno ezifakwe ngamalungu oluntu ezichasa izigqibo zeBhunga leHWC. INkundla yeZibheno eZimeleyo (iNkundla) idlala indima ebalulekileyo yomthetho ekuncedeni uMphathiswa ukuba azalisekise isigunyaziso sakhe ngokwemiqathango yoMthetho.

Ngaphandle kokumilisela ukuzithemba kukarhulumente kunye nethemba kwiinkqubo zokubhena, iiNkundla igweba amatyala antsokothileyo nanobuchule, athi adinge uthantamiso okokuba lufikelelwe phakathi kwamalungelo ophuhliso, ugcino lwelifa lemveli, ukuba semthethweni, kunye nobulungisa. Zonke izigwebo zeeNkundla zenza umsebenzi wolawulo.

UBUGCISA NENKCUBEKO

Ubugcisa bunesakhono sokubumba ngokutsha imibono yethu nokuguqula ubomi bethu, bakhe uhambelwano lwentlalo, nokusinika iimbali ulungiselela ukuhamba kwihlabathi lethu. Nangona kunjalo, ubume obukhoyo boqoqosho, buhlanganiswe nakukukhula kwebango leenkonzo, bubangele okokuba icandelo lobugcisa nenkcubeko lihlaziye amaqhinga alo ngendlela emakunikezelwe ngayo iinkonzo kuluntu. Kummandla apho ibango liludlula lee unikezelo, isidingo sokuhlanganisa iinkqubo nokusebenzisana kunye norhulumente wesizwe nomasipala kube yindlela ephambili yokufezekisa imiphumela eqikelelwayo. Ukwakhiwa kothelelwano olunentsingiselo kuba sembindini kwimpumelelo, ukwanda, kunye nokuzinziswa kweenkonzo ezinikezelwa liSebe.

ICovid-19 ikhuthaze ukusetyenziswa kwedijithali kwaze kwayilwa iindlela ezintsha zamava obugcisa nenkcubeko. Imisebenzi emininzi yobugcisa yasiwa kwi-intanethi, yaye icandelo lobugcisa libonise ingqikelelo nokomelela ngokugcina ababukeli bethabathekile yaye banelise ibango lokuqulathwe kwinkcubeko. Nangona kunjalo, uhlobo lwamacandelo nokuxhomekeka kwawo kuthatyatho-nxaxheba lwabantu kuthetha into yokokuba uninzi lwaow lwavalwa imilomo. Oku kube nokujoliswa kuwo ngokubanzi ngamathuba okuvalwa ngci kwayo yonke into xa uBugcisa bunikezela ngentuthuzelo edingwayo ngabantu, zingingqi zoluntu kunye noluntu ngokubanzi.

ISebe liyinike ingqwalasela into yokuba iguqu idinga amangenelo acamngciweyo nanenjongo adinga indlela ecwangcisiweyo yaye ngoko uMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali walungiswa ukulungiselela ukubandakanya inkxaso yemali kubantu nakwiinkampani. Ubugcisa bunempembelelo kwingqiqo yethu yabanye abantu nezinye iinkcubeko yaye busincede ukunxibelelana nabanye. Bubulumko ngoko okokuba iSebe lixhase uluhlu olwahlukeneyo lwemibutho nemisebenzi ethi iyile, ivelise, yandlale yaye ikhuthaze ubugcisa kuyo yonke imimandlayokusebenza nakwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo.

Inqanaba lovuselelo liyile amathuba okucamngca uyilo olutsha lwenguqu kuyo yonke imimandla yokuyilwa kwemisebenzi nendlela inkcubeko engaphakamisa ngayo ulwazi olumalunga nemiba entsonkothileyo enxulumene nenguqu yesimo sezulu nokunikela kubumbo ngokutsha loyilo lwedolophu. Le ndlela intsha yenze iSeba liqinise uthelelwano lwentsebenziswano kunye nemibutho yobugcisa noomasipala ukwandisa uphawu lwayo kwicandelo lobugcisa loluntu.

IZIKO LOLONDOLOZO LWEMBALI, ULAWULO LWEZIBONELELO ZELIFA LEMVELI KUNYE NEENKONZO ZAMAGAMA ENDAWO

Kwicandelo lenkcubeko, amaziko olondolozo lwembali, ilifa lemveli, kunye namagama eendawo lidlala indima ebalulekileyo ekwakheni ubandakanyo lwentlalo, ukukhuthaza ukhenketho lwenkcubeko, nokunikela kukukhula koqoqosho lwengingqi, le yokugqibela iyiyo ebonakalayo ngokuthambekele kwimpembelelo yeCovid-19 kuqoqosho lwelizwe nokukhokhelela kukuphela kwemisebenzi. Kweli candela iSebe liyaqhubeka lixhasa iiprojekti zeqhinga zelifa lemveli ezifana neResistance and Liberation Heritage Route, the Cradle of Human Culture Tourism Project kunye nophuhliso lwefayili yezehlo zonyulo zamaZiko amabini eLifa leMveli leHlabathi ukulungiselela umbhalo ocetywayo njengamaZiko eHlabathi eLifa leMveli e-UNESCO. Unyulo luqulathe unyulo lwe-Early Cape Farmsteads lweCape of Good Hope, kunye nonyulo lwe-Early Modern Humans: Pleistocene Occupation Sites of South Africa.

Ngaphezulu koko, iintshukumo ezithatyathiweyo ezingenakufaniswa nanto ukuthoba inqanaba lobhubhane iCovid-19 zibe nomphumela wokuvalwa ngci kwayo yonke into kwimyuziyam kunyaka-mali ongaphambili, ze kwakhokhelela kukuvalwa kweeMyuziyama isithuba esingaphezulu kweenyanga ezintathu ngowama-2021/22. ICovid-19 kunye nemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into ibe nomphumela kumanani okhenketho kunye namanani obuqu babatyeleli kwiimyuziyam athe abaphantsi kuye wonke unyaka-mali. Ngokunjalo, iimyuziyam zilahlekelwe sisixa-mali esikhulu sengeniso. Nangona kunjalo, iimyuziyam eNtshona Koloni zamelana nomngeni kangangoko zinakho ze zaqhubeka ngeenkqubo ngokusetyenziswa konxibelelwano ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha ukunikezela ngofikelelo kuluntu, olubekelwe ixesha elithile, imiboniso ye-intanethi kunye nemisitho. Ngaphezulu, iimyuziyam zimilisele imisitho eqhutywa kumaqonga awahlukeneyo onxibelelwano kunye neenkqubo zemfundo xa kuvumelekile ngesithuba samanqanaba awahlukeneyo okuvalwa ngci kwayo yonke into.

Imiboniso yekhompyutha kunye nemisitho iqinisekisa ngento yokokuba uluntu lusafikelela kwiimyuziyam ngethuba lamanqanaba athile okuvalwa ngci yaye yazibeka iimyuziyam kakuhle kulungiselelwa abatyeleli ngethuba elizayo lovuselelo lobhubhane. Nangona kunjalo, la malinge akakhange awathathele ingqalelo amathuba alahlekileyo kwingeniso evela kubantu abatyeleleiimyuziyam (imirhumo yokungene). Ukuqinisekisa ngento yokuba iimyuziyam eNtshona Koloni zinakho ukuhlala zivuliwe yaye zikufikelelwa luluntu, iSebe libonelele ngenkxaso-mali yoncedo yeCovid-19 kwamaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo ngowama-2021/2022 exabisa izigidi ezi-R3.1.

Kwicandelo ngokubanzi lelifa lemveli, iSebe liqhubile ukunceda iqumrhu lalo iHWC ngemali nenkxaso yezibonelelo zabasebenzi. Kunyaka-mali odlulileyo iHWC ifudukile kuyilo lwemisebenzi eyenziwa ngumntu ubuqu kunye nasemntwini yaya kuyilo lwemisebenzi eyenziwa nge-intanethi neqhutywa ngonxibelelwano lweqonga lobuxhaka-xhaka bekhompyutha njengoko kunyanzeliswa yiCovid-19. ISebe lijolise ekwandiseni isakhono seHWC ngenkxaso yabasebenzi abangezelelweyo ngowama-2021/2022 ukuqinisekisa ngento yokuba iqumrhu linekhono eliyimfuneko lokuqwalasela izicelo zelifa lemveli kwangethuba, okuya kudlala indima ebalulekileyo ingekukho kuphelaa kwicandelo lelifa lemvelo kodwa ngokunjalo kuphuhliso loqoqosho kunye nokhenketho. Iqumrhu liphuhlise ngaphezulu isicwangciso esitsha ukuphucula unikezelo lwenkonzo esiya kukhokela elijolise kuko kunye nomiliselo kwiminyaka emithathu elandelayo. ISebe liqhubile ngeeNkonzo zalo zaMagama eeNdawo kunyaka wonke wama-2021/2022. Iyunithi iqhubile ukuxhasa iKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni kuso sonke isithuba sokuvalwa ngci kwayo yonke into

ngeCovis-19 ngokusingatha iintlanganiso ezidingekayo ze-intanethi eziqinisekise ngento yokuba umsenebzi wayo uqhubela phambili ungaxakiswa nto.

IINKONZO ZEELWIMI

Okubalulekileyo kweelwimi kuMzantsi Afrika kubonakaliswe kwiCandelo 6 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996. Iilwimi, ngaphezu kwayo yonke into ngumjelo othi uhlanganise isizwe sethu njengoko sibuyekeza yaye sisakha ngokutsha kwimiphumela yobhubhane weCovid-19. Ulwimi yindlela yonxibelelwano, ethi ibonelele kwimpumelelo yemfundo. Oku ngokunjalo kunempembelelo kubandakanyo lwentlalo kunye nayo yonke imimandla ephambili yeqhinga yabo bonke oorhulumente nolwazi kubandakanyo lwentlalo kunye nayo yonke imimandla ephambili yeqhinga yayo yonke imimandla ephambili. Ngaphezulu, ulwiimi lwendelelise kulo iyantlukwano ekwiinkcubeko zethu kunye nolwazi lwengingqi zoluntu lwethu ezahlukeneyo, yaye ngoko kubalulekile ukunikezelwa kweenkcubeko kunye neenqobo ezisesikweni ezisuka kwisizukulwana zisiya kwesinye. Nangona ifakwe kuMgaqo-siseko njengelungelo labantu yaye ikhuselwe ngomthetho wesizwe nowephondo. Ibalulekile into yokuqhubeka kuphakanyiswa inqanaba lolwazi nokuqinisekisa ngomiliselo loMgaqo-nkqubo weeLwimi zeNtshona Koloni.

ISebe linikele koku kungasentla ngokubonelela ngeenkonzo zoguqulelo nezokutolika kuwo onke amasebe ephondo eNtshona Koloni, ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni zephondo, ngokunjalo noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika

I-United Nations General Assembly ibhengeze owama-2022 ukuya kowama-2032 njengeShumi leMinyaka yeHlabathi yeeLwimi zeMveli. Oku kube ngumkhombandlela weenzame zeprojekthi ezijolisile kobu bume. Kule nkqubo iSebe liqhubele ukuphakamisa inqanaba nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezo lwimi zemveli iwonga lazo nokusetyenziswa kungazange kusiwe phambili. Ukuza kuthi ga ngoku, iSebe lizama ukukhumbula nokuhlola iindela zokukhuthaza nokuzinzisa iilwimi zeSan, iKhoi neKaaps.

Ukusabela kwimiqathango engqongqo kunye nezibonelelo zemali ezinqongopheleyo, iSebe lijolise ekuqiniseni intsebenziswano kunye necandelo labachaphazelekayo namaziko afanelekileyo abelana ngezigunyaziso, ukunceda ngezibonelelo nobuchule kulungiselelwa impembelelo enkulu. IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika (Pan South African Language Board) ityumbe iKomiti yeeLwiimi yePhondo leNtshona Koloni (WCPLC) ngeyeThupha 2019 ngokwemiqathango yeCandelo 8 (8)(a) yoMthetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, uMthetho wama-59 we-1995. Oku kuyile ithuba leSebe, iWCPLC kunye nabanye abachaphazelekayo lentsebenziswano nokuhlanganiswa kwezibonelelo nobuchule ukuze kufumaneke impembelelo enkulu kumiliselo lokuphambili okungundoqo, ingakumbi kummandla apho ezinye iilwimi zemveli, ezifana neNama neKhoekhoegowab zijamelene nomngcipheko omkhulu kakhulu wokubhanga.

Ubume besigama solwimi buyazinza kancinane malunga nolwimi kwiPhondo. Kwiinjongo zoguqulelo nokutolika, imimandla emitsha iyavela aphhi imithetho ngokwakaloku nje ingekhoyo. Oku kuzise isidingi kwiSebe sokunxibelelana neenkqubo neenkqubo ukulungiselela ukuphuhlisa isigama esitsha esilungiselelwe amacandelo awahlukeneyo, umzekelo incwadi yomthetho woBuchule boMbutho wezaManqindi noKhuphiswano, ethe yaguqulela kwisiXhosa.

INKQUBO YOLWALUKO

IGazethi kaRhulumente weSizwe ekhutshwe ngomhla wama-28 kweyoMdumba 2021 ivumele okokuba ulwaluko luqhutywe, ngaphandle kokuba isiCwangciso soLungelelwaniso loMngcipheko siphuhlisiwe and samkelwa nguMphathiswa weSizwe woLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMvelo. IKhabhinethi yeNtshona Koloni yavumela ukuqhutyekekwa kweNkqubo yoLwaluko ukususela ngomhla woku-1 kweyeSilimela 2021 ngokuhambelana nesibhengezo sePrezidanti kaRhulumente.

Ngesithuba esiphantsi kovavanyo uMthetho omtsha weSiko loLwaluko, uMthetho 2 wama-2021 wavunywa nguMongameli kaRhulumente ngomhla wesi-4 kweyeSilimela 2021 waze wamiliselwa ukususela ngomhla woku-1 kweyoMsintsi 2021.

ISebe liqhubile ngothelelwano kunye namaziko aqinisekisiweyo oqeqesho agxile kwiSiko loLwaluko lwaMadoda kunye noqeqeshi loLawulo loThintelo loLwasuleleko lweCovid-19 (IPC). Inani elipheleleyo lamagcisa enkcubeko lothintelo ali-126 aqeqeshwa kwimiqathango yothintelo lweCovid-19 ukususela ngomhla we-13 ukuya kowama-27 kweyeDwarha 2021. Amagcisa enkcubeko axhotyiswa yaye ingqiqo yawo ekuthinteleni ukusasazeka kweCovid-19 yaphuculwa kakhulu. Phakathi kwezinye izinto ukusebenza kwawo kunye nekhono lokulolonga abakhwetha kwakhuthaza. Kubandakanywa omabini amaxesha olwaluko elasebusika nelasehlotyeni, kubakhwetha abali-1 780 akubanga kho kubhubha kuchazwayo.

Ngokuhambelana noMthetho weSiko loLwaluko, uMthetho 2 wama-2021, iCandelo 11(3) weKomiti yoLungelelwaniso loLwaluko wePhondo leNtshona Koloni (WCPICC) wagazethwa ngomhla wama-30 kweyeNkanga 2021.

INKONZO YAMATHALA EENCWADI

ISebe liqhubile ukunceda oomasipala ngokunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi likarhulumente. Ngethuba lexesha eliphantsi kovavanyo iSebe liqhubile ukuxhasa nokugcina iindawo zenkonzo yethala leencwadi ezingama-375, ngokongezelelwa kwethala leencwadi likarhulumente lomasipala waseKannaland. I-intanethi esimahla yanikezelwa kuluntu ngokusetyenziswa kweprojekti yoThungelwano lweThala leeNcwadi laseMaphandleni. Ngothelelwano kunye neSouth African Library for the Blind, ukuqaliswa kwamaThala amaNcinane kulungiselelwa aBantu abangaboniyo nabo bangaBoni kakuhle luqhubile kulo lonke iPhondo.

Ngoomasipala abahlukeneyo babhengezwe njengeendawo ezinobushushu, amanye amathala eencwadi karhulumente agqibe ukuba angaluvuleli uluntu isithuba esandisiweyo sexesha. Uninzi lwamathala eencwadi aguqulwe ngesi sithuba ngeenkqubo eziqhutywe ngonxibelelwano lobuxhakaxhaka bekhompyutha yaye zinikezela ngohlobo olwahlukeneyo olufumanekayo o.k.t., iinkonzo zecala lomqukumbelo wendlela, iiyure zebali kunye nemisebenzi eqhuywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha.

IINKONZO ZOOVIMBA

Inguqulelo kwitheknoloji yedijithali yindlela yehlabathi eqaphelekayo yokunikezela ngofikelelo kwimathiriyeli yoovimba kunye nolawulo lweerekhodi ze-elektroniki. ISebe lilawule ukuqaliswa kwesakhono loLawulo lokuQulathiweyo kweShishini (ECM) kumasebe eWCG okokuba amelane nale ndlela. Kunyaka ophantsi kovavanyo, ukuqaliswa okuhlangeneyo kwe-ECM

kwamiliselwa kwiSebe likaMasipala kunye neSebe loKhuselo loLuntu. Inkqubo iyaxhasa yaye uqeqesho oluqhubekayo luyanikezelwa kubasebenzi kwamanye amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni.

ISebe liqhubile ukuqokelela okurekhodiweyo kwembali yomlomo okuvela kumathala eencwadi kunye neemyuziyam kooVimba kulungiselelwa ulondolozo olusigxina. Iinkqubo zoLawulo lweeRekhodi ziqhubile ukumilisela nokwandisa kuwo onke amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni, AbaPhathiswa bePhondo boRhulumente weNtshona Koloni, oomasipala kunye namaqumrhu akhethiweyo karhulumente. Iindlela ezihlaziyiweyo zonikezelo lwenkonzo kubandakanywa noqeqesho lwe-intanethi zasetyenziswa ngesi sithuba ukufezekisa ekujoliswe kuko konyaka.

EZEMIDLALO NOLONWABO

URhulumente weNtshona Koloni kunye noDCAS bazibophelele kwisigunyaziso sesizwe sokwakha 'iSizwe esiSebenzayo nesiPhumelelayo'. IMidlalo noLonwabo inikezela ngamathuba kuluntu okokuba lusebenze ze luhlale lusempilweni yaye kwabo banrtalente kunye nesakhono sokuya kwinqanaba elilandelayo lokuba ngabaphathi nabagqwesayo.

Ulonwabo liqonga apho imidlalo, ubugcisa kunye nenkcubeko inganakho ukuphuhla ikhule, njengoko ikhuthaza izithethe kunye nefilosofi yokuphila ngokusempilweni, imisebenzi yobomi bonke, kunye nokufunda kobomi bonke. Ulonwabo luphaphamisa ngokunjalo abantu kwikhono, izakhono, kunye neetalente ezinokuthi zifunyanwe kuthi. Ngokuququzelela iiprojekti zolonwabo, iinkqubo, imisitho kunye nemisebenzi, injongo kukudala unxibelelwane phakathi kwabantu, uluntu, ulutsha, iintsapho kunye noluntu luphela.

Imidlalo yibhulorho ebalulekileyo yolungelelwaniso lwentlalo kuluntu lwethu kwiNtshona Koloni. Abahlali benza iiklabhu kunye nemibutho emanyanisiweyo ubeka esikweni imibutho emiselwe intlalontle kulungiselelwa ukhuphiswano ukwenzela ukuvumela ababukeli okokuba babone ulutsha kunye namalungu osapho ekhuphisana ze kamva babe ngabantu esijonge kubo kuluntu. Imidlalo izisa ukuvutha luthando yaye iyila amathuba kunye nethemba apho belingekho ngaphambili.

ULonwabo neMidlalo, ngendalo, lusebenza nemibutho yoluntu, kubandakanywa imibutho emanyeneyo yemidlalo yesithili, amabhunga amathandathu esithili emidlalo kunye neMibutho eManyeneyo yeMidlalo yeNtshona Koloni. ISebe lisebenza nale mibutho ukuququzelela ulonwabo, uphuhliso lwemidlalo kunye namalinge okukhuthazwa kwemidlalo. Oku kubandakanya kodwa kungaphelelanga kunikezelo lwezibonelelo zemidlalo, imisitho ephambili yemidlalo, ikxaso ukuphuhlisa imibutho emenyeneyo yemidlalo kunye neeklabhu zonke eziqinisekisa ngento yokuba isazulu solonwabo nemidlalo sixhaswe ngokupheleleyo ukunika amandla kuphuhliso oluqhubekayo lwemimandla aya kuthi abandakanye abadlali, iimbaleki, abaqeqeshi, amagosa obuchule, ingakumbi kwiikhowudi eziphambili zemidlalo ezili-16.

AMALINGE ENKQUBO YASEMVA KOKUPHUMA KWESIKOLO

Elinye lamaqonga asetyenziselwa ukunikezelwa kwemidlalo nolonwabo, ngokunjalo ubugcisa, inkcubeko, inkxaso yokufunda kunye nezakhono zobomi, sisithuba sasemva kokuphuma kwesikolo. I-DCAS, ngokuhambelana noRhulumente weNtshona Koloni, ikholelwa kwinto yokuba abantwana kunye nolutsha kufuneka baphuhliswe ngokupheleleyo, kuthathelwa ingqalelo iimfuno zabo zomzimba, zengqondo, zomphefumlo, zezimvo, kunye

nezengqiqo. Ngobume obubandakanya uxinzelelo olukhoyo lwentlalo, ikharityhulama ekhoyo yesikolo kunye nemingeni yokhuselo kuluntu, iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo zinikezela ngofikelelo kwiintlobo ezininzi zamathuba, ngokunjalo nezithuba ezikhuselekileyo nezilolongayo ukunceda ngemfundo epheleleyo, uphuhliso nokukhula kwabantwana nolutsha.

ISebe likhuthaza, lixhasa, yaye liphembelela uphuhliso lwecandelo lwasemva kokuphuma kwesikolo ze inikezele iinkqubo ezininzi kwisithuba sasemva kokuphuma kwesikolo, ezibandakanya iNkqubo yeMOD, neNkqubo yeSikolo soBumelwane kunye neYearBeyond. ISebe linikezela ngokunjalo ngenkxaso-mali kwiiNGO zobugcisa bokusebenza nabathathi-nxaxheba.

AmaZiko eMOD ali-181 eNkqubo yeMOD, anceda izikolo ezili-181 ngabaqeqeshi abanikezela abafundi ngoluhlu lolonwabo olwakhiweyo, imidlalo elungelelanisiweyo, imisebenzi yobugcisa nenkcubeko, nokuyila izithuba ezikhuselekileyo nezilolongayo kulungiselelwa abathathi-nxaxheba. La maZiko eMOD achonge ngokunjalo italente ethe ngokunjalo yakhokhelela kufikelelo lokuthabatha inxaxheba kukhuphiswanao lwenqanaba lezikolo ezininzi naphakathi kwezibini.

Le nkqubo yokuchongwa kwale talente ixhaswa ngaphezulu yiNkqubo yeSikolo soBumelwane yeMidlalo yeSikolo, enamaZiko eSikolo soBumelwane ali-134 athe anceda ngabaqeqeshi kwizikolo ezili-134. Le ndlela, nangona iyila izithuba ezikhuselekileyo nezilolongayo ezilungiselelwe abathathi-nxaxheba, ukuxhaswa kokuthatyathwa kwenxaxheba kwenqanaba elilandelayo yaye ijolise kuthatyatho-nxaxheba kumanqanaba eliphakathi kwesithili, phakathi kwamaphondo nakwawehlabathi, ngokunjalo nakumanqanaba ophuhliso lwetalente, olubhekiselele, yaye olunceda, unikezelo "lweSizwe esiGqwesayo". Ugxinininiso lukwimfundo ngokunjalo eqhubekayo, uphuhliso nokukhula kwezakhono namanqanaba etalente yabathathi-nxaxheba.

Kwinzame zayo zokunikezela ngezithuba ezikhuselekileyo nezilolongayo ukulungiselela imisebenzi yayo eyahlukeneyo kunye nabathathi nxaxheba basemva kokuphuma kwesikolo, ingakumbi abo babandakanyeka kwiNkqubo yeMOD kunye neNkqubo yeSikolo soBumelwane, iDCAS, ngeCandelo layo: uPhuhliso lweMidlalo, ngokusetyenziswa kothelelwano kunye neWCED, iqhubile ngokuphuhlisa izibonelelo ezisetyenziselwa izinto ezininzi, nekwabelwana ngazo, kwinani lezithili kulo lonke iphondo, ezizezi: eMetro South (iLavender Hill kunye neLentegeur), eCentral Karoo (eBeaufort West), kwiGarden Route (Thembalethu/George), eWest Coast (eMalmesbury) kunye neMetro East (eKuils River). Injongo yesibonelelo esisetyenziselwa izinto ezininzi, ilinge lophuhliso lweziko kukukhuthaza nokuxhasa indlela yeziko lolwabelwano. Le ndlela xa sithetha ngokubanzi kusetyenziso lweziko elifumaneka kuzo zonke izikolo kwiSithili esifanelekileyo, yaye ingakumbi ngokuthe ngqo, kwizikolo ezimalunga namashumi amabini kubumelwane obufanelekileyo. Amaziko, aziwa njengeNkcubeko, uBugcisa, uLonwabo, iMfundo neMidlalo iZakhiwo (zeCARES), zisetyenziselwa ngokunjalo rhoqo nangokuqhubekayo, umzekelo, iiklabhu ezisekwe esikolweni, kulungiselelwa uphuhliso lwetalente yenqanaba elilandelayo, imisebenzi yobunkunkqela nesekwe kwikhono lomsebenzi ethi iqhutywe esikolweni-, kubumelwane-, kwingingqi-, kwinqanaba leSithili, lePhondo kunye neleSizwe. Lisetyenziswa ngokunjalo ngamaZiko oLonwabo, amaZiko e-ECD, iMibutho esekwe kulutsha neMibutho yaBantu aBadala enxulunyaniswe kwiingingqi zesikolo esifanelekileyo. Lwakube uphuhliso lweziko lugqityiwe yiWCED, uxanduva, ngokunjalo neendima noxanduva olunxulumene kuphuhliso lwesibonelelo kunye nokuphathwa kweziko, ulawulo, ugcino, ukhuseleko, izibonelelo,

ulungelelwaniso, uzinzo, umisebenzi nenkxso ngoko, iluxanduva lweDCAS: uPhuhliso lweMidlalo. Ngaphezulu, iDCAS: uPhuhliso lweMidlalo inoxanduva ngokunjalo lolawulo, iinkqubo, imisebenzi, qathango yokuphatha kunye namaqhinga okumilisela anxulumene neZakhiwo zeCARES. Ekugqibeleni, injongo kukuphuhlisa ubuncinane iziko elinye elilolu hlobo kwisithili ngasinya kwezihlanu zasemaphandleni, ngokunjalo nakwizithili ngasinye kwezine esikwizithili zomasipala ombaxa.

Ngaphezulu, isebe lisebenza neeNGO kunye nolutsha olungaqeshwanga, kwiYearBeyond, ukunikezela ngoxabangelo lwezifundo, izakhono zempilo kunye neenkqubo zobuzali ezokolweni nakuluntu ukuxhasa uphuhliso olupheleleyo lwabantwana nolutsha. Le nkqubo isebenza kwizikolo ezingaphezulu kwe-150 kunye nezizinda zoluntu ezili-13 yaye kusetyenziswe unyaka ukwakha inkqubo kulungiselelwa isikali esithambekele kokujoliswe kukokwesizwe kulutsha. Kunyaka ophantsi kovavanyo inkqubo iluphinda-phinde ngaphezulu kwesibini ufikelelo lwayo ze yafumana inkxaso-mali ukuphinda-phinda kathathu uphawu lwayo kunyaka omtsha. Ngenxa yoku kukhula amathuba olutsha ayilwa kwiinkonzo ezininzi zorhulumente kubandakanywa amathala eencwadi kunye nezizinda zoluntu kunye nezicwangciso sele zimiselwe ukunikezela ngomsebenzi kwiimyuziyam.

Umsebenzi wenkuthazo wesebe ufikelele kunyaka ngamnye kwi-Light On After School, iphulo lehlabathi eliqaqambisa ukhanyiselo kwiinkqubo zasemva kwesikolo. URhulumente weNtshona Koloni uncedise ekuziseni iphuhlo kuMzantsi Afrika kunye namahlakani ayo iLearning Trust kunye neCommunity Chest. Ngaphezulu, iDCAS inikezela ngoluhlu loqeqesho ukuphucula izakhono kunye nekhono lamagcisa asemva kokuphuma kwesikolo kunyaka ngamnye.

Okokugqibela, kunyaka ophantsi kovavanyo iSebe lilinge inkxaso-mali kulungiselelwa inkqubo yeholide yeNkanga-yoMqungu ngothelelwano kunye neeNGO ezininzi ukudambisa ukhuselo, indlala nexesha elilahlekileyo lokufunda elenziwe mandundu yoCovid-19.

AMALINGE OLUTSHA

Iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo zihlangabeze ngokunjalo iinjongo zeQhinga loPhuhliso loLutsha lwePhondo ngokuba Anamagcisa akhathalayo kunye nabaqeqeshi abasebenza nolutsha nabanceda ngemfundo yalo, ngophuhliso nokukhula ngokunikezela ngolonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko, inkxaso yokufunda kunye nezakhono zobomi. Olu ncedo lukhokhelela ngaphezulu kuyilo lweeklabhu, kuthelekiswa namaqela emigulukudu, apho abantwana nolutsha bathi ngoku bazibandakanye nawo. Ngaphezulu, iyila amathuba amatsha kulutsha abasele bephumile esikolweni, okokuba baphinde baqhagamshelane naso kwakhona.

Intlekele yolutsha iqhubekile ikhula kunyaka ophantsi kovavanyo kunokukhula kwemingeni yempilo-ntle neyentswela ngqesho. ISebe lanyusa inqanaba lalo lomsebenzi lalungelelanisa iinzame zolutsha ngokunjalo nokwethu ekujoliswe kuko kulutsha kwangaphakathi. Oku kubandakanye ukusingathwa kweForam yoLutsha enqamlezileyo kulungiselelwa abachaphazelekayo bakarhulumente nabangengabo abakarhulumente kwiPhondo ukuququzelela ukufunda namandla ukuqinisa umsebenzi wophuhliso lolutsha kwiPhondo. Njengenxalenye yalo msebenzi iSebe liphuhlise ipotali yolutsha njendawo enye ofumana yonke into elungiselelwe ulutsha kwiPhondo ukufikelela kokunikezelwa nguRhulumente weNtshona Koloni. Ngaphezulu, iSebe lijolise ekuphulaphuleni izimvo zolutsha ngpapasho lweYouth Exoressions ngenyanga yolutsha.

2.2. IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo

ISebe liqukumbele iSDIP yayo yangaphambili yowama-2018 – 2021 kulungiselelwa iinkonzo ezinxulumene namaziko olondolozo lwembali kunye namaziko enkcubeko. Ukususela kukuqukunjelwa komiliselo lweSDIP yangaphambili, iSebe liqalise ngenkqubo yokuphuhlisa iSDIP entsha ngokuhambelana neemfuno ezihlaziyiweyo zeDPSA.

2.3. Ubume bombutho

Ukurhoxa emsebenzini kunye/okanye ukuqeshwa kwabasebenzi abangudoqo

USekela Mlawuli: woMbutho weNgingqi weeNkonzo zeThala leeNcwadi oqeshwe ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021.

UMlawuli: weZiko loLondolozo lweMbali, iLifa leMveli naMagama eeNdawo oqeshwe ngomhla woku-1 kweyeKhala 2021.

INtloko yeSebe eqeshwengonhla woku-1 kweyeThupha 2021.

USekela Mlawuli: weNkxaso yoMthetho yeLifa leMveli leNtshona Koloni oqeshwe ngomhla woku-1 kweyoMnga 2021.

USekela Mlawuli: weeNkonzo zeNkxaso yoMthengi neNzululwazi oqeshwe ngomhla woku-1 kweyoKwindla 2022.

Iinzame zohlenga-hlengiso

Azikho.

Ukusilela kwenkqubo

Akubangakho kusilela okubonakalayo kwenkqubo okuchaphazela ikhono leSebe kunikezelo lwalo lweenkonzo zalo.

Amatyala obuqhophololo norhwaphilizo

IiNkonzo zePhondo ezijongene noBuqhophololo (PFS) zikhupha isiQinisekiso sokuHlanganiswa kweTyala esibonisa ukuhanjiswa okulandelayo kwamatyala eSebe (aphathelelene nobuqhophololo norhwaphilizo) kulo nyaka-mali:

Amatyala avuliweyo ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021	0
Amatyala amatsha (2021/22)	0
Amatyala avaliweyo (2021/22)	0
Amatyala avuliweyo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022	0

Uqhankqalazo

Akubanga kho luqhankqalazo ngamagosa esebe ngesithuba sowama-2021/22.

2.4. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo olungundoqo kunye neenguqu zomthetho

Ukulungiselela ukulungiswa kwemingeni yokusebenza ekhawulezileyo nokulungelelaniswa koMgaqo-siseko, iSebe liphuhlise uMthetho oyilwayo oyi-Museums Ordinance Amendment Bill. IKhabhinethi yePhondo ikwamkele ukuqaliswa koMthetho oYilwayo oLungisiweyo woMthetho weeMyuziyam weNtshona Koloni, 2020, kwiPalamente yePhondo ngomhla wama-28 kweyeKhala2020 phantsi kweNqaku leKhabhinethi elinguNombolo 476. Ngomhla wama-30 kweyeDwarha 2020, uSomlomo ubhengeze ngokuqaliswa koMthetho oYilwayo woMthetho wamaZiko oLondolozo lweMbali, ngokuhambelana noMthetho oSigxina 170(1)(b). Ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2021 uMthetho iWestern Cape Museums Ordinance Amendment Act onguNombolo 2 wama-2021 wasayinwa ngokusesikweni kumthetho kunye neGazethi yePhondo enguNombolo 8408 ukulungiselela ukuba uqalise ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021.

UMthetho weSiko loLwaluko wama-2021, wavunywa ngomhla wesi-4 kweyeSilimela 2021. UMthetho uzama ukunikezela ngemithetho esebenzayo wokuqhutywa kwesiko lolwaluko njengoku kuladelayo:

- Ukunikezela kwiKomiti yeSizwe yokoNgamela uLwaluko kunye nemisebenzi yazo;
- ukusekwa kweeKomiti zePhondo zoLungelelwaniso loLwaluko kunye nemisebenzi yazo;
- ukunikezela kuxanduva, kwiindima nemisebenzi yabachaphazelekayo abahlukeneyo ababandakanyekayo kwimisebenzi yolwaluko;
- ukunikezela kwimithetho esebenzayo yezikolo zolwaluko;
- ukunikezela kumagunya alawulayo oMphathiswa neeNkulumbuso
- ukunikezela kukubekwa kweliso kumiliselo lomthetho kunye
- Ukunikezela kukungafani kwiphondo.

Ikhabinethi yeSizwe yamkele upapasho loMthetho oYilwayo weeNkonzo wamaThala eencwadi kunye neeNgcebiso wama-2019 olungiselelwe izimvo zoluntu. Lo Mthetho oYilwayo uza kuqwalaasela imiba yenguqu ekunikezelweni kwamathala eencwadi karhulumente kuluntu, ingakumbi kuluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili. Ukhuthaza ngokunjalo ulawulo lwentsebenziswano nolungelewaniso kuwo omathathu amacandelo karhulumente ngokubhekiselele kwiinkonzo zamathala eencwadi nengcaciso. ISebe leSizwe leMidlalo, uBugcisa neNkcubeko lithe thaca iindleko zomiliselo lwalo Mthetho uYilwayo kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali (intlanganiso ehlangeneyo yamaCandelo oLawulo lweMali eSizwe nawePhondo) ngomhla we-17 kweyoMqungu 2020. ICandelo loLawulo-mali leSizwe lichaze into yokuba ngenxa yezithintelo zemali ezikhoyo licebisa into yokokuba uMthetho oYilwayo ukhe ubanjwe. I DSAC emva kwangoko ithathe isigqibo zokubamba umiliselo ngesithuba esingangeminyaka emithathbu ubuncinane.

ISebe lamkele ngokunjalo ze lamilisela uMgaqo-nkqubo weMpilo eNgqeshweni noKhuselo lweCovid-19. Ngokuhambelana nalo mgaqo-nkqubo, iSebe lityumbe iGosa loHambelwano kunye neKomiti eQuquzelelayo yeSebe yeCovid-19 eNgqeshweni neMpilo. Ikomiti iqinisekise ngento yokuba yonke imiba yeCovid-19 ixoxiwe ze yaqwalaselwa, kubandakanywa ukuthengwa nokubonelela kweMpahla yoKhuseleko loMntu (PPE) kulungiselelwa bonke abasebenzi.

3. Izifezekiso zeMpembelelo yeZiko neMiphumela

Impembelelo ecwangcisiweyo yeSebe kunye nemiphumela ngokuhambelana nesiCwangciso salo seQhinga zidweliswe apha ngasezantsi, zilandelwa yinkqubela phambili eyenziweyo ebhekiselele kwizifezekiso zengxelo yempembelelo yamaSebe.

Ingxelo yempembelelo	INtshona Koloni ebandakanya ngokwentlalo, eyilayo esebenzayo nehlangeneyo.

INani	Umphumela	UMgqalisela woMphumela	Isiseko	Ekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu
1	Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho kunye noluntu ulukhuselekileyo noluhambelanayo.	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo kuBugcisa, iNkcubeko necandelo leLifa leMveli eNtshona Koloni.	400 250	551 075
2	Ufikelelo kwingcaciso nolwazi ukuxhasa inkcubeko yokuthanda ukufunda kunye nokufunda kobomi bakho bonke.	Inani elibhalisileyo labasebenzisi bethala leencwadi.	731 456	735 000*
		INani lotyelelo ngabaphandi	8 700	8 700*
3	Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo.	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo zemidlalo necandelo lolonwabo eNtshona Koloni.	444 210	500 000

* Oku kujoliswe kuko kwahlaziywa kuma-667 434 kunye nama-7 800 ngokulandelelana kwisiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2022-23.

UMphumela 1	Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho kunye noluntu ulukhuselekileyo noluhambelanayo.
UMgqalisela woMphumela	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo kuBugcisa, iNkcubeko necandelo leLifa leMveli eNtshona Koloni.

Ukunikela kulo mphumela, iSebe linikele ngezibonelo Kumaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo, kwiLifa leMveli leNtshona Koloni, kunye neKomiti yaMagama eeNdawo. Ezi zibonelelo zibandakanya inkxaso-mali ngokukhutshelwa kweentlawulo, abasebenzi, kunye noomabhalane, abanobucule, iingcaphephe zenzululwazi. Ngaphezulu, iSebe lidlale indima ekhokhelayo ebhekiselele kukusekwa kweCradle yeHuman Culture, umgaqo wokhenketho welifa lemveli zenzululwazi ngezinto zakudala kumgaqo wokhenketho kwiNtshona Koloni. ISebe liqukumbele amalungiselelo eNomination Dossier elungiselelwe iNdawo yeLifa leMveli yeHlabathi ngokuVela kweNdlela entsha yokuZiphatha yaBantu.

ISebe lixhase imisebenzi yobugcisa nenkcubeko kuluntu ngokubonelela ngoncedo lwenkxaso-mali kubenzi bezicelo abanempumelelo okokuba bamilisele iinkqubo zabo kunye nemisebenzi

yobugcisa. Oku kunikezele amagcisa ngethuba lokuqulunqa ngokutsha umsebenzi wawo ze kwanomphumela kwiindlela ezintsha zenguqu zemiboniso neminyhadala.

UYilo loThungelwano oluLawulweyo lwaqaliswa ukwandisa nokwendelelisa ufikelelo kuBugcisa, kwiNkcubeko noLwimi.

UMphumela 2	Ufikelelo kwingcaciso nolwazi ukuxhasa inkcubeko yokuthanda ukufunda kunye nokufunda kobomi bakho bonke.
UMgqalisela woMphumela	Inani elibhalisileyo labasebenzisi bethala leencwadi. INani lotyelelo ngabaphandi.

ISebe liqhubile ngokuxhasa nokwandisa iinkonzo zethala leencwadi kubo bonke abemi beNtshona Koloni. OoMasipala bancedwa ngokunikezela ngeenkonzo zamathala eencwadi kuluntu ezisimahla, ezilinganayo nezifikelelekayo, banikezele ngengcaciso, iimfuno zabantu zokufunda; nokukhuthaza isimo sokusetyenziswa kokufundwa kwithala leencwadi kunye nokufunda kobomi bonke. Ukuguqulwa kwenkonzo yethala leencwadi nokwamkelwa kokuqhutyelwa phambili kwetheknoloji yofikelelo kwi-intanethi esimahla kwanikezelwa kuluntu kumaziko ethala leencwadi likarhulumente ngokusetyenziswa kweprojekti yoThungelwano lweThala leeNcwadi laseMaphandleni.

Ukukhuthaza ulwakhiwo lwesizwe nobandakanyo lwentlalo, ufikelelo koovimba lwanikezelwa kubaphandi kunye nenani elincitshisiweyo labaphandi ngexesha elinye de kwaba sekupheleni konyaka-mali. Inani elipheleleyo labaphandi abangama-4 196 latyelela umthombo wooVimba ngeenjongo zophando. Uqokelelo lweeprojekti zembali yomlomo luqhutyiwe ukuqinisekisa ngogcino lweembali zomlomo. Isambuku samangenelo asixhenxe oqeqesho lolawulo lweerekhodi ezili-11 aqhutywa, ze kwaqhutywa uphicotho-zincwadi lolawulo lweerekhodi ezili-31 ukwendelelisa iindlela ezilungileyo zolawulo lwerekhodi kumaqumrhu karhulumente. Iindlela zolawulo lwerekhodi zaqiniswa, ngentsebenziswano namaqumrhu karhulumente ukumilisela iinkqubo zokulahla okulungelelanisiweyo kunye neenkqubo zohlelo olufanelekileyo lweerekhodi.

UMphumela 3	Ufikelelo namathuba okuthabatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo.
UMgqalisela woMphumela	Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo zemidlalo necandelo lolonwabo eNtshona Koloni.

ISebe lenze inkqubela phambili ngokubhekiselele ekuhlangabezeni iinjongo zesiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu, kunyino lwezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into. IiNkqubo zalungelelaniswa ukulungiselela iinjongo zesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Iinkqubo zemidlalo nolonwabo kunye neeprojekti ziqalisiwe kuzo zonke iZithili zeNtshona Koloni. Unxibelelwano olwakhayo lwabanjwa kunye namaBhunga amathandathu eMidlalo yeSithili kunye neWCPSC.

3.1. Izifezekiso ezibonakalayo ezibhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi sowama-2019-24 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo

Ngesithuba sowama-2021/22, iSebe linikele kwiMiphumela yeSizwe yesiCwangciso-nkqubo seQhinga esiThuba esiPhakathi (MTSF) sowama-2019-2024 njengoku kulandelayo:

Umnikelo weSebe kufezekiso lokuPhambili kweSizwe okusi-7 unjengoku kulandelayo:

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
OkuPhambili 1: Urhulumente onekhono,onenqobo ezisesikweni nophuhlayo	IMidlalo noLonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo yaye iinkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano noluntu, imibutho emanyeneyo yemidlalo, amabhunga emidlalo kunye noomasipala.
OkuPhambili 2: Inguqu yoqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi	Ubonelelo lwemisitho engundoqo kukhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lisebenza kunye nemibutho ehlangeneyo yemidlalo kwiPhondo ethi ifikelele kwinkxaso-mali yemisitho engundoqo. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linoxanduva lenkqubo yenkonzo yolutsha lwephondo. Oku kuboniswa kwiNkqubo ye-YearBeyond. INkqubo yeYearBeyond inikezela ngamathuba kumavolontiya amalunga ne-1000 ngonyaka ngamnye kulutsha lwethu kunye noqeqesho olubanzi lobunkokheli kunye neendledlana ezihanjiweyo ukuya kwingqesho. Ukuza kuthi ga ngoku, ama-74% amavolontiya akumgangatho omnye aguqulelwe kwingqesho okanye kwizifundo, yaye phantse isiqingatha siyaqhubeka ukukba ngamavolontiya rhoqo ngeveki kwingingqi zawo zoluntu. INkqubo yoLonwabo, iNkqubo yeMOD kunye neNkqubo yeMidlalo yeZikolo kunye neeNkcukacha zeCARES inikezela ngamathuba engqesho alungiselelwe abantu abaninzi abaphuma kwiingingqi zoluntu ezamkelayo. Amathuba omsebenzi e-EPWP kulonwabo, kwimidlalo, kubugcisa, inkcubeko kuye namacandelo entlalo anikezelwe. ISebe liququzelela amathuba emisebenzi kunye namathuba olwakhiwo lwekhono awahlukeneyo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezijolise kukufunyanwa kwamakhono lulutsha ukuququzelela ukungena kwalo kwimarike yokusebenza. ISebe linikezela ngekxaso-mali elungiselelwe abasebenzi bethala leencwadi likarhulumente. Amathuba engqesho ayiliwe ngokusetyenziswa kolwakhiwo nokuhlaziywa kwamathala eencwadi karhulumente.
Okuphambili 3: Imfundo, izakhono nempilo	Isahlulo esikhulu sohlahlo lwabiwo-mali lweSebe sichithwa kubonelelo lweenkonzo zamathuba eencwadi nokuthengwa kwemathiriyeli yethala leencwadi, kuxhaswa ukuphuculwa kwemiphumela yokufunda. ISebe, ngokusetyenziswa kweYearBeyond linikezele ngokunjalo ngeencwadi kwezi

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	zikolo. Inkonzo yencwadi entsha ekwikhompyutha, i-Overdrive, yaqaliswa ngo-Agasti 2021 ukuququzelela ufikelelo kwizibonelelo ezikwi-intanethi ezilungiselelwe abasebenzisi ababhalisiweyo bethala leencwadi eNtshona Koloni. Isithuba semfundo phakathi kwabafundi abanezibonelelo nabangabonelelwanga ngokwaneleyo kunokubalelwa kufikelelo lwabo olwahlukeneyo kwiincwadi ekhaya, kwiiholide zosapho, kwi-intanethi, kwimisebenzi yemidlalo nolonwabo, ukuchanatywa nenkxaso. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linceda ukuvala esi sithuba ngokunikezela ngeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kubafundi abasahamba isikolo ngokusetyenziswa kwamaZiko eMOD kwizikolo ezili-181, namaZiko eZikolo zoBumelwane ezili-134 nakwiindawo ze YearBeyond ezili-140. Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngumfundi kwezi nkqubo kunceda ngokuphuculwa kokuzinyaswa kwesikolo ngomfundi, ukuqeqesheka komfundi, intsebenziswano kunye, ngokunjalo nokugcinwa kwabafundi benomdla wokuza esikolweni. AmaZiko eMOD abonelela abafundi ngochanatyo kulonwabo nemidlalo efundwa ngokuksetyenziswa kwekharityhulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolisa ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono obomi. AmamZiko eZikolo zoBumelwane anceda ngokuchonga nokulolonga italente kwiikhowudi ezichongiweyo. INkqubo yeMidlalo yeSikolo ijolise kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo elungselelwe abantwana abahamba isikolo. INkqubo yoLonwabo ijolise kumaZiko ukukhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo ukususela kwinqanaba le-ECD ukuya kwinqanaba labaGugileyo. I-YearBeyond ijolise ekuqwalaseni kwizithuba kwimfundo kukufunda nokubala, ukwakha uthando lokufunda nokwakha uthando lwemicimbi angaphandle kweklasi. ISebe likhuthaza ulonwabo olusebenzayo nemisebenzi yemidlalo yePhondo. Ulonwabo kunye nemidlalo lukhuthaza iinqobo zokuziphatha zomsebenzi wobomi bonke. ISebe liqhube uqeqesho lolwakhiwo lwekhono kulungiselelwa amagcisa ecandelo lemiboniso. INkonzo yeMyuziyam iququzelele yaze yakhuthaza ukusingathwa kweenkqubo zemfundo kwiimyuziyam ezimanyanisiweyo kujoliswe kwimbali yengingqi. Ngaphezulu, iNkonzo yeMyuziyam imilisela iinkqubo zemfundo ngokuhambelana neejongo zesizwe ngokusetyenziswa kweenkqubo zemfundo ezifana neMiqondiso yeSizwe kunye ne"I am the Flag".
Okuphambili 4: Ukuzinziswa kwemivuzo yentlali ngeenkonzo zesiseko ezithembekileyo nezilungileyo	Ngokusetyenziswa kweenkqubo ezibandakanyayo zentlalo, iSebe landise imigaqo-nkqubo yokhuselo lwentlalo ngokudanjiswa kokuba sesichengeni kwintlalo kumabhinqa, abantwana, umntwana oyintombazana, abakhubazekileyo, nabagugileyo, ngokusetyenziswa kobugcisa kunye nenkcubeko, kunye neenkqubo zolonwabo nemidlalo.

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
Okuphambili 5: Uhlanganiso lwesithuba ukuhlaliswa kwabantu kunye nomasipala	IProjekthi yoThungelwano lwamaThala eencwadi aseMaphandleni iyamiliselwa yaye iyalolongwa kumathala eencwadi karhulumente asemaphandleni. Iprojekthi iyandiswa ngokuqaliswa kofikelelo lwebroadband neWi-Fi. Amathala eencwadi amancinane asekwa kwimimandla yasemaphandleni enabemi abangebaninzi ukulungiselela ukunikezela ngofikelelo kumaziko amathala eencwadi. Iiklabhu kwimimandla yasemaphandleni zixhaswa ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu. AmaZiko eNcubeko, amaZiko eMOD, amaZiko eZikolo zoBumelwano anikezela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kwingingqi zoluntu lwasemaphandleni. AmaZiko aseMaphandleni eMOD abandakanyiwe ngokunjalo kwinkqubo yesondlo. Ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo zobugcisa nezenkcubeko, kunye nenkxaso yengxowa-maluii yeSebe ziqinisekisa ngokulondolozwa kwenkcubeko nokukhuthazwa kobugcisa kwizithili zasemaphandleni. ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli yinxalenye ebalulekileyo yocwangciso nolawulo lophuhliso lwezakhiwo. Ngoko iSebe, ngentsebenziswano noomasipala, lijolise ekuqinisekiseni ngokuba ilifa lemveli lihlanganisiwe kucwangciso lwedolophu nolwengingqi, kunye nophuhliso kumanqanaba asekuqaleni ocwangciso. Oku kwenziwa ikakhulu ngenkxaso yogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo elinoxanduva lolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli ngokwemiqathango yoMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli onguNombolo 25 we-1999. Unikezelo lweZiko leMidlalo luququzelelwe kubo nabo bonke oomasipala kunye nemibutho emanyeneyo yemidlalo, ukulungiselela uphuhliso nolungelelwaniso lwemidlalo kuzo zonke iingingqi zoluntu kwiPhondo. Amaziko enkcubeko anikezela kuluntu nakwimibutho ngezakhiwo okokuba ziyisebenzisele imisebenzi enxulunyaniswe kwisigunyaziso seSebe. Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, amaZiko eNkcubeko iOkkie Jooste, iGroot Drakenstein kunye neKoekenaap asetyenziselwa indawo zokuBekela bucala zeCovid-19. Ngaphezulu, iLifa leMveli eNtshona Koloni liyila iindlela zokuhlanganiswa kwemicimbi yendalo neyelifa lemveli kwinkqubo yocwangciso lwesithuba nophuhliso. Inkcubeko sisithuthi sokunikezela kolwazi kunye neenqobo ezisesikweni zentlalo. Ukukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko nokulondolozo kunceda kuzinziso lwenkcubeko yentlalo yoluntu ethi inikele kuzinzo lokuhlaliswa kwabantu. INkqubo yoLawulo lweRekhodi inceda amaqumrhu karhulumente, kubandakanywa oomasipala, ukulungiselela ukulawulwa kweerekhodi ukuphucula ukuthatyathwa koxanduva kunye nolawulo olulungileyo. ISebe libonise ngokunjalo ukuzibophelela kulungelelwaniso lwe-JDMA ngonxibelelwano lwe-IDP kunye nomasipala obelubanjwe ngobuxha-xhaka bekhompyutha ngowama-2021 ngenxa yeCovid-19.

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	Amaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo zeSebe zinikezela ngeenkqubo zemfundo ezithi zikhuthaze usetyenziso oluzinzileyo lwezibonelelo zendalo. Ngaphezulu, iLifa leMveli laseNtshona Koloni liyila iindlela ezilungiselelwe ukuhlanganiswa kwemicimbi yendalo neyelifa lemveli kwinkqubo yocwangciso lwesithuba nophuhliso.
Okuphambili 6: Ulungelelaniso lwentlalo nokhuselo loluntu	ISebe likhuthaza iinqobo ezisesikweni zomgaqo-siseko kunye nemiqodiso yesiizwe ngokusetyenziswa kwemiboniso, kweenkqubo zikarhulumente, iincoko zoluntu, iinkqubo zemfundo, ulawulo lwezibonelelo zeliifa lemveli, uphuhliso lolutsha, imidlalo nolonwabo, kunye neenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. ILifa leMveli leNtshona Koloni, liQumrhu likaRhulumente elisekwe ngokwemiqathango yoMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, onguNombolo 25 we-1999 linoxanduva lokuchonga, lokukhusela, lokulondoloza, lokukhuthaza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo ezithi zibonise iinqobo zethu ezisesikweni esabelana ngazo. IKomiti yaMagama eNdawo yeNtshona Koloni ikhuthaza ubandakanyo lwentlalo ngolwazi nenkxaso elungiselelwe inkqubo yokuthiywa ngokutsha. Inkqubo isekelwe zinkqubo zokuthatyathwa kwenxaxheba luluntu. Injongo yeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukukhuthaza, ukulondoloza nokuphuhlisa inkcubeko. Inkqubo ezixhaswe yiWCCC zijolise kukukhuthaza kunye nemisebenzi yokulondoloza nokuzamela ukuyila uncomo nentlonipho yeenkcubeko ezahlukeneyo kwiNtshona Koloni. Ngokusetyenziswa kwesibonelelo seenkonzo zokuhlela, zoguqulelo nezokutolika, iSebe linikele ngokubhekiselele kubandakanyo/ kuhambelwano lwentlalo ngokuphuculwa konxibelelwano ngeelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, ngokunjalo noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. ISebe ngentsebenziswano kunye neKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni likhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo ukwandisa ulwazi nokusetyenziswa kwezi lwimi kubahlali beNtshona Koloni. Ngokusetyenziswa kophuhliso lobugcisa nenkcubeko neenkqubo zenkuthazo, iSebe linikezela ngamathuba alungiselelwe ulutsha, amabhinqa, abantwana nabakhubazekileyo abaphuma kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo ukulungiselela ukunxibelelana nokufumana amakhono obugcisa nawobomi. La mathuba alungiselelwe abasesichengeni nabanganikwanga amathuba ngaphambili anikezela ngamaqonga onxibelelwano lwentlalo kunye nengxoxo, ngeli thuba eqinisa ubandakanyo/uhambelwano lwentlalo phakathi kweengingqi zoluntu. Iimyuziyam zikhumbula iintsuku ezininzi zesizwe ezikhunjulwayo ngofikelelo kunye neenkqubo zikarhulumente ezikhuthaza ubandakanyo/uhambelwano lwentlalo. Imiboniso ibonisa ikakhulu imiba ebingakhathalelwe ngaphambili yengingqi kunye nembali ezihlangeneyo

Okuphambili kweMTSF	Umnikelo weSebe
	zoMzantsi Afrika, zinikela ngaphezulu kubandakanyeko/kuhambelwano lwentlalo. AmaThala eencwadi asebenza njengesizinda soluntu akhuthaza nexhasa ubandakanyo lwentlalo. ULonwabo, iNkqubo yeMOD, kunye nemisebenzi yeMidlalo yeZikolo eqhutywa KwiZakhiwo zeCARES ngokunjalo nakoomasipala abahlukeneyo luxhasa intlalo elungileyo, unxibelelwano lolonwabo nemidlalo kwiingingqi zoluntu. Imidlalo ekuthelelwano kunye nemibutho yoluntu iqhubile ukuxhasa uphuhliso lwemibutho emanyeneyo yemidlalo, iimbaleki, abalawuli namagosa obuchule. Uthatyatho lwenxaxheba sisininzi kwimidlalo nakulonwabo, nakubugcisa nenkcubeko, lunikela lulwakhiwo lobunye besizwe kuluntu olwahlukeneyo, nolulungelelwaniswe ngokwentlalo, yaye iSebe lixhasa oku ngokusebenzisa amalinge alo. IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elilungiselelwe iMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwimidlalo ngenjongo zokunciphisa ulwaphulo-mthetho. liNkqubo zoPhuhliso lweMidlalo zibandakanya ikharityhulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zesifundo esijolise ngokunjalo kuphuhliso lwezakhono. Imidlalo iya kuba yinxalenye yenkqubo apho sakuba sinikele kwisiCwangciso soKhuselo sorhulumente weNtshona Koloni ngokubonelelwa kwemisebenzi enxulumene nemidlalo kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo, njengoko kuchaziwe yikhabhinethi. INkqubo yeMOD ibandakanya ikharityhulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolise ngokunjalo kuphuhliso lwezakhono zokuphila. Abafundi abasahamba isikolo bathabatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo kumaZiko asekwe kwisikolo eMOD neendawo zeYearBeyond, namaZiko eZikolo zoBumelwane, ngoko iyila indawo ekhuselekileyo nesimo esilungiselele ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezaliswe lulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko, ngokunjalo nemisebenzi yemfundo.
Okuphambili 7: I-Afrika engcono neHlabathi	Ngokuxhasa uhlanganiso lwengingqi nelizwekazi, inkqubo yeNyanga ye-Afrika yeSebe ikhuthaza ukuzingca ngobu-Afrika ukukhuthaza ubandakanyo lwentlalo nokuguzula impatho-mbi yabantu abangangcuchalazi kweli lizwe. Inkxaso kwiMibutho eManyeneyo yeSizwe ukuphuculwa ngaphezulu kokuthatyathwa kwenxaxheba kwilizwekazi lase-Afrika. UPhuhliso loBugcisa lwandlale inkqubo eBarrydale, ngomhla wama-22 kuCanzibe 2021, ngentsebenziswano kunye ne-IMAD kunye noMasipala waseSwellendam.

Ngesithuba sowama-2021/22, iSebe linikele kokuPhambili okuVuselelwa nguMbono wePhondo (iiVIP) nakwiimixholo yeqhinga:

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
Ukukhula nemisebenzi	• Ukuxhasa ngemali abasebenzi bethala leencwadi likarhulumente nokuyilwa kwemisebenzi ngokuhlaziywa nangolwakhiwo lwamathala amatsha eencwadi. • I-YearBeyond eyila kuqala amathuba omsebenzi ilungiselela ulutsha olungaqeshwanga nokunika iindleldlana ezikuthumela kumsebenzi kunye nokufunda. • Amathuba omsebenzi ngokusetyenziswa kwe-EPWP. Amathuba omsebenzi kushishino lokuyila: ukuveliswa kwemidlalo, iminyhadala yeThiyetha, ulawulo lomsitho, iqela labasebenzi bomboniso, uphuhliso lomsebenzi wobugcisa nentengiso. Iinkqubo eziqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha zamiliselwa apho kufanelekileyo ngenxa kabhubhane. • INkqubo yeNkxaso-mali yoBugcisa neNkcubeko inikezela ngenkxaso ukuseka kunye noqeqesho olulungiselelwe amachule obugcisa nokuxhswa kwemidlalo, eLifa leMveli nemisebenzi yezinto zakudala, kunye nokhenketho lwenkcubeko. • Inkxaso-mali yemidlalo inikezela ngenkxaso ukuseka imibutho emanyeneyo yemidlalo yeSithili, imibutho emanyeneyo yeNtshona Koloni, amaBhunga eMidlalo eSithili, iMibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo kulungiselelwa uphuhliso kunye nokukhula kwemidlalo kwiphondo. • Amathuba omsebenzi, uLonwabo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko. • INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo – ukuvala isithuba sethuba. • Ukukhula koshishino lolonwabo nemidlalo, ngenxa yohlobo lwayo kudinga abasebenzi abaninzi, ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso lwemidlalo (iNkqubo yoLonwabo, iNkqubo yeMOD, iMidlalo yeZikolo kunye namaZiko eCARES) ezikhokhelela kwingqesho kunye namathuba oshishino kwiingingqi zoluntu. • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane. • AmaZiko eCARES.
UkuXhotyiswa kwaBantu	• Amathala– ayaqhubeka ekhuthaza ukuthandwa kokufunda nemfundo yobomi bonke • IProjekthi yoThungelwano lwamaThala eencwdi aseMaphandleni inikezela ngofikelelo olusimahla lwe-intanetihi ukunceda ukuqukunjelwa kwezicelo zemisebenzi kwikhompyutha, ukufunda kwiinkqubo zekhompyutha, iipotali zokufunda zekhompyutha, njl. njl. • Uthelelwano neSebe lezeMfundo, amaziko eNal'ibali kunye ne-ICAN ukukhuthaza ukukwazi ukufunda. • Inkqubo yoxabangelo kukufunda nezibalo zegreyidi yesi-3 neyesi-4 yeYearBeyond kunye nenkxaso yomsebenzi owenziwa ekhaya we-@homelearning. • Unxibelelwano nolutsha olusemngciphekweni kwi-ASP • INkonzo yolutsha, iYearBeyond, eyila amathuba okuqala omsebenzi alungiselelwe abaminyaka eli-18 ukuya kwengama-25 abangenangqesho • Ufikelelo kwingcaciso yovimba olulungiselelwe abaphandi nabafundi • Igumbi lokufundela kooVimba elilungiselelwe uikelelo loluntu kulwazi nezakhono • Uqeqesho olunikezelwa kubaxhamli be-EPWP • Ukunikezelwa kwendawo yoqeqesho loxabangelo • Ukunikezelwa kwendawo yabaqeqeshelwa engqeshweni bePAY • Unikezelo loLawulo lweRekhodi ezikwi-intanethi, uLawulo lweRekhodi, ze-Elektroniki nezifundo zoMabhalane beNdawo ekugcinwa kuyo iirekhodi ukulungiselela ukuxhobisa abantu. • Isibonelelo samathuba oqeqesho kwabanye abachaphazelekayo • Uqeqesho lolawulo lothintelo nolwasuleleko kwiCovid-19 kulwaluko • Ubandanyo lolwimi nenkcubeko umz. ukuqhutyelwa phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli ezazilahlekelwe sisidima ngaphambili.

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
	• Ubonelelo lweenkonzo zenkxaso yolwimi nokukhuthazwa kweelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, kubandakanywa uLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. • Iinkqubo zolonwabo (ECD, imisebenzi yesizinda) • Imisebenzi yemidlalo kunye neeprojekthi ezinikezela amathuba ukulungiselela ukukhula nengqesho. • Iinkqubo zeMOD nezeZikolo zoBumelwane • AmaZiko eCARES • UPhuhliso loBugcisa beMidlalo yeQonga – ulwakhiwo lwamakhono • Iinkqubo yeMidlalo yeZikolo (uphuhliso lweKhowudi, uphuhliso lweMbaleki, uphuhliso lwaBaqeqeshi) • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane • Isibonelelo semisebenzi yobugcisa nenkcubeko lubeke isiseko esilungiselelwe amagcisa kunye nokuboniswa kwenkcubeko, ukukhuthazwa kwenkathalelo esekele unyamezelo, ulwamkelo nohanjelwano lwentlalo • Ukuxhaswa kwemisebenzi yenkcubeko kuvumela ukuphuhliswa kwabantu benkcubeko yengingqi nokugcinwa kweentlobo zobugcisa bemveli. • Ukuchanatywa kophuhliso lwezakhono zobugcisa ukunikezela ithuba kuphuhliso lwamakhon obomi alungiselelwe ulutsha nokunikela kumathuba kumashishini oyilo • Ukubonelela ngamathuba oqeqesho kumagcisa asakhulayo • I-ASP ijolise kulutsha olusemngciphekweni • INkqubo yeNkonzo yoLutsha
Inguqulelo neNguqu yesiThuba	• ISebe likho kuzo zonke iidolophu kwiPhondo, umzekelo, ngohlobo lwamathala eencwadi, amaziko olondolozo lwembali, okanye ii-ofisi zemidlalo. • Izibonelelo zentlalo umz. amathala eencwadi, izibonelelo zemidlalo, amaziko olondolozo lwembali, oovimba njl. njl. • Inguqu yesithuba sembonakalo yelifa lemveli ngenkxaso yomsebenzi weziko leHWC. • IZibonelelo zenkcubeko zinikela kuluntu kunye nemibutho yoluntu kunye nesithuba esikhuselekileyo semisebenzi ekhuthaza inguqu yentlalo. • Amaziko oPhuhliso lweMidlalo (amaziko oLonwabo, iNkqubo yeMOD naweZikolo zoBumelwane kunye namaZiko eCARES) kwisithili ngasinye sikamasipala nakuninzi lweedolophu ezikwiPhondo. • Amaziko emfundo yemidlalo eSithili ayafumaneka kuzo zonke izithili ezithandathu kwiNtshona Koloni, axhaswa ngoomasipala abahlukeneyo apho bahlala khona. • Ukukhuthazwa kwezibonelelo kuququzelelwa ngentsebenziswano kunye nabo bonke oomasipala kwiphondo ukulungiselela uluntu ukuba luzuze. Oku kuyinxalenye yonikezelo lwenkonzo yemidlalo nolonwabo.
Ukhuselo noHambelwano loLuntu	• Amathala eencwadi karhulumente anikezela ngesithuba esikhuselekileyo kulungiselelwa abantwana emva kokuphuma kwesikolo kunye namalungu oluntu. • Ukubonelelwa kwamathuba olonwabo, emidlalo, obugcisa kunye nenkcubeko kulungiselelwa iingingqi zoluntu njengenxalenye yokuyilwa kwamaqonga angamanye ukwakha uhambelwano. • Ukuqinisekiswa ngenkonzo ehlangeneyo yoovimba kunye nengcaciso evulelekileyo nefikelelekayo kubo bonke abaxhamli. • Abantu banakho ukufunda ukuba bangobani, ingcaciso yezinto zabo zakudala, imisitho yembali, amaxwebhu amafa afana (iiwili, izaziso zokufa), umtshato, iirejista zokuzalwa nezababhubhileyo ze ngoko babe nengqiqo yokuba bangabaphi. • Inkqubo yophuhliso lobugcisa inikezela ngemisebenzi ekhuselekileyo neyakhayo kulutsha. Inkqubo yophuhliso loBugcisa neyokuthengisa eqhutywe ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha noluqhutywa kwiindawo ezininzi ezahlukeneyo. • Ukubonelelwa ngofikelelo kwiirekhodi ezingentswela-bulungisa bexesha elidlulileyo nokuxhatshazwa kwamalungelo abantu ukuqhubela phambili ukuphila, ubulungisa noxolelwano.

UMmandla weqhinga	Umnikelo weSebe wama-2020-2021
	• Unxibelelwano noluntu kunye nemibutho yentlalo yemidlalo ukukhuthaza uhambelwano lwentlalo nolwakhiwo lwesizwe. • Uthelelwano namasebe esisebenzisana nawo ayakhuthazwa ukulungiselela uluntu luzuze nokuyila izithuba ezikhuselekileyo zemidlalo nolonwabo kunye nophuhliso loluntu. • Ulwakhiwo lohambelwano lwentlalo ngemidlalo nolonwabo • Ulutsha olusemngciphekweni oluchongiweyo ukunciphisa ukungaziphathi kakuhle • Ukusetyenziswa kwezikolo njengeendawo ezikhuselekileyo kulungiselelwa uluntu olusekwe esikolweni emva kweeyure zesikolo, (o.k.t. AmaZiko oLonwabo, amaZiko eMOD kunye namaZiko eZikolo zoBumelwane kunye neZakhiwo zeCARES (izakhiwo ekwabelwana ngazo) • Ukubandakanyeka kwinkqubo yoPhuhliso loBumelwane
Inguqu neNkcubeko	• Ukusetyenziswa kwamavolontiya kumathala eencwadi ukwandisa isakhono sokufunda apha kufanekileyo ngenxa yobhubhane. • Ukuqaliswa kwezibonelelo ze-elektroniki ngaphezulu kumathala eencwadi • Uyilo lothelelwano lwamashishini karhulumente nawangasese lokunikezelwa kweenkonzo kwinkonzo yolutsha nophuhliso lwemidlalo • Uphuhliso lwezithethe nemigangatho yenkonzo yolutsha • Ulwakhiwo lwesimo sorhulumente osabelayo kuzo zonke iinkonzo • Uwakhiwo lothando lokufunda ngokusetyenziswa kwamathala ethu eencwadi, inkonzo yolutsha, oovimba neemyuziyam. • Ukugcinwa ngedijithali kweerekhodi zoovimba • Imiboniso ekwikhompyutha kunye neenkqubo zofikelelo • Ukuqiniswa kwenkqubo yoLawulo lweeRekhodi ze-Elektroniki enoxanduva yolawulo olufanelekileyo nolucwangcisiweyo loyilo, lokufunyenweyo, lolongo, lokusetyenzisqa nokulahlwa kweerekhodi ze-elektroniki, kubandakanywa iinkqubo zokuchola-cholwa nokugcinwa kobungqina kunye nengcaciso emalunga nemisebenzi yeshishini neentengiselwano. • Inkqubo yokubhukisha nge-intanethi yezibonelelo zenkcubeko • Ukubhukisa kwi-intanethi ukuncedwa ngoomabhalane bogcino lwerejista. Ulawulo lwerejista nezifundo zolawulo lweerekhodi ze-elektroniki. • Isifundo esikwi-intanethi soMabhalane bokugcina iRejista • Ukusetyenziswa okuqhubekayo koFikelelo kwiNgqiqo (AtoM) kulungiselelwa amalungiselelo nenkcazelo yeerekhodi zoovimba • Isizinda sePhondo zeMbali yoMlomo esiya kudwelisa zonke iiperojekti zembali yomlomo eqhutywe eNtshona Koloni. Ukumiliselwa kweemvanyo zohlolo kwikhompyutha ezilungiselelwe ooVimba beNtshona Koloni kunye nee-ofisi zomxhamli zeNkonzo yeeRekhodi. • Ukumiliselwa kokuqaliswa okuhlangenyo koLawulo lokuQulathiweyo kweShishini kumasebe akhethiweyo nokuqhutywa kwenkxaso yenkqubo kuwo onke amasebe. • Ukwandiswa kwabasebenzi abanikezelwa yinkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo kweShishini (ECM) ukunceda ishishini okokuba lifezekise ulawulo olungcono lwexwebhu kunye nolawulo lweerekhodi. • Uyilo lothelelwano kwiYearBeyond • Uyilo oluguqulweyo lwenkxaso-mali luyilo lwelungelo lwentlalo elinikezela ngoyilo lolwabelwano lweendleko phakathi kweWCG, abanikeli nokumiliselwa kweeNGO. • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane • Indlela yeziko lolwabelwano (amaZiko eCARES) inikezela kubafundi abasahamba isikolo kunye noluntu olusekwe kwisikolo ngolonwabo olulungileyo, kwimidlalo, kubugcisa kunye nezibonelelo zenkcubeko. • Inkqubo yokwenziwa kwesicelo senkxaso-mali yemidlalo kwi-intanethi ephuhliselwe imibutho emanyeneyo yemidlalo.

4. INgcaciso yoMsebenzi ngokweNkqubo nganye

4.1. Inkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukunikezela ngolawulo oluveleleyo lwezemali nolawulo lweqhinga kunye nenkxaso yokuphatha kwiSebe leMicimbi yeMidlalo noLonwabo.

Iinkqutyana

Inkqutyana 1.1: I-Ofisi kaMEC

Ukunikezela ngolawulo, unxibelelwano nabathengi kunye neenkonzo zenkxaso kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali

Ukunikezela ngenkonzo yenkxaso yokulawula imali kwi-DCAS, kuquka iinkonzo zolawulo lwamaqumrhu amathathu karhulumente anika ingxelo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo

Ukunikezela ngenkxaso kumsebenzi wolawulo kwiNtloko yeSebe ngokunikezela inkonzo yonxibelelwano olululo kunye neqhinga lenkonzo yenkxaso yokusebenza, kuquka inkonzo yokubeka iliso neyovavanyo, amalinge okumiliselwa kokuphuculwa kokunikezelwa kwenkonzo, ubudlelwane obusebenzayo bomthengi, okanye ulawulo olusebenzayo lobudlelwane boorhulumente naphakathi koorhulumente, nokwenziwa kwesibonelelo esinyiniweyo esilungiselelwe iimfuno zololongo nezendayo yokuhlala.

Umnikelo ukuMilisela iMiphumela

INkqubo 1 ixhasa yomithathu iMiphumela yeSebe.

Imiphumela yeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo

IsiCwangciso soLawulo lweMali sisebenza njengesixhobo sokubeka iliso kwiziphumo zophicotho-ncwadi lwangaphakathi nolwangaphandle. Ngokumiliselwa kwesicwangciso, ulawulo lwesimo saphuculwa kakhulu. Oku kuqulathe ukubekwa kweliso okungamandla nokulandelwa kokufunyenweyo rhoqo ngekota. Kwisithuba esiphantsi kovavanyo, zonke iingcebiso zamiliselwa.

Uxanduva lweNkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo ziquka amalinge okumiliselwa kweBatho Pele amalinge kwiSebe ukuBekwa kweliso noVavanyo lwemisebenzi yeSebe, kunye nocwangciso kwiimfuno zolawulo lwee-asethi ezishukumayo. Yonke imiqondiso yaphunyezwa equlethe uphuhliso, nokwamkelwa kwephepha lamalungelo elithe ngqo kwindawo kunye neNgxelo yoNyaka eya kuBemi, iiNgxelo zaRhoqo ngeKota zokuBekwa kweLiso koMsebenzi, ukuqukunjelwa kovavanyo kunye nesiCwangciso soLawulo loMsebenzisi wee-Asethi.

linjongo zeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo ziboniswe kwezi theyibhile zingezantsi:

Itheyibhile yeMiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo

INKQUBO 1: ULAWULO									
Umphumela	**Iingcebiso**	**INani**	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Izifezekiso ezizizo 2019/20**	**Izifezekiso ezizizo 2020/2021**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022**	**Izifezekiso ezizizo 2021/2022**	**Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022**	**Izimvo ngokunxaxha**
INkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali									
Wonke	IsiCwangciso soNyaka soPhuculo soLawulo lweMali (FMIP)	1.2.1	INani lezicwangciso ezimiliselweyo kulungiselelwa ukuphuculwa kwemiphumela yophicotho-zincwadi nokuncitshiswa kokufunyenweyo kuphicotho-zincwadi okuphakanyiswe nguMphicothi-zincwadi Jikelele kunye noMphicothi-zincwadi waNgaphakathi ukufezekisa inkonzo echubekileyo.	1	1	1	1	-	-
Wonke	Izindululo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ezimiliselweyo.	1.2.2	Ipesenti yezindululo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi emiliselweyo	-	97%	100%	100%	-	-
INkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo									
Wonke	INgxelo yoNyaka eya kuBemi; iNgxelo yoNyaka engesiCwangciso soPhuculo	1.3.1	INani lophuculo lwamaxwebhu aqulunqiweyo eBatho Pele/onikezelo lwenkonzo	2	2	2	2	-	-

INKQUBO 1: ULAWULO									
Umphumela	**Iingcebiso**	**INani**	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Izifezekiso ezizizo 2019/20**	**Izifezekiso ezizizo 2020/2021**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022**	**Izifezekiso ezizizo 2021/2022**	**Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022**	**Izimvo ngokunxaxha**
	lokuNikezelwa kweNkonzo								
Wonke	UVavanyo	1.3.2	INani leemvavanyo eziqhutyiweyo (ukubekwa kweliso novavanyo olunxulumene noko)	1	1	1	1	-	-
Wonke	IiNgxelo zarhoqo ngekota zokuSebenza	1.3.3	IiNgxelo eziqulunqiweyo zarhoqo ngekota zokubekwa kweliso kumsebenzi	4	4	4	4	-	-
Wonke	UAMP	1.3.4	INani lee-UAMP ezingenisiweyo	1	1	1	1	-	-
Wonke	IsiCwangciso seSebe sokuQhubeka kweShishini	1.3.5	IsiCwangciso seSebe sokuQhubeka kweShishini esihlaziywa rhoqo ngonyaka ze sahlengahlengiswa apho kuyimfuneko	-	1	1	1	-	-
Wonke	INgxelo yePERSAL	1.3.6	Inani labaqeqeshwa besengqeshweni benkqubo yeNkulumbuso yokuQhutyelwa Phambili koLutsha (PAY)	-	32	32	32	-	-
Wonke	IsiCwangciso soNxibelelwano	1.3.7	IsiCwangciso soNxibelelwano seSebe esivunyiweyo	-	1	1	1	-	-

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza engaphantsi kweqondo elilindelweyo

Akubanga kho mimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo kwiNkqubo 1 yowama-2021/22.

Ukusebenza ngokuhambelana neeNgcebiso eziseMgangathweni omiselweyo kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo aneMisebenzi eQhutywa kunye

Akubanga kho ngcebiso zisemgangathweni omiselweyo kunye nemigqalisela yengcebiso elungiselelwe iNkqubo 1.

Unxulunyaniso lokusebenza nohlalo lwabiwo-mali

Inkcitho yenkqutyana yeNkqubo 1: Ulawulo lwaba njengoku kulandelayo:

INkqutyana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela R'000	INkcitho eyiyo R'000	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R'000	ULwabiwo-mali lokuGqibela R'000	INkcitho eyiyo R'000	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R'000
IOfisi yeMEC	8 919	8 919	-	9 239	9 239	-
IiNkonzo zoLawulo lweMali	34 253	33 969	284	32 560	31 737	823
IiNkonzo zoLawulo	22 174	22 174	-	23 127	23 061	66
Iyonke	**65 346**	**65 062**	**284**	**64 926**	**64 037**	**889**

Inkcitho engaphantsi inxulumene neMbuyekezo kuBasebenzi ngenxa yokulityaziswa kokuzaliswa kwezithuba. Ngaphezulu, ooMatshini neziXhobo (iilaptop) za-odolwa kodwa zange ziziswe ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo sokuqengqelwa kweengxowa-mali sangeniswa seelaptop kwiCandelo loLawulo-mali.

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Injongo

Ukubonelela ngeenkonzo zobugcisa nenkcubeko, zamaziko olondolozo lweMbali, zelifa lemveli, kunye nezinxulumene nolwimi kubemi beNtshona Koloni

IiNkqutyana

INkqutyana 2.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso kulawulo lweqhinga kwicandelo leMicimbi yeNkcubeko.

INkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko

Ukuququzelela uphuhliso, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusekwa kobume obubandakanyayo, namacandelo obugcisa nenkcubeko asebenza ngokufanelekileyo navuselelayo; nokuxhasa nokunceda iKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni ukuba imiliselo izigunyaziso layo zomthetho.

Inkqutyana 2.3: IiNkonzo yeMyuziyam

Ukukhuthaza ukukhawuleziswa kwenguqu kwilifa lemveli eNtshona Koloni ngokuzisa iinkonzo eziluthotho zolondolozo, ukulondolozwa, ukuphuhliswa nokukhuthazwa kwelifa lemveli kwiPhondo, oko kusenziwa ngokusetyenziswa kwamaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo.

Inkqutyana 2.4: INkonzo yolawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

Ukuxhasa nokunceda iLifa leMveli leNtshona Koloni ukuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo; ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999; ukuququzelela imiba enxulumene neWorld Heritage Convention Act 1999; ukuququzelela iinkqubo zokubeka emgangathweni okanye ukuguqulwa, apho kuyimfuneko, kwamagama endawo eNtshona Koloni ngokumilisela kwinqanaba lephondo izigunyaziso zoMthetho woMzantsi Afrika weBhunga laMagama eNdawo, 1998.

INkqutyana 2.5: IiNkonzo zeeLwimi

Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi zonke eNtshona Koloni ukuphuculwa kokunikezelwa kweenkonzo nokufikeleleka; ukukukhuthaza ngamandla ukuphuhliswa kweelwimi zemveli ebezivinjwe amathuba ngaphambil; ukuququzelela ukumiliselwa nokubekwa kweliso kuMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni; nokunikezela inkxaso yolawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni ukumilisela izigunyaziso zayo ezisemthethweni.

Umnikelo kwiMiphumela yeZiko

INkqubo inikele kuMphumela 1 weSebe ngokunikezela ngofikelelo kumathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho, kunye neengingqi zoluntu ezikhuselekileyo nezihambelanayo.

Imiphumela yeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

Ngowama-2021/22, iSebe liqhubekile ngokunikezela nenkxaso yolwimi ngohlobo lweenkonzo zokuhlela, zokuguqulela nezokutolika ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni zeNtshona Koloni noLwimi loSetyenziso leZandlaloMzantsi Afrika. Intsebenziswano kunye namaziko emfundo ephakamileyo yandiswa. ISebe liqhubile ngokunjalo ukuxhasa ukukhuthazwa koMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni ngokukhutshelwa kwentlawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, iqumrhu likarhulumente elingushedyuli 3C ngokuhambelana noMthetho woLawulo lweMali, uMthetho 1 we-1999.

ISebe liqhubile ukuxhasa umsebenzi ogunyazisiweyo ngokomthetho ngogunyaziso lwezibonelelo zelifa lemveli lephondo, iLifa eMveli leNtshona Koloni, ngokukhutshelwa kweentlawulo zonyaka nokubonelela ngabasebenzi abaphuma kwiHRMS ukuqalisa umsebenzi weziko. Ngaphezulu, iSebe likhuphe inkxaso-mali engaphezulu kwiqumrhu engama-R348,426 elungiselelwe uphuhliso lwesiseko seenkcukacha zamanani zerejista yelifa lemveli njengoko kudingwa ngumthetho ngokuphathelelene nezakhiwo ekwaliweyo okokuba zidilizwe ngokupheleleyo. Isigidi esi-R1 esingaphezulu sakhutshelelwa kwiqumrhu ukuqinisekisa okokuba iqumrhu lineengxowa-mali ezaneleyo ukuthwala amatyala anakho ukwenzeka.

ICandelolamaZiko oLondolozo lweMbali, iLifa leMveli kunye neeNkonzo zaMagama eeNdawo lincede ngamangenelo athe anikela kwisahluko seResistance and Liberation Heritage Route yePhondo leNtshona Koloni.

INkqubo yoPhuhliso loBugcisa, esekelwe zizigunyaziso zomthetho kunye neenjongo zeqhinga, iyile inkqubo yophuhliso lobugcisa exhaswa zintsika zayo ezintathu zokuchongwa kwetalente, uphuhliso nenkuthazo. Ngokusetyenziswa kwedrama, umdaniso, umculo, ubugcisa bokufunda nophuhliso lokwenziwa kwempahla iyunithi ixhibe ukumilisela iinkqubo zoqeqesho eziya kujolisa ekuphuhliseni izakhono zobugcisa zolutsha kwizithili ezisemaphandleni. Iiprojekthi zoqeqesho ziya kufikelela ekubonisweni komboniso ngeminyhadala nemiboniso. Inkqubo yophuhliso lobugcisa izamela ukuqinisa uthelelwano lwayo kunye nemibutho yecandelo likarhulumente nelangasese ebandakanya imibutho yasekuhlaleni.

Ulawulo

I-EPWP idale amathuba omsebenzi engama-366 kwiinkalo zokwenza inkqubo yololongo lwezakhiwo, imiboniso yobugcisa, nolawulo, ilifa lemveli, iimyuziyam, amathala eencwadi noovimba.

UBugcisa neNkcubeko

Ubugcisa bululutho obuthi bukhokhelele kuvuselelo olukhulu lobugcisa kunye nenguqu ngeli thuba kubhangiswa izithintelo, kuxhotyiswa izenzo ezahlukeneyo, kunye nengqiqo nkukhuthazwa konxibelelwano lwabantu. Inakho ukwenza abantu babe nesineke sezimvo zabanye abantu nokunceda ekwandiseni inkunzi yentlalo kuluntu. Xa ubugcisa buhlanganiswe kubume boluntu, buyanceda ukutsala italente entsha, buzise ingququ, yaye bunakho ukukhulisa uqoqosho. Wonke umntu uyabonelelwa kubugcisa, ngoko, kukho isidingo sokuxhasa icandelo lobugcisa nenkcubeko. Izibonelelo ezinikezelwe kwicandelo zibangela amagcisa abe nokuthatha imingcipheko ze enze imitsi engumngeni kuthi wokokuba sicinge ngohlobo olwahlukeneyo.

Ngonyaka-mali wama-2021/22 kubekho ukuqaliswa kwenkqubo yokwenziwa kwezicelo nge-intanethi kunye nenguqu yomgaqo-nkqubo ovumela ukunikezelwa kwenkxaso kwimibutho, kubantu ngabanye nakwiinkampani. ISebe lixhase imibutho engama-78, nabantu abali-17, kunye neenkampani ezisibhozo ukulungiselela ukumilisela iinkqubo zazo kunye nemisebenzi kulo lonke iphondo. ISebe likhuthaza intsebenziswano phakathi kwemibutho kunye neenkqubo njengoko oku kunikezela ngamava ayiliweyo kunye nokuyila kunye imisebenzi yobugcisa yaye ithathela ingqalelo isakhonosobugcisa sokwakha uluntu olomeleleyo ngamathuba amabi njengoko ingamandla kuvuselelo nokuphila.

INkqubo yeZiko loBugcisa loLuntu leNtshona Koloni yinkqubo exhaswa ngemali sisizwe ethe yathotyelwa ezantsi kumaPhondo yaye inkqubo izama ukuqinisa amaziko obugcisa oluntu kuzo zonke izithili ukuxhasa indima ebalulekileyo ethi idlalwe ngamaziko obugcisa oluntu kunye nemibutho ekwakheni uluntu olomelelyo. Uphando luqhutyiwe kubume bamaziko obugcisa oluntu kwiPhondo yaye esinye sezindululo ezivele kufundo kube nomphumela wokusekwa kothungelwano lwemibutho yobugcisa ukuxhasa nokuqinisa ubugcisa bamacandelo oluntu njengeentsika zophuhliso lobugcisa boluntu.

Isambuku samagcisa angama-25 abekwa kwizikolo ezintandathu eCape WineInds, eCentral Karoo naseWest Coast njengenxalenye yenkqubo yaMagcisa eZikolweni. Inkqubo inikezela nekharutyhulam eyamkelweyo yobugcisa kubafundi abanomdla wokufunda ummandla

onjalo wobugcisa ofana nomculo kune nomdaniso. Nangona ubhubhane ethintele umiliselo olupheleleyo lwale nkqubo kunyaka ophantsi kovavanyo, inikezele ngoqeqesho kumagcisa kunye nootitshala besikolo ukulungiselela ukumilisela ikharityhulam evunyiweyo yobugcisa kwizikolo ezichongiweyo. Kunye nemibutho yobugcisa yoluntu lwengingqi, amagcisa engingqi achongelwa uqeqesho ze abekwa kwizikolo zengingqi ukunikezela ngenkxaso kumiliselo lwekharityhulam yobugcisa.

INkqubo yoPhuhliso loMculo yaqaliswa e-Overberg, eCentral Karoo, nakwiCape Metro. ISouth African Songbook yeyokuqala yolu hlobo yaye ucweyo lwabanjwa eBarrydale ngentsebenziswano ne-Institute for Music and Indigenous Arts Development (IMAD). Umsitho watsala ngaphezulu kolutsha olungama-60 kwizifundo zomngqungqo ngabanamava omngqungqo bengingqi yeNtshona Koloni abafana noGeorge Werner, uJannie Hanneport, u-Eldred Schilder, kunye no-Ivan Bell. Iinguqu ezintsha zenziwa kwisithuba sedijithali yaye imiboniso yarekhodwa yaze yafakwa kumaqonga e-intanethi afana noYouTube kulungiselelwa iinjongo zokuboniswa kulungiselelwa uluntu ngokubanzi okokuba lufikelele.

Uphuhliso lomculo weeKwayara wase-Overberg lubangele okokuba iSebe lisebenzisane neCape Town Opera, iWECCMA (Western Cape Choral Music Association) kunye noomasipala bengingqi ukunikezela ngoqeqesho lokucula lweemvumi eziselula nezindala. Ngaphezulu kwama-300 eemvumi athabathe inxaxheba kucweyo yaye athabatha inxaxheba kukurekhodwa komboniso womnyhadala owathi nawo ngokunjalo wafakwa kwiYouTube ukulungiselelwa ukuboniswa.

Ukubhalwa kwengoma, kunye nocweyo loshishino lomculo kwaqhutywa kwizithili ezithathu (eCentral Karoo, e-Overberg naseCape Metro). Ngokusetyenziswa kwale projekthi, amagcisa asakhulayo kunye nabaqambi beengoma baxhotyiswa kwindlela yokusebenza kweshishini lomculo kwingingqi nakwihlabathi. Abathabathi nxaxheba bafunda ukukunika ixabiso okuqulathwe kumculo wawo kumaqonga okubonisa afana neSpotify, iDeezer, kunye noYouTube ukwandisa amathuba omsebenzi wawo kumacandelo oshishino loyilo.

Ilinge leSebe lophuhliso lwedrama lamiliselwa kancinane yaye lamiliselwa kuphela kwiGarden Route. Kulo nyaka kusingethwe ucweyo lokubhalwa komboniso weqonga, ucweyo lophuhliso lomboniso kunye nocweyo loqeqesho lobuchule bethiyetha. Ucweyo lobuchule bethiyetha lwalingwa ngempumelelo enkulu apho kubekho uphuculo lwemiboniso yethiyetha. Le nkqubo itsale umdla kulutsha oluli-141 kuyo yonke imisitho ethe yavelisa imiboniso ephuhliswe ngokwenene eli-10. Ngecandelo loBugcisa elivulayo kancinane, iKunste Onbeperk yandlale uMnyadala wayo weKKNK, yaye abagqwese ngaphambili beDrama yeDCAS babe nakho ukubonisa umdlalo ophumelele ibhaso "Ek Eva" obhalwe nolawulwe nguStephren Saayman, umfundi welinge ledrama leSebe, othe kutsha nje waphumelela i-Fiesta for Best Newcomer kumabhaso eFleur De Cap.

INkqubo yeSebe yophuhliso lomdaniso ifumene amathuba enguqu anikezelwe ngubhubhane othe wayisusa inkqubo wayisa kwinqanaba eliphezulu. Inkqubo iphuhlise uluhlu lweeprojekti zophuhliso lomdaniso ezithe zaphelela kwiDance Evolution Festival oqhutyelwe e-Artscape. Umnyhadala ubuyintsebenziswano phakathi kweenkampani zomdaniso ezili-13, i-Artscape kunye neDCAS, enabathabathi nxaxheba abaphuma, kwiMetro, iCape Winelands kunye neCentral Karoo. Ijolise ekuboniseni umsebenzi wemibutho yomdaniso ebifumene inkxaso-mali ngaphambili evela kwiSebe nokuqiniswa kothelelwano kunye nezinye iinkampani zomdanisokulo lonke iPhondo.

Inkampani nganye yomdaniso yenze umsebenzi womdaniso, onomxholo, IZolo, Namhlanje, naNgomso", ngokuhambelana novuyiswano lweSikhumbuzo sowama-50 lwesakhiwo esine-Artscape. Umnyhadala uboniswe ngabadlali abahlanu abaphezulu abaphuma kwi*Knysna Dance Talent search* owawubanjwe eSedgefield kunye namaqela amahlanu aphezulu eRiel Dans aphuma kukhuphiswano lweSebe lwe-Online Riel, emva kokuzimasa inkampu iRiel Dans ekwiZiko leNkcubeko laseOkkie Jooste. Ngaphezulu, imisebenzi emitsha yomdaniso eyilwe kwiDance yeCo-lab yeSebe iqhutywe kwiziko leNkcubeko laseMelkbos.

Inkqubo yophuhliso lomdaniso elingwe kwiintlanganiso zeqonga ledijithali kunye nephulo lopapasho lweselula ekuthe kwavela imiboniswana yopapasho lweselula (imiboniso esisishwankathelo) ifikelela kubabukeli abangaphezulu kwama-9 000 ekupheleni kweyoKwindla 2022.

ISebe lisingethe iinkqubo zobugcisa bokufunda kwimimandla eyahlukeneyo yeNtshona Koloni. Ezi nkqubo bezinikezelwa kubabhali abasakhulayo, amachule, kunye nabafundi bazo okokuba bafumane amava ale kharityhulam ingaqhelekanga eyilwe ukuphuhlisa nokuxhasa ukubhlal okuqikelelweyo kuzo zonke iintlobo zoluncwadi. ISebe lisingethe uKhuphiswano lweSlam Poetry eKnysna ngomhla wama-25 kweyoMsintsi_2021 olwaluxhibe ekuvuseleleni iimbongi nababukeli ngokunjalo nokubuyisa uthando novuseleleko lwamazwi athethwa ngokukhwaza.

Intlanganiso yababhali abasakhulayo yasingathelwa eRobertson ngomhla wama25 ukuya kowama-27 kweyeSilimela 2021yaze yanika ulutsha lwengingqi ithuba lokuphucula izakhono zalo kukubhala ngokuzicingela yaye lwafumana amava okufunda awodwa navuyisayo. Incede ababhali bolutsha okokuba basebenzise ulwazi lwalo nengqiqo yezithethe ezibalulekileyo, ezethiyori, kunye nezobuchule kukuveliswa komsebenzi woluncwadi.

Iprojekti yokubaliswa kwamabali yabanjelwa eGugulethu, ngomhla wama-27 kweyeThupha 2021, ngentsebenziswano neCOCT kunye neLumkile's Book Joint. Inkqubo ijolise kwiindlela zongenelelo nokuhanjiswa kolwazi kunye nengcaciso kuzo zonke izizukulwana ngokusetyenziswa koluncwadi nokubaliswa kwamabali.

ISebe ligunyaziswe okokuba limilisele iiNtetho zoLuntu zoLungelelwaniso lweNtlalo rhoqo ngonyaka kulo lonke iPhondo. Injongo yenkqubokukunikezela ngeqonga kulungiselelwa iintlobo ezahlukeneyo zoluntu oluchongiweyo okokuba lunxibelelane ngemingeni ekhoyo efunyenwe ngamalungu oluntu. Iintetho ezintathu zolungelelwaniso lwentlalo zalungelelaniswa liSebe ngowama-2021/22.

ISebe lithelelene neKhomishoni yokuKhuthazwa nokuKhuselwa kwaMalungengelo eNkcubeko, eNkolo noLuntu loLwimi ngokunjalo neDCAS Social Cohesion Advocates. Umsitho uqhutyelwe eLwandle Migrant Labour Museum eStrand. Iingxoxo bezigxile ikakhulu kwimingeni yoluntu abathe abathathi nxaxheba baba nakho ukuyichaza ngokuyicalula efana nobulungisa bentlalo kunye namalungelo ootata babantwana. Le misitho yamkelwa kakuhle luluntu yaye uthelelwano lwentsebenziswano lunikele ekulungiseni imingeni ethe yanempembelelo kubume bentlalo yoluntu.

ISebe lizamela ukuvula amathuba okukhula ngenkqubo yenkxaso-mali, ngokuxhaswa kokuququzelelwa kweenkqubo zophuhliso lwezakhonokunye namathuba okuyilwa kwemisebenzi, ukunceda ukuthatyathwa kwenxaxheba luninzi kuqoqosho nokukhuthazwa kwenguqu nokomelela kubume bangaphandle obusoloko buguquka. Ukugxila okukhulu kube kukuvuselelwa kwezibonelelo, intsebenziswano nothelelwano ukulungiselela ukufezekisa

okulindelwe luluntu kunye namabango. Imisitho yoKhenketho lweNkcubeko elandelwa ziindlela ezintsha ezizayo ukuhambelana nezithintelo ezibekwe kwiintlanganiso zoluntu. ICape Town Carnival isingethe izizinda ezahlukeneyo ezihlanu zemisebenzi eyahlukeneyo ukubonisa iyantlukwano eNtshona Koloni nokunika imbeko kumagqala ethu kunye neendlela zobugcisa zemveli. Inkxaso-mali yethu incede iidolophu zasemaphandleni ezifana neStanford, Ashton, Hawston, McGregor kunye nezinye ukulungiselelela ukuyila izizinda zobugcisa nenkcubeko kwiingingqi zazo zoluntu ezilungiselelwe ulutsha okouba luhlole ze lufumane ikhono namathuba anikezelwa bubugcisa.

AmaZiko oLondolozo lweMbali , uLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli kunye neeNkonzo zaMagama eeNdawo

Iintshukumo ezingazange zibonwe ezithatyathiweyo ukuthoba ulwamvila lobhubhane weCovid-19 kunyaka-mali ongaphambili zibe nomphumela kokuvalwa ngci ngokupheleleyo kwayo yonke into yeemyuziyam kulo lonke ilizwe isithuba seenyanga ezintathu ukususela ngomhla wama-23 kweyoKwindla 2020 de kwaba ngumhla wesi-6 kweyeKhala 2020. La manyathelo angqongqo alawulwa ngokunjalo ngesithuba senyanga yeKhala kunyaka-mali wama-2021/22. Emva kwangoko, amaziko olondolozo lwembalizidingeke okokuba kwakhona zivale iingcango zazo kuluntu ngeli thuba. Ukuvala okunjalo nokuncipha ngokubanzi kamanani okhenketho lwehlabathi kube nomphumela ekubeni amaziko olondolozo lwembalizisingathe abatyeleli abambalwa kakhulu abezayo ngesithuba sowama-2021/22 xa kuthelekiswa namanani aphambi kobhubhane. Ngenxa yoko, amaziko olondolozo lwembalialahlekelwesisixa-mali esikhulu kwingeniso. Nangona kunjalo, amaziko olondolozo lwembalieNtshona Koloni akwazile ukujongana nomngeni zaze zaqhuba ukusebenza kwiqonga lonxibelelwano lobuxhakaxhaka bekhompyutha ukunikezela ngofikelelo kuluntu, olumiselwe ixesha, imiboniso ekwi-intanethi nemisitho. Ukwangezelela, amaziko olondolozo lwembaliamilisele imisitho kunxibelelwano olwenziwa kumaqonga awahlukeneyo kunye neenkqubo zemfundo xa zivunyelwe ngethuba lamanqanaba awahlukeneyo okuvalwa ngci kwayo yonke into.

Imiboniso ye-intanethi kunye nemisitho iqinisekise ngento yokuba uluntu lusafikelela kwamaziko olondolozo lwembalingethuba lokuvalwa kumanqanaba athile okuvalwa ngci kwayo yonke into nokubekwa kwamaziko olondolozo lwembali kwinqanaba elilungileyo kulungiselelwa abatyeleli ngethuba elizayo lenqanaba lovuselelo lobhubhane. Nangona kunjalo, akukhange kuthatyathelwe ingqalelo amathuba okulahleka kwengeniso evele kubantu abatyelela amaziko olondolozo lwembali (imirhumo yokungena) ngenxa yokuvalwa ngci kwayo yonke into. Ukulungiselela ukuqinisekiswa okokuba amaziko olondolozo lwembali eNtshona Koloni ziyakwazi ukuhlala zivuliwe yaye ziyafikeleleka kuluntu, iSebe libonelele ngenkxaso-mali yoncedo yeCovid-19 kwiimyuziyam ezimanyanisiweyo ngowama-2021/22 sesambuku sezigidi ezi-R3.1.

AmaZiko oLondolozo lweMbali alungelelanise ngokulungileyo kukuvulwa ngamanqanaba koluntu ngokunikezela nemisitho yonxibelelwano lwentlalo efana zokuqaliswa kwemiboniso kunye neenkqubo zemfundo ukukhuthaza impilo-ntle ngokubanzi yabemi eNtshona Koloni. Oku kukhuthaze uluntu oluxhasayo nolulolongayo ukuqiniswa ulungelelwaniso lwentlalo nokubandakanywa, ethe yachatshazelwa yimiqathango yokuvalwa ngci kwayo yonke into. Ngaphezulu, amaziko olondolozo lwembali amanyanisiweyo ezili-12 zithabathe iinxaxheba kwinkqubo yeholide kweyoMnga yowama-2021 ethe yakhuthaza abafundi neentsapho okokuba banxibelelane ngowentlalo ukumisela kwakhona unxulumano losapho. Kulo lonke eli xesha, iSebe liqhubekile ukuqinisekisa ngento yokokuba izicwangciso eziyimfuneko

zokusebenza zemyuziyam zikho ukuhambelana nayo yonke imithetho yempilo. Oku kwenziwa ukuqinisekisa okokuba iimyuziyam ziyahambelena nemithetho yesizwe yaye zinakho ukusebenza ngokukhuselekileyo.

Ngaphezulu, iNkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali ixhase amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo ezingama-32 kuyo yonkeiNtshona Koloni ngekxaso yezibongo, umculo nedrama, ubuchwepheshe bolawulo lokuqokelela, iinkqubo zemfundo, kunye nophuhliso lwemiboniso ngowama-2021/22. Oku kubandakanya ukubhengezwa kweBlombos Museum of Archaeology entsha kweyeThupha 2021. Ngaphezulu, iNkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali lihlawule inkxaso-mali yonyaka kwamaZiko oLondolozo lweMbali ancedwa liPhondo kunye neminikelo yoncedo kwamaZiko oLondolozo lweMbalieNgingqi ezintlanu ngowama-2021/22 ukuqinisekisa ngento yokuba lamaziko olondolozo lwembali anezibonelelo eziyimfuneko zokusebenza ukusebenzela uluntu.

Uqeqesho kunye nolwabelwano lolwazi kubume bamaziko olondolozo lwembaliluqhubile kuye wonke unyaka wama-2021/2022, luncedwe zizakhono ezitsha kunye neetheknoloji ezidingekayo ngethuba lonyaka-mali ongaphambili. INkonzo yeziko lolondolozo lwembali isingethe iNtlanganiso ebanjwe kumaqonga amaninzi kunye nabalawuli bamaziko olondolozo lwembaliamanyeneyo kunye namalungu equmrhu elilawulayo ukusuka ngomhla wesi-9 ukuya kowe-11 kweyeSilimela 2021 ukulungiselela ukuxoxa ukubekwa esimeni esisiso nokuvuselelwa kweemyuziyam emva kokuphela kweCovid-19. Ucweyo lunikezele ngoqeqesho kubaphathi bamaziko olondolozo lwembali amanyeneyo kunye nabameli bequmrhu lolawulo. Abaphathi bamaziko olondolozo lwembalikunye nabaphathi bamaqumrhu olawulo amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo babe nakho ukuxoxa imicimbi ebalulekileyo neSebe.

Ukuhlaziywa kwemiboniso amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo, yaye imiboniso iqhubile ngowama-2021/22. Imiboniso esigxina kwiCP Nel Museum (e-Oudtshoorn) ihlaziyiwe kunye nemiboniso emitsha ejolise kwimbali yengingqi, ingakumbi ukufuduswa ngetshova e-Oudtshoorn kunye nendima yabasebenzi kuShishino lweeNciniba. Uhlaziyo olunjalo luyinxalenye yenjongo yeqhinga lamasebe lokuguqula imbonakalo yelifa lemveli nokuqinisekisa ngento yokuba amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo zibonelela ngemiboniso ebandakanyayo ngokwentlalo kunye neenkqubo kuluntu.

Iprojekthi yomboniso omtsha, yaqukunjelwa ngokunjalo eLeeuwenhof equlunqwe ngamacandelo awahlukeneyo amathathu. Okokuqala, ukukhunjulwa kwelifa lobukhoboka eLeeuwenhof, okwesibini umboniso wobugcisa ngelifa lobukhoboka kubandakanywa imisebenzi yobugcisa evela kuqokelelo lweZiko loLondolozo lweMbali laseKapa, yaye okwesithathu, iSlavery Remembrance Gallery ebonisa ubugcisa belo xesha obunceda ngothelelwano nemibutho engajonganga nzuzo, i-Association of Visual Arts. I-Slavery Remembrance Gallery inikezela kumagcisa engingqi ngethuba lokukhuthaza nokuthengisa imisebenzi yawo yobugcisa, exhamla ngokwemali kwinkqubo. Umboniso wavulwa ngokusesikweni yiNkulumbuso ngomhla we-19 kweyoMdumba 2022. Ngaphezulu, iZiko loLondolozo lweMbali laseKapa liququzelele iihambo ezimbini kumGqibelo wokuqala wanyanga zonke ovulelekileyo kuluntu okokuba lutyelele le miboniso kunye igumbi ekuboniswa imiboniso yobugcisa.

ISebe lithabathe inyathelo ngaphezulu elibheka phambili ekuququzeleleni ufikelelo olwandileyo kuqokelelo nemiboniso yeziko lolondolozo lwembali ngokuqukumbela iMemorandam yeSivumelwano kunye neGoogle Arts and Culture ngowama-2021/22. I-Google Arts and Culture sisithuba somboniso okwi-intanethi esinikezela ufikelelo kubabukeli abaninzi. Umboniso ongowezityalo ezinyangayo uya kuba ngowokuqala ukuqukunjelwa

waze wasingathwa kwiqonga leGoogle Arts and Culture. Xa kuyilwa umboniso, unonophelo luya kuthatyathwa ukuthintela ulwabelwano lwengcaciso ngezityalo ezinyangayo eziyipropati yengqiqo ekhuselweyo yamaxhwele kunye noluntu.

INkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali liqhubilele ngaphezulu lazibophelela ngokubhekiselele kukungcwatywa ngokutsha kwemizimba yabantu kwiimyuziyam ezimanyeneyo. Ngethuba lowama-2021/22 isebe liququzelele ngempumelelo ukungcwatywa ngokutsha kwemizimba yabantu kwiZiko loLondolozo lweMbali yaseGenadendal ngomhla we-13 kweyoMsintsi 2021 kunye neZiko loLondolozo lweMbali i-Old Harbour ngomhla wama-26 kweyeKhala 2021. UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo usingethe imisithi yokunikezelwa ngokusesikweni kwemizimba yabantu inikezelwa kuluntu. Kwimeko nganye umsitho wokungcwatywa ngokutsha uqukumbela inkquba yokubuyisela isidima somntu nokunika intuthuzelo kuluntu.

Ukujonga phambili, inkxaso kwamaziko olondolozo lwembali amanyeneyo iya kuqhubeka kunyaka-mali olandelayo ngendlela yenkxaso-mali, ukuthengisa nokukhuthaza, imfundo kunye noqeqesho, uphuhliso lomboniso, umsebenzi wolondolozo, ukubekwa kwabasebenzi, ukulolongwa nokucetyiswa. Apho kukho izibonelelo ezaneleyo, iinkonzo ziya kwandiselwa kwiimyuziyam ezingamanyaniswanga ngokunjalo. Ngaphezulu, iNkonzo yamaZiko oLondolozo lweMbali liya kuqhubeka ngokwenza umnikelo omkhulu ngokubhekiselele kuyilo lwemisebenzi kwiPhondo ngokubekwa kwabaxhamli (abaqeqeshelwa engqeshweni) be-EPWP kwamaziko olondolozo lwembali amanyaneyo kwiiprojekthi ezinxulumene kuphicotho-zincwadi nokufakwa kwidijithali koqokelelo lweziko lolondolozo lwembali, ukhenketho, ulawulo nololongo.

Kubume belifa lemveli, iSebe liqhubile ngenkxaso yalo yequmrhu, iHWC, ngentlawulo ekhutshelweyo yonyaka. Ngaphezulu, iSebe libonelele ngenkxaso-mali engaphezulu kwiqumrhu esisixa-mali esingama-R384,426 kulungiselelwa uphuhliso lwesiseko seenkcukacha zamanani erejista yelifa lemveli njengoko kudingeka ngokwemiqathango yecandelo 34 loMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli onguNombolo 25 we-1999 ngokuphathelele kwizakhiwo ezale ukutshatyalaliswa ngokupheleleyo. Isigidi esi-R1 esingaphezulu sakhutshelelwa kwiqumrhu ngowama-2021/22 ukuqinisekisa ngento yokuba iqumrhu lineengxowa-mali ezaneleyo ukuhlawula amatyala angakho ebengalindelekanga.

Ngaphezulu, iSebe liyaqhuba ukuxhasa iRLHR, eyiprojekti yesizwe eqhubekayo yeSebe lesizwe leMidlalo, uBugcisa neNkcubeko, equlathe ukuqaliswa kumaziko angama-27 okanye kwiindawo ezibalulekileyo ezinxulunyaniswe kwinkcaso yelizwe kunye nelifa lemveli lenkululeko. ISebe liyinxalenye lale projekthi yesizwe ukukhuthaza amaziko abalulekileyo anxulumene nenkcaso nenkululeko yelifa lemveli kwiPhondo. IZifundo zokuLungela zaqukunjelwa kulungiselelwa iMadiba House yeZiko loLungiso laseDrakenstein, eliyinxalenye yeRoad To Freedom: AmaZiko anxulumene neNelson Mandela's Route to Freedom ngomhla we-11 kuFebruwari 1990; kunye neprojekthi ekubhekiselelwe kuyo njengeTussen Die Riviere: kuKhunjulwa kwelifa lokuqala lenkcaso ngabantu bemveli eMzantsi Afrika. Imiphumela yazo zozibini izifundo kukuqwalaselwa kokuhlanganiswa kwembali yala maziko kwiRLHR epheleleyo, nendlela elungileyo engakhunjulwa ngayo ze ilawulwe.

Ngaphezulu, iSebe ngentsebenziswano neHWC liqhubele phambili kumsebenzi walo kunye neKomiti eQuquzelelayo phakathi kwamaPhondo equlathe abameli bakaDCAS, HWC, AMAFA Heritage kunye neResearch Institute, kulungiselelwa iSebe laseKZN loBugcisa neNkcubeko, SAHRA kunye neSebe lesizwe laMahlathi, ukuLoba neNdalo. IKomiti ixhase ukubandakanywa kweSibhudu Cave eKZN kwi-Emergence of Modern Humans World Heritage

Site Nomination Dossier. Ukubandakanywa kweli ziko kuqinisa ngaphezulu uvuselelo lwefayile enika ingxelo elungiselelwe iwonga leWHS ngokwemiqathango yendlela yokukhetha ye-UNESCO elungiselelwe i-Outstanding Universal Value. Ifayile epheleleyo enika ingxelo ithe yangeniswa kwiZiko leLifa leMveli leHlabathi ngoSeptemba wama-2021 kulungiselelwa ukuhlolwa kokuphelela yaye nezimvo ezamkelwe emva kwangoko zalungiswa. Ifayile yotyumbo ilungile yaye ilulungele ukungeniswa ngokusesikweni. Kwisigqibo seKhabhinethi yeSizwe safikelelwa ngethuba lentlanganiso yayo yomhla wesi-9 kweyoMdumba 2022, iKhabhinethi yeSizwe yamkele ungeniso lwefayila "ye-Emergence of Modern Humans: The Pleistocene Occupation Sites of South Africa" kwiZiko leLifa leMveli leHlabathi kulungiselelwa ukuqwalaselwa nokubhalwa njngeNdawo yeLifa leMveli yiHlabathi.

IiNkonzo zoLwimi

Ukugxila okungundoqo kwecandelo lweelwimi lweSebe kukunikezela ngeenkonzo zoguqulelo, zokutolika nokuhlola/nokuvavanya nokubhaliweyo kumasebe eWCG. Kunyaka ophantsi kovavanyo, iSebe likugqithile okucwangcisiweyo kwalo ebelijolise kuko kwiinkonzo zenkxaso yolwimi ezinikezelwa kwiilwimi ezintathu ezisesikweni kunye noLwimi loSetyenziso lweZandla. Oku kubangelwe ikakhulu kukwanda kwebango elivela kumasebe ephondo leenkonzo zolwimi ukulungiselela ukunxibelelana nabemi ngethuba lobhubhane lweCovid-19. Ekujolswe kuko okucwangcisiweyo kwama-380 kwakugqitha ngoku, okube nesiphumo sokugqibela sama-521.

Ngowama-2021 iSebe linikezele ngenkxaso-mali ngokubhekiselele kwiprojekthi yesiChazi-magama seKaaps seeLwimi eziNtathu iKaaps/isiBhulu/isiNgesi ethe yaqaliswa yiCentre for Multilingualism and Diversities Research yeYunivesiti yeNtshona Koloni kunye neHeal the Hood Projekthi, iNGO yoluntu. Iluhlobo lokuqala, isiChazi-magama seKaaps seeLwimi eziNtathu yiprojekthi yengqokelela yenkcazelo eya kuthi iphuhlise isichazi-magama sokuqala seKaaps. Ukuza kuthi ga ngoku iqela lokubhalwa kwencwadi echaza amagama sele liqulunqe izicatshulwa eziphuma kwimithombo yeenkcukacha zolwazi olwahlukeneyo, efana nabapapashi, amathala eencwadi, ababhali bamabali, amagcisa ehip hop, abahlekisi kunye neebloga. Izicatshulwa izicatshulwa zasinga-singelwa kwiinkqubo zekhompyutha ezinika ingqwalasela kwisisicatshulwa ze zafakwa kwingqokelela yokubhaliweyo okuthile. Ibhodi yohlelo ephambili ingenele uqeqesho olubanzi lweengqokelela yokubhaliweyo kunye nakukuchazwa kwamagama, okubandakanya uqeqesho kuyilo lwesichazi magama. Ngowama-2022/23 iprojekti iya kujolisa ngaphezulu kuphuhliso nophando lweSichazi magama seeLwimi eziNtathu.

ISebe likhumbule uSuku lweHlabathi lokuFunda ngomhla wesi-8 kuSeptemba 2021 ngentswebenziswano kunye neDie Afrikaanse Taalraad, i-Indigenous Language Action Forum, Iziko Museums of South Afrika, iThala leeNcwadi leSizwe loMzantsi Afrika, iPanSALB, iProjekthi yoLwimi yeSupuSupu Khoi, iBhodi yoLwimi lweSwahili, iYunivesiti yeNtshona Koloni, kunye neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni. Lo ibe ngumsitho wonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ovumayo okokuba ukukwazi ukufunda lilungelo lomntu yaye sisiseko sophuhliso. Umsitho ubonise ababhali abahlukeneyo waze waqaqambisa ukubaluleka kokukwazi ukufunda kunye nokufunda malunga noluncwadi kunye nolwimi.

Ngaphezulu, iSebe lisebenzisene nala mahlakani angasentla ngokusingatha umsitho obanjwe ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ukukhumbula uSuku lweLIfa leMveli ngomhla /wama-24 kweyoMsintsi 2021. Izithethi ezahlukeneyo kwicandelo lolwimi nakwelelifa lemveli zamenyelwa kulwakhiwo lwesizwe nokulondolozwa kwelifa lemveli. Ngaphezulu

kwinkuthazo yeelwimi ezisesikweni zePhondo, uLwimi loSetyenziso lweZandlalaseMzantsi Afrika, ukukhuthazwa kweKaaps and Khoekhoegowab kubonakaliswe ngokucacileyo.

Ngesithuba sekota yesithathu iSebe, ngentsebenziswano nePanSALB kunye neKomiti yoLwimi eNtshona Koloni liqeshe umnikezeli ngenkonzo:

- ukuvavanya ukumiliselwa kwamasebe kaRhulumente weNtshona Koloni kuMgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Koloni;
- ukufumanisa ukuba yeyiphi imingeni, ukuba ikho, ethe yafunyanwa ngamasebe ekumiliseleni uMgaqo-nkqubo; kunye
- ukufumanisa ukuba yeyiphiimiqathango ecwangcisiweyo, ukuba ikho, eya kumilisela ngokupheleleyo uMgaqo-nkqubo.

Umphumela kunye nezindululo eziqulathwe kwingxelo yokugqibela uya kuhlaziywa ngokutsha liSebe ze emva kwangoko zandlalwe ze kwabelwane ngazo kunye namanye amasebe ephondo.

Ngokuhambelana nesigunyaziso salo sokulungisa ukungalingani kwelwimi nokukhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke nofikelelo kwimidlalo, iSebe liququzelele ukuguqulelwa kweNcwadi yeMigaqo yoBuchule noKhuphiswano loMbutho wezaManqindi kwisiXhosa. Oku kunikele ngaphezulu ngokubhekiselele kwilifa lemveli lolwimi loMzantsi Afrika yaye ingakumbi ulwimi lwesiXhosa ngokuqulunqwe kwesigama esitsha.

ISebe lisingethe ingxoxo yeqela ngomhla we-18 kweyoMdumba 2022 ngentsebenziswano neCape Peninsula University of Technology, iSixeko saseKapa, i-Die Afrikaanse Taalraad, i-Indigenous Language Action Forum, Iziko Museums of South Africa, iKonrad Adenhauer Stiftung, iNational Library of South Africa, iPanSALB kunye neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni. Umsitho, othe waqhutywa kwi-Iziko Museums of South Africa, ujolise kwimingeni ekwigumbi lokufundela phakathi komfundi notitshala. Abathabathi nxaxheba bajolise kwindlela ilizwe elingasebenzisa ngalo ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi zonke ukususela kwangethuba kwisikolo samabanga aphantsi. Ukubaluleka kolwimi lwenkobe kwaxoxwa ngokunjalo nokufundwa kwezinye iilwimi. Inkqubo yachazwa njengoyamkela iyantlukwano ngelixa isomeleza ngokunjalo ulungelelwaniso lwentlalo.

ISebe lisingethe intlanganiso yolwimi ukukhumbula uSuku lweHlabathi loLwimi lweNkobe ngomhla wama-21 kweyoMdumba 2022 ngentsebenziswano namanye amahlakani. Umxholo womsitho wonxibelelwano obanjwe ngobuxhaxhaka-xhaka bekhompyutha yayingulo "Celebration of Linguistic and Cultural Diversity". Izintethi zazijolise ikakhulu kukukhuthazwa kwesiXhosa, uLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika, iKaaps kunye neKhoekhoegowab.

ISebe lisingethe iintlanganiso ezine zeForam yoLwimi yePhondo leNtshona Koloni (PLF) ngesithuba sowama-2021/22, ezijolise kwiingxoxo ezimalunga nezikhokhelo zohlobo zolwimi kunye nophuhliso lwesigama.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo yandlalwe kwitheyibhile engasezantsi:

Imiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyiweyo kwinkqubo yokwandlalwa kwenkqubo yokufakwa kwetheyibhile

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO										
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngokunxaxha	Isizathu sokuhlaziywa kwe-APP
INkqutyana 2.2: UBugcisa neNkcubeko										
1	Inkxaso yemali kwimibutho yobugcisa nenkcubeko.	2.2.5	Inani lemibutho yobugcisa nenkcubeko exhaswe ngeentlawulo ezikhutshelweyo	64	79	60	1	-59	Iintlawulo azibanga nakwenziwa de inkqubo yokuhlaziywa komgaqo-nkqubo kwaqukunjelwa.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngokutsha ngenxa yeCovid-19.

Imiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo kwitheyibhile

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
INkqutyana 2.1: ULawulo									
1	Amathuba emisebenzi ye-EPWP	2.1.1	Amathuba emisebenzi ye-EPWP ayiliweyo	402	366	425	366	-59	Ngenxa yeCovid-19, kubekho uguqulo oluphantsi lwabaxhamli kwaze ngoko kwayilwa amathuba ambalwa.
2	Amathuba omsebenzi ayiliweyo ngeenkqubo zobugcisa, zenkcubeko nelifa lemveli	2.1.2	Inani lamathuba omsebenzi ayiliweyo ngeenkqubo zobugcisa, zenkcubeko nelifa lemveli	-	473	460	552	+92	Ugxininiso olukhulu lwabekwa ekuyilweni kwemisebenzi ngowama-2021/22 yaye abantu ngokunjalo nemibutho yaxhaswa.
INkqutyana 2.2: uBugcisa neNkcubeko									
1	Iinkqubo zolwakhiwo lwesakhono	2.2.1	Inani lamagcisa ancedakalayo kumathuba olwakhiwo lwekhono	355	194	230	245	+15	Uyilo lothungelwano olulawulweyo lube nomphumela lwenzebenziswano eyandisiweyo ethe yandisa ufikelelo lweenkqubo.
1	Imisitho yesizwe nemihla yembali ekhunjulweyo	2.2.3	Inani leentsuku zesizwe nezembali ezikhunjulweyo	3	3	3	3	-	-
1	Inani lezakhiwo ezixhasiweyo	2.2.4	Inani lamacandelo oluntu axhasiweyo	34	19	37	37	-	-
1	Inkxaso yemali kwimibutho	2.2.5	Inani lemibutho yobugcisa	-*	-*	85	103	+18	ISebe liguqule indlela yalo yokuxhasa ngemali

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
	yobugcisa nenkcubeko.	(ihlaziyiwe)	nenkcubeko exhaswe ngeentlawulo ezikhutshelweyo						imibutho kuphela ukubandakanya abantu kunye neenkampani ezikwicandelo lobugcisa.
1	Amaqonga omboniso nawokuthengisa	2.2.6	Inani leeprojekti zokuphuhlisa nokukhuthaza ubugcisa nenkcubeko	23	3	15	15	-	
1	Inkxaso yemali kwiiKhomishini zeNkcubeko	2.2.7	Inani leeKhomishini zeNkcubeko ezixhaswe ngeentlawulo ezikhutshelweyo	1	1	1	1	-	-
2	Iincoko zoluntu/iingxoxo ezibanjiweyo ukukhuthaza unxibelelwano lwentlalo	2.2.8	Inani leencoko zoluntu/iingxoxo ezibanjiweyo ukukhuthaza unxibelelwano lwentlalo	3	3	3	3	-	-
1	Uvuselelo lolwazi loluntu kwiphulo elibizwa ngokuba "I am the flag campaign"	2.2.9	Inani lovuselelo lolwazi loluntu kwiphulo elibizwa ngokuba "I am the flag campaign"	-	4	4	4	-	-
1	Amagcisa abekwe ezikolweni	2.2.10	Inani lamagcisa abekwe ezikolweni ngonyaka ngamnye	-	0	25	25	-	-
INkqutyana 2.3: IiNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali									
1	Imisitho yokuthengiswa	2.3.1	Inani lemisitho yokuthengiswa	3	3	3	4	+1	Ithuba livelile kwiziko lolondolozo

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
	kwemiqondiso yesizwe nemigaqo		kwemiqondiso yesizwe nemigaqo						lwembaliemanyeneyo ukulungiselela ukusingatha enye inkqubo kwi-Q3 yaze yamiliselwa ngokufanelekileyo.
1	Inkxaso yemali neyolawulo kwamaziko olondolozo lwembali amanyeneyo	2.3.2	Inani lamaziko olondolozo lwembaliamanyeneyo ezixhasiweyo	31	31	31	32	+1	Ukuncedwa kwamaziko olondolozo lwembaliamanyeneyo ngeprojekthi eyangezelelweyo. lingxowa-mali zabekwa phambili ukunikezela ngenkxaso eyangezelelweyo.
1	liNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali ezilolongwe kakuhle ezinikezela ngenkxaso eqhubekayo kwamaziko olondolozo lwembaliamanyeneyo	2.3.3	Inani leeNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali alolongiweyo ezinikezela ngenkxaso kwamaziko olondolozo lwembaliezimanyeneyo	1	1	1	1	-	-
1	Amaqonga olwabelwano ngolwazi azinyaswe ngamaZiko	2.3.4	Inani lamaqonga olwabelwano lolwazi lweZiko loLondolozo lweMbali asingethweyo	1	1	1	1	-	-

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
	oLondolozo lweMbaliamanyeneyo kunye naBameli beQumrhu loLawulo								
	Ukunikezelwa kweenkqubo zemfundo kwamaziko olondolozo lwembaliamanyeneyo	2.3.5	Inani leenkqubo zemfundo kwiziko lolondolozo lwembali elinikezelweyo	3	3	3	4	+1	Ithuba lizivelele kwimyuziyam ezimanyeneyo lokusingatha enye inkqubo kwi-Q4 yaze yamiliselwa ngokufanelekileyo.
1	Inani labatyeleli kwamaziko olondolozo amanyeneyo	2.3.6	Inani labatyeleli beziko lolondolozo lwembali	-	68 884	110 000	143 170	+33 170	Ukwanda kubalelwa kukunyenyiswa kwemithetho yokuvala ngci kwayo yonke into yeCovid-19 nolwamkelo olunyukileyo lweetheknoloji ze-intanethi.
INkqutyana 2.4: IiNkonzo zeZibonelelo zeLifa leMveli									
1	Iintlawulo ezikhutshelweyo zonyaka kugunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo	2.4.1	Inani loogunyaziwe belifa lemveli lephondo elixhaswe ngeentlawulo ezikhutshelweyo	1	1	1	3	+2	Iingxowa-mali zabekwa phambili ukuvumela ukhutshelo lweentlawulo ezangezelelweyo.
1	Uhlaziyo noqinisekiso lwamagama eendawo kwiphondo	2.4.2	Inani lamagama eendawo aqinisekisiweyo nahlaziyiweyo yiKomiti	405	340	340	351	+11	Ixesha elangezelelweyo labelwa uphando ngeli thuba eminye imisebenzi ibimbalwa ngenxa

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
			yaMagama eeNdawo zeNtshona Koloni						yempembelelo yeCovid-19.
1	Amangenelo ePhondo eResistance and Liberation Heritage Route (RLHR)	2.4.3	Inani lamangenelo ephondo eResistance and Liberation Heritage Route (RLHR)	-	2	2	2	-	-
INkqutyana 2.5: IiNkonzo zoLwimi									
1	Inkxaso yemali kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni	2.5.1	Inani lamacandelo olungelelwaniso lolwimi axhaswe ngokusetyenziswa kweeNtlawulo eziKhutshelweyo	1	1	1	1	-	-
1	Iiprojekti ezigqityiweyo ukukhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe leSA	2.5.2	Inani leeprojekti eziqwalasela izigunyaziso zomthetho ukukhuthaza Ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi ebezivinjwe amathuba i ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe leSA	7	5	3	6	+3	Ukumiliselwa kweeprojekti ezangezelelweyo kwkunokwenzeka ngenxa yamaqhinga entsebenziswano kunye namanye amaqumrhu, amathathu kuwo ibe zinkqubo eziqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha, yaye zidinga izibonelelo ezimbalwa.

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
1	Iinkonzo zenkxaso yolwimi ezinikezelwa ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zeNtshona Koloni kunye noLwimi lweZandla leSA	2.5.3	Inani leenkonzo zenkxaso yolwimi ezinikezelwa ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zeNtshona Koloni kunye noLwimi lweZandla leSA	-	492	380	521	+141	Kubekho ukwanda kwibango elivela kumasebe ephondo leenkonzo zolwimi ukulungiselela ukuhlangana nabemi ngethuba lobhubhane weCovid-19.

Qaphela: Izithuba ezihobe zomgqalisela zibonisa imigqalisela ehlaziyiweyo.

*Lo ngqalisela ubalelwa kwiintlawulo ezikhutshelweyo kuphela kwimibutho yobugcisa nenkcubeko kwiminyaka engaphambili.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngendlela engaphantsi kwelindelekileyo

Ekujoliswe kuko kwe-EPWP kuya kuhlaziywa ngokusekwe kwiindlela yokuguqulwa kwabaxhamli.

Ukusebenza okunxulumene kwiiNgcebiso ezibekwe emgangathweni kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo eMisebenzi eQhutywa kunye

Zonke iingcebiso ezibekwe emgangathweni kunye nemigqalisela yengcebiso ibandakanyiwe kwiziCwangciso zokuSebenza zoNyaka zaze ngoko zamiliselwa kwaze kwanikwa ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka njengoko kubonisiwe kwitheyibhile yokusebenza engasentla.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali

INkqutyana yenkcitho yeNkqubo 2: iMicimbi yeNkcubeko ibe njengoku kulandelayo:

Inkqutyana	2021/22			2020/21		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000
Ulawulo	3 153	2 841	312	4 328	3 753	575
Ubugcisa nenkcubeko	38 216	38 216	-	39 270	38 515	755
IiNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali	66 866	65 765	1 101	61 461	61 389	72
Iinkonzo zeziBonelelo zeLifa leMveli	10 597	9 145	1 452	7 375	6 855	520
Iinkonzo zeeLwimi	4 931	4 478	453	4 694	4 350	344
Iyonke	**123 763**	**120 445**	**3 318**	**117 128**	**114 862**	**2 266**

Inkcitho engaphantsi kwelindelweyo inxulumene neMbuyekezo kuBasebenzi ngenxa yokuziziliza kuzaliso lwezithuba. Ngaphezulu, ooMatshini neziXhobo (iilaptop) za-odolwa kodwa azathunyelwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo soqengqelo sangeniswa esilungiselelwe iilaptop kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo. Ngaphezulu, iingxowa-mali ekuphiswe ngazo liBhunga leSizwe leLifa leMveli kulungiselelwa ukusekwa kweResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) eNtshona Koloniazizange zichithwe ngokupheleleyo ngenxa yohlobo oluqhubekayo lweprojekti. Isicelo sokwabiwa ngokutsha kweengxowa-mali ezingachithwanga sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

4.3. Inkqubo 3: liNkonzo zeThala leeNcwadi nezooVimba

Injongo

Ukunikezela ngeeenkonzo ezibanzi zethala leencwadi nezooVimba eNtshona Koloni.

liNkqutyana

INkqutyana 3.1: ULawulo

Ukunikezela ngolawulo lweqhinga nenkxaso elungiselelwe iNkonzo yeThala leeNcwadi, iiNkonzo zooVimba namaCandelo oLawulo lokuQulathiweyo kweShishini.

INkqutyana 3.2: INkonzo yeThala leeNcwadi

Ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwdi ngokuhambelana nemithetho efanelekileyo nezigunyaziso zomgaqo-siseko.

INkqutyana 3.3: OoVimba

Ukunikezela ngeenkonzo zoovimba nezolawulo lweerekhodi ngokuhambelana noMthetho wooVimba bePhondo kunye neNkonzo yeeRekhodi weNtshona Koloni, 2005.

Ukumiliselwa kunye/okanye nokuxhaswa koLawulo lokuQulathiweyo leShishini (ECM)/MyContent kumaqumrhu kaRhulumente eNtshona Koloni

Umnikelo weMiphumela yeZiko

Inkqubo inikele kuMphumela 2 weSebe ngokunikezela ngofikelelo kwingcaciso kunye nolwazi oluxhasa ukuthanda ukufunda nokufunda ubomi bonke.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo

INkonzo yeThala leeNcwadi

Ekupheleni kweyoKwindla 2021, iNkonzo yeThala leeNcwadi ibe neendawo zonikezelo lwenkonzo ezingama-375 kulo lonke iPhondo. IBrandwag modular library eMossel Bay yavulwa ngokusesikweni ngomhla wama-20 kweyeDwarha 2021. IThala leeNcwadi laseNoordhoek eBergrivier lavulwa ngokusesikweni ngomhla we-15 kweyoMdumba 2022 nguNkulumbuso Winde. Ithala leencwadi likarhulumente laseHoek lavulwa ngomhla wesi-4 kweyoKwindla 2022 kuMasipala waseKannaland.

ISebe liqhubile ukufumana inkxaso-mali yeMinikelo oneMiqathango ukuxhasa amathala eencwadi oluntu nokunceda uluntu okokuba lufumane ulwazi kunye nengcaciso enokuthi iphucule isimo salo soqoqosho lwentlalo. INkqubo yeNkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala iqhubile ukunikela koomasipala abali-15 beCandelo B3 kwiPhondo ngenkxaso yemali. Aba babandakanya ooMasipala owaseBeaufort West, Bergrivier, Bitou, Cape Agulhas, Cederberg, Hessequa, Kannaland, Laingsburg, Langeberg, Matzikama, Prince Albert, Swartland, Swellendam, Theewaterskloof, kunye nowaseWitzenberg. Le nkxaso-mali idlale indima ebalulekileyo ekongezeleleni utyalo-mali lukamasipala ekunikezeleni iinkonzo zobuchule zethala leencwadi koomasipala abakwicandelo B3.

UMnikelo weThala leeNcwadi woMasipala oMbaxa uqhubile ukunikela kwiSixeko saseKapa.

Isibonelelo seTheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (ICT) sanikezelwa kwithala leencwadi lase-Elim eCape Agulhas, linika inani elipheleleyo leendawo ezithungelene ngokusetyenziswa kweProjekti yoThungelwano lweThala leeNcwadi laseMaphandleni laya kutsho kuma-229. Kuninzi lweengingqi zoluntu ezincinane iinkonzo ze-intanethi ezisimahla ezinikezelwayo kumathala azo eencwadi kukuphela kweenkonzo ze-intanethi ezifumanekayo kwezo gingqi zoluntu. Uninzi lwamathala eencwadi angama-229 ayinxalenye yelinge leBroadband loRhulumente weNtshona Koloni.

IThala leencwadi loMzantsi Afrika elilungiselelwe iprojekthi yeeMfama liyaqhuba ukunikela ngenkonzo eyodwa kuluntu, olungaboni kakuhle, kunye noqeqesho noxhotyiso kusetyenziso lwesixhobo esisodwa se-IT kumaThala amaNcinane angma-32 alungiselelwe iiMfama kwiPhondo. AmaThala amaNcinane amahlanu amatsha asekwa kumathala eencwadi karhulumente ePacaltsdorp, eSwellendam, eKnysna, eHornlee nelaseKranshoek.

Isebe liqhube utyelelo lokubeka iliso lobuchule oluli-1 109 kumathala eencwadi karhulumente, utyelelo lokubeka iliso oluli-15 koomasipala abakwinqanaba B3 notyelelo olungama-44 lokubekwa kweliso kubo bonke oomasipala ukubeka iliso kumiliselo loMnikelo oneMiqathango.

Amathala eencwadi karhulumente adlala indima ebalulekileyo ekuphuhliseni izakhono kwangethuba zokukwazi ukufunda kunye nothando lokufunda kubantwana ngokufikelela kuluntu, ukunikezela ngeenkqubo ezahlukeneyo, asebenza kuzo zonke izizukulwana, nokuphuhlisa isimo sesizwe zokufunda. Imizekelo yamangenelo okukwazi ukufunda ibandakanya upelo nokhuphiswano lokufunda, ilinge leRead-Out-Load, kunye neeyure zencwadi yamabali. Uninzi lwamathala eencwadi abe nenguqu ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into ngokusetyenziswa kweenkqubo zonxibelelwano eziqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha aze enza iinkonzo ezilungisiweyo zafumaneka umz., iinkonzo zekerb-side, iiyure zebali eliqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha kunye nemisebenzi. Umzekelo wenkqubo emiselweyo yayiyiklabhu yokufunda yebhola ekhatywayo yethala leencwadi laseRheenendal enamalungu angaphezulu kwekhulu, inempembelelo kusetyenziso gwenxa oluphantsi lweziyobisi inokusebenza kwemfundo okubgcono. Amathala eencwadi karhulumente aseTheewaterskloof athabathe inxaxheba kwiprojekthi lethala leencwadi lamaBali ali-1000, elinempembelelo kumsebenzi wokufunda nesikolo.

Koomasipala abaninzi ababhengezwe njengeendawo ezishushu, amanye amathala eencwadi karhulumente agqibe ukungavuleli uluntu ixesha elandisiweyo. Njengoko uluntu lungabanga nakho ukutyelela amaThala eeNcwadi kaRhulumente ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into ukuhlaziya ubulungu balo bethala leencwadi, kubekho ukuhla kubasebenzi ababhalisweyo bethala leencwadi.

Inkonzo entsha yencwadi ye-intanethi, iOverdrive, yaqaliswa ngo-Agasti 2021 ukuququzelela ufikelelo kwizibonelelo ze-intanethi ezilungiselelwe bonke abasebenzisi ababhalisiweyo bethala leencwadi eNtshona Koloni.

INkonzo yooVimba bePhondo

Iinkqubo zolwazi eziphelelyo ezintlanu zaqhutywa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Isambuku sabaphandi abangama-4 196 batyelela ooVimba yaye imibuzo engama-5232 yaqwalaselwa. Ukuqinisekisa ngento yokuba iirekhodi zovimba ziyalondolozwa yaye

ziyafikelelwa zikwisimo esilungileyo, ama-599 eerekhodi zoovimba abuyiselwa esimeni sangaphambili, zaze iimitha ezingama-259 zeerekhodi zalungelelaniswa ze zachazwa. Uluhlu lwempahla olusibhozo lwahlaziywa ukuququzelela ufikelelo olulula kwiirekhodi zovimba.

Ulawulo olulungileyo lweerekhodi kumaqumrhu karhulumente lulungile kulungiselelwa ukuphathwa okulungileyo nokuthatyathwa koxanduva. Ukuqhubela phambili imisebenzi karhulumente elungileyo, efanelekileyo, nokuthwala uxanduva, uphicotho-zincwadi lolawulo lweerekhodi olungama-31 lwaqhutywa, aze amangenelo oqeqesho ali-11 oLawulo lweeRekhodi anikezela kubazimasi abali-190 abaphuma kumaqumrhu karhulumente weNtshona Koloni.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo yandlalwe kwitheyibhile engasezantsi:

Imiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyiweyo kwinkqubo yokwandlalwa kwenkqubo yokufakwa kwetheyibhile

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA										
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	zifezekiso ezizizo 2021/22 (Q1 kunye Q2)	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngokunxaxha	Isizathu sokuhlaziywa kwe-APP
INkqutyana 3.2: IiNkonzo zeThala leeNcwadi										
2	Iindawo zenkonzo yethala leencwadi	3.2.8	Inani leendawo zenkonzo yethala leencwadi	378	374	380	0	-380	Oku kokujoliswe kuko konyaka okwahlaziywayo kwinkqubo yokwandlalwa ngokutsha.	I-APP yowama-2021/22 yaqukunjelwa phambi kokuqinisekiswa kwenani njenge-374 leendawo zenkonzo zethala leencwadi kokukunjelwa kophicotho-zincwadi lowama-2020/21.
INkqutyana 3.3: OoVimba										
2	Imibuzo ephendulweyo	3.3.4	Inani lemibuzo ephendulweyo	6 812	2 932	4 550	2 466	-2 084	Ngokusekwe kwimpembelelo yangaphambili yobhubhane weCovid-19 kunye nemibutho enxulumene naye, ekujoliswe kuko kwahlaziywa. Imibuzo iqutywa libango yaye ngoko kunzima ukuqikelela ngokuchanekileyo.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokuthiwa thaca ngokutsha ngenxa yeCovid-19.

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA										
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	zifezekiso ezizizo 2021/22 (Q1 kunye Q2)	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngokunxaxha	Isizathu sokuhlaziywa kwe-APP
2	Utyelelo ngabaphandi	3.3.5	Inani lotyelelo ngabaphandi kooVomba	9 316	2 649	5 050	1 787	-3 263	Ngokusekwe kwimpembelelo yangaphambili yobhubhane weCovid-19 kunye nemibutho enxulumene naye, ekujoliswe kuko kwahlaziywa. Imibuzo iqutywa libango yaye ngoko kunzima ukuqikelela ngokuchanekileyo.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokwandlalwa ngokutsha ngenxa yeCovid-19.

Itheyibhile yemiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo

Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
INkqutyana 3.2: IiNkonzo zeThala leeNcwadi									
2	Amathala eencwadi akhiweyo	3.2.1	Inani lamathala eencwadi agqiba ukwakhiwa kunye/okanye amathala eencwadi amiselwe ukusetyenziswa njalo axhaswe ngemeli ngonyaka ngamnye	4	0	1	2	+1	Ithala leencwadi likarhulumente laseSwellendam lagqitywa ngaphambili kwexesha ebeliqikelelwe.
2	Amaziko ethala leencwadi ahlaziyiweyo	3.2.2	Inani lamaziko akhoyo ahlaziyiweyo kulungiselelwa iinjongo zethala leencwadi karhulumente	4	0	0	0	-	-
2	Iimathiriyeli zethala leencwadi ezithengiweyo	3.2.3	Inani leemathiriyeli zethala leencwadi ezithengiweyo	3 941	2 109	2 500	3 107	+607	Inkxaso-mali yabekela phambili kuhlahlo lwabiwo-mali lweMpahla kunye neeNkonzo kuhlahlo lwabiwo-mali lweencwadi.
2	Utyelelo lokuBekwa kweliso	3.2.4	Inani lotyelelo lokuBekwa kweliso	1 495	477	1 107	1 190	+ 83	Ngenxa yokunyenyiswa kwemithetho yeCovid-19 nokuvulwa kwecandelo, utyelelo olungaphezulu lobuchule lokubekwa kweliso lwaqhutywa.
2	Iiprojekti zokuthengisa ithala leencwadi	3.2.5	Inani leeprojekti zokuthengisa ithala leencwadi	11	9	11	11	-	-
2	Iinkqubo zoqeqesho	3.2.6	Inani lenkqubo zoqeqesho ezinikelweyo kubasebenzi bethala leencwadi likarhulumente	29	15	17	37	+20	Uqeqesho olungaphezulu luyadingeka kwinkqubo yeencwadi ze-intanethi, ingxelo entsha yeenkcukacha zamanani, kunye nenkqubo

Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
									yeSLIMS ethi isetyenziswe ngamathala eencwadi ngeenjongo zolawulo lwee-asethi. Ngokufumaneka kweMS Teams nokuxhotyoswa kwabasebenzi ngokusetyenziswa kwayo, ilula ukusabela ngokukhawuleza kwiimfuno zoqeqesho olungalungelelaniswanga.
2	Amathala eencwadi ane-Intanethi efikelela kuluntu	3.2.7	Inani lamathala eencwadi ane-Intanethi efikelela kuluntu	227	228	229	229	-	-
2	Iindawo zenkonzo yethala leencwadi	3.2.8 (kuhlaziyiwe)	Inani leendawo zenkonzo yethala leencwadi	378	374	375	375	-	-
2	Iintlawulo ezikhutshelweyo zenkxaso-mali yokutshintsha	3.2.9	Inani loomasipala abakwicandelo B3 abafumene iintlawulo ezikhutshelweyo zenkxaso-mali zokutshintsha zabasebenzi, zokusebenza kunye/okanye inkcitho yezakhiwo kumathala eencwadi	15	15	15	15	-	-
2	Iintlawulo ezikhutshelweyo zoMnikelo weThala leeNcwadi leMetro	3.2.10	Inani loo masipala elifumene iintlawulo ezikhutshelweyo zoMnikelo weThala leeNcwadi leMetro kulungiselelwa uhlaziyo nololongo lwamathala eencwadi	1	1	1	1	-	-

Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
2	Abasebenzi abaxhaswe ngemali	3.2.11	Inani lezithuba zabasebenzi bethala leencwadi ezixhaswe ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali yotshintsho	240	240	240	240	-	-
2	Utyelelo lokuBekwa kweLiso	3.2.12	Inani lotyelelo lokubekwa kweliso koomasipala abakwicandelo B3	46	15	15	15	-	-
2	Ubulungu	3.2.13	Inani labasebenzisi ababhalisiweyo bethala leencwadi	-	665 684	731 711	523 153	-208 558	Umgqalisela ubala amalungu asebenzayo kuphela. Ngenxa yeCovid-19 nokuvalwa kwamathala eencwadi karhulumente, uninzi lwamalungu abhalisiweyo aphelelwa bubulungu.
2	Amangenelo okufunda	3.2.14	Inani lamangenelo okufunda anikezelwe kumathala eencwadi karhulumente eNtshona Koloni	-	2 374	8 472	32 589	+24 117	Kubekho inkqubo eyodwa yolutsha exhaswa ngemali yiDCAS kuMasipala waseTheewaterskloof ngentsebenziswano namathala eencwadi karhulumente apho imisebenzi engaphezulu kakhulu kwisiqhelo ibe nokufezekiswa.
INkqutyana 3.3: OoVimba									
2	Iinkqubo zofikelelo zoluntu kumathala eencwadi, kwiimyuziyam kunye noovimba	3.3.1	Inani leenkqubo zofikelelo zoluntu kumathala eencwadi, kwiimyuziyam kunye noovimba eliqhutyiweyo	28	1	4	5	+1	Inkqubo yahlulwe yayimisitho emininzi ukulungiselela ukushiywa kwesithuba phakathi komntu nomnye okuthe kwanomphumela wenkqubo eyangezelelweyo yofikelelo.
2	Iiprojekti zembali yomlomo	3.3.2	Inani leeprojekthi zembali yomlomo eziqhutyiweyo	4	4	4	4	-	

Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
Imigqalisela yePhondo									
2	Amangenelo oqeqesho	3.3.3	Inani lamangenelo oqeqesho	10	7	5	11	+6	Amangenelo amaninzi oqeqesho aqhutyiwe ngenxa yezicelo ezangezelelweyo ezivela kumaqumrhu karhulumente.
2	Imibuzo eqwalaselweyo	3.3.4 (kuhlaziyiwe)	Inani lemibuzo eqwalaselweyo	6 812	2 932	3 550	5 232	+1 682	Ngokusekwe kwimpembelelo yangaphambili yobhubhane weCovid-19 kunye nemibutho enxulumene naye, ekujoliswe kuko kwahlaziywa. Imibuzo iqutywa libango yaye ngoko kunzima ukuqikelela ngokuchanekileyo.
2	Utyelelo ngabaphandi	3.3.5 (kuhlaziyiwe)	Inani lotyelelo ngabaphandi kooVimba	9 316	2 649	4 163	4 196	+33	Ngokusekwe kwimpembelelo yangaphambili yobhubhane weCovid-19 kunye nemibutho enxulumene naye, ekujoliswe kuko kwahlaziywa. Imibuzo iqutywa libango yaye ngoko kunzima ukuqikelela ngokuchanekileyo.
2	Ukubuyiselwa esimeni kwamaxwebhu ovimba	3.3.6	Inani lokubuyiselwa esimeni kwamaxwebhu ovimba	570	425	570	599	+29	Irekhodi zonakele ngokusoloko ziphethwe ngabaphandi, ngoko, ulungiso olukhawulezileyo kwiirekhodi lwenziwa ngebango.
2	Umlinganiselo weemitha ulungisiwe	3.3.7	Inani lomlinganiselo weemitha ulungisiwe	242.65	166.8	241	259	+18	Amaqela ahlukeneyo ngobukhulu yaye inani elipheleleyo eliqikelelweyo ngoko linokwahlukana.
2	Inkxaso ejolisileyo	3.3.8	Inani lamasebe afumene inkxaso ejolisileyo ye-ECM	2	2	2	2	-	-

Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
2	Iinkqubo ezihleliweyo ezivavanyiweyo kunye/okanyeuhlolo oluvunyiweyo oluqhutyiweyo	3.3.9	Inani leenkqubo ezihleliweyo ezivavanyiweyo kunye/okanyeuhlolo oluvunyiweyo oluqhutyiweyo	154	124	114	185	+71	Iinkqubo zohlelo lwerekhodi zifunyenwe kwii-ofisi zabaxhamli, yaye akusoloko kunokuqikelelwa ngokuchanekileyo. Ukuqaliswa koMthetho wePOPI kunikelo bgokunjalo kufezekiso olungaphezulu kolulindelweyo.
2	Uhlolo oluqhutyiweyo	3.3.10	Inani lohlolo oluqhutyiweyo	30	22	30	31	+1	Isicelo esangezelelweyo safunyanwa sivela kwi-ofisi karhulumente.
2	Izigunyaziso zokulahla ezikhutshiweyo	3.3.11	Inani lezigunyaziso zokulahla ezikhutshiweyo	20	19	19	19	-	-
2	Uluhlu lwempahla oluqulunqiweyo lwaze lwahlaziywa.	3.3.12	Inani loluhlu lwempahla oluqulunqiweyo lwaze lwahlaziywa	7	5	8	8	-	-

Qaphela: Izithuba ezihobe zomgqalisela zibonisa imigqalisela ehlaziyiweyo.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngendlela engaphantsi kwelindelekileyo

Ukusebenza ngaphantsi kokulindelweyo kweNkqubo kubangelwe zizithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into ebekiswe kwicandelo. Inguqu kwiincwadi ezikwi-intanethi ziya kuqinisekisa ngento yokuba amathala eencwadi kufuneka ahlale efanelekile njngenkonzo efikelelekayo ethi itsale umdla wamalungu.

Ukusebenza okunxulumene kwiiNgcebiso ezibekwe emgangathweni kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo eMisebenzi eQhutywa kunye

Zonke iingcebiso ezibekwe emgangathweni kunye nemigqalisela yengcebiso ibandakanyiwe kwiziCwangciso zokuSebenza zoNyaka zaze ngoko zamiliselwa kwaze kwanikwa ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka njengoko kubonisiwe kwitheyibhile yokusebenza engasentla.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

INkcitho yenkqutyana yeNkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nezooVimba injengoku kulandelayo:

Inkqutyana	2021/22			2020/21		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000
ULawulo	8 726	6 959	1 767	6 164	6 164	-
Inkonzo yethala leencwadi	416 259	413 332	2 927	330 963	325 383	5 580
IiNkonzo zooVimba	22 748	21 644	1 104	21 376	21 376	-
Zizonke	**447 733**	**441 935**	**5 798**	**358 503**	**352 923**	**5 580**

Inkcitho engaphantsi kwelindelweyo inxulumene neMbuyekezo kuBasebenzi ngenxa yokuziziliza kuzaliso lwezithuba. Ngaphezulu, ooMatshini neziXhobo (iilaptop) za-odolwa kodwa azathunyelwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Okubandakanywe kwiyantlukwano ziingxowa-mali ezingachithwanga ezinxulumene kwiprojekti yophando ezinzileyo ejolise ekuphuhliseni uYilo lweNkonzo yeThala leeNcwadi likaRhulumente. Iprojekti ayibanga nakho ukuqaliswa ngenxa yemingeni evelele abanikezeli benkonzo kwimarike abangakhange babe nakho ukunikezela ngenkonzo. Isicelo sokwabiwa ngokutsha kweengxowa-mali ezingachithwanga sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

4.4. INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo

Injongo

Ukubonelela ngemisebenzi yoLonwabo neMidlalo kubantu baseNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 4.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso yeqhinga kwicandelo lezeMidlalo noLonwabo.

INkqutyana 4.2: EzeMidlalo

Ukukhuthaza ezemidlalo ukwenza igalelo elibhekiselele kuxolelwano nakuphuhliso loluntu lwaseNtshona Koloni ngokunikezelwa kweenkqubo neenkonzo ezilinganayo, ezifikelelekayo nezibonelelo zemidlali ezixabiso lifikelelekayo.

Inkqutyana 4.3: Ezolonwabo

Ukukhuthazwa kwemisebenzi yezolonwabo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezinzileyo; ukubonelela ngoncedo kwimibutho yezolonwabo ngeenjongo zophuhliso oluthile; nokusebenzisa ezolonwabo ukuxhasa nokukhuthaza ubomi obudlamkileyo nobusempilweni.

Inkqutyana 4.4: Ezemidlalo ezikolweni

Ukukhuthaza ezemidlalo ezikolweni ngokuncedisa kumacandelo, ukhuphiswano, uchongo lwetalente, uphuhliso kwakunye nemidlalo ethile, ekwelinye inqanaba elilandelayo eliphezulu.

Inkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD

Ukubonelela abafundi ngenkqubo yolonwabo equlunqiweyo nocwangcisiweyo, eyemihla ngemihla, eqhutywa ukuphuma kwesikolo, ethi ibandakanye isibonelelo somdlalo ozele lulonwabo kunye namathuba nemisebenzi ehlenga-hlengisiweyo.

Umnikelo kwiMiphumela yeZiko

INkqubo inikela kuMphumela 3 weSebe ngokunikezela ngofikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nakulonwabo.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

IMIDLALO

UPhuhliso lweKlabhu

INkqubo yoPhuhliso lweKlabhu iqhubile ukwakha icandelo ngentsebenziswano nemibutho yasekuhlaleni, iMibutho eManyeneyo yeMidlalo, amaBhunga eSithili eMidlalo kunye nooMasipala ukulungiselela ukuyila ubume obuncedayo kulungiselelwa ezi klabhu okokuba zithabathe inxaxheba kwiMidlalo kawonke wonke. Iiklabhu ezili-180 zifumene izixhobo kunye/okanye impahla yemidlalo. Ubuncinane, ama-50 eepesenti eeklabhu axhasiweyo akwimimandla yasemaphandleni nakuluntu lwasezifama. Inkxaso yombutho wemidlalo yachatshazelwa ngubhubhane. IMibutho eManyeneyo yeMidlalo kunye neeklabhu ezimanyene nayo ezibe nakho ukusebenza zibonelelwe kwinkqubo ngokunikezelwa kothuthoukuya kwiinkqubo zemibutho yazo eyahlukeneyo, imirhumo yomanyano/yokubhalisa kunye neenkqubo zolwakhiwo lwamakhono apho abalawuli beklabhu, abaphathi, amagosa obuchule, iimbaleki kunye nabaqeqeshi baphuhliswe kulungiselelwa iiklabhu zayo.

INkomfa yeMidlalo yaBasebenzi baseFama yaququzelelwa ngokusetyenziswa kwenkqubo yophuhliso lweklabhu yaye yabanjelwa eGeorge ngomhla wama-25 ukuya kowama-27 kweyoMdumba 2022. Inkomfa yaBasebenzi baseFama yayibalulekile ekuncedeni isebe ukufumana izithintelo kwimidlalo yasemaphandleni neyasefama nokulolonga ukukhula kweMidlalo yaBasebenzi baseFama. Izigqibo ezathatyathwayo kwinkomfa zezi:

- ukusebenza kunye nemibutho emanyeneyo kunye neekhomishoni ukuzisa imidlalo yasemaphandleni nasefama kwimibutho ephambili;
- ukusingatha imisitho yemidlalo esekwe efama; ukuqulunqwa kwamacandelo eklabhu ezifama;
- ukuyila amathuba alungiselelwe aBasetyhini naMantombazana;
- ukuphuhlisa uyilo lwendima elungileyo;
- kwiKomiti zeSithili ukuphuhlisa izicwangciso zokunikezela kwiMibutho eManyeneyo yeMidlalo;
- ukuqhuba uhlahlelo olungaphezulu lweemfuno kunye nophicotho lwezakhono ngeSithili ngasinye;
- ukuthelelana nokuqinisa i-Ofisi yeSithili, iBhunga leMIdlalo yesithili, iSithili saseMaphandleni neeKhomishoni zaseFama;
- ukwakhela uqulunqo lwamacandelo ombutho omanyeneyo; okokuba uthathele ingqalelo ukuthambekela emaphandleni;
- ukubeka iliso nokuvavanya iNkqubela phambili yezifundo zokwakhiwa kwekhono;
- ukumilisela kokuxhotyiswa okuphelelyo kwabasetyhini;
- ukubandakanya ngakumbi imidlalo yabakhubazekileyo;
- ukuqulunqwa kwekhalenda yemisitho, isicwangciso sonyaka kunye nenkqubo yokusebenza;
- ucweyo lovavanyo lomgaqo-nkqubo wokukhusela phakathi kwabasebenzi basefama kwimimandla yasemaphandleni;
- ukuchonga, ukusebenzisana, ukukhuthaza eminye imithombo yenkxaso-mali; kunye
- nokwabelana ngeendlela zokusebenza ezilungileyo.

Ukuhlanganiswa kwemibutho emanyeneyo

ISebe lixhase ngemali imibutho emanyeneyo yemidlalo eli-138 kuzo zonke izithili ezizezi iCentral Karoo, i-Eden (Garden Route), i-Overberg, iCape Winelands, iWest Coast kunye neKapa (uMasipala oMbaxa). Le nkxaso-mali incede kulawulo, uphuhliso, ulwakhiwo lwamakhono, neeprojekti zenguqu kwimibutho emanyeneyo nokuqinisekisa ngento yokuba amaqela azimasa imisitho yesizwe.

AmaBhunga eMidlalo/iMibutho eManyeneyo

IMibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni (WCPSC) yenza iqumrhu lokhuselo lemidlalo esakhulayo kwiPhondo. I-WCPSC iqulathe izithili ezithandathu zamabhunga emidlalo ethi ngoko iqulunqe iKhonfederashini yaye imanyene neKhonfederashini yeMidlalo yoMzantsi Afrika kunye neKomiti ye-Olimpiki (SASCOC). Ukusebenza ngokusondeleyo neSebe, ixhibe ekuqhubeni iinjongo zeSASCOC kwinqanaba lephondo. I-WCPSC yongamela amaBhunga eMidlalo yeSithili ukuqinisekisa ngento yokuba injongo zemidlalo nolonwabo zihlangatyeziwe kwisithili ngasinye. Iindima zeWCPSC kunye namaqabane, amaBhunga eMidlalo eSithili zibandakanya phakathi kwezlnye izinto: ulungelelwaniso lophuhliso lwemidlalo kuzo zonke iikhowudi zemidlalo kwiPhondo; ukuqinisekisa ngento yokuba ulawulo olulungileyo luyaqhutywa; ukunceda kwimibutho emanyeneyo yemidlalo kunye neenkqubo zokusebenza kakhulu ezifana nokuchongwa kwetalente kunye nokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzii; ukuqinisekisa ngento yokuba imisebenzi yolawulo olulungileyo lwemali kunye nempatho kuyalandelwa; ukulawulwa nokuphathwa lomanyaniso lwemibutho yemidlalo emanyanisiweyo; nokuqinisekisa ngento yokuba okuphambili kurhulumente kunye nemigqo-nkqubo njengoko uchaziwe iyahlangatyezwa yaye iyamliselwa.

Amacala amathathu

Inkqubo emacala mathathu rhoqo yonyaka-mail iyaqhutywa nazo zonke iiManyano ezithi zifumane iingxowa-mali ezivela kwiSebe. Inkqubo iqale ngoJanyuwari nangoFebruwari wama-2021 kwisithili ngasinye ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha, iSebe, ibhunga lesithili, yaye nemanyano yemidlalo enikelayo yahlangana ukunika ingxelo ngeengxowa-mali ezifunyenweyo nendela ezisetyenziswe ngayo. Ukuba nje oku kunokugqitywa inkqubo yolongamelo iyaqhutywa ngentsebenziswano noluntu lwentlalo ukuxhasa ngemali iiManyano zeMidlalo kwiPhondo. Imingeni yachongwa ziimanyano zemidlalo ngokuphathelele kwiimpembelelo zomonakalo kabhubhane eziqhubekileyo ngesi sithuba singenakufaniswa nanto nokuqinisekiswa kwento yokuba iSebe liyahlangabezana neemanyano zemidlalo phakathi ngokuhambelana nokunikezelwa kwenkxaso-mali kwiimanyano zemidlalo.

Amabhinqa namantombazana

Ngokuhambelana nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP) soMzantsi Afrika, ugxinininiso olulodwa lubekwe kubandakanyo, uxhotyiso nokukhuthazwa kokuphambili kukarhulumente okt., ulutsha, abagugileyo, abasetyhini namantombazana, iingingqi zoluntu lwasemaphandleni, kunye nabantu abakhubazekileyo. Kunyaka ngamnye, iSebe lisebenza ngokusondeleyo kunye neWCPSC, amaBhunga eMidlalo yeSithili, iKhomishoni yaBasetyhini naMantombazana, imibutho emanyeneyo, ukuzalisekisa esi sigunyaziso nokuqinisekisa ngento yokuba iinkqubo zizimisele ngokuthe ngqo ukuxhotyiswa kwabasetyhini namantombazana ziyamiliselwa. ISebe lixhase iinkqubo zabasetyhini abane kunye namantombazana kunyaka ophantsi kovavanyo. INkomfa yeHlabathi yaBasetyhini yaqugquzelelwa liSebe apho abasetyhini beSA ababalulekileyo kwimidlalo abazimase umsitho ngomhla wesi-7 nowesi-8 kweyoKwindla 2022. INkomfa yaBasetyhini abakwiMidlalo yabanjelwa eKapa, eqaqambise indima yabasetyhini kwimidlalo ze yasombulula okulandelayo:

(a) Ukunikwa kwengqwalasela kwabasetyhini kwimidlalo
(b) Ukuqinisekiswa koMgaqo-nkqubo woKhuseleko umiliselwe yiyo yonke imibutho emanyeneyo yemidlalo eNtshona Koloni
(c) Ukwandiswa kweenkqubo zabasetyhini eziya kuthi ziqhube iinkqubo zemidlalo yabasetyhini eNtshona Koloni

Inkxaso-mali yemibutho yabantu abakhubazekileyo ngokwasemzimbeni yanikezelwa kwiimbaleki ezikhubazekileyo ngenkqubo yokukhutshelwa kwenkxaso-mali, isakhelo semidlalo yabakhubazekileyo sentshona koloni kunye neeprojekti ezisekwe kuluntu ezixhaswa yimibutho yemidlalo emanyeneyo. Imisitho yasingathelwa eWest Coast ukukhunjulwa koSuku lweHlabathi lwaBakhubazekileyo kulungiselelwa abantu abakhubazekileyo ngesithuba sikaDisemba 2021.

IMisitho enguNdoqo

Ngesithuba sowama-2021/22, icandelo lemisitho engundoqo lixhase imisitho engundoqo eli-104 kuzo zonke izithili ezithandathu linceda kuvuselelo loqoqosho emva kobhubhane weCovid-19 eMzantsi Afrika nokukhuthaza ukhenketho lwemidlalo nokuthengiswa kwendawo yokufikela. ISebe lisingethe iNkomfa yeMisitho eMikhulu yeKapa ngothelelwano neDotP, iDEDAT kunye neWesgro ngomhla we-11 kuMatshi 2022, ukuqulunqa isicwangciso sovuselelo loqoqosho nokuseka indawo enye yokungena kulungiselelwa imisitho esekwe eNtshona Koloni.

Better Together Games

I-Better Together Games (BTG) ibanjwa rhoqo ngonyaka. Ngenxa yemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into yeCovid-19 imidlalo yowama-2022 yasingathwa kwinqanaba eliphantsi yaye kwiindawo ezininzi ukuthintela imingcipheko yobhubhane weCovid-19. ISebe libe nakho ukusingatha imisitho kuzo zozithandathu izithili eNtshona Koloni.

AmaBhaso eMidlalo

ISebe lisingethe amaBhaso eMidlalo yeNtshona Koloni kweyoKwindla 2022 apho iimbaleki, abalawuli, abaqeqeshi kunye namanye amalungu ecandelo lemidlalo ahlonitshwa kumacandelo amabhaso angama-23. Ngaphezulu, ibhaso leMinisterial Commendation lanikezelwa kuNicholas Dlamini ngomsebenzi wakhe ogqwesileyo kwiTour de France.

Uluhlu lunjengolu kulandelayo:

- UMlawuli woNyaka (Majiet Sait)
- IThanda-mdlalo eliyindoda loNyaka (Pieter Johan Truter)
- IThanda-mdlalo eliyindoda loNyaka eliKhubazekileyo (Mpumelelo Mhlongo)
- IThanda-mdlalo lasetyhini loNyaka (Bianca Buitendag)
- IThanda-mdlalo lasetyhini eliKhubazekileyo (Anrune Weyers)
- IQela loNyaka (Cape Town Tigers)
- UMdlali oFikayo woNyaka (Tatiana Thomatos)
- UMqeqeshi woNyaka (Jason Sewanyana)
- IVolontiya loNyaka (Inge Theron)
- IQela leMidlalo yeMveli loNyaka (Cape Winelands Jukskei)
- UManyano lweMibutho loNyaka (UMbuthoweMidlalo wePhondo leNtshona laBakhubazeke ngoMzimba)
- IQumrhu loLonwabo loNyaka (Vure's Health & Wellness Club)
- UMfoti woNyaka (Reinhardt Hamman)
- UMpapashi weeNdaba woNyaka (Nosiphiwo Madlebe)
- IQela leSikolo loNyaka (Eversdal Primary School)
- IQela loPhuhliso lweSikolo loNyaka (Generation School)
- INgqwalasela enikelwa ukuGqwesa koBuchule (Genevieve Lentz)
- UMakhi weMidlalo yoLuntu woNyaka (Ricky Prince)
- IThanda-mdlalo lasetyhini eliselula loNyaka (Linel Engelbrecht)
- IThanda-mdlalo eliyindodana loNyaka (Marx Meyer)
- IThanda-mdlalo lesikolo eliyindoda loNyaka (Drikus de Jager)
- IThanda-mdlalo lesikolo lasetyhini loNyaka (Heike Jansen van Vuuren)
- IMinisterial Commendation (Nicholas Dlamini)

Uluhlu lwabagqwesileyo beNtshona Koloni kuMabhaso eMidlalo yeSA

a) IThanda-mdlalo lasetyhini loNyaka eliKhubazekileyo (Anrunè Liebenberg -Weyers)
b) UMfoti woNyaka (Roger Sedres)
c) I-Shield of Jove (Bianca Buitendag)
d) IQumrhu loLonwabo loNyaka (Local Surf Lounge Academy)

Izibonelelo

Ukuqinisekisa ngento yokokuba imidlalo nolonwabo yoMzantsi Afrika ixhaswa zizibonelelo ezaneleyo nezilolongwe kakuhle, iDCAS incede ooMasipala abali-11 ngesabelo esilinganayo izabelo ezichongiweyo abangaba iBergrivier, iSwartland, iDrakenstein, iSwellendam, iMosselbay, iStellenbosch, iMatzikama, iGeorge, i-Overstrand, iPrince Albert, kunye

neLangeberg. Abanye boomasipala ababechazwe ngaphambili abangaba iSwartland, iMatzikama, iStellenbosch, iLangeberg, iDrakenstein, i-Overstrand kunye neGeorge, banikele kwinkqubo yeLifa leNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi yowama-2023 ngowama-2021/22. Intlanganiso kaMasipala yabanjwa ngomhla wesi-8 ukuya kowe-10 kweyoKwindla 2022 kunye namagosa kamasipala kubandakanywa abameli abasandula ukunyulwa bakarhulumente. Injongo yentlanganiso yayikukuhlangana namagosa nokubonisa iinkonzo zeSebe.

Amaziko emfundo

Inkqubo yeziko lemfundo linikezela ngeenkonzo kwiimbaleki, abaqeqeshi, kunye nabalawuli bemidlalo kwezi zithili zilandelayo: iGarden Route (e-Oudtshoorn), iCentral Karoo (eBeaufort West), iWest Coast (eSaldanha Bay), iCape Winelands (ePaarl), i-Overberg (eBredasdorp), kunye neCape Metro (eKapa). La maziko emfundo esithili axhaswa liZiko leMfundo leMidlalo leNtshona Koloni (WECSA). Emva kokuba imicimbi yemidlalo ithe yavunyelwa okokuba iqhutywe, inkqubo yeziko lemfundo inikezele ngenkxaso efunekayo yenzululwazi neyonyango kwiimbaleki ngethuba leenkampu zoqeqesho, lokhuphiswano, kunye noqeqesho. Iinkonzo ezinekezelwe ngokunjalo ngesi sithuba zibandakanya inkxaso yonyango yeyenzululwazi, izakhono zobomi, zokuqeqesha, zokuhlola, neenkampu zoqeqesho. Iinkonzo zanikezelwa ngokunjalo kwiimbaleki ezibalekela iPhondo kunye namaqela. Amaqela ambini ephondo ebhola yomnyazi athe angenela ukhuphiswano lweTelkom National League ngala, Western Cape Tornados (Abaphumelele imedali yesilivere kwicandelo 2) kunye neSouthern Stings (Abaphumelele imedali yesilivere kwicandelo 1) axhaswa yiWECSA ngeenkonzo zonyango nezenzululwazi.

I-Western Cape Government Gymnasium

IJimnaziyam iqhubile ngemisebenzi yayo ephambili ethe yabonelela abasebenzi boRhulumente weNtshona Koloni ngamathuba okujamelena nomngeni kunye noxinzelelo oluziswe ngubhubhane. Iququzelele iinkqubo zayo zempilo, zempilo-ntle kunye nokuphila qete ezilungelelaniswe ngabafundisi basejim. Eminye yemisebenzi iqhubile ngokuqhutywa kwi-intanethi. Ezi nkqubo ziqhubile ukuphembelela abasebenzi ukulungiselela ukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yokuphila qete ethe yanikela ngempilo-ntle yabo.

Izicwangciso zoqeqesho zinale mixholo ilandelayo ukugcina amalungu ephile qete, engenaluxinzelelo emphefumlweni yaye evuselekile ngethuba leemeko ezinoxinzelelo ezithe zanikezelwa ngubhubhane:

e) Impilo-ntle, ukuphila qete, kunye nempilo yengqondo
f) Imisebenzi yokuthotywa kobunzima bomzimba
g) Isondlo

I-EPWP

ICandelo: lokuKhuthazwa kweMidlalo lifumene iingxowa-mali ze-EPWP kuMnikelo we-EPWP weSebe leMisebenzi kaRhulumente kulungiselelwa ukuyilwa kwengqesho, ulwakhiwo lwekhono, ukuthengwa kophawu.

ULONWABO

Imisitho yeMidlalo yeMveli yeSithili ebixhitywe okokuba iqhutywe ngoJuni 2021, yarhoxiswa okokuba iqhutywe ngoJulayi nango-Agasti 2021ngenxa yokuphinda kuvuke ubhubhane weCovid-19. Ukuhambelana nemithetho yeCovid-19 yempilo nokhuselo ephathelelene

nenani eliphantsi labantu kwindawo, uninzi lwemisitho yeMidlalo yeMveli yesithili yabanjwa kwimiGqibelo emibini. Isithili saseWest Coast sifunyenwe ngumthamo omkhulu wolwasuleleko obe nomphumela wokuncipha kokuthatyathwa kwenxaxheba. Uthatyatho nxaxheba lwePhondo nolweSizwe luqhubile phantsi kohambelwano olungqongqo lwemithetho yeCovid-19 yempilo nokhuselo.

Imidlalo yephondo iqhutywe kwiindawo ezintathu ezahlukeneyo, uklawula inani labantu kwindawo nganye. Imisitho yabanjwa ukususela kumhla wama-28 ukuya kowama-29 kweyeThupha 2021 kwiSakhiwo seCARES eMalmesberry, kwiCape Academy for Mathematics and Science (Tokai) kunye neWestern Cape Sport School, eKuils River. Amacandelo eSebe nawemibutho yoluntu asebenze kunye ukuqinisekisa ngokuthotyelwa nokuhanjelwana nemibutho yeCovid-19.

UMnyhadala weSizwe weMidlalo yeMveli uqhutyelwe eThekwini, eDurban, ukususela ngomhla wama-24 ukuya kowama-29 kweyoMsintsi 2021. Okudingwayo kwitumente ibe yinkampu yeentsuku ezintathu yemini-bio-bubble. IQela leMidlalo yeMveli leNtshona Koloniliqhube kakuhle kwiMidlalo yeSizwe ze laphumelela kwindawo yesibini kumsebenzi wonke. Obhinqileyo weJukskei kunye namaqela amadoda, amaqela yamabhinqa akhulileyo e-lintonga kunye namadoda, iqela lamabhinqa iDiketo, iqela iKgati kunye neqela lamabhinqa eKho-kho onke aphumelela iimedali ezenze iNtshona Koloni ifumane indawo yesibini, kwilizwe.

KweyeDwarha 2021, iSebe lisebenzisene neMibutho eManyeneyo yeeMbaleki zePhondo leNtshona ukukhuthaza iphondo, unxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha, umsitho weBig Walk kuthatyathelwa ingqalelo uSuku lweSizwe loLonwabo. Phakathi kweyeDwarha neyoMnga, ezinye izithili kwiPhondo zisingethe iiBig Walks ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha. Konke oku kwafezekiswa ngothelelwano kunye mhlawumbi neeklabhu zembaleki eziphuma kummandla wengingqi kunye/okanye umasipala wengingqi. Uthelelwano kunye nobudlelwane phakathi koorhulumente lusoloko lukho.

Ngaphezulu, amaZiko oLonwabo/iziZinda ziqhubekile ngokukhuthaza ukuthatyathwa kwenxaxheba mihla le, apho afundisa abathabathi nxaxheba malunga nemithetho yokhuseleko, nendlela uhambelwano lungalinceda ngayo icandelo ukwenzela okokuba libuyele kuthatyatho lwenxaxheba lwesiqhelo lwabantu. La maZiko oLonwabo/iziZinda, abandakanya ukuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba le-ECD kwimisebenzi yolonwabo, yaye asebenza njengathumela abantwana kubumelwane bawo, kumaZiko eMOD asekwe kwiSikolo saseprayimari, ngoko kuyilwa isiqalo sofikelelo oluqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwayo kwiNkqubo yeMOD.

IKampu yoLutsha, yinkqubo yesizwe enikezelwa ngawo onke amaphondo, yasingathwa ngempumelelo liSebe, ukususela kumhla wesi-4 ukuya kowe-10 kuDisemba 2021 kwiWaterval Country Lodge, eTulbagh. Umsitho uqhutywe ngaphandle kwezehlo kunye/okanye izehlo zeCovid-19, nangona kunjalo, imisebenzi yabantu abadala, okt., iGolden Games, azibanga nakuqhutywa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, ngenxa yenqanaba lomngcipheko obandakenyekayo kweli qela.

IMIDLALO YESIKOLO

Ngenxa yemithetho yeCovid-19 kunye nezithintelo, zonke iintshatsheli zesizwe zeMidlalo yeSikolo zarhoxiswa ngowama-2021. Iintshatsheli zesizwe zarhoxiswa de kwanguFebruwari noMatshi 2022, nangona kunjalo ukhuphiswano lwephondo kunye/okanye imidlalo edlalwa kube kanye nayo ngokunjalo yarhoxiswa ze yaqhutywa ngeyoMqungu nangeyoMdumba

2022, kulungiselelwa iimbaleki nemidlalo yasemanzini. IQela laseNtshona Koloni lafumana indawo yesi-2 kwiiNtshatsheli zeSizwe zeSikolo zeSA ezithe zaqhutywa nkweyMdumba 2022 eFree State, ezazilungiselelwe itshesi, ibhola ekhatywayo kunye nentenetya. Ngaphezulu, iQela leNtshona Koloni lafumana indawo yesi-2 kwiiNtshatsheli zeSizwe zeSikolo zeSA ezaqhutywa kweyoKwindla 2022 eGauteng, ezazilungiselelwe iimbaleki kunye nemidlalo yasemanzini. IDCAS yajolisa ekuthabatheni inxaxheba kuzo zonke iikhowudi eziphambili zemidlalo yesikolo, njengoko zivunyelwe phantsi kwezikhokhelo ehlaziyiweyo zeCovid-19. Iikhowudi ekukho ukubambana, ngokunjalo nezo kungekho kubambana zavunyelwa okokuba ziqhutywe, njengoko izithintelo zazinyenyiswa. Oku kuzise amandla avuselelekileyo athe akhuthazwa:

- Ugxinininiso kukukhethwa kweembaleki ezinetalente kunye nabanesakhono sokubaleka, kuwo onke amanqanaba afanelekileyo, olusuka kuthatyatho nxaxheba sisininzi kubungcungela.
- Imisebenzi phakathi kwamacandelo kunye nesithili.
- Indlela ebeka imbaleki kunye nomqeqeshi embindini.
- Iiwebhina ezibanjwa ngobuxhaka-xhaka be khompyutha, ezibandakanay iintlanganiso kunye namacandelo emidlala ukunceda ngomiliselo lweMidlalo yeSikolo.
- Ukuqeqeshwa kootitshala namavolontiya.

UPhuhliso loBumelwane

Inkqubo iqhubile ukunceda ngophuhliso lobumelwane nohambelwano lwentlalo. Isebenzisene nawo onke amaqela afanelekileyo kubumelwane obuchongiweyo yaze yanceda ngonikezelo lwezibonelelo zabantu nezakhiwo ukwandisa oko kwenziwayo ngokwakaloku nje; yaze yazalisa izithuba ezikhoyo kubumelwane. Inkqubo isebenzisa imisebenzi yolonwabo, imisebenzi ehlenga-hlengisiweyo, imisebenzi yezakhiwo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko ukukhuthaza ukusondelelana phakathi kwabantu, ngokunjalo nokuba yimbumba yamanyama, imbeko omnye komnye kunye nengqiqo kunye nentlonipho yemfezeko nesidima sabantu.

IZiko leMOD kunye nelinge lazo lezikolo zobumelwane kunye nendlela, ihlanganisa yonke imiba yomthabathi-nxaxheba wesithuba eside kunye nesicwangciso sophuhliso somqeqeshi. Ngoko, indlela ihlanganise amalungu afanelekileyo oluntu kumalinge ayo. Ngokwenza oku, lincede ngeenzame zokumanyanisa ubumelwane ngokusebenza okubhekiselele kwinjongo efanayo yaye ngoko kuphuculwa ulungelelwaniso lobumelwane.

Kule msebenzI esekwe kubumelwane kunye nokhuphiswano, izikolo kunye neeklabhu ezi kubumelwane obunye zithabathe inxaxheba kunye yaye zakhuphisana esinye nesinye. Ngaphezulu, iZiko elinye leMOD, elisekwe kwiSikolo samaBanga aPhantsi esebumelwaneni, kunye neZiko leMOD, elikwiSikolo samaBanga aphezulu esisebumelwaneni, liseke isazulu esingqongwe zezinye izikolo zobumelwane.

Ngaphezulu, nangona ezi zikolo zibini zenza isiseko sengqikelelo ebhekiselele kuyilo lweklabhu, ezi zikolo zobumelwane zenza inxalenye yengqikelelo. Kwinkqubo, onke amaqela anomdla abandakanyekayo, ahlangana, ze aqulunqe iklabhu esekwe kubumelwane. La maqela anomdla abandakanye amacandelo afana nabathabathi benxaxheba abasebenzayo leSikolo samaBanga aPhantsinabeSikolo samaBanga aPhezulu esifanelekileyo kunye nabamiliseli, ngokunjalo nezikolo zobumelwane kunye nabanye ubumelwano obunomdla namalungu oluntu nootitshala.

Okulandelayo kubandakanywa kokufezekiswe yeNkqubo yoPhuhliso loBumelwane ngokusetyenziswa kwendlela engasentla:

a) Ukuyilwa kweendawo ezikhuselekileyo nobumelwane obulungelelanisiweyo.
b) Ulwakhiwo lwezibonelelo zemidlalo zolwabelwano lwamaziko emidlalo (iZakhiwo zeCARES) kwizithili ezahlukeneyo.
c) Ukuqwalaselwa kokungabikho kofikelelo kumathuba olonwabo, emidlalo, obugcisa nenkcubeko, ngokubonelwa kwamaZiko eCARES.
d) Ukuqwalaselwa kwentswela ngqesho kunye nokungabikho komsebenzi.
e) Ukuqwalaselwa kwempilo embi, ubukho obukwinqanaba eliphezulu leHIV/AIDS kunye namanqanaba aphezulu obundlobongela nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.
f) Ukuqwalaselwa kokungabikho kwemisebenzi yokuthamba kunye nemidlalo yesikolo kwizikolo.
g) Ukuqwalaselwa kokungabikho kwemisebenzi yokuthamba kuPhuhliso loBuntwana lwaNgethuba.
h) Ukuqwalaselwa okokungabikho koyilo lweklabhu kwiingingqi zoluntu kunye nenguqu kulonwabo nakwimidlalo.

IMidlalo yeZikolo neNkxaso yokuThatyathwa kweNxaxheba

Iimbaleki/izikolo ezininzi ziqhubile ukuphuhlisa ngaphezulu ngokusetyenziswa kwenkqubo yeMidlalo yeZikolo kwiPhondo. KwiMidlalo yeZikolo, kukho indledlana eyiliweyo kulungiselelwa iimbaleki ezisesikweni ezinentalente okokuba zichanatywe kukhuphiswano kwinqanaba leklabhu neleemanyano zemidlalo, ngoko zichanatywa ukulungiselela amathuba angaphezulu okuchongwa kwetalente. Oku ngokunjalo, kunokukhokhelela kumathuba angaphezulu ukuphuhlisa nokukhuphisana kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo.

La mathuba aqhutywa kusetyenziswa kweeHPC ezithe zasekwe ziiManyano zeMidlalo ezahlukeneyo. IiHPC zasekwa ngaphambili kwinqanaba lePhondo, emva kwangoko, iiHPC zasekwa kwakhona kwinqanaba lesithili, ukulungiselela iimbaleki ezinetalente ezichongiweyo kwizithili ezahlukeneyo. Amathuba oqeqesho athotyelwa ngasezantsi ngokunjalo ze aqhutywa kwizithili ekujoliswe kuzo ezahlukeneyo, anikezelwe yiMidlalo yeZikolo ukunceda ngokuxhobisa nabaqeqeshi abafanelekileyo okokuba banikezele iinkonzo kubafundi abasesesikolweni bePhondo.

Umzekelo wempumelelo kwiindlela zeMidlalo yeZikolo, luqukuqelo oluqhubekayo lwabathathi benxaxheba ngokusetyenziswa kwenkqubo ethi ifaneleke ukuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo, ingabi kwimidlalo kuphela, kodwa ngokunjalo kubume bemfundo benqanaba eliphezulu, ngokunjalo nelizwe lobume bokusebenza. Impumelelo ethelekisiweyo efezekisiweyo kwiintlelo ezahlukeneyo zeeNtshatsheli zeZikolo zeSizwe zeSA, ezithe zaqhutywa ngeyoMdumba nangeyoKwindla 2022, ngumzekelo wempumelelo yale ndledlana.

Inani laba bathabathi nxaxheba lingumzekelo oqaqambileyo obonisa indlela yokuzimasa rhoqo neqhubekekayo kwiZiko leMOD kunye/okanye iZiko leSikolo soBumelwane kunye neKlabhu efanelekileyo yoBumelwane linakho ukukhokhelela kwinqanaba eliphezulu lemfezeko nempumelelo. Uninzi lwabo luqalile ukuthabatha inxaxheba kwiZiko leMOD leSikolo saseprayimari ze luqhube ngokuthatyathwa kwenxaxheba xa luthe lwaqalisa ukuya kwiZiko leMOD yeSikolo samaBanga aPhezulu. Ngaphezulu, luyinxalenye yeKlabhu yoBumelwane, ngeli thuba bese kwisikolo saseprayimari okanye kwiSikolo samaBanga aPhezulu.

Ngaphezulu, iMidlalo yeZikolo, ngelinge leNkqubo yeSikolo soBumelwane, ngentsebenziswano neNkqubo yeMOD, iyile ze yaseka inani leeklabhu ezintsha kulo lonke iPhondo. Oku kunceda ngaphezulu ngokuyilwa kofikelelo olungaphezulu kumathuba alungiselelwe iimbaleki ezisesesikolweni okokuba zithabatha inxaxheba kwiligi yeemanyano zemidlalo. Ngaphezulu, oku kufanelekile ingakumbi kwiikhowudi eziphambili ezili-16. Ezi klabhu zisekiweyo zithabatha inxaxheba kwiiligi ezahlukeneyo phantsi kolawulo lwamacandelo eemanyano zemidlalo ahlukeneyo, ngoko zinikezela ngethuba kwiimbaleki ezisesesikolweni lokukhuphisana kwiiligi eziphakathi kwezikolo apha evekini, ngokunjalo kukhuphiswano oluphakathi kweeklabhu, ngeempela-veki.

Ngokusetyenziswa kwelinge leNkqubo yeSikolo soBumelwane, iSebe lisingethe, ngentsebenziswano yamacandelo nemanyano yemidlalo yephondo, yokuchonga iitalente ezahlukeneyo, imisitho ephakathi kwezithili, elungiselelwe iimbaleki ezisesesikolweni ezinekhono. Oku kubayilele ithuba lokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo, ngeli thuba ngokunjalo linceda kufezekiso "lweSizwe esiPhumelelayo". IiHPC ezisekwe kwiManyano yemidlalo ziyaqhuba ukunceda nokuxhasa le nkqubo yaye zidlala indima ebalulekileyo kulo mba.

UMnikelo oneMiqathango we-EPWP

ICandelo: loPhuhliso lweMIdlalo lifumene iingxowa-mali ze-EPWP kuMnikelo weNkuthazo ye-EPWP yeCandelo leNtlalo, kulungiselelwa ingqesho kwiinkqubo zayo. Isabelo soMnikelo weNkuthazo ye-EPWP sisekwe kukusebenza okufanelekileyo kweSebe kunyaka-mali ongaphambili. Inkuthazo sisabelo esangezelelweyo sohlahlo lwabiwo-mali, esingaphezulu kolwabiwo-mali lwesiseko kwiSebe.

INKQUBO YASEMVA KOKUPHUMA KWESIKOLO

UMgaqo-siseko uqinisekisa ngelungelo labo bonke abantwana lemfundo yesiseko. Imfundo elungileyo kufuneka inike bonke abantwana ilungelo elifanelekileyo yobomi obunempumelelo. Nangona kunjalo, iye yacaca gca kuphando into yokokuba umahluko kufikelelo kumathba ubangele isithuba esikhulu seyantlukwano yemfundo phakathi kwabafundi abaphuma kwiimeko ezingenasibonelelo saneleyo kunye noontanga babo ababonelelwe ngokwaneleyo. Es sithba senziwe mandundu ngethuba leCovid-19.

Amava emfundo yomntwana abanzi kakhulu kunoko kwenzeka phakathi kwentsimbi yesi-8 kusasa nentsimbi yesi-2 emva kwemini. Abandakanya onke amava obomi athi abancede baphuhlise izakhono zabo zengqiqo, zomzimba, zentlalo, zomoya kunye nezomphefumlo abaza kuzidinga ukuba bahlume ehlabathini. Ukulungisa esi sithuba kudinga wonke ochaphazelekayo – izikolo, abafundi, abazali, iiNGO, uluntu – okwi-ikhosistim yemfundo okokuba adlale indima yakhe.

Umsebenzi weeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo zeSebe ziyila ubume obuncedayo ukulungiselela wonke umntwana okokuba afikelele kumathuba okuphuhlisa izakhono eziphambili ezifana nokucinga ngengqiqo, ukukwazi ukuzilawula, ukomelela, ukufuna ukwazi novelwano. Ezi ziphuhliswa kubume bempilo epheleleyo, apho umntwana afundelwa rhoqo, athathwa asiwe kwimiboniso yangaphandle, avunyelwe ukuba ahlole yaye athabathe inxaxheba kwimidlalo, kubugcisa, kunye nakwidrama. Enye yeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo, iNkqubo yeMOD, yinkqubo ecwangcisiweyo, yasemva kokuphuma kwesikolo, esekwe kuthatyatho-nxaxheba lwesininzi ethi inikezele kubathathi nxaxheba abasesesikolweni

kunye nolutsha ngofikelelo kwimisebenzi eyahlukeneyo ecwangcisiweyo, yemihla ngemihla, ezaliswe lulonwabo, yolonwabo, yemidlalo, yobugcisa neyenkcubeko.

Iforam yothelelwano lweKomiti yoLawulo yaseMva kokuPhuma kweSikolo (phakathi kweWCG, abanikeli kunye nemibutho ekhuselayo) isebenze ngamandla ukuxhasa icandelo okokuba lihlale liqhagamshelene kubafundi nokuqinisekisa ngokomelela kwecandelo kubume obuguqukayo. Ukucwangciswa nokwabelana ngengcaciso emalunga necandela kungummandla ekusoloko kujoliswe kuwo. Ngowama-2021/22, iiNGO ezingama-228 zacwangciswa kwi-Edu-collaborate.

Kunyaka ophantsi kovavanyo iDCAS yayiqaqambis indima yeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo ngephulo layo lonyaka elaziwa njenge-Lights On After School. Oku kunikezele ngethuba kwiinkqubo zikarhulumente, ezifana neNkqubo yeMOD, iNkqubo yeSikolo soBumelwane, iYearBeyond, izikolo, neeNGO okokuba zibonise umsebenzi omangalisayo eziwenzayo emva kokukhala kwentsimbi yokuphuma kwesikolo kunye nabantu abenza lo msebenzi.

Iinkqubo zamava abafundi zixhomekeke kakhulu kubantu abaqhuba ezi nkqubo, okt., amagcisa. Rhoqo ngonyaka iNkqubo yoLutsha neyaseMva kokuPhuma kweSikolo inikezela ngoqeqesho kumagcisa ukwakha ikhono nezakhono nokuqinsekisa ngeenkqubo ezilungileyo. Kunyaka ophantsi kovavanyo olu qeqesho lubandakanye ukugxila kwimpilo-ntle yengqondo, iinkqubo ezilungileyo kunye nezakhono zentlanganiso ekwi-intanethi. Uninzi lwezibonelelo oluphuma kolu qeqesho lukwipotali etyetyiswe lulwazi kule dilesi www.enriched.org.za.

Utshintshwa-tshintwano lokuza esikolweni, iiholide ezandisweyo nokuncitshiswa kwamathuba emidlalo kunye nemisebenzi yobugcisa lube nempembelelo kukuzinyaswa ngabafundi kweeNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo eziqhutywa ezikolweni. Iinkqubo zinyanzeliswe ngenguqu nokubandakanya ezinye iinkqubo ezinokuthi zenzelwe ekhaya.

ISebe lixhasa iinkqubo kwizikolo ezingama-409, ezimalunga nesiqingatha sezikolo ekungahlawulwa mirhomo nezo kuhlawulwa imirhumo ephantsi kwiPhondo.

Amahlakani amaninzi axhaswa ukuze anikezele ngeenkqubo zeholide anxibelelana nesambuku sabafundi abangama-38 127 kwimisebenzi ekhuselekileyo, neyonwabisayo, enikezela umfundi ngamnye ngokutya nokunikezela kulutsha olungama-651 ngengqesho.

INkqubo yeMOD

Ukuyilwa kobume obuncedayo kumaZiko eMOD yinkqubo eqhubekayo edinga ukufunwa kwabasebenzi okuqhubekayo nokugcinwa kolutsha kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. Amaqhinga awahlukeneyo anovelwano kuluntu ngalunye aphuhliswa ukukhutaza ukuthatyathwa rhoqo kenxaxheba nokuzingisileyo kwimicimbi yasemva kokuphuma kwesikolo.

INkqubo yeMOD ikhuthaza iflosofi nezithethe zokuphila usempilweni, imisebenzi yobomi bakho bonke, kunye nokufunda ubomi bakho bonke. Igxile kuphuhliso lwengqondo, lomzimba nolomoya, ngokunjalo nempilo-ntle yabathabathi nxaxheba kunye noluntu apho kusebenza khona amaZiko eMOD. Ngaphezulu, inkqubo inikezela ngamathuba emisebenzi yaye abaqeqeshi banikezelwa ngamathuba okwakhiwo kwekhono abancedayo, ngokunjalo nabantwana nolutsha abasebenza ngabo.

Le nkqubo isingethwe kulo lonke iPhondo leNtshona Koloni, apho amaZiko eMOD asekwe mhlawumbi kwiSikolo sasePrayimari, okanye kwiSikolo samaBanga aPhezulu. Ngokubanzi, amaZiko eMOD asekwe kwiSikolo sasePrayimari asebenza njengakhuphela kubumelwane bazo, kumaZiko eMOD asekwe kwiSikolo samaBanga aPhezulu. Ngale ndlela, umfundi unikwa ithuba lofikelelo oluqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwa kwiNkqubo yeMOD, kwisithuba sexesha esandisiweyo. Abathathi-nxaxheba bayakhuthazwa ngokunjalo ukujoyina iiklabhu ezahlukeneyo zolonwabo, zemidlalo, zobugcisa kunye nezenkcubeko ezikwiingingqi zoluntu ukukhuthazwa kwemicimbi yobomi bonke. Ufikelela kwezi klabhu lwenziwe lula yiNkqubo yeSikolo soBumelwane, neMIdlalo yeSikolo.

AmaZiko eMOD asekwe kuqala kwimimandla ebivinjwe amathuba ngaphambili. Obu bubume ikakhulu, ukuba ngaba ayingawo onke amaZiko eMOD obukuwo nalapho kukho izakhiwo ezikumgangatho ophantsi, izibonelelo kunye nokhuseleko. Nangona obu bunzima kunye neemeko, ngemiba elungileyo yoluntu efana nokunyamezela, uthando nokuzibophelela, inani labathathi-nxaxheba libonise izakhono neetalente, ngokunjalo nekhono lophuhliso olungaphezulu. Ngokuchongwa kweetalente ezahlukeneyo kunye neenkqubo zophuhliso lwetalente, abathathi nxaxheba ababonisa ikhono kuphuhliso olungaphezulu banalo ithuba lokubonisa nelokuqhubela phambili izakhono zabo kwimisebenzi yokuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo.

Ngenxa yobhubhane weCovid-19, imicimbi ayibanga nakuqhutywa njengesiqhelo, nangona kunjalo abasebenzi beNkqubo yeMOD baqhubile ukubandakanyeka kwiinkqubo zoncedo lokuzondelela amalungelo abantu kwiingingqi zabo ngeli thuba kuqaliswa kwakhona ngemicimbi yasemva kokuphuma kwesikolo. INkqubo yeMOD kunye nezikolo zobumelwane zayo, ezenza iNkqubo yeZikolo zoBumelwane, ifumene ibhaso elilodwa kunikwa ingqwalasela yenkonzo yazo ayinikezela ngaphezulu kokuba kufanelekile, okt., iMinisterial Commendation, elivela kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, uNksk Anroux Marais.

Abaqeqeshi beNkqubo yeMOD bakhuthaze amaZiko abo eMOD ngokukhumbula iinkqubo ezahlukeneyo zokukhumbula umz., uSuku lweNkululeko, uSuku lwaBasebenzi, uSuku loLutsha, uSuku lukaNelson Mandela, uSulu lweSizwe lwaBasetyhini, uSuku lweLifa leMveli, uSuku loXolelwaniso.

Abaqeqeshi nabafundi abathe bathabatha inxaxheba kwiNkqubo yeMOD nabo banetalente echongiweyo okokuba bathabathe inxaxheba kwimicimbi yenqanaba elilandelayo kunye nokhuphiswanao, baqhubele phambili ngokumela iPhondo leNtshona Koloni kwiikhowudi ezahlukeneyo zemidlalo nakumaqonga awahlukeneyo obugcisa nenkcubeko.

Ngaphezulu, abaqeqeshi baqhubile ukukhuthaza impilo-ntle yentlalo, ukuziqhelanisa nesithethe esitsha, bamilisele iindlela ezifanelekileyo zococeko, bakhe ubudlelwane obuphuculweyo kunye namahlakani, ze banikezele ngomsebenzi ogqwesileyo.

ULUTSHA

Intlekele yolutsha yenziwe mandundu yiCovid-19 ibeka uxinzelelo oluhlaziyiweyo kuwo onke amasebe karhulumente okokuba as abele. Intswela ngqesho yolutsha yandile, ulutsha lujamelene nemingeni eyandileyo yempilo-ntle yengqondo namanqanaba okubekelwa bucala nobundlobongela buyanda.

IForama yoLutsha ihlanganisa abachaphazelekayo okokuba babelane ngamaqhinga nemingeni xa kusetyenzwa nolutsha. Kunyaka ophantsi kovavanyo le foram ikhuphe

upapasho, oluyi-Youth Expressions, kusabelwana ngeengcebiso zolutsha kubume bethu. Upapasho lufumene ungeniso olungaphezulu kwama-50 oluvela kulutsha.

IPhondo liqhubile ukuxhasa inkqubo yoxabangelo yolutsha ethi yakhe abahlali abasempilweni ngeli thuba kulungiswa iimfuno zentlalo nokuyilwa kweendledlana eziya kuqoqosho kulungiselelwa ulutsha abavolontiyileyo. IYearBeyond, inkqubo ebalulekileyo yenkonzo yolutsha, ifune yaze yafaka emsebenzini ulutsha olungama-964 kwinkonzo yaze yaila amathuba angaphezulu angama-421 ekuqaleni kowama-2022.

IYearBeyond

IYearBeyond iqeqeshe ulutsha olungaqeshwanga ukulungiselela ukunikezela ngeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo. Inkqubo iyila amathuaba omsebenzi kulutsha olungaqeshwanga yaye kwangaxesha linye inikezele ngenkxaso ukulungisa izidingo zentlalo. Ixhasa izikolo ezili-151, ngokusetyenziswa kweNkqubo yeYearBeyond Academic Primary School kunye nooVulindlela eZikolweni kunye nenkqubo ye-@HomeLearning. IYearBeyond yande ngokunjalo yegqitha ezikolweni ukulungiselela ukunikezela ngenkxaso yokufunda kwiingingqi zoluntu kusetyenziswa izizinda ezili-13 eCape Winelands kunye nenkxaso yokufunda kumathala eencwadi akummandla waseTheewaterskloof.

Ezi nkqubo ziziqhelanise zonke ekunikezeleni ukufunda kwinkqubo nasekhaya xa abafundi besesikolweni. Inkqubo yemfundo yesikolo saseprayimari yeYearBeyond, iphuhlise izibonelelo zokufunda nezokubala zegreyidi 3 neyesi-4 zokokuba basebenzele ekhaya kunye nabazali, abamelwane kunye/okanye abantakwabo. INkqubo ye-@HomeLearning YearBeyond ngokunjalo nayo inikezele ngezibonelelo zabafundi nabazali okokuba basebenzele ekhaya ze yaqhuba ukuxhasa abafundi abangeko esikolweni ngenkxaso yabazali ngokusetyenziswa kocweyo lwayo lwabazali. Okokugqibela, inkqubo yethala leencwadi isebenzise amaqonga edijithali ukufundela abantwana kusetyenziswa imisitho ekwividiyo ekuFacebook nekwiWhatsApp.

Ukuzinyaswa kwezi nkqubo kwakulungile xa abafundi besesikolweni kodwa utshintsha-tshintshwano lwetheyibhile yokuzimasa kuthetha ukuba unintsi lwabantwana abazange babe nakho ukuzimasa kabini ngeveki njengoko kudingeka, ukube nomphumela kokujoliswe kuko okungaphantsi kunoko bekulindelwe kokuza rhoqo nokuzinzileyo kwabafundi kwinkqubo.

Inkqubo iyila amathuba omsebenzi kulungiselelwa ulutsha olungaqeshwanga yaye kwangaxesha linye inikezela ngenkxaso ukulungisa iimfuno zentlalo. Ixhasa ngaphezulu kwezikolo ezili-150, ngokusetyenziswa kweNkqubo yeSikolo sasePrayimari yeMfundo yeYearBeyond kunye neyoVulindlela eSikolweni kunye ne-@HomeLearning. IYearBeyond yandise ngokunjalo ngaphaya kwesikolo ukulungiselela ukunikezela inkxaso yokufunda kwiingingqi zoluntu kusetyenziswa izizinda ezili-13 kwiCape Winelands kunye nenkxaso yokufunda kumathala eencwadi kummandla waseTheewaterskloof.

Ngesithuba salapha enyakeni lukwinkqubo ulutsha, okanye kwi-YeBonners, lwakhe iiCV zalo kujoliswe kubuchule obuli-12, ifumene umcebisi ukuluxhasa kuhambo lwalo lokufunda yaye luyaxhaswa ukuba luqhubela phambili kwinqanaba lwalo lethuba eliandelayo lasemva kokugqiba inkqubo. Ulutsha lunike ingxelo yokuziva luzithembile malunga neeCV zalo yaye lunekhono lokufuna umsebenzi ekupheleni kolu qeqesho.

IYearBeyond ifumanise into yokokuba uninzi lolutsha olujoyine inkqubo aluncedakali ngokupheleleyo kokunikezelweyo ngenxa bavalelwa zimpembelelo zokwenzakala

emphefumlweni okanye ezinye iimfuno zempilo-ntle. Ngoko, iYearBeyond iphuhlise i-ikhosistim yayo yenkxaso ngaphezulu kwenkxaso nje kuphela enikezelwa ngabacebisi ukubandakanya uthungelwano lokuthunyelelwa ukwenzakala komphefumlo. Malunga ne-10% yolutsha lufikelele koku. Uninzi lwalo beludinga inkxaso yempilo-ntle yokwenzakala emphefumlweni okanye eyempilo-ntle yengqondo. Izifundo ezophuma kwiYearBeyond kuya kwabelwana ngazo kunye noMqulu weSiseko weqela leNkonzo elilinga inkqubo yokuqukumbela yenkxaso yolutsha e-Atlantis kunye neWCG.

Ngasekupheleni komsebenzi wamava alo iYearBeyond isingethe iindawo zemarike yobugcisa ukunxulumanisa ulutsha kwithuba lalo elilandelayo. Ngaphezulu kwama-50 amahlakani afika kule miboniso eKapa, ePaarl naseTheewaterskloof ukuza kwabelana ngamathuba awahlukeneyo kunye nolutsha.

Ekugqityweni kwenkqubo ama-74% olutsha anike ingxelo yokokuba sele belifumene ithuba elilandelayo labo, nokokuba kkukufunda okanye kukusebenza okanye intlanganisela yazo zombini. Uninzi lolutsha lusele lukwimfundo kunye nama-64% ibe ngaabo basebenzayo, abaqhubeka besebenza kwicandelo yaye namlunga nesinye kwisithathu sabo bafundayo abalandela izifundo zemfundo. Oku kuyinxalenye kuba isibini kwisithathu seqela elinye sisebenze ezikolweni ngethuba lalo nyaka wenkonzo yaye ama-87% asebenza nabantwana. Amanye amacandelo olutsha angina kubandakanywa icandelo lokuThengisa, icandelo leBPO kunye ne-ICT.

Ngokunjalo, kunyaka ophantsi kovavanyo, iYearBeyond igxile ekwakheni iinkqubo zokulinganisa ijonge inkxaso-mali yesizwe yolinganiso. Oku kubandakanya ukucokisiswa koyilo lothelelwano ilungelo lentlalo phakathi korhulumente neeNGO. Inkqubo ithelelene ngoku nemibutho engama-50 kwiphondo lonke. Sikhangele ngokunjalo kwiinkqubo ezisemva ukuxhasa ulinganiso kubandakanywa:

- Ukulingwa kwenkqubo yedijithali yokulandelwa kokuzinyaswa kunye nelinye lamahlakani ethu, iNguqu yaMaza eNguqu ebizwa ngokuba yiTeamPact.
- Ukuphuhliswa, ukulingwa nokuqaliswa kwesicwangciso-nkqubo sobuchule kunye nengxelo nokuzenzekelayo kukuveliswa kweengxelo zokugqibela ezenziwe zazezomntu omnye.
- Ukwendeleliswa kophuhliso lwekharityhulam yolutsha nezibonelelo kubandakanywa uphuhliso lweevidiyo zoqeqesho ezingama-26 ukuxhasa uqeqesho lokufunda nokubala leYeBo Academic kunye neencwadana zenkqubo yesi-4 ye-YeBoneer yokufunda, yokubala, amabali ali-1000 kunye nooVulindlela kwiZikolo.
- Ukuphuhliswa, ukulingwa nokuqaliswa kweSixhobo soPhuculo lokuLunga oluQhubekayo neNkqubo ukuqinisekisa okokuba Sakha umbutho ofundayo.

II-OFISI ZESITHILI

Ii-ofisi zesithili nemidlalo ziyinxalenye ebalulekileyo yophuhliso nokunatyiswa kweenkqubo zethu zorhulumente wephondo Zinika inkonzo kwisithili nakuluntu ngokubanzi. Zixhasa iinkqubo ezahlukeneyo zolonwabo nemidlalo kwiSithili yaye iqinisekisa ngento yokuba iinkqubo zethu zamkelwe kakuhle yaye unikezelo lukumgangatho ophezulu. Kunyaka ophantsi kovavanyo, siyaqhubeka ukuxhobisa ii-ofisi ngezixhobo ze-ofisi, ezithe zathengelwa ii-ofisi zesithili ukuphucula ukusebenza kakuhle kwazo.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo yandlalwe kwitheyibhile engasezantsi:

Imiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyiweyo kwinkqubo yokwandlalwa kwenkqubo yokufakwa kwetheyibhile

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO										
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	zifezekiso ezizizo 2021/22 (Q1 kunye Q2)	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngokunxaxha	Isizathu sokuhlaziywa kwe-APP
INkqutyana 4.2: IMidlalo										
3	Ubhaliso lwabathathi-nxaxheba	4.2.9	Inani labathathi-nxaxheba kwimibutho emanyeneyo yemidlalo	361 989	104 578	75 000	0	-75 000	Oku kokujoliswe kuko konyaka okwahlaziywa kwinkqubo yokwandlalwa ngokutsha kwenkqubo. Ngaphezulu, iCovid-19ibe nempembelelo embi kwiCandelo leMidlalo ethe yanyina uthatyatho-nxaxheba kwiikota ezimbini zokuqala zonyaka-mali.	Lo mgqalisela wahlaziywa kwinkqubo yokwandlalwa ngokutsha ngenxa yeCovid-19.

Imiphumela, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo kwitheyibhile

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
INkqutyana 4.2: IMidlalo									
3	Inkxaso kumaziko emfundo yemidlalo	4.2.1	Inani lamaziko emfundo yemidlalo elixhasiweyo	7	7	7	7	-	-
3	Inkxaso kwiimbaleki	4.2.2	Inani leembaleki ezixhaswe ngamaziko emfundo yemidlalo	210	105	210	210	-	-
3	Isibonelelo sempahla kunye/okanye izixhobo	4.2.3	Inani lezikolo, lezizinda kunye neeklabhu zinikezele ngezixhobo kunye/okanye impahla ngokwezithethe nemigangatho esekiweyo	509	509	*509	514	**+5	Oku kujoliswe kuko bekufanele okokuba kube ngama-514 njengoko ingumgqalisela oqulunqiweyo woPhuhliso lweKlabhu 1.3 (ekujoliswe kuwko kwe-180), iMidlalo yeSikolo 1.7 (ekujoliswe kuko (kakma-309), kunye ne-4.3.3 (ekujoliswe kuko kwama-25). Ama-514 afezekiswa ngokubhekiselele kokujoliswe kuko okuqulunqiweyo, okube nomphumela wokungabikho kweyantlukwano

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
									kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kuthelekiswa nokufezekisiweyo okukuko ngowama-2021/22.
3	Inkxaso kwiimanyano zesithili zemidlalo ezimanyeneyo	4.2.4	Inani leemanyano zesithili zemidlalo ezimanyeneyo ezixhasiweyo	129	138	130	143	+13	Iimanyano zemibutho yemidlalo ezininzi ezenze izicelo zenkxaso-mali ngesithuba esiphantsi kovavanyo zabelwa ngokufanelekileyo ukuhlangabezana nebango elandileyo.
3	Imisitho engundoqo	4.2.5	Inani lemisitho engundoqo yamabhaso ebanjiweyo	126	41	60	104	+44	Imisitho emininzi yaqhubeka emva kokunyenyiswa kwezithintelo zeCovid-19 zaya kutsho kwinqanaba loku-1.
3	INkqubo yempilo-ntle	4.2.6	Inani leenkqubo zempilo-ntle eziququzelelwe yijimnaziyam	4	4	4	4	-	-
3	Imisitho yamabhaso	4.2.7	Inani lemisitho yamabhaso ebanjiweyo	1	1	1	1	-	-
3	IBetter Together Games (iintsuku zemidlalo)	4.2.8	Inani leBetter Together Games	6	0	6	6	-	-

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
			ebanjiweyo (iintsuku zemidlalo)						
3	Ubhaliso lwabathathi-nxaxheba	4.2.9 (ihlaziyiwe)	Inani lamalungu abhalisiweyo kwiimanyano zemidlalo	361 989***	104 578***	75 000	121 142	+46 142	Isizathu sofezekiso olungaphezulu lobulungu obubhalisiweyo lubangelwe zizithintelo zeCovid-19 nokuvalwa kwayo yonke into okuthe kwanyenyiswa. Oku kubangele iimanyano zemidlalo okokuba zibuyele ekudlaleni nasekuthabatheni inxaxheba kwimidlalo.
3	Abantu bemidlalo abaqeqeshiweyo	4.2.10	Abantu bemidlalo abaqeqeshiweyo	254	305	150	158	+8	Ukuzimasa kokokuzithandela yaye enye indlela ikho yokuzimasa ngonxibelelwano olwenziwa kumaqonga awahlukeneyo eyandisa amathuba okuthatyathwa kwenxaxheba.
3	Amaziko emidlalo axhasiweyo	4.2.11	Inani l eeprojekti zamaziko ezixhaswe ngoomasipala	12	7	8	14	+6	Izabelo ezichongiweyo zivumela okokuba kuhlaziywe izibonelelo zebhola yomnyazi njengenxalenye

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
									yenkqubo yelifa leBhola yoMnyazi wama-2023.
3	Inkxaso yeembaleki	4.2.12	Inani leembaleki elixhaswe ngokusetyenziswa kweenkqubo zokusebenza kakhulu	118	0	50	45	-5	Iimbaleki azibanga nakho ukuhamba ngenxa yeCovid-19.
3	Imisitho yamabhinqa namantombazana exhasiweyo	4.2.13	Inani lemisitho yamabhinqa namantombazana exhasiweyo	6	6	4	4	-	-
INkqutyana 4.3: ULonwabo									
3	Imisitho yemidlalo nolonwabo	4.3.1	Inani labantu abathabathe inxaxheba kwimidlalo eququzelelweyo yaye bathabatha inxaxheba neyolonwabo [d]	144 434	7 401	20 000 [e]	35 712	+15 712 [f]	Ukunyenyiswa kwemithetho yeCovid-19 kudlale indima ebalulekileyo kuzinyaso olulungileyo.
3	Amacandelo ekhowudi yeMidlalo yeMveli axhasiweyo	4.3.2	Inani lamacandelo ekhowudi yeMidlalo yeMveli axhasiweyo	7	7	7	7	-	-
3	AmaZiko oLonwabo axhasiweyo	4.3.3	Inani A lamaZiko oLonwabo axhasiweyo	20	20	25	25	-	-
3	Abasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yoLonwabo	4.3.4	abaqeshwe kwiNkqubo yoLonwabo	40	40	50	50	-	-
INkqutyana 4.4: IMidlalo yeSikolo									

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
3	Izithili ezixhasiweyo	4.4.1	Inani lezithili ezixhasiweyo (Imidlalo yeSikolo)	9	9	9	9	-	-
3	Iintlangano zoBumelwane ezixhasiweyo	4.4.2	Inani leentlangano zeZikolo zoBumelwane ezixhasiweyo	9	9	9	9	-	-
3	Abasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeSikolo soBumelwane	4.4.3	Inani labasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeSikolo soBumelwane	174	174	174	174	-	-
3	Izikolo zoBumelwane ezixhasiweyo	4.4.4	Inani lezikolo zoBumelwane ezixhasiweyo	134	134	134	134	-	-
INkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD									
3	Amaziko eMOD axhasiweyo	4.5.1	Inani lamaziko eMOD axhasiweyo	181	181	181	181	-	-
3	Abasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeMOD	4.5.2	Inani labasebenzi abaqeshwe kwiNkqubo yeMOD	470	470	470	470	-	-
3	Izithili zeNkqubo yeMOD ezixhasiweyo	4.5.3	Inani lezithili zeNkqubo yeMOD ezixhasiweyo)	9	9	9	9	-	-
3	Ulwakhiwo lwamakhono amaGcisa aseMva kokuPhuma kweSikolo	4.5.4	Inani lamagcisa aqeqeshiweyo	-	721	700	710	+10	Ekujoliswe kuko kwadlulwa ngenxa yesabelo sokhutshelo kumasebe oluvela kwiWCED kunye neNgxowa-mali yeMisebenzi.

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
3	Amathuba eNkonzo yolutsha	4.5.5	Inani lamathuba ayiliweyo olutsha olukwinkonzo	-	516	1 000	1 385	+385	Ekujoliswe kuko kwadlulwa ngenxa yezabelo ezikhutshelweyo kumasebe zivela kwiWCED kunye neNgxowa-mali yeMisebenzi .
3	Unxibelelwano lweeNdlela zokusebenza zoLuntu	4.5.6	Inani lonxibelelwano labachaphazelekayo bangaphandle (NGO, aBanikeli, iiNqununu)	-	7	8	9	+1	Intlanganiso eyangezelelweyo yabanjwa emalunga nomsitho weLights On.
3	Ucwangciso lweeNkonzo	4.5.7	Inani labachaphazelekayo elibhalwe kwi-Edu-collaborate	-	284	300	286	-14	Inkqubo ibikwindlela yokuhlaziywa yaye ngoko imibutho yema ukujoyina de kugqitywe uhlaziyo.
3	Ulutsha olusemngciphekweni oluthabatha inxaxheba rhoqo nangokuzinzileyo kwii-ASP	4.5.8	Inani lolutsha olusemngciphekweni oluthabatha inxaxheba rhoqo nangokuzinzileyo kwii-ASP	-	11 125	4 000	3 033	-967	Abafundi bazimasa kodwa indlela yokuzimasa okwenziwa rhoqo nokuzinzileyo ayizange ihlangatyezwe ngenxa yeshedyuli yotshintsha-tshintshwano ukuza esikolweni.
3	Izikolo ezinee-ASP	4.5.9	Inani lezikolo elinee-ASP	-	54	350	409	+59	Inkxaso-mali eyangezelelweyo yeYearBeyond yafunyanwa

INKQUBO 4: IMIDLALO KUNYE NOLONWABO									
Umphumela	Iingcebiso	INani	UMgqalisela wokuSebenza	Izifezekiso ezizizo 2019/20	Izifezekiso ezizizo 2020/2021	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2021/2022	Izifezekiso ezizizo 2021/2022	Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifezekiso 2021/2022	Izimvo ngeyantlukwano
									eyanceda ufkelelo ngokubanzi.

Qaphela: Izithuba ezihobe zibonisa imigqalisela ehlaziyiweyo.

a Oku kujoliswe kuko bekufanele okokuba kube ngama-514 njengoko ingumgqalisela oqulunqiweyo woPhuhliso lweKlabhu 1.3 (ekujoliswe kuko 309), kunye ne-4.3.3 (ekujoliswe kuko 25).

b Ama-514 afezekiswa ngokubhekiselele kokujoliswe kuko okuqulunqiweyo kwama-514, okube nomphumela wokungabikho kweyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kufezekiso olululo lowama-2021/22.

c Lo mgqalisela ngaphambili ubale abathabathi nxaxheba kwiimanyano zemidlalo ezimanyeneyo kodwa wahlaziywa okokuba ubale amalungu abhalisiweyo kowama-2021/22.

d Lo mgqalisela wephondo kunye nomgqalisela woMnikelo oneMiqathango.

e Ekujoliswe kuko bekufaneleokokuba ube ngama-30 000 kwisiCwangciso soNyaka sokuSebenza 2021/22.

f Iyantlukwano eyiyo yaba ngama-5 712 ngokusekwe kokujoliswe kuko okulungileyo kwama-30 000.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngendlela engaphantsi kwelindelekileyo

ISebe lisebenza neWCED, iCe-I kunye namahlakani angaphandle ukuhlaziya iziko le-Educollaborate ukuyenza kube lula ukulisebenzisa ukulungiselela lifumane ukutsalwa ziNGO. Imingeni yotshintsho-tshintshwano lokuya esikolweni ngenxa yeCovid-19 isusiwe yaye kulindeleke okokuba iSebe liya kufezekisa elijolise kuko kuthatyatho nxaxheba lwarhoqo noluzinzileyo kwii-ASP ukuya phambili.

Ukusebenza okunxulumene kwiiNgcebiso ezibekwe emgangathweni kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo eMisebenzi eQhutywa kunye

Zonke iingcebiso ezibekwe emgangathweni kunye nemigqalisela yengcebiso ibandakanyiwe kwiziCwangciso zokuSebenza zoNyaka zaze ngoko zamiliselwa kwaze kwanikwa ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka njengoko kubonisiwe kwitheyibhile yokusebenza engasentla.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

INkqutyana yenkcitho yeNkqubo 4: IMidlalo noLonwabo ibe njengoku kulandelayo:

Inkqutyana	2021/22			2020/21		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcithoengaphezuluengaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (engaphezulu/ Ngaphantsi engaphantsi R'000
Ulawulo	84 736	84 516	220	75 761	75 565	196
IMidlalo	62 329	61 490	839	39 698	39 486	212
ULonwabo	17 439	17 436	3	13 473	13 473	-
IMidlalo yeSikolo	45 945	45 702	243	29 043	27 835	1 208
INkqubo yeMOD	52 818	52 592	227	47 273	47 273	-
Zizonke	**263 267**	**261 735**	**1 532**	**205 248**	**203 632**	**1 616**

Inkcitho engaphantsi inxulumene neMbuyekezo kuBasebenzi okubangelwe ikakhulu kukuziziliza kuzaliso lwezithuba. Ngaphezulu, ooMatshini neZixhobo (iilaptop) za-odolwa kodwa azathunyelwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo soqengqelo esilungiselela iilaptop sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

5. Ukunika ingxelo kukuSabela kweZiko kuBhubhane weCovid-19

Ngaphakathi, abaqeqeshi boPhuhliso lweMidlalo banikezelwa ngamathuba ophuhliso lonxibelelwanoi lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ngeli thuba besekhaya. Kubekho ngokunjalo inkxaso kwiMidlalo yeZikolo kunye namacandelo eeManyano zePhondo ngokuxhasa uqeqesho olwenziiwa rhoqo namalinge okudlala, athe anxulunyaniswa nombutho weqela labadlali wezikolo, ngokunjalo nokuthatyathwa kwenxaxheba kwimibutho yeqela labadlali beKlabhu. Ngalo lonke eli xesha, kubekho uhambelwano nemithetho yeCovid-19 kunye nemimiselo, ephantsi kolawulo lwamacandelo eemanyano ezahlukeneyo. Ngaphezulu, imisitho ethile iqhutyiwe ngokunjalo, umz. Imiboniso eyahlukeneyo, imisebenzi enxulunyaniswa nobuxhaka-xhaka bekhompyutha, iinkqubo zoqeqesho, ngokunjalo nohamba-hambo lomntu kunye nemisebenzi yobugcisa nenkcubeko.

Ngaphandle, abaqeqeshi boPhuhliso lweMidlalo banxulumene nemisebenzi yoncedo lokuzondelelwa kwamalungelo oluntu, umz., ukunceda nokondla, ukuhlela, ukubekwa kweliso kukuhamba kwabafundi phakathi kweeklasi nangethuba lekhefu lemini ngokunjalo nokulawulwa kwesithuba esiphakathi komntu nomnye ezikolweni. Ubandakanyeko olungaphezulu ezikolweni luqhubekile ngokunjalo ngokuthi abaqeqeshi bazincede ngothatyatho-nxaxheba kwimingeni eyahlukeneyo yomdaniso, ngokunjalo nokukhunjulwa kwemihla eyodwa efana noSuku lwe-Afrika, uSuku loLutsha, uSuku lweLifa leMveli, uSuku looTitshala, iVeki yeSizwe yokuFunda, iNyanga yoLwazi ngoMhlaza weBele, uSuku lukaMandela njl. njl.

ISebe liseke iKomiti yeMpilo eNgqeshweni noKhuselo yaze laqesha iGosa loHambelwano ukuqinisekisa ngento yokuba indawo yomsebenzi iyahambelana neemfuno ezichaziweyo phambi kokuba abasebenzi babe nokubuyela emsebenzini. Zonke iindawo zokungena abasebenzi behlolwa khona phambi kokuba bavumyelwe kwisakhiwo. Iimaski zanikezelwa kuyo yonke imigangatho ngokunjalo nakwizibonelelo zamagumbi angasese ukuqinisekisa ngokuba abasebenzi banakho ukusanithayiza izandla zabo rhoqo. IQhinga loNxibelelwano liqinisekise ngento yokuba abasebenzi basoloko besaziswa ngokunxitywa kweemaski nokugcina umgama phakathi komntu nomnye.

Inkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo kunye neTyala lemidlalo (imali yeGBS ethe yafikelela esiphelweni)	57 401	57 401	-
Uzinziso lwenkonzo kulungiselelwa uncitshiso lomnikelo wemidlalo yesininzi	6 820	6 820	-
Uyilo lwemisebenzi (elingana neyesigxina) EPWP: iNkqubo 4: iMidlalo iMidlalo noLonwabo	3 000	3 000	-
Amaziko eMOD kubandakanywa ulolongo, izibonelelo nokhuseleko	8 000	8 000	-
ULawulo lokuQulathiweyo lweShishini (ECM)	3 338	3 338	-
ICradle of Human Culture – umgaqo wezinto zakudala zokhenketho lelifa lemveli	500	500	-
Ukuxhotyiswa koLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli ukunceda kuMthetho weSizwe weZiboneleo zeLifa leMveli, 1999 (uMthetho25 we-1999) (NHRA)	5 211	3 759	1 452
Inkxaso yeMibutho yoBugcisa neNkcubeko (NGO - Inkxaso-mali yonyaka)	5 700	5 700	-
INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo – uLutsha olusele luseNkonzweni	3 144	3 144	-
Uphando loyilo lwenkonzo yethala leencwadi likarhulumente	1 500	-	1 500
Ukuxhotyiswa kweNkonzo yooVimba neeRekhodi yeNtshona Koloni	2 331	2 006	325
Ukusingathwa kweNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi 2023	4 500	4 500	-
INkonzo yeThala leencwadi loRhulumente weNtshona Koloni (ukusabela kwisithuba esifutshane isithuba kuncitshiso lomnikelo onemiqathango)	38 500	38 500	-

Ukuyilwa kwemisebenzi (elinganiselwa kwesisigxina) EPWP: INkqubo 2: iMicimbi yeNkcubeko (R2 000 000)

ICandelo: loBugcisa, iNkcubeko neeLwimi lifumene isangezelelo isabelo se-EPWP ukulungiselela ukuyilwa kwamathuba emisebenzi kubaxhamli njengenxalenye yeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente ejolise kwicandelo loBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli. Oku kube nomphumela woyilo lamathuba engqesho angama-366.

Ukhutshelo kwamathala eencwadi kwiSixeko saseKapa kulungiselelwa isakhiwo nololongo (R5 400 000)

Izigidi ezi- R5.4 zakhutshelwa kumathala eencwadi eSixeko saseKapa kulungiselelwa izakhiwo nololongo. Iindlela zokubekwa kweliso zibandakanya utyelelo rhoqo kunye neengxelo ezingeniswayo zarhoqo ngenyanga narhoqo ngekota nguMasipala oMbaxa kwiSebe.

INkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala (R82 308 000)

Injongo yesi sabelo kukuxhasa utyalo-mali lukamasipala kwiinkonzo zamathala eencwadi nokuzinziasa ukunikezelwa kobuchule bexesha elizayo nophuhliso lweenkonzo ezinjalo koomasipala abasesichengeni kakhulu abakwinqanaba le-B3 beNtshona Koloni. Oomasipala abali-15 bafumene iintlawulo ezikhutshelweyo ezilungiselelwe abasebenzi, ukusebenza kunye/okanye inkcitho yezakhiwo kumathala eencwadi. Uhlahlo lwabiwo-mali lwesi sabelo sichongiweyo saba ngama- R82 308 000. Iindlela zokubekwa kweliso zibandakanya utyelelo rhoqo neengxelo ezingeniswa rhoqo ngenyanga narhoqo ngekota ngooMasipala kwiSebe.

Uthungelwano lwethala leencwadi lweBraoadband kunye neenkonzo zokongezelelwa zethala leencwadi ezilungiselelwe ibraodband (R7 267 000)

Injongo yesi sabelo yayikukunikezela ngezibonelelo ze-ICT, kuthengwe iinkqubo zekhompyutha, nokunikezela amathala eencwadi karhulumente ngofikelelo olusimahla kwi-iintanethi. Indawo enye entsha yanxulunyaniswa kwi-ntanethi yenza inani elipheleleyo lamaziko anothungelwano ngokusetyenziswa kweProjekti yoThungelwano lwamaThala eeNcwadi aseMaphandleni ayokutsho kuma-229.

Inkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo kunye noMba weMidlalo (R57 401 000)

Injongo yesi sabelo yayikukwandisa uphawu lweenkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo, ukuqinisekisa ngokuba i-ikhosistim exhasayo yakhiwe yaye iyafikelela kulutsha lwethu nokuqinisekisa ngokulunga kokuqulunqwa kwenkqubo ngokusetyenziswa kolwakhiwo lwamakhono. Kwisimo sotyalo-mali lwakutsha nje lweeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo esibangelwe yiSimpoziyam yoPhando lwaseMva kokuPhuma kweSikolo, uNic Spaul uqaphele into yokokuba kufanele kuthabathe iminyaka eli-12 ukwinkqubo yemfundo ukuze uphumelele imatriki eMzantsi Afrika kodwa ngokwenene ikuthatha iminyaka engama-31 ukupasa ngokuthambekele kukuxhaphaka okukwiqondo eliphezulu kokuphuma phakathi esikolweni nokuphinda-phindwa kwegreyidi. Ukulungiswa koku nokungabikho kobulungisa kufikelelo kwimfundo, okwenziwe mandundu ngethuba leCovid-19, kudinga ukusebenza udlulise kwiklasi. Le yindima yeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo. Ziyile amathuba alungiselelwe abantwana okokuba bafumane yaye balole ukuvutha kwabo luthando, banikezele ngezithuba zokulungisa imisebenzi esemva ekufundeni yaye okubaluleke kakhulu bavuselela abanye abafundi okokuba basebenze kwimfundo yabo.

Esi sabelo sasetyenziswa ngokunjalo ukuxhasa imisebenzi yamaziko eMOD kunye namaziko ezikolo zobumelwane. La maziko acwangcisiwe, iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ezithi zinikezele kubantwana abasesesikolweni ngofikelelo lwemihla yonke kumakhono awahlukeneyo olonwabo, emidlalo, ubugcisa nenkcubeko. Ufikelelo luyanikezelwa ngokunjalo ngeempela-veki nangeeholide zesikolo. Ngeli thuba abathathi-nxaxheba bezimasa ngokuzithandela, ukuzimasa rhoqo nokuzinzileyo kuyakhuthazwa, ngeli thuba ngokunjalo kukhuthazwa njengesinyanzelo sabo bathathi nxaxheba abazimasa la maziko. IiNkqubo zeMOD nezeZikolo zoBumelwane, kunye naMaziko azo eMOD kunye naMaziko

eZikolo zoBumelwane, zisingethwe kuyo yonke iNtshona Koloni yaye zinikezela ngokunjalo ngamathuba emisebenzi kulutsha olungaqeshwanga kuluntu.

Umnikelo wasetyenziswa ngokunjalo ukulungisa kwangaxesho linye intswela ngqesho ngokuyilwa kwamathuba alungiselelwe ulutsha okokuba lusebenze yaye lunike inkonzo kwezi nkqubo ziphantsi kweYearBeyond. Ingakumbi umnikelo unceda iYearBeyond okokuba yandise uphawu lwayo kunye nempembelelo.

Uzinziso lwenkonzo kulungiselelwa intlangano yokuncitshiswa komnikelo wemidlalo (R6 820 000)

Le nkxaso-mali yasetyenziselwa ukunceda kuhlahlo lwabiwo-mali lokusebenza lwee-Ofisi zeSithili, kulungiselelwa ukukhuthazwa koKhenketho lweMidlalo eNtshona Koloni, nokuqinisekisa ngokukhula kwecandelo lemidlalo eNtshona Koloni. Yasetyenziselwa ngokunjalo ukuqinisekisa ngokukhuthazwa kwemidlalo eNtshona Koloni, nokukhutshelwa kuhambo ukuya kwimisitho yesizwe nakwiitumente, kubandakanywa nenkxaso-mali engalungelelaniswanga yeembaleki eziya kwimisitho yehlabathi.

Uyilo lwemisebenzi (elinganiselwa nesisigxina) lwe-EPWP: INkqubo: IMidlalo noLonwabo (R3 000 000)

Inkxaso-mali efunyenweyo yasetyenziselwa ukuyila imisebenzi kwiNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu, iNkxaso yoMxhamli, iiNkonzo zoBuchule, ii-Ofisi zeSithili kunye neCD: iMidlalo noLonwabo. Ngaphezulu, iingxowa-mali ziya kusetyenziselwa ulwakhiwo lwamakhono nokubonelela abasebenzi ngezibonelelo. Esi sabelo sasetyenziselwa ngokunjalo ukuyila amathuba emisebenzi kulungiselelwa ulutsha olungaqeshwanga kuluntu. La mathuba emisebenzi avele kwiMOD yethu kunye neeNkqubo zeSikolo soBumelwane. Ecaleni kokujoliswe kuko kuthatyatho lwenxaxheba sisininzi ezi nkqubo zisebenze ngokunjalo njengomthombo wetalente, apho abathathi-nxaxheba abanekhono mhlawumbi kulonwabo, kwimidlalo, kubugcisa kunye/okanye kwinkcubeko banakho ukuchongelwa ukuthabatha inxaxheba kwinqanaba elilandelayo. Ngaphezulu, abo baqeshiweyo kwezi nkqubo okt. abaqeqeshi, banikwa ithuba lokufikelela kumathuba awahlukeneyo, umz. bafumana ithuba lokuzimasa izifundo ezahlukeneyo eziqinisekisiweyo.

AmaZiko eMOD kubandakanywa ulolongo, izibonelelo nokhuseleko (R8 000 000)

Amaziko asekwe esikolweni, asetyenziselwa izinto ezininzi nawolwabelwano (iZakhiwo zeCARES) aphuhlisiwe kumaZiko awahlukeneyo eMOD (okanye intlanganiso yamaZiko eMOD) kunye/okanye izikolo zawo zobumelwane. Iziko ngalinye kula maziko olwabelwano, ngokunjalo, adinga inkxaso ngokuphathelele kwiindleko zololongo lwawo, zezibonelelo nezokhuseleko. Amaziko kuyabelwana ngawo yaye asetyenziswa zizo zonke izikolo kubumelwane, ngokunjalo nobumelwane obuwangqongileyo. Anikezela abathabathi nxaxheba ngeendawo ezikhuselekileyo nezifanelekileyo yaye yindawo apho banakho ukuhlangana kwimisebenzi yabo eyahlukeneyo yolonwabo, yemidlalo, yobugcisa neyenkcubeko, ukususela kwinqanaba lokuthatyathwa kwenxaxheba kwesininzi, ukuya kwinqanaba lobungcungela. La maziko anika ingqiqo njengendawo ongayibiza njengekhaya, njengoko le kulapha abathathi-nxaxheba bahlangana khona, banxibelelane, baphuhlise ingqiqo yokumanyana, ngokunjalo nokuba bangobani na, njengoko le kulapho ukuzithemba kukhuliswayo yaye ixabiso labo liyaphuhliswa ngaphezulu.

ULawulo lokuQulathiweyo lweShishini (ECM) (R3 338 000)

Esi sabelo yayisesokusebenza ngokunjalao nenkxaso-mali enxulumene neprojekti. Oku kubandakanya ukuqaliswa okuHlangeneyo kweDLG ngokunjalo neeDOCS kwaqukunjelwa ngempumelelo ngomla wama-31 kuMatshi 2022.

I Cradle of Human Culture – Umgaqo wokhenketho wezinto zokudala (R500 000)

Isabelo sesokuseka umboniso wesigxina kwiMyuziyama wase-Elands Bay, kubandakanywa uphuhliso lwengqikelelo kunye noyilo nomiliselo. Ulityaziso obelungalindelwe elusayinweni kwesivumelwano sengqeshiso sesakhiwo semyuziyam kunye noMasipala waseCedrberg lunyanzeliswe isebe okokuba lilibazise ukuqala kwenkqubo yophuhliso lomboniso. Njengoko umphathi weMyuziyam yeWheat Industry, sele ngokwakaloku nje enguMphathi oBambeleyo ngokunjalo weMyuziyam yase-Elands Bay, kwagqitywa kwinto yokuba kukhutshelwe inxenye yenkxaso-mali (R500 000) kulungiselelwa uphuhliso lwengqikelelo yomboniso kunye noyilo kwiMyuziyam yeWheat Industry, ukwenzela okokuba babe nakho ukuqalisa ngokulawula le nxalenye yeprojekti kubume bengingqi.

Ukuxhotyiswa koLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli ukunceda kuMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999 (uMthetho 25 we-1999) (NHRA) (R5 211 000)

Injongo yesabelo kukulungiswa kwemingeni yabasebenzi nokuxhaswa kwesakhiwo; ukulungiselela ukunikezela ngenkxaso kugunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo elifaneleke kakhulu nesisebenzayo ngokwakha ikhono kwiLifa leMveli leNtshona Koloni. Inkqubo yokuliguqula ibe lelala maxesha iyaqhuba ngokulungiswa kwesahlulo semigangatho owoku-1 nowesi-3 weProtea Assurance Building ukulungiselela ulwandiso lwecandelo lwabasebenzi kunye nabasebenzi beHRMS ababolekwe kwiHWC. Ukuthengwa kwefanitshala ye-ofisi kugqityiwe. Ukulungiswa kwesakhiwo kusaqhutywa.

Inkxaso yeMibutho yoBugcisa neNkcubeko (NGO – Inkxaso-mali yonyaka) (R5 700 000)

Isixa-mali esangezelelweyo sezigidi ezisi-R5 700 000 safunyanwa silungiselelwe iiNtlawulo eZikhutshelweyo yaye zabelwa ukuxhasa imibutho yoBugcisa neNkcubeko ezibandakanye ngamandla kukukhuthaza, ukuphuhlisa nokulondolozwa kobugcisa nenkcubeko. Inkxaso-mali yakhutshwa ukuxhasa uqoqosho lweGIG okuchatshazelwe kakhulu yiCovid-19 yaye izithintelo ezibekwe kwiindibano zoluntu.

INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo – Ulutsha osele luseNkonzweni (R3 144 000)

Inkqubo yolutsha olusenkonzweni ifumene inkxaso-mali eyangezelelweyo ukwandisa iYearBeyond kunye namathuba omsebenzi alungiselelwe abantu abatsha kwiPhondo. Ukwangezelela kuyilo lamathuba iqela elijolise kulo ekuxhaseni ulutsha ngophuhliso lwalo lobuntu nolobugcisa kunye nenkxaso yentlekele ukuvulela ikhono lwalo elipheleleyo nokuvulela iindlela eziya kwikamva lwalo. Oku kubandakanya intsebenziswano kunye neqela leeNkonzo zoMqulu weSiseko nokulingwa kwale nkqubo e-Atlantis.

Ukuxhotyiswa kooVimba beNtshona Koloni neeNkonzo yeeRekhodi (R2 331 000)

Inkxaso-mali inikezelwe liCandelo loLawulo-mali lePhondo kulungiselelwa iiNkonzo zooVimba neCOE ephantsi kwenkqubo 3 uhlahlo lwabiwo-mali lonyaka-mali wama-2021/2022, isixa-mali esizigidi ezi- R2.331, unyaka-mali wama-2022/2023 isixa-mali sezigidi ezi- R2.4. Iingxowa-mali ziceliwe ukuzalisa izithuba ezibalulekileyo kooVimba beNtshona Koloni kulungiselelwa

amaCandelo oLawulo lweeRekhodi kunye noLawulo looVimba. Izithuba ezithandathu zazaliswa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

Ukusingathwa kweNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi yowama-2023 (R4 500 000)

ISebe lizibophelele kulwakhiwo kunye okanye uhlaziyo phakathi kwamabala angama-30 okudlala ibhola yomnyazi kuyo yonke iNtshona Koloni njengoko keandlaliwo kuXwebhu olusesikweni lokuNikwa kwaMaxabiso kwisahluko "seLifa". Kunyaka-mali wama-2021/22, iSebe lenze izabelo koomasipala abalandelayo ukuxhasa iimbophelelo yelifa:

- Hessequa
- Knysna
- Langeberg
- Swellendam
- Cape agulhas
- Saldanha
- Bergriver
- Swartland
- Mossel bay
- Prince albert
- Laingsburg

INkonzo yeThala leeNcwadi likaRhulumente yeNtshona Koloni (ukusabela kwesithuba esifutshane isithuba sokuncitshiswa komnikelo onemiqathango) (R38 500 000)

Ukusabela kwesithuba esifutshane okunikezelweyo kwisebe ukuxhasa utyalo-mali lukamasipala kwiinkonzo zethala leencwadi likarhulumente, ngenxa yokuncitshiswa koMnikelo oneMiqathango yeNkonzo yeThala leeNcwadi loLuntu. Iingxowa-mali ezikhutshelwe koomasipala abali-19 kulungiselelwa abasebenzi, imisebenzi kunye nolungiso.

Uphando kuyilo lwenkonzo yethala leencwadi likarhulumente (R1 500 000)

Inkxaso-mali ekhutshwa kube kanye enikezelwe liCandelo loLawulo-mali lePhondo ukuqesha umnikezeli wenkonzo wangaphandle ukuqhuba uphando kuyilo lokunikezelwa kweenkonzo okuzinzileyo kwithala leencwadi likarhulumente eNtshona Koloni. Isebe alibanga nakho ukuqesha umnikezeli wenkonzo ukulungiselela ukubonelelwa koYilo lokuNikezelwa kweNkonzo kwiThala leeNcwadi likaRhulumente emva kweenzame ezimbini. IMizi-mveliso yoBalo-mali kunye namaZiko eMfundo ePhakamileyo achwechwelwa kulungiselela "Inkcazelo yoMdla" ukuvavanya imarike isithuba sesithathu. ISebe lifumene iimpendulo ezithi zibonise ikhono nesakhono seminye sale mibutho ukwenza uphando oludingekayo nokusinikezela ngoyilo, ngoko, iingxowa-mali kwafuneka zinikezelwe njengoko zange zibe nakho ukuchithwa ngomhla wama-31 kuMatshi 2022.

8. IiNgxowa-mali zoMnikelo

Akukho ngxowa-mali zomnikelo zifunyenweyo kunyaka ophantsi kovavanyo.

9. UTyalo-mali lweZakhiwo

9.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi

Alukho.

ICandelo C

ULAWULO

1. Intshayelelo

ULawulo, uLawulo loMngcipheko, nokuHambelwano ziintsika ezintathu ezisebenzisanayo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iSebe lihlangabezana neenjongo zalo. Uhambelwano nemigaqo-nkqubo kwaneenkqubo zeSebe, imithetho nemimiselo, ulawulo oluqinileyo nolunobuchule luthathwa njengolusisitshixo esisa kwimpumelelo yeSebe. Eli candela linikezela uvavanyo lokwendeleliswa koLawulo kwiSebe.

2. ULawulo loMngcipheko

ISebe liseke iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini kunye neeNqobo eziseSikweni (ERMECO) ukunceda iGosa eliNika iNgxelo ekumiliseleni uxanduva lwalo olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

UMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko weShishini neQhinga

ISebe lamkele uMgaqo-nkqubo woLawulo koMngcipheko weShishini ngomhla we-12 ku-Epreli 2021 kulungiselelwa iminyaka-mali yowama-2021/22 – 2024/25. Lo mgaqo-nkqubo uchaza ifilosofi yolawulo lomngcipheko nokufakwa, kwinqanaba eliphezulu, iindima noxanduva labachaphazelekayo abahlukeneyo. Unikezela ngesiseko senkqubo yolawulo lomngcipheko eyangezelelwa yinkcukacha kwiqhinga.

Iqhinga loLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) kunye nesicwangciso somiliselo licalula indlela iSebe eliya kumilisela ngayo uMgaqo-nkqubo we-ERM owamkelwe liGosa eliNika iNgxelo (AO). Eli qhinga le-ERM lixhaswa nguMgaqo-nkqubo wePhondo woLawulo loMngcipheko weShishini kunye neQhinga (PERMPS) ngokunjalo noMgaqo-nkqubo wayo we-ERMyayo kunye neembonakalo zomngcipheko.

UXANDUVA LWE-ERMECO

Iingxelo ze-ERMECO zokokuba zihambelene noxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho weCandelo loLawulo lweMali 3.2.1 kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente yowama-2016, iSahluko 2, iCandelo 1, 2 kunye nelesi-3. I-ERMECO inike ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMiqathango yeSikhombisi efanelekileyo nesesikweni (eyamkelwe nguSihlalo we-ERMECO ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2019) nokulawula imicimbi yayo ukuhambelana neMiqathango neSikhombisi yaye iqhube ngoxanduva lwayo njengoko luqulathwe kuyo.

AMALUNGU E-ERMECO

I-ERMECO iqulathe i-OA, amalungu olawulo oluphezulu, iSMS kunye namalungu akhethiweyo eqela lolauwulo lweSebe. NgokweMiqathango yeSikhokhelo sayo i-ERMECO ihlangene amaxesha amane phantsi konyaka ophantsi kovavanyo. Zonke iintlanganiso zizinyaswe ngawo onke amalungu okanye abameli bawo.

Itheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu e-ERMECO:

ILUNGU	ISIKHUNDLA	EZIZINYASI WEYO	UMHLA WOKUQESHWA
Mnu. G Redman	IGosa eliNika iNgxelo (USihlalo)	4	31/03/2017
Nks. B Rutgers	UMlawuli: uLawulo lweMali (CFO)	4	31/03/2017
Nks. C Sani	UMlawuli: liNkonzo zamaThala eeNcwadi	*2	31/03/2017
Mnu. D Esau	USekela Mlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi (IGcisa loMngcipheko)	4	31/03/2017
Mnu. D Flandorp	USekela Mlawuli: IYunithi yoLawulo loBudlelwane beeNkonzo zeQumrhu (IGosa leeNqobo ezisesikweni)	*3	31/03/2017
Nks. J Boulle	CD: INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo	4	31/03/2017
Nks. J Moleleki	UMlawuli: liNkonzo zoBugcisa, iNkcubeko kunye noLwimi	4	31/03/2017
Mnu. M Janse van Rensburg	UMlawuli: liNkonzo zeeMyuziyam, zeLifa leMveli namaGama eeNdawo (ngokunjalo CEO: HWC)	*3	1/07/2021
Gqirh. L Bouah	UMlawuli oyiNtloko: IMidlalo noLonwabo	*3	31/03/2019
Nks. N Dingayo	UMlawuli: INkonzo yeooVimba yePhondo	4	12/03/2019
Mnu. S Julie	UMlawuli: INkxaso yeQhinga noLawulo lokuSebenza	4	31/03/2017
Mnu. T Tutu	UMlawuli: UkuKhuthazwa kweMidlalo	*2	31/03/2017
Mnu. P Hendricks	UMlawuli: UPhuhliso lweMidlalo	4	31/03/2017

*Kusoloko kukho ummeli weyunithi xa amalungu engenakho ukuzimasa intlanganiso

Okulandelayo sisiboniso samanye amagosa athe azimasa iintlanganiso ze-ERMECO zonyaka ophantsi kovavanyo:

ABANYE ABAZIMASILEYO	ISIKHUNDLA	EZIZINYASIWEYO
Nks. A Haq	UMlawuli: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	4
Mnu. D Micketts	UMcebisi oyiNtloko woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	4
Nks. N Mabude	UMcebisi woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	3
Nks. C Cochrane	UMcebisi oyiNtloko woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	2
Nks. J Reed	UMcebisi woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	1
Mnu. I Bull	USekela Mlawuli: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi	4
Mnu. P Swartbooi	UMlawuli: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi	3
Nks. M Natesan	USekela Mlawuli: liNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	4

IMisebenzi enguNdoqo ye-ERMECO

I-OA ngusihlalo we-ERMECO kunye neSekela loMlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi liGcisa loMngcipheko lesebe. Ekumiliseleni umsebenzi wayo, i-ERMECO iqhuba le misebenzi ingundoqo ilandelayo apha enyakeni:

- Ukuvavanywa kweQhinga le-ERM leSebe, kunye nesiCwangciso soMiliselo phambi kokunikwa kwengcebiso eyenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo olwenziwa yi-AO;

- Ukubekwa kweliso nokuvavanywa imingcipheko kumacandelo amaqela acwangcisiweyo kumanqanaba olangaselelo, ukuvavanywa nokusetyenziswa kolangazelelo olufanelekileyo lomngcipheko nokunyamezelana okukhokhelwa yiPERMPS owamkelwe ngaBalawuli abaPhezulu bePhondo;
- Ukunikwa kwengxelo kwi-AO naziphi na iinguqu ezibambekayo kwimbonakalo yomngcipheko wesebe;
- Ukuqinisekiswa kwemingcipheko yeqhinga yokubekwa kwabemi embindini lisebe. Oku kubonise iinzame zesebe ekulungisweni kwemiba yokunikela kunye nempembelelo enxulumene ngqo kubemi;
- Ingqiqo yomngcipheko efunyenweyo neengxelo zentsingiselo;
- Ukuchongwa kwemingcipheko evelayo;
- Ukuvavanywa kwemingcipheko engaphandle kumanqanaba okunyamezela kulungiselelwa izenzo ezingaphezulu / ingqwalasela;
- Ukubekwa kweliso kumiliselo lwesiCwangciso sokuThintelwa koBuqhophololo noRhwaphilizo;
- Ukubekwa kweliso kumiliselo loMgaqo-nkqubo wesebe we-EMR, iQhinga nesiCwangciso soMiliselo;
- Ukuhlolwa kokusebenza nokuthintelwa kwamaqhinga ukulungisa imingcipheko yolwaphulo-mthetho lwemathiriyeli, lweenqobo ezisesikweni noloqoqosho;
- Ukunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwisebe.

Imingcipheko engundoqo eqwalaselweyo nelungisiweyo apha enyakeni

- **Isithuba esinganele sokufaka koovimba zonke iirekhodi ezifunyenwe kumaziko karhulumente.** Umngcipheko uhlala ubalulekile njengoko uphembelela ngqo nakakubi kwisigunyaziso seSebe ngokunjalo nakwinjongo yawo. Ulawulo olukhoyo zibonakele zinganele ingakumbi njengoko ukulungela nokufaneleka kwesithuba kudingeka. Esi sithuba siya kudla izigidi zerandi yaye sidinga utyalo-mali olukhulu okanye isiphiwo sokuyila okanye inkuthalo ukudambisa ngokwanelisayo. ISebe lilandela iindlela ezizezinye ukwenzela okokuba lomngcipheko uphezulu ushiyekileyo uya kufumana ingqwalasela eyimfuneko nolwamkelo oluvelwa kwabachaphazelekayo.
- Umngcipheko "**ikhono elinganele ukufezekisa imiphumela yesebe**" ubhalwe ngokubanzi kodwa ugxile kokungaphandle okufana nembonakalo embi yemali karhulumente noqoqosho ebe nomphumela wemiqathango engqongqo echaphazela ingqesho nokungaqiniseki okumalunga neminikelo enemiqathango.
- **Ukungabinakhono kweemyuziyam lokulondoloza ngokwaneleyo kunye nokunika ingxelo yee-asethi zeLifa leMveli.** Umngcipheko uyaqhubeka ukuhlaziywa yaye uya kuvavanywa kwakhona njengoko umthetho oyilwayo olungisiweyo weemyuziyam uqukunjelwa. Eminye yemiba enikelayo uphathelelene kulungelelwaniso lwesicwangciso sabasebenzi esikhoyo kwisicwangciso-nkqubo esitsha solawulo kunye nophicotho-zincwadi nokufakwa kwidijithali kokuqokelelweyo komyuziyam.
- Okuya kucalulwa ngaphezulu "**Kukungabikho kwesakhono lokumiliselwa kwesigunyaziso esisemthethweni ngokuphathelele nokubonelelwa kweenkonzo zethala leencwadi likarhulumente**" ngakumbi ngenxa yempembelelo engakho xa IVAT ithe yahlawlwa kwiintlawulo ezikhutshelweyo. Iintlanganiso zabachaphazelekayo ziqhutyiwe yaye zaqiniswa ngethuba apho ilizwe lambethwe ngumgodlo wohlahlo lwabiswo-mali onciphayo ochaphazela ikakhulu onke amasebe karhulumente.
- Ngethuba loNyaka-mali wama-2020/21 amanye amaziko enkcubeko asetyenziswa njengeendawo zokubekela bucala kuthintelwa ulwasuleleko sisifo yaye ingeniso

eqhelekileyo ayabinakho ukwenzeka. Nangona kunjalo, inkxaso-mali eyangezeleleyo yalungiselelwa. Umngcipheko "**Wengeniso yerhente enganele ukuhlawula zonke iindleko zolungiso lwamaziko"** inokuchazwa ngoko ngokutsha inikwa ubume obutsha kunye nenguqu kubume.

Imingcipheko engundoqo evelayo yonyaka-mali olandelayo

ISebe alikwazi ukunikezela ngenkxaso eyaneleyo nefanelekileyo kulutsha ekujoliswe kulo ngokuphathelele kuphuhliso lolutsha kwiPhondo leNtshona Koloni. Impembelelo yalo mngcipheko inokukhokhelela phakathi kwezinye izinto kukwanda kukuhla emoyeni, ukuhluthwa ubunini, kunye nokungabikho kwengqiqo yokuba ungowaphi na. Lo mngcipheko uya kucalulwa ngaphezulu kunyaka-mali omtsha.

ISebe lazi kakhulu neenyaniso zoqoqosho nokuncipha kohlahlo lwabiwo-mali xa kuthelekiswa neentswelo zoluntu. Imingcipheko engakho ibekwa iliso ngokukodwa yaye iyaxoxwa yaye iyalawulwa.

Ulawulo lwemingcipheko

Iimvavanyo zarhoqo zomngcipheko weqhinga nenkqubo ziyaqhutywa ukumisela ukusebenza kakuhle kweqhinga lolawulo lomngcipheko wesebe nokuchongwa kwemingcipheko emitsha evelayo ngenxa yenguqu kubume bangaphakathi kunye/okanye kobangaphandle. Imingcipheko yenkqubo nganye yaxoxwa apha enyakeni ze yandlalwa kwiintlanganiso zarhoqo ngekota ze-ERMECO. Abaphathi abaphezulu badingeka okokuba banike ingxelo ngenkqubela phambili nokumiliselwa kwezicwangciso zokusebenza ukunciphisa ukwenzeka okungakho kwemingcipheko kunye/okanye impembelelo ukuba ngaba ingenzeka. I-ERMECO ibuyisele imingcipheko ngokunjalo kwiinkqubo okokuba kufuneka ihlahlelwe ngokubanzi ze kucetyiswe ukudanjiswa okungaphezulu okanye izenzo zolkulawula imingcipheko. Abaphathi bathabatha ubunini bemingcipheko ze basoloko bexoxa imiba yomngcipheko kumaqonga awahlukeneyo njengenxalenye yayo yobume ngenzame yokuthintela imingcipheko ngendlela yentsebenziswano nenenguqulelo. UMgaqo-nkqubo we-ERM yeSebe neQhinga zithunyelwa kuwo onke amagosa rhoqo ngonyaka kulungiselelwe onke amanqanaba abasebenzi okokuba ahlale esazi ngokwandiswa okuthe kwenziwa njengendlela yokwendelelisa ulawulo lomngcipheko kulo lonke isebe. Amathuba olwazi lokubonisa imingcipheko yohlobo oluthile aqhutywa ngokunjalo ukwabelana ngemiba yokuphawulwa kwesiseko ukulungiselela ulawulo lomngcipheko lube nakho ukukhula kwisebe. Imisebenzi ecalulwe kwisicwangciso somiliselo ibekwa iliso rhoqo yaye kunikwa ingxelo ngamathuba athile, ngendlela enye ekuthi kubekwe iliso ngayo okunikezelwayo kwe-APP, ukulungiselela ukufunyanwa kwemingcipheko engakho kunye neyantlukwano evela kwimigqalisela kunye nokufezekiswa kwemiphumela nokuhanjelwana nezigunyaziso zomthetho nezongaqo-nkqubo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yoBumbano lweNtlalo inikezela ngolongamelo oluzimeleyo lwenkqubo yesebe yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikezelwa iingxelo yarhoqo ngekota yenkqubela phambili ye-ERM kunye neerejista zomngcipheko ukumilisela indima yayo yolongamelo ezimeleyo.

Ukuqukumbela

Kubekho inkqubela phambili ebonakalayo kulawulolwemingcipheko ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22. Inkqubela phambili elungileyo yenziwa kulawulo lokwendeleliswa

komngcipheko nokuphakamisa inqanaba lokukhula komngcipheko kwisebe elithe lanikela kukusebenza okwamkelekileyo kwesebe. Uphuculolunokubalelwa kulwazi lomngcipheko kunye neenkqubo zoqeqesho ezinikezelwe kumagosa kwiSebe ngokusetyenziswa kweqonga leenkqubo zekhompyutha zenkomfa yeMS Teams/ividiyo ngethuba lobhubhane weCovid-19. ISebe libe nakho ukugcina uzinzo ngokubhekiselele kukumiliselwa kweenkqubo zolawulo lomngcipheko ngethuba lobhubhane onomngeni weCOVID-19.

Ukukhula kokwanda komngcipheko kwisebe kukhokhelele kumaqhinga aphuculweyo okusabela kukuchongwa kwemingcipheko kwiinkqubo ezahlukeneyo (kwiSebe).

3. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILISO

Ubuqhopholo norhwaphilizo lubonisa imingcipheko emikhulu enokubakho kwiimpahla zeSebe kwaye bungakuchaphazela kakubi ukuhanjiswa kweenkonzo ngobuchule kunye nesidima seSebe.

IWCG yamkele iQhinga lokuLwa uBuqhopholo noRhwaphilizo eliqinisekisa ukubuphelisa nya kweli Phondo ubuqhopholo, ubusela norhwaphilizo. Ngokungqinelana neli qhinga iSebe lizibophelele ekuzipheliseni nya naziphi ezinye izenzo ezijolise kubuqhopholo, urhwaphilizo naziphi na ezinye iintshukumo zolwaphulo-mthetho, nokuba zezangaphakathi okanye zezangaphandle, yaye liswantsulisa litshutshise ngazo zonke iindlela ezisemthethweni ezifumanekayo, nabaphi na abantu abazibandakanya kwizenzo ezinjalo okanye abazama ukwenjenjalo.

ISebe linaso isiCwangciso sokuThintela ubuQhopholo noRhwaphilizo kunye nesiCwangciso soMiliselo esincedisa isiCwangciso soThintelo esihamba kunye naso.

Amajelo ahlukeneyo okuxela izityholo zobuqhopholo, ubusela norhwaphilizo obukhoyo yaye zichaziwe ngeenkcukacha kwiQhinga lePhondo eliChasene nobuQhopholo noRhwaphilizo, uMgaqo-nkqubo weWCG wokuNtama nesiCwangciso seSebe sokuThintela ubuQhopholo kunye noRhwaphilizo. Isityholo ngasinye esifunyenwe liCandelo leeNkonzo zoPhando lwaseNkundleni lePhondo (PFS) sirekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweTyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukunika ingxelo ngenkqubela eyenziweyo ngamatyala anxulumene neSebe nokuveliswa kweenkcukacha zamanani zeWCG nezeSebe.

Abasebenzi nabaqeshwa abantama izenzo ezikrokreleka njengezobuqhopholo, urhwaphilizo nobusela bakhuselekile ukuba ingxelo leyo inikiweyo yingxelo ekhuselweyo (o.k.t. iyazifezekisa iimfuno zomthetho zoMthetho woBhengezo oluKhuselweyo, onguNombolo 26 wama-2000 umz. ukuba ngaba ubhengezo lwenziwe ngokuthembakeleyo). UMgaqo-nkqubo weWCG wokuNtama unikezela ngesikhokelo kubasebenzi nabaqeshwa ngendlela yokuvakalisa iinkxalabo zabo kubaphathi babo abafanelekileyo, kubantu abaqeshelwe oku kwiWCG okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezibambekayo zokukholelwa ukuba ngenene kukho izenzo zolwaphulo-mthetho okanye ezitenxileyo ezaye zenziwa okanye ezenziwayo kwiWCG. Ithuba lokuhlala lingaziwa igama lakho linikwa nabani na onqwenela ukuxela izenzo zobuqhopholo, ubusela norhwaphilizo kwaye ukuba bakwenzile oko ngokuza ngokwabo, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngulowo kunikwa kuye ingxelo.

Ukuba, emva kophando, ubuqhopholo, ubusela okanye urhwaphilizo buqinisekisiwe, umsebenzi ochaphazelekayo kwezi zenzo ufakwa kwinkqubo yoluleko. Ummeli weWCG

oqalisa iinkqubo zoluleko udingeka okokuba acebise ngokugxothwa komsebenzi ochaphazelekayo. Xa kukho ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho, oko kuxelwa kwiiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika

Kunyaka ophantsi kovavanyo, i-PFS ikhuphe iSatifiketi sokuHamba kweTyala kulungiselelwa okokuba iSebe liqaphele okulandelayo:

Amatyala	Inani lamatyala
Amatyala avuliweyo ukususela kumhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021	0
Amatyala amatsha (2021/22)	0
Amatyala avaliweyo (2021/22)	0
Amatyala avuliweyo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022	0

4. UkuNcitshiswa kweDolo kuMsebenzi

Onke amalungu eeNkonzo zaBalawuli abaPhezulu (SMS) kulindeleke angenise ubhengezo lwemali yonyaka ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ekwenzeni umsebenzi weSebe. Bonke abasebenzi abakwiCandelo loLawulo lweMali, abakumanqanaba omvuzo we11-12 amaGosa esebe ajongene nokuZiphatha ngeNtsulungeko, bonke abasebenzi abasebenza kwisigqeba esijongene nokugaya abasebenzi bazalisa ingxelo ngeemali zabo ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ngokumalunga nabagqatswa abafake izicelo zezithuba ezipapashiweyo. Ukuba kunokubakho idolo elinokuvela ngokubhekisele kwilungu lesigqeba, kuya kufuneka lirhoxe kuloo nkqubo. Amalungu eKomiti yokuBizwa kwamaXabiso kulindeleke ukuba asayine isibhengezo sokubakho kwedolo xa kuvavanywa kukwachotshelwa uhlolo lwamaxabiso. Abasebenzi abaqeshwe kwiCandelwana loLawulo loBudlelane beeNkonzo zeQumrhu bazalisa ingxelo yokugcina iimfihlo ngenxa yokuba besebenza ngemicimbi enobu-ethe-ethe yeenkcukacha zolawulo lwemicimbi yabasebenzi yonke imihla.

5. UMgaqo wokuZiphatha

Bonke abasebenzi abasandula ukuqeshwa bafumene iCoC njengenxalenye yepakethe yabo yokumiselwa kwiSebe xa beqala ukusebenza. Ingxoxo kule khowudi yenza inxalenye yenkqubo yokuqheliswa yesebe yePAY yabaqeqeshwa besengqeshweni. IKhowudi yanikezelwa ngokunjalo kubo bonke abanye abasebenzi beDCAS ekwafuneka besayine irejista eqinisekisa okokuba bafumene ixwebhu. ISebe yamkele iZikhokhelo ekusetyenzisweni kwoPapasho lweSelula. Ezi zikhokhelo zihambelana nomgaqo-nkqubo wePhondo wopapasho lweselula yaye lulumkisa amalungu abasebenzi okokuba basebenzise upapasho lweselula ngokuhlakanipha. Izikokhelo ziyafumaneka kubo bonke abasebenzi yaye zandlalwe kwiintlanganiso zecandelo ukuqinisekisa ngento yokuba abasebenzi bayaluqonda uxanduva lwabo xa kusetyenziswa zopapasho lweselula. Olu lwandlalo lwenza inxalenye yenkqubo yesebe yePAY yokuqheliswa kwabaqeqeshwa besengqeshweni. Inkqubo yeRemuneration for Work Outside the Public Service (RWOPS) uMgaqo-nkqubo wokuXhatshazwa ngeSondo kunye neeposta zokuChaswa koRhwaphilizo, zanikezelwa kubasebenzi beDCAS.

ISebe loLawulo lweNkonzo kaRhulumente, ISebe loLawulo leNtsebenziswano, kunye noMbutho weMasipala woMzantsi Afrika lisebenzisana neZiko leeNqobo eziSesikweni ukuqhuba uvavanyo lwesithathu lweenqobo ezisesikweni kulo lonke icandelo likarhulumente. Bonke abasebenzi beDCAS bamenywe ukuba bathabathe inxaxheba kuvavanyo. Injongo yovavanyo yayikukufumana ingqiqo engcono yeenqobo ezisesikweni zikarhulumente kurhulumente wesizwe, wephondo, nomasipala.

6. IMiba yeMpilo, yoKhuselo, kunye neyeNdalo

Ngenxa yobhubhane lweCovid-19 ongekalawuleki, imiba yeMpilo, yoKhuseleko neyeNdalo isafumena ingqwalasela enkulu ukunceda abasebenzi abakwingqesho yesebe namilisela imisebenzi yabo kubume obukhuselekileyo kunye nabatyeleli kwii-ofisi zabo bafumana okufanayo kubume obufanayo.

NgokweCandelo 16(5) leMIQATHANGO YOKHUSELO NEMPILO ENGQESHWENI yeCovid-19 (C19 OHS), 2020, iSebe ligcine ezi zithuba zengqesho zilandelayo:

- 1 IGosa lohambelwano
- 12 AmaLungu eKomiti yoQuquzelelo lwe-OHS Covid-19
- 53 AmaGosa oHambelwano lweZiko

Uhlolo lwenziwa kuzo zonke ii-ofisi luyaqhubeka lusenziwa kwii-ofisi zohambelwano eziqeshwe kwii-ofisi ezingama-53.

Ngesithuba seyeNkanga 2021, uPhicotho-zincwadi loNyaka lweNgingqi/uHlolo luqalise kwimimandla yase-Eden naseCentral Karoo apho ii-ofisi ezili-14 sele zihloliwe kulungiselelwa uhambelwano. Ii-ofisi eziseleyo kwimimandla yaseWest Coast, eCape Winelands, e-Overberg nakwiMetro, iya kuhlolwa kunyaka-mali olandelayo.

Impilo nokhuselo lwasengqeshweni olushedyulwa rhoqo ngekota ngokunjalo neentlanganiso zokhuselo nokhuseleko zibanjwa kwinqanaba labalawulii abaphezulu ukuxoxa imiba yempilo, yokhuselo, yendalo ngokunjalo neyokhuselo nokhuseleko.

Iintlanganiso zarhoqo ngenyanga ziqhutywa phakathi koMphathi woKhuseleko weDCAS kunye noMcebisi woKhuseleko weSebe loKhuselo loLuntu ukuxoxa nokulungisa yonke imicimbi yokhuselo nokhuseleko.

7. IiKomiti zesikhundla zePalamente

Intlanganiso	Isihloko
IKomiti eSigxina yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	
22 kweyeSilimela 2021	Inkcazelo yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngeendima noxanduva lweKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunye neKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni.

8 kweyeNkanga 2021	Ingxoxo ngeNgxelo yoNyaka yowama-2020/21 yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaqumrhu alo (ILifa leMveli leNtshona Koloni, iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni).
7 kweyoMnga 2021	Ingxoxo kwiVoti 13: IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwishedyuli kuLwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo lweNtshona Koloni, 2021.
10 kweyoMdumba 2022	Ingxoxo noququzelelo lotyelelo lokongamela lweSebe lweMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiZiko leMfundo leMIdlalo yeSithili seNtshona Koloni.
15 kweyoKwindla 2022	Ingxoxo kuMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali lweNtshona Koloni 2021 – iVoti 13 yeSebe leMIcimbi yeNkcubeko neMidlalo.

8. IZisombululo zeSCOPA

Akukho zigqibo ezithe zapapashwa kulungiselelwa iSebe.

ISebe libe neentlanganiso ezilandelayo neKomiti yee-Akhawunti yeSebe:

Intlanganiso	Isihloko
IKomiti yee-Akhawunti yePhondo	
1 kweyoMdumba 2022	Ingxoxo kwiNgxelo yoNyaka yowama-2020/21 yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaQumrhu alo, iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni neLifa leMveli leNtshona Koloni.

9. IZilungiso zangaphambili

Azikho

10. Ulawulo lwangaphakathi

Iluxanduva lweGosa eliNika iNgxelo ukuqhubeka ngokuvavanya nokuhlola ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekile kwaye iselubala nokuba iyaphuculwa xa kuyimfuneko. Ukufezekisa oku, isicwangciso sophuculo lolawulo lwemali sarhoqo ngekota neentlanganiso zolawulo eziphambili ziyabanjwa noMphicothi-zincwadi Jikelele, abalawuli benkqubo yeSebe noMphathiswa. Le yinkqubo eqhubekayo yokuqinisekisa ukuba iDCAS igcina iziphumo zophicotho zincwadi lwazo lungenaziphene. ISebe liyile iQhinga loLawulo lwangaPhakathi nesiCwangciso (umngcipheko ohlenga-hlengisiweyo ngokufanelekileyo ngokuhambelana nobhubhane weCovid-19) esichaza isicwangciso esikumgangatho ophezulu esingomiliselo kolawulo lwangaphakathi kunye nemisebenzi yalo engundoqo.

11. IiKomiti zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi nezoPhicotho-zincwadi

UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lunika abalawuli iinkonzo ezizimeleyo, isiqinisekiso esinenjongo kunye nezokufumana iingcebiso eziyilelwe ukwangezelela ixabiso nokuphucula ngokuthe gqolo imisebenzi yeSebe. Kufuneka lunceda iSebe ukufezekisa iinjongo zalo ngokuzisa indlela elungeleleneyo nesebenzayo ukulungiselela ukuhlola nokuphucula ukusebenza kakuhle koLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo. Kwenziwa le misebenzi iphambili ilandelayo ngalo mba:

- Ukuhlola nokwenza iingcebiso ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zolawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe;
- Ukuvavanya ukufaneleka nokusebenza nokunikela kuphuculo lwenkqubo yokulawulwa komingcipheko;
- Ukuncedisa iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukuqinisekisa ukusebenza nobuchule balo, nokuphuhlisa iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula oko.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi weSebe wagqitywa kunyaka ophantsi kovavanyo lweSebe ubandakanya unxibelelwano lwengqiniseko lwamathuba amahlanu. Iinkcukacha zolu nxibelelwano zibandakanyiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi imiselwe njengamaqumrhu okongamela, abonelela ngokongamela okuzimeleyo kulawulo, kulawulo lwemingcipheko nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe, okuquka ukongamela novavanyo olunxulumene noku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika - AGSA);
- UCwangciso-mali lweSebe nokunika ingxelo;
- IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali yeSebe;
- Ulawulo lwe-AGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- UkuBekwa kweliso kwaPhakathi eNyakeni kweSebe;
- ULawulo loMngcipheko kwiSebe;
- ULawulo lwaNgaphakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- Uphando lweeNqobo ezisesikweni nolwaseNkundleni

ITheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efaanelekileyo ngamalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi:

Igama	Imfundo	Ungaphakathi okanye ungaphandle	Ukuba ungaphakathi, isikhundla kwiSebe	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu. Ameen Amod (USihlalo)	MBA; CIA; CGAP; CRMA; BCom Accounting	Ngaphandle	N/a	1 kweyoMqungu 2019 (iKota yesi-2)	Ikhontrakti yaphela ngomhla wama-31 kweyoMnga 2021	5

Mnu. Pieter Strauss USihlalo)	BCom Accounting; BCompt Honours; CA (SA)	Ngaphandle	N/a	1 kweyoMqungu 2022 (iKota yesi-2)	N/a	7
Mnu. Ebrahim Abrahams	BCom Accounting Honours	Ngaphandle	N/a	1 kweyoMqungu 2022 (iKota yesi-2)	N/a	6
Nks. Annelise Cilliers	BCompt Honours; CA (SA)	Ngaphandle	N/a	1 kweyoMqungu 2022 (iKota yesi-2)	N/a	7
Nks. Fayruz Mohamed	BCompt Honours; CA (SA)	Ngaphandle	N/a	1 kweyoMqungu 2022 (iKota yoku-1)	N/a	2

12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Siyavuya ukunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2022.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba ihambelene noxanduva lwayo oluthathelwa kwiCandelo 38 (1) (a) (ii) loMthetho wokuLawulwa kweMali kaRhulumente noMmiselo weCandelo loLawuo-mali 3.1. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi ikwanika ingxelo yokuba yamkele imigaqo yokusebenza esesikweni efanelekileyo, iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana nomqulu wayo.

UkuSebenza ngokufanelekileyo koLawulo lwaNgaphakathi

ISebe lidingeka okokuba liphuhlise ze lilolonge iinkqubo zolawulo lwangaphakathi oluya kuphucula ufezekiso olungakho lweenjongo zalo, ukwamkela iinguqu kubume esebenza kubo nokukhuthaza ukufaneleka nokusebenza kakuhle kwemisebenzi, lixhase ukunikwa kwengxelo okuthembekileyo nokuhambelana nemithetho kunye nemimiselo. IWCG yamkele isiCwangiso-nkqubo seNgqinisekiso esiHlangeneyo esichonga nesihlanganisa ingqinisekiso yabanikezeli benkonzo yaye sisetyenziswe kwinkqubo yoCwangciso lwe-IA. Inqanaba lokuqala lengqinisekiso kukulawulwa kwengqinisekiso, okudinga abalawuli abaphetheyo okokuba bagcine ulawulo lwangaphakathi olusebenzayo ze bamilisele ezo nkqubo imihla ngemihla ngendlela yokulawulwa kwempatho nokuthatyathwa kwemisebenzi yoxabangelo lolungiso apho kudingekayo. Inqanaba lesibini lengqinisekiso yingqinisekiso yangaphakathi enikezelwa yimisebenzi eyahlukeneyo naleyo iphantsi kolawulo lwabaphathi, abaphathiswe ngentembeko okokuba bahlole uhambelwano kwimigaqo-nkqubo, iinkqubo, izithethe, imigangatho nezicwangciso-nkqubo. Inqanaba lesithathu lengqinisekiso ngabanikezeli abazimeleyo bengqinisekiso abakhokhelwa yimigangatho yobuchule edinga amanqanaba aphezulu okuzimela.

IsiCwangciso seNgqinisekiso esiHlangeneyo esisekwe kumngcipheko saphuhliselwa iPhondo, esiququzelelwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, olungumnikezeli wengqinisekiso ozimiseleyo ngokunjalo. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo ngengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye lusebenza kakuhle. Oku kufezekiswe ngesicwangciso sophicotho-zincwadi sangaphakathi esamkelweyo esisekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi lokuhlola ukwanela kolawulo lokuthintela imingcipheko kunye nomiliselo lokubekwa kweliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kwimisebenzi yolungiso.

Olu nxibelelwano lulandelayo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi lwamkelwa yiKomoti yoPhicotho-zincwadi ze lwaqukunjelwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunyaka ophantsi kovavanyo:

- ULawulo lweZibonelelo zeLIfa leMveli
- IiNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali
- ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini
- IZixhobo zeMidlalo
- UVavanyo lweSiseko lwesiCwangciso-nkqubo soLawulo lweQumrhu leWCG – Intlanganiso yeNgcebiso (IsiCwangciso se-IA esiNqamlezileyo seWCG)
- IProjekti yoFezekiso lweBroadband iNqanaba 2 Intlanganiso yeNgcebiso (IsiCwangciso se-IA esiNqamlezileyo seWCG)

Imimandla yophuculo, njengoko iqatshelwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi walo, yavunywa ngaBalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kumiliselo lwemisebenzi evunywa rhoqo ngekota.

INgxelo yoLawulo lwaseNyakeni neNgxelo yarhoqo ngeNyanga/rhoqo ngeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo nokulunga kweengxelo zokusebenza nolawulo zarhoqo ngekota zasenyakeni zolawulo nokusebenza ezikhutshwe kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngowemiqathango yeMithetho yeCandelo loLawulo-mali kunye neCandelo loMthetho weNgeniso.

Ukuvavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Ivavanye ze yaxoxa iiNgxelo zoNyaka zeMali eziphicothiweyo ekufuneka zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka;
- Ivavanye iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye neempendulo zaBalawuli ngoko;
- Ivavanye iinguqu kwimigaqo-nkqubo yobalo-mali kunye neendlela njengoko kunikwe ingxelo kwiiNgxelo zoNyaka zeMali;
- Ivavanye uhlenga-hlengiso lwemathiriyeli evela kuphicotho-zincwadi lweSebe.

Uhambelwano

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeSebe kulungiselelwa uhambelwano kunye nezibonelelo ezisemthethweni nezilawulayo.

INgcaciso yokuSebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso ekwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko kuchaziwe kwiNgxelo yoNyaka.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi, rhoqo ngekota, ivavanya isicwangciso somiliselo seSebe ukulungiselela imiba ephakanyisiweyo kunyaka ongaphambili. Sihlangene ne-AGSA ukuqinisekisa ngento yokuba akukho miba ingasonjululwanga ethe yavela kulawulo lophicotho-zincwadi. Imisebenzi yolungiso kokufunenyweyo okucalulweyo okuphakanyiswe ngu-AGSA ibekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivumelene yaye yamkela imbono ye-AGSA eziphathelelene neeNgxelo zoNyaka zeMali, yaze yacebisa okokuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali zamkelwe yaye zifundwe kunye kunye nengxelo yabo.

_____

Mnu Pieter Strauss

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi yoBumbano lweNtlalo

UMhla: 2 kweyeThupha 2022

13. UHambelwano lweBBBEE

Itheyibhile elandelayo izaliswe ngokuhambelana neemfuno ze-BBBEE zohambelwano loMthetho we-BBBEE wama-2013 yaye njengoko kumiselwe liSebe loRhwebo noShishino.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:		
Inqobo yokukhetha	**Ukusabela Ewe / Hayi**	**INgxoxo (ingxoxo kukusabela kwakho ze ibonise ukuba yiyiphi imiqathango ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana)**
Ukumisela isiqinisekiso esilungele ukukhutshwa kwamaphepha-mvume, imvume okanye naluphi na olunye ugunyaziso ngokuphathelelene nomsebenzi woqoqosho	Hayi	ISebe alikhuphi amaphepha-mvume, iimvume okanye olunye ugunyaziso ngokuphathelelene nomsebenzi woqoqosho ngokuhambelana nawo nawuphi na umthetho.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:		
Inqobo yokukhetha	**Ukusabela Ewe / Hayi**	**INgxoxo (ingxoxo kukusabela kwakho ze ibonise ukuba yiyiphi imiqathango ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana)**
ngokuhambelana nomthetho?		
Uphuhliso nomiliselo lomgaqo-nkqubo wokuthenga okukhethiweyo?	Ewe	INkqubo yeGosa eliNika iNgxelo (AOS) yeSebe yenza isibonelelo ukulungiselela umiliselo loMthetho wesiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo wokuThenga okuKhethekileyo kunye neMimiselo yawo. Inkqubo yamanqaku njengoko ichaziwe yiMithetho yoMgaqo-nkqubo wokuThenga okuKhethekileyo elungiselelwe ukunikezelwa ngamaxabiso iyasebenza kuwo nke amathuba avulelekileyo okunikwa kwamaxabiso. Inkcitho yokuthenga yeSebe yonyaka ophantsi kovavanyo, njengoko unxulumene neMithetho yokuThenga okuKhethekileyo, ichazwe ngasezantsi: i. Ukuchitha kwinqanaba lomnikeli weBEE • Ama-80.54% exabiso ahlawulwa kumnikeli wenkonzo ngenqanaba 1-8 lewonga lomnikeli weBEE • I-19.46% exabiso ahlawulwa kumnikezeli wenkonzo ongenguye uMnikeli wewonga leBEE. ii. Inkcitho ngokwecandelo lobunini • Ama-59.13% ahlawulwa kubanikezeli benkonzo abanabantu abantsundu abanebango lobunini benkampani elingama-51%. • Ama-40.87% ahlawulwa kubanikezeli benkonzo abanabantu abantsundu abanebango lobunini elingaphantsi kwama-51%. iii. Inkcitho ngkwecandelo lengeniso • Ama-37.63% ahlawulwa kwi-EME (ngaphantsi kwezigidi ezi-R10) kunye nama-32.59% elahlawulwa kwi-QSE (ngaphezulu kwezigidi ezili-R10 ukuya kwizigidi ezingaphantsi kwezigidi ezingama-R50); kungoko isambuku sama-70.22% sahlawulwa kwii-SMME • Ama-29.78% ahlawulwa kwaManye amaQumrhu. Oku kubandakanya amashishini amakhulu (ngaphezulu kwezigidi ezingama-R50), abanikezeli benkonzo abangabhaliswanga kwiWCSEB yaye enecandelo lengeniso elingaziwayo; iintlawulo ezikhutshelweyo ezinxulumene neCovid-19 ziphathelelene neentlawulo ezincinane zemali ezinkozo.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:		
Inqobo yokukhetha	**Ukusabela Ewe / Hayi**	**INgxoxo (ingxoxo kukusabela kwakho ze ibonise ukuba yiyiphi imiqathango ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana)**
Ukumiselwa kwenqobo yokukhetha ukufaneleka elungiselelwe intengiso yamashishini aphantsi lolawulo lukarhulumente?	Hayi	ISebe alizibandakanyi kwintengiso yamashishni aphantsi kolawulo lukarhulumente.
Ukuphuhliswa kwenqobo zokukhetha kulungiselelwa ukungena kuthelelwano kunye namaqumrhu angasese?	Hayi	ISebe alithabathi nxaxheba kuthelelwano namaqumrhu angasese.
Ukumiselwa kwemigaqo yokukhetha ukulungiselela ukunikezelwa kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikim zotyalo-mali ukuxhasa uXhotyiso loQoqosho oluSekwe ngokuBanzi kwabaNtsundu?	Hayi	ISebe alibandakanyeki ekunikezelweni kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikim zotyalo-mali ukuxhasa ukuXhotyiswa koQoqosho oluBanzi oluSekwe kwaBamnyama.

ICandelo D

ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

1. Intshayelelo

Igalelo lethu kumsebenzi kaRhulumente weNtshona Koloni libangelwe kukuzingisa, kwaye nokuzincama futhi, iinzame zabantu abakwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Ukunikezela rhoqo ngeenkonzo eziphuculweyo kubemi bePhondo leNtshona Koloni akubi akunayo imingeni. Ubume bolawulo lwabantu bale mihla butshintshile kakhulu kwiminyaka yakutshanje kwaye bufuna ukuchankcatha okuntsonkothileyo phakathi koluhlu lwezinto ezikhuphisanayo.

Ngaphandle kwento yokuba ezi zintlukwano zixhomekeke kwezinye kwaye ziyazalana, zikwalawulwa yimithetho nemimiselo engqongqo, ethi ibonakale inzima xa kuphononongwa amaphulo okugcina umtsalane.

Oku kuquka ukulungelelaniswa kwezigunyaziso zonikezelo lwenkonzo, ukutsala nokugcinwa kwezakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo, ukuxhotyiswa kwabasebenzi, ulawulo lwekhondo lomsebenzi, isicwangciso sokungena ezihlangwini, ulungelelwaniso lwengqesho nokudala imeko-bume eyenza ukuba abasebenzi bakwazi ukuphumelela. Ukongeza koku, iSebe kufuneka lisebenze phantsi kobume obungqongqo, obufuna ukuba abaphathi bathathele ingqalelo ifuthe "lokwenza okungakumbi ngokuncinci".

Nangona kukho utshintsho kwiipatheni neemfuno ezinefuthe kwindawo yokusebenza yale mihla, ukusebenza nzima kwabantu bethu, kube nesiphumo sempumelelo emangalisayo kunye nokuphuculwa konikezelo lweenkonzo kulo nyaka uphantsi kovavanyo.

2. Ubume boLawulo lwaBantu kwiSebe

2.1. OkuPhambili koCwangciso lwaBasebenzi beSebe

- Indima yoCwangciso lwaBasebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iSebe linenani elifunekayo labantu abanezakhono eziyimfuneko, ulwazi kunye neengcinga zokuwenza lo msebenzi. Ngale nkqubo iSebe minyaka le livavanya iprofayili yabasebenzi lithelekisa neemfuno zangoku nezexesha elizayo.
- Injongo yolu vavanyo kukuchonga ukuba iprofayili yangoku yabasebenzi ijongana kangakanani neziphumo eziphambili zolawulo lwabantu eziya kuqinisekisa ukuqhubeka kwenkonzo kunye nexabiso.
- IsiCwangciso soMsebenzi sahlaziywa ukuze kuqinisekiswe ukuba iziCwangciso zoLawulo lwaBantu kunye nemisebenzi ephambili ihlala isemthethweni kwaye ifanelekile kwixesha eliseleyo (unyaka omnye) wesicwangciso. Bekungekho mfuneko yokuba kuhlonyelwe isiCwangciso seMTEF okanye isiCwangciso sokuSebenza.
- IsiCwangciso soMsebenzi wowama2021-2026 ke ngoko sihambelana nombono kunye nenjongo yesiCwangciso soBuchule seSebe.

- UNgenelelo oluCwangcisiweyo oluPhambili oluqulethwe kwisiCwangciso soMsebenzi lume ngale ilandelayo:
- Ukuchonga nokuphuhlisa isakhono sombutho esifunekayo;
- Iinqobo ezisemgangathweni kunye noBuchule obusekwe kubuchule bokuqeshwa (okubandakanya ukubakho kweSicelo se-intanethi kunye nenkqubo yokuHlola ukukhulisa iindlela zengqesho kunye nokutsala abagqatswa abafanelekileyo abalungele ixesha elizayo kunye nenkcubeko-yalingana;
- Iyantlukwano kwitalente ezahlukeneyo.
- Uphuhliso lweetalente nophuhliso lwezakhono zabasebenzi kwizakhono ezitsha ezisakhasayo (umzekelo, ubuchule be-4IR Meta/izakhono ezisebenzayo kunye nezobugcisa kunye nezakhono zokuziphatha ezifuneka ngamandla ukuxhasa umbutho wexesha elizayo;
- Ukubeka phambili amangenelelo oqeqesho ukujongana noBuchule obuBalulekileyo kwiSebe kunye neemfuno zeCDP;
- Ukuphuhliswa nokusetyenziswa koBuchule beZakhono eziFanelekileyo zeNgomso (iFFSS;
- Iinkqubo zophuhliso lolutsha zokuncedisa ekudaleni imibhobho yetalente (ezabafundayo;
11. Ingaba iSebe linalo na iyunithi ebekelwe bucala okanye eyenzelwe abasebenzi ukuze kukhuthazwe impilo nentlalontle yabasebenzi balo? Ukuba kunjalo, bonisa inani labasebenzi ababandakanyeka kulo msetyenzana nohlahlo lwabiwomali lonyaka olwenzelwe lenjongo.	✓		ISebe leNkulumbuso libonelela ngenkonzo kuwo onke amasebe ephondo alishumi elinanye (11), kuquka neSebe leMicimbi yeeNkcubeko nezeMidlalo. Iyunithi ebekelwe bucala yezeMpilo neNtlalontle yaBasebenzi kwakuLawulo lokuZiphatha koMbutho noLawulo loPhuhliso loMbutho isebenza ukukhuthaza ezempilo nentlalakahle yabasebenzi kumasebe alishumi elinanye (11) abaxhasi. Iyunithi ibandakanya uSekela Mlawuli, aBancedisi Mlawuli abathathu (3)T, kunye neeNgcali ze-EHW ezimbini (2) Uhlahlo lwabiwomali: Izigidi eziR3.5
12. Ingaba isebe lazise iNkqubo eNcedisa aBasebenzi okanye eyoKwazisa ngezeMpilo kubasebenzi? Ukuba kunjalo, bonisa izinto/iinkonzo eziphambili zale Nkqubo	✓		ISebe leNkulumbuso lingene kwisivumelwano senqanaba lokusebenza neMetropolitan Health (umboneleli weenkonzo wangaphandle) ukuze anikezele ngeNkonzo yeZempilo yaBasebenzi neNtlalontle kumasebe ephono alishumi elinanye (11). Olu ngenelelo lulandelayo lwaqhutywa: Ukomelela, Ubukrelekrele bemvakalelo, Ukuzikhathalela nentlalontle, ukuchonga abasebenzi abasengxakini, Ukuqonda ifuthe leCovid-19 ngokwasengqondweni, imiba yezempilo yeCovid-19 neenkqubo zokuphilisa, Ukuphuhlisa nokulawula iimpawu zobuqu, amaqela aKhulayo, Ukumelana nengxaki yoBomi emva kokusulelwa yiCovid-19, Ukulawula ukudinwa ngexesha leCovid-19, Intlalontle yezeMali nokucwangcisela umhlalaphantsi kunye nokuxhobisa abasetyhini ngaphakathi.

Umbuzo	Ewe	Hayi	Iinkcukacha, ukuba nguewe
			Olu ngenelelo lusekwe kuqhambuko lobhubhane weCovid-19 kwakunye neendlela eziboniswe kwiingxelo zekota neziphunyeziweyo ukuze kulungiswe iimfuno zabasebenzi. Ungenelelo ekujoliswe kulo lwabasebenzi kunye nabaphathi belujoliswe kuphuhliso lobuqu; ukukhuthaza indlela yokuphila esempilweni; nokuphucula izakhono zokukwazi ukumelana. Oku kubandakanye inkcazelomboniso, iindibano zocweyo, iingxoxo zamaqela zokwenza umsebenzi wokwazisa nokukhuthaza abasebenzi ukuba nendlela yokuthatha inyathelo kuqala ukuze kuqingwe ifuthe lezi ngxaki emsebenzini. Ungenelelo ekujoliswe kulo nalo lwafezekiswa ukuze kuxhotyiswe abaphathi ngezixhobo zokubandakanya abasebenzi emsebenzini. Iinkcukacha ezingeMpilo yaBasebenzi neNtlalontle ezindlela yokufikelela kwiNkqubo yezeMpilo yaBasebenzi neNtlalontle (EHW) yaye yenziwa
13. Ingaba isebe lisungule (a) i(i)komiti njengoko bekucingwa kwiSahlulo VI.E (e) seSahluko 1 seMimiselo yeeNkonzo zikaRhulumente, 2016? Ukuba kunjalo, nceda unikezele ngamagama amalungu ekomiti no(ba)dlala indima ebalulekileyo abammeleyo.	✓		IKomiti eKhokelayo/eQhubayo yezeMpilo yaBasebenzi yePhondo iye yasungulwa ngamalungu atyunjwe lisebe ngalinye. ISebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo limelwe nguMnu. Mr Devero Flandorp noNksz. Bernadine Damons.
14. Ingaba isebe liye laqwalasela ngokutsha imigaqo-nkqubo yezengqesho nezenzo ukuze kuqinisekiswe ukuba ezi azicaluli ngokungafanelekanga abasebenzi ngenxa yesimo sabo seHIV. Ukuba kunjalo, dwelisa imigaqo-nkqubo yezengqesho/izenzo eziqwalaselwe ngokutsha.	✓		ISikhokelo ngokuBanzi sokuLawula saBasebenzi seeNkqubo zeMpilo neNtlalontle yaBasebenzi kuRhulumente weNtshona Koloni siyasebenza kwaye samkelwa liGumbi lokuLungelelanisa lePSCBC yePhondo leNtshona Koloni kweyoMnga 2016. Kulo mba, yonke imigaqo-nkqubo yengqesho yenza ulungiselelo lwezenzo ezinobulungisa, nokuba sithini na isimo seHIV sabasebenzi okanye sabenza izicelo. Izenzo zasemsebenzini zisoloko zihlolwa ukuze kuqinisekiswe ukuthotyelwa komgaqo-nkqubo nobulungisa.. Ngaphantsi kwebhanile ye-EHW, iMigaqo-nkqubo ye-EHW eyaphunyezwayo ibandakanya iHIV noGAWULAYO noLawulo lweTB olusabela kuthintelo localucalulo ngakubasebenzi abachaphazelekileyo nabosulelwe yiHIV noGAWULAYO neTB emsebenzini. Ngakumbi koku, iSebe lezeMpilo, elisebe elikhokeleyo kwiHIV noGAWULAYO, liphumeze uMgaqo-nkqubo ngokuBanzi weHIV noGAWULAYO/STI eMsebenzini neNkqubo esebenza kuwo onke amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni. Uxwebhu luhambelana neSicwangciso Qhinga seSizwe se-EHW sika2018 njengoko sihlonyelwe. Ngexesha lokunika ingxela, imigaqo-nkqubo ebanzi ye-EHW kubandakanya noMgaqo-nkqubo weHIV, iiSTI noLawulo lweTB yaye yaqwalaselwa ngokutsha ithelekiswa neMigaqo-nkqubo yeDPSA kwakunye neSicwangciso Qhinga seSizwe seHIV, TB neeSTI (2017-2022) esiqinisekisa ubandakanyo nokuncothulwa neengcambu kocalucalulo nebala ngakubasebenzi abaneHIV.
15. Ingaba isebe lazise amanyathelo okukhusela abasebenzi abaneHIV okanye kucalucalulo okanye lawo bathathwa njengabaneHIV? Ukuba kunjalo, dwelisa iimpawu ezibalulekileyo zala manyathelo.	✓		ISicwangciso sokuFezekisa sePhondo kwiHIV noGAWULAYO, iiSTI neTB 2017-2022 siye safezekiswa ukuze kuhambelaniswe iHIV neTB nemilinganiselo yaso yesini kwizigunyaziso ezingundoqo ukuze kuncitshiswe ukubekwa ibala elinxulumene neHIV. Injongo kuku: • Nciphisa ucalucalulo lweHIV nolweTB emsebenzini. Oku kuquke amaphulo alwa ucalucalulo olungenabulungisa nokuxhotyiswa kwabasebenzi. • Nciphisa ucalucalulo olungenabulungisa ekufikeleleni kwiinkonzo. Oku bekuquka ukuqinisekisa ukuba uLawulo loBudlelwane lwaBasebenzi lusabela izikhalazo nezikhalazo

Umbuzo	Ewe	Hayi	Iinkcukacha, ukuba nguewe
			ezisemthethweni ezinxulumene nocalucalulo olungenabulungisa kunye nokubonelela ngoqeqesho kubasebenzi. Ngenxa yobhubhane weCovid-19, iSebe khange likwazi ukufezekisa amanyathelo acwangcisiweyo okuqubisana nemiba yekubekwa ibala neyocalucalulo ngakwabo bosulelwe okanye ababonwa njengabo bosulelwe yiHIV, ebandakanya la alandelayo: • UHluzo lweNtlalontle (Uxinzelelo lwegazi, iSwekile, aMafutha asegazini, iTB, iBMI) • UHluzo lweHCT • Iingxoxo ngeTB noHluzo • Ukukhutshwa kweepowusta namaphetshana anolwazi; kunye • Nokukhutshwa kweeKhondom esithubeni
16. Ingaba isebe liyabakhuthaza abasebenzi ukuba bafumane uleleko lwengqono lweHIV nokuyivavanyela (HCT)? Ukuba kunjalo, dwelisa iziphumo enithe nazizuza.	✓		**IISESHONI ZEHCT:** Iiseshoni zeNtlalontle noHluzo lweHCT zalungiselelwa ngexesha losuku lwabanesifo sikaGAWULAYO kwiHlabathi liphela: 2 abazimasi. Ukungazimasi kakuhle kungabangelwa ngubhubhane weCovid-19.
17. Ingaba isebe liphuhlise amanyathelo/izalathisi zokubeka esweni nokuhlola ifuthe lenkqubo yalo yokukhuthaza ezempilo? Ukuba kunjalo, dwelisa la manyathelo/izalathisi.	✓		I-EHWP ibekesweni ngokunika ingxelo yeKota neyoNyaka kwaye uhlalutyo lomkhwa lungathathwa ngokuthelekisa ukusetyenziswa kwesebe oko kukuthi, izibalo zabantu, iminyaka, isini, ukuprofayilwa kwengxaki ukusetyenziswa komsebenzi kuthelekiswe nokumphathi, inani leemeko. Imixholo nemikhwa nayo ikwabonisa umfanekiso wemingcipheko nefuthe ebanalo kwimiba yeEHW emntwini nasemsebenzini.

3.12. UBUDLELWANE EMSEBENZINI

Ezi zivumelwano ziqhelekileyo zephondo zilandelayo kwangenwa kuzo nemibutho yabasebenzi kwisithuba esiphantsi kwengqwalasela.

Itheyibhile 3.12.1: Izivumelwano eziqhelekileyo, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Izivumelwano eziqhelekileyo zizonke	Azikho

Itheyibhile 3.12.2 sishwankathela iziphumo seenkqubo zoluleko eziqhutywe kwalapha kwiSebe kwisithuba.

Itheyibhile 3.12.2: Ukuziphatha kakubi neenkqubo zoluleko eziqukunjelweyo, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Iziphumo zeenkqubo zoluleko	Inani lamatyala aqukunjelweyo	i-% yazo zizonke
	Azikho	

Qaphela: Iziphumo zeenkqubo zoluleko zibhekisa kumatyala asesikweni kuphela..

Itheyibhile 3.12.3: Iindidi zokuziphatha kakubi ekuqutyisenwe nazo kwiinkqubo zoluleko,1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Udidi lokuziphatha kakubi	Inani	i-%i-yazo zizonke
	Azikho	

Itheyibhile 3.12.4: Izikhalazo ezisesikweni ezifakiweyo, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Izikhalazo ezisesikweni ezifakiweyo	Inani	i-% yazo zizonke
Inani lezikhalazo ezisesikweni ezisonjululweyo	4	80,0
Inani lezikhalazo ezisesikweni ezingekasonjululwa	1	20,0
Inani lilonke lezikhalazo ezisesikweni ezifakiweyo	**5**	**100,0**

Qaphela: Izikhalazo ezisesikweni ezifakiweyo zibhekisa kumatyala aye aqukunjelwa kwakwisithuba sokuxelwa. Izikhalazo ezisesikweni **ezingasonjululwanga** zibhekisa apho isiphumo **besingekho kwicala lalowo unesikhalazo**. Onke amatyala asonjululweyo aye aqukunjelwa.

Itheyibhile 3.12.5: Iimbambano ezifakwe kuMabhunga, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Iimbambano ezifakwe kuMabhunga	Inani	i-% yazo zizonke
Inani leembambano ezixhasiweyo	1	50,0
Iinani leembambano ezichithiweyo	1	50,0
Inani lilonke leembambano ezifakiweyo	**2**	**100,0**

Qaphela: Amabhunga abhekisa kwiBhunga leSithebe seeNgxoxo seeNkonzo zoLuntu (PSCBC) neCandelo leeNkonzo zoLuntu ngokuBanzi leBhunga leSithebe seeNgxoxol (GPSSBC). Xa imbambano "ichithiwe", oku kuthetha ukuba iBhunga aligwebi ngokuhambelana nalowo unesikhalazo ngokusesikweni.

Itheyibhile 3.12.6: Amanyathelo ogwayimbo, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Amanyathelo ogwayimbo	Inani
Inani eliphelelelyo lomntu olahlekelwe zintsuku zokusebenza	-
Indleko iyonke (R'000) yeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo	-
Isixa (R'000) esifunyenweyo ngenxa yokungamkeli mvuzo kuba ungaphangelanga	-

Itheyibhile 3.12.7: Izilumkiso zokumiswa emsebenzini, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Izilumkiso zokumiswa emsebenzini	Inani
Inani labantu abamisiweyo emsebenzini	-
Inani labantu abamiswe emsebenzini ngaphaya kweentsuku eziyi30	-
Inani eliphakathi leentsuku zokumiswa emsebenzini	-
Indleko (R'000) yokumiswa emsebenzini	-

Qaphela: Izilumkiso zokumiswa emsebenzini zibhekisa kubasebenzi abamiswe emsebenzini behlawulwa umvuzo opheleleyo, ngelixa ityala belisaphandwa.

3.13. UPHUHLISO LWEZAKHONO

Eli candelo liqaqambisa iinzame zeSebe. Itheyibhile 3.13.1 ibonisa izidingo zoqeqesho ngokwasekuqaleni kwesithuba esiphantsi kokuqwalasela ngokutsha, neTheyibhile 3.13.2 olona qeqesho olwenziwayo.

Itheyibhile 3.13.1: Izidingo zoqeqesho ezichongiweyo, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

iiNdidi zeMisebenzi	Isini	Inani labasebenzi ngokwakumhla woku1 kuTshazimpunzi 2021	Izidingo zoqeqesho ezichongwe ekuqaleni kwesithuba sokunika ingxelo			
			Uqeqesho	iiNkqubo zeZakhono nezinye izifundo ezifutshane	Ezinye iindlela zoqeqesho	Iyonke
Ummisi-mthetho, amagosa aphezulu nabaphathi (IBhanti yoMvuzo 13 – 16)	Owaset yhini	4	-	-	-	**-**
	Indoda	7	-	-	-	**-**
Oochwephesha (IBhanti yoMvuzo 9 - 12)	Owaset yhini	43	-	75	-	**75**
	Indoda	31	-	29	-	**29**
Amagcisa nabayanyaniswa noochwephesha (IBhanti yoMvuzo 6 - 8)	Owaset yhini	111	-	161	-	**161**
	Indoda	86	-	107	-	**107**
Oonobhala (IBhanti yoMvuzo 3 – 5)	Owaset yhini	89	-	53	-	**53**
	Indoda	84	-	67	-	**67**
Imisebenzi yokuqala (IBhanti yoMvuzo 1 – 2)	Owaset yhini	29	-	5	-	**5**
	Iindoda	30	-	9	-	**9**
Itotali ePhantsi	Owaset yhini	**276**	-	**294**	-	**294**
	Indoda	**238**	-	**212**	-	**212**
Iyonke		**514**	-	**506**	-	**506**
Abasebenzi abanokhubazeko	Owaset yhini	7	-	-	-	**-**
	Indoda	4	-	-	-	**-**

Qaphela: Le theyibhile ingentla ichonga izidingo zoqeqesho ekuqaleni kwesithuba sokwenziwa kwengxelo ngokwakwiSicwangciso seSebe seZakhono zaseMsebenzini.

Itheyibhile 3.13.2: Uqeqesho olwenziweyo, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

IiNdidi zeMisebenzi	Isini	Inani labasebenzi ngokwakumhla we31 kweyoKwindla 2022	Izidingo zoqeqesho ezichongwe ekuqaleni kwesithuba sokunika ingxelo			
			Imisebenzi	IiNkqubo zeZakhono nezinye izifundo ezifutshane	Ezinye iindlela zoqeqesho	Iyonke
Ummisi-mthetho, amagosa aphezulu nabaphathi (IBhanti yoMvuzo 13 – 16)	Owaset yhini	4	-	11	-	**11**
	Indoda	7	-	14	-	**14**
Oochwephesha (IBhanti yoMvuzo 9 - 12)	Owaset yhini	45	-	194	-	**194**
	Indoda	34	-	66	-	**66**
Amagcisa nabayanyaniswa noochwephesha (IBhanti loMvuzo 6 - 8)	Owaset yhini	114	-	263	-	**263**
	Indoda	85	-	179	-	**179**
Oonobhala (IBhanti yoMvuzo 3 – 5)	Owaset yhini	90	-	100	-	**100**
	Indoda	85	-	88	-	**88**
Imisebenzi yokuqala (IBhanti yoMvuzo 1 – 2)	Owaset yhini	29	-	14	-	**14**
	Indoda	30	-	8	-	**8**
ITotali ePhantsi	Owaset yhini	**282**	-	**582**	-	**582**
	Indoda	**241**	-	**355**	-	**355**
Iyonke		**523**	-	**937**	-	**937**
Abasebenzi abanokhubazeko	Owaset yhini	7	-	3	-	**3**
	Indoda	4	-	2	-	**2**

Qaphela: Le theyibhile ingentla ichonga inani lezifundo zoqeqesho ezizinyaswe ngabantu ngesithuba esiphantsi yokuqwalasela ngokutsha.

3.14. UKONZAKALA EMSEBENZINI

Eli candelo libonelela ngeenkcukacha ezisisiseko ngomonzakalo ofunyenweyo ngeli xesha usemsebenzini ngokusesikweni.

Itheyibhile 3.14.1: Ukonzakala emsebenzini, 1 kuTshazimpunzi 2021 ukuya ku31 kweyoKwindla 2022

Uhlobo lomonzakalo emsebenzini	Inani	% yazo zizonke
Isihoyo sezonyango sesiseko esifunekayo kuphela	-	-
Ukukhubazeka kwethutyana	1	100,0
Ukukhubazeka okusisigxina	-	-
Okubulalayo	-	-
Iyonke	**1**	**100,0**
Ipesenti yetotali yengqesho		0,2

3.15. UKUSETYENZISWA KWABACEBISI

Itheyibhile 3.15.1: Ukuqeshwa kwabacebisi kusetyenziswa ingxowa-mali eyabelweyo

INKQUBO	IFEM ECEBISAYO	ISIHLOKO SEPROJEKTHI	UHLOBO LWEPROJEKTHI	ITOTALI YENANI LABACEBISI ABASEBENZE KWIPROJEKTHI	IXESHA: IINTSUKU ZOKUSEBE NZA/ IIYURE	IXABISO LEKHONTRAKTHI NGEERANDI	ITOTALI YENANI LEEPROJEKTHI	ITOTALI YABANTU ABANGABACEBISI CONSULTANTS	INQANABA LEBBBEE
2	iRohan Marketing	Iziko leMyuziyam laseKapa ekuNgenwa nje kulo	Ingqiqo, uyilo nemveliso yemiboniso yeZiko leMyuziyam laseKapa ekuNgenwa nje kulo	5	Iiyure eziyi350 (xa zidibene)	R103 125.00	1		Umnikeli ongathobeliyo contributor
2	iSoeker Solutions	Amava ondwendwe elitsha leMuziyam iDias	Uphuhliso lwengcamango yeprojekthi yokufakwa kwamava emyuziyam ondwendwe olutsha kwiMuziyam iBartolomeu Dias eMossel Bay	2	Iiyure eziyi6 (xa zidibene)	R100 000.00	1		
2	iJoline Young Heritage Consultancy	Umboniso wedijithali wezityalo zonyango	Imveliso yomboniso wedijithali ngezityalo zonyango nomsebenzi wazo kunyango lwesintu	3	Iiyure eziyi106 (xa zidibene)	R123 840.00	1	3	1
2	i-I and M Futureneer Advisors	Izifundo ezinokwenzeka zeesayithi ezinxulumene neRoute to Freedom kaNelson Mandela kunye ne "Tussen die Riviere" izahlulo zeResistance and Liberation Heritage Route ezicetywayo)	Inkcazelo-mboniso yeziphumo ezinokwenzeka kwindibano yoCweyo eLiberation Route	1	Iiyure eziyi14	R22 450.00	1	1	2
2	iThe Baxter Theatre Centre	UKhuphiswano loMnyhadala weDrama	UAdjudication and technical directing of Drama Festival Competition	3	Iiyure eziyi33 (xa zidibene)	R20 060.00	1	3	4
2	iApex Consulting	UMgaqo-nkqubo weLwimi waseNtshona Koloni	Ukuqhuba uphando kuwo onke amaSebe eWCG ukuze kuhlolwe uthutyelo lwayo yonke imiba yoMgaqo-nkqubo yeeLwimi zaseNtshona Koloni	4	Iiyure eziyi300 (xa zidibene)	R92 250.00	1	4	1
3	iDatacentrix	ULawulo loMxholo weShishini (ECM) lwamaSebe amabini aseNtshona Koloni	Ukufezekiswa kwesisombululo se-ECM kwakumaSebe amabini aseNtshona Koloni yiSITA nomthengisi	5	Iiyure eziyi2450 (xa zidibene)	R2 938 378.82	1	5	1

INKQUBO	IFEM ECEBISAYO	ISIHLOKO SEPROJEKTHI	UHLOBO LWEPROJEKTHI	ITOTALI YENANI LABACEBISI ABASEBENZE KWIPROJEKTHI	IXESHA: IINTSUKU ZOKUSEBENZA/ IIYURE	IXABISO LEKHONTRAKTHI NGEERANDI	ITOTALI YENANI LEEPROJEKTHI	ITOTALI YABANTU ABANGABACEBISI CONSULTANTS	INQANABA LEBBBEE
			isombululo seECM kumasebe amabini aseNtshona Koloni ngumthengisi weICT ovunyiweyo weSITA kunye neOpen Text						
4	iYunivesithi yaseNtshona Koloni	IMeko yezeMidlalo (iprojekthi yeminyaka emininzi)	Ukuqhubeka kweSigaba 3 seProjekthi yoPhando lweMeko yezeMidlalo	3	Iiyure eziyi1115 (xa zidibene)	R150 000.00	1	3	4
4	iYair Schkolne	Unyaka Ngaphaya kweFuthe lohlalutyo lika2019	Ukuhlolwa nohlalutyo lwengqokelela yefuthe leNkqubo Ngaphaya kweSikolo samabanga aPhantsi nenkqubo kaGreyidi 4 yokufundisa kwizikolo eziNgahlawulisi mali yokufunda nePhantsi njengoko kufunwa yiOfisi yoLutsha naseMva kweSikolo	1	Iintsuku eziyi15	R75 000.00	1	1	4

Itheyibhile 3.15.2: Ukuqeshwa kwabacebisi kusetyenziswa ingxowa-mali yaBanikeli

Ayikho

ICandelo E

IINGXELO ZONYAKA ZEMALI

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

INgxelo yoMphicothi-zincwadi eya kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni kwivoti engunombolo 13: iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yeNtshona Koloni.

INgxelo ngeengxelo zemali eziphicothiweyo

Imbono

1. Ndiziphicothile iingxelo zemali zeSebe leMicimbi yeNkcubeko laseNtshona Koloni ezichazwe kuphepha elama-235 ukuya kwelama-286, ekuquka ingxelo yolwabiwo mali, ingxelo yobume bemali ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2021, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yotshintsho kwintsalela yee-asethi kunye nengxelo yokungena nokuphuma kwemali yonyaka ophelileyo, kwakunye namanqaku kwiingxelo zemali, kubandakanya isishwankathelo semigaqo nkqubo ebalulekileyo yocwangciso mali.

2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali ziyanelisa, ngandlela zonke, ubume bezemali beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yaseNtshona Koloni ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2021, kunye nomsebenzi wabo wezemali kwaye ukuphuma nokungena kwemali ophele ngoko ongqamene noMgangatho weMali eGuquliweyo neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woMzantsi Afrika, we-1999 (uMthetho woku -1 we-1999) (PFMA) noMthetho weCandelo leNgeniso loMzantsi Africa, uMthetho wesi-4 wama-2020) (Dora).

Isiseko soluvo

3. Ndiluqhube uphicotho lwam ngokweMigangatho yeHlabathi yoPhicotho zincwadi (iilSA). Uxanduva lwam phantsi kwalo migangatho luchazwe ngakumbi kuxanduva loMphicothi zincwadi Jikelele kuphicotho zincwadi lwecandelo leengxelo zemali zale ngxelo yomphicothi zincwadi.

4. Ndizimele kwisebe ngokuhambelana neBhodi yeHlabathi yeMigangatho yeeNqobo ezisesikweni elungiselelwe ikhowudi yaBacwangcisi zincwadi beHlabathi yeenqobo ezisesikweni yabacwangcisi zincwadi abanobuchule (*kubandakanywa iMigangatho yeHlabathi eZimeleyo)* (khowudi ye-IESBA) ngokunjalo nezinye iimfuno zenqobo ezisesikweni ezifanelekileyo kuphicotho lwama eMzantsi Afrika. Ndiluzalisekisile olunye uxanduva lwama olusesikweni ngokuhambelana nezi mfuno kunye nekhowudi ye-IESBA

5. Ndiyakholelwa ukuba ubungqina endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukuba ndibonelele ngesiseko soluvo lwam.

Ukugxininiswa komba

6. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi. Uluvo lwam aluguqulwanga ngokuphathelele kulo mba.

Ukungaqiniseki okunxulumene nesiphumo sexesha elizayo sesimangalo esikhethekileyo okanye isenzo solawulo

7. Ngokubhekisele kwinqaku le-16.1 kwiingxelo zemali, isebe lingummangalelwa kwityala apho ummangali abanga intlawulo yeendleko ngenkcitho ayenzileyo ngokuphathelelene kokuqaliswa kophuhliso lwesiza esingmhlaba othe wahlelwa njengesiza selifa lemveli. Isebe liyalichasa ibango. Isiphumo sokugqibela somba asibanga nakumiselwa kwaye akukho malungiselelo alo naliphi na ityala elinokuthi libe nesiphumo esenziweyo kwiingxelo zemali.

Omnye umba

8. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi. Uluvo lwam aluguqulwanga ngokuphathelele kulo mba.

Iishedyuli ezongezelelweyo ezingaphicothwanga

9. Iinkcukacha ezongezelelweyo ezichazwe kwiphepha lama-287 ukuya kwelama-302 aziyonxalenye yeengxelo zemali kwaye zinikezelwa njengolwazi olongezelelekileyo. AndiKhange ndiziphicothe ezi shedyuli kwaye, ngokufanelekileyo, andiniki luvo ngazo.

Uxanduva lweGosa elinika ingxelo zemali

10. Igosa elinika ingxelo linoxanduva lokulungiselela nokunikezela ngokufanelekileyo kweengxelo zemali ngokuhambelana neMCS kunye neemfuno zePFMA neDora, yaye ngokolawulo lwangaphakathi njengegosa elinika ingxelo elibona kufanelekile ukunceda kumalungiselelo eengxelo zemali ezingenamakhwiniba, nokuba kungenxa yobumenemene okanye impazamo.

11. Ekulungiseleleni iingxelo zemali, igosa eliphendulayo linoxanduva lokuvavanya ukubanako kwesebe ukuqhubeka njengenkxalabo ekhoyo, lichaze, njengoko kufanelekile, imicimbi enxulumene nenkxalabo ekhoyo kwaye ukusebenzisa isiseko senkxalabo ekhoyo yocwangciso mali ngaphandle kokuba ulwakhiwo lolawulo olufanelekileyo lizimisele ukuphelisa isebe okanye ukuyeka ukusebenza, okanye alinayo enye indlela eyiyo ngaphandle kokwenza oko.

Uxanduva loMphicothi zincwadi Jikelele lokuphicothwa kweengxelo zemali

12. Iinjongo zam kukufumana ingqinisekiso efanelekileyo malunga nokuba ingaba iingxelo zemali zizonke azimakhwiniba na, nokuba ngenxa yobumenemene okanye impazamo, kunye nokukhupha ingxelo yomphicothi zincwadi ebandakanya uluvo lwam. Ingqinisekiso enengqiqo linqanaba eliphezulu lengqinisekiso kodwa ayisosiqinisekiso sokuba uphicotho zincwadi oluqhutywe ngokungqinelana nee-ISA luya kuhlala lufumana amakhwiniba xa ekhona. Amakhwiniba anokuvela kubumenemene okanye kwimpazamo kwaye athathwa njengezinto ezenziweyo ukuba, ngokuzimela okanye ngokudibeneyo, zinokulindeleka ngokufanelekileyo ukuba zibe nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithathiweyo ngokwesiseko seengxelo zemali.

13. Enye inkcazo yemisebenzi yam ekuphicothweni kweengxelo zemali ifakiwe kwisihlomelo sengxelo yomphicothi zincwadi.

Ingxelo kuphicotho zincwadi lwengxelo yomsebenzi yonyaka

14. Ngokuhambelana noMthetho woPhicotho zincwadi zikaRhulumente woMzantsi Afrika wama-2004 (uMthetho wama-25 wama-2004) (PAA) kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yawo ngako oko, ndinoxanduva lokunika ingxelo kuncedo nokuthembeka kwengcaciso yomsebenzi echaziweyo kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zeenkqubo ezikhethiweyo ezibonisiwe kwingxelo yonyaka yokusebenza. Igosa elinika ingxelo linoxanduva lokulungiselela ingxelo yonyaka yokusebenza.

15. Ndenze iinkqubo zokuvavanya ukuba luncedo bokuthembeka kwengcaciso yokusebenza exeliweyo kwimigqaliselz ekhethiweyo yokusebenza ngokuhambelana neenqobo zokukhetah eziphuhliswe kulawulo lokusebenza nesicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo, njengoko zichaziwe kwisaziso ngokubanzi.

16. Ndenze iinkqubo ngokuhambelana nemethodi yophicotho-zincwadi ye-AGSA. Olu nxibelelwano asilulo unxibelelwano lwengqinisekiso. Ngokufanelekileyo, Indiniki mbono okanye ingqinisekiso yesigqibo.

17. Iinkqubo zam zijongana noncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo, ekufuneka zisekwe kumaxwebhu ocwangciso lomsebenzi ovunyiweyo wesebe. Andikhange ndikuvavanye ukugqibelela nokufaneleka kwezalathi zokusebenza ezifakwe kumaxwebhu ocwangciso. Iinkqubo zam azivavanyi ukuba ngaba amanyathelo athathiweyo lisebe enze ukuba unikezelo lweenkonzo lubenakho. Iinkqubo zam kwakhona azandisi naluphi na ubhengezo okanye amabango ngokunxulumene neendlela ezicwangcisiweyo zokusebenza kunye neenkcukacha malunga nexesha elizayo elinokuthi libandakanywe njengenxalenye yeenkcukacha zomsebenzi ezichaziweyo. Ngokufanelekileyo, iziphumo zam zophicotho azigqitheli kule miba.

18. Ndenze iinkqubo zokumisela ukuba ingaba iinkcukacha zomsebenzi ezixeliweyo zaboniswa ngokufanelekileyo na nokuba umsebenzi uyahambelana na namaxwebhu ocwangciso lokusebenza avunyiweyo. Ndenze enye inkqubo yokufumanisa ukuba ingaba izalathisi nokujoliswe kuko zinokulinganiswa na kwaye zichanekile na, ndaze ndavavanya ukuthembeka kweenkcukacha zomsebenzi ezixeliweyo ukufumanisa ukuba ingaba zisemthethweni, zichanekile kwaye zigqibelele na.

19. Ndikhethe imigqalisela yokusebenza elandelayo equlathwe kwinkqubo 4: imidlalo nolonwabo eyandlawle kwingxelo yonyaka yesebe yokusebenza kulungiselelwa unyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 eyandlalwe kumaphepha elama-103 ukuya kwelama-110. Ndikhethe imigqalisela ethi ilinganise umsebenzi wesebe kwimisebenzi yalo ephambili egunyazisiweyo ekumdla obalulekileyo wesizwe, woluntu okanye wabantu.

Imigqalisela yokusebenza – inkqubo 4: imidlalo nolonwabo
Imidlalo
4.2.1 Inani lamaziko emfundo emidlalo exhasiweyo
4.2.2 Inani leembaleki elixhaswe ngamaziko emfundo emidlalo
4.2.3 Inani lezikolo, izizinda kunye neeklabhu ezinikezelwe zizixhobo kunye/okanye impahla ngokwezithethe nemigangatho esekiweyo
4.2.4 Inani lemibutho emanyeneyo yesithili yemidlalo exhasiweyo
4.2.9 Inani labathathi nxaxheba kwimibutho yemidlalo emanyeneyo (phambi kohlaziyo)
4.2.9 Inani lamalungu abhalisiweyo kwimibutho yemidlalo emanyeneyo (emva kohlaziyo)
4.2.10 Inani labantu bemidlalo abaqeqeshiweyo
4.2.11 Inani leeprojekti zamaziko ezixhaswe ngoomasipala
4. 2.12 Inani leembaleki ezixhaswe ngeenkqubo zabasebenza ngamandla amakhulu
4.2.13 Inani lemisitho yabasetyhini namantombazana exhasiweyo
Ulonwabo
4.3.1. Inani labantu abathabatha inxaxheba ekuququzeleleni imisitho yemidlalo nolonwabo
4.3.2 Inani lamacandelo ekhowudi yemidlalo yemveli
4.3.3 Number of recreation centres supported
Imidlalo yesikolo
4.4.1 Inani lezithili ezixhasiweyo (imidlalo yesikolo)
4.4.2 Inani lobumelwane elixhasiweyo
4.4.4 Inani lezikolo zobumelwane elixhasiweyo
INkqubo yeMOD
4.5.1 Inani lamaziko eMOD elixhasiweyo
4.5.3 Inani lezithili elixhasiweyo (inkqubo yeMOD e)
4.5.4 Inani lamagcisa aqeqeshiweyo
4.5.9 Izikolo ezinee-ASP

20. Andichonganga naziphi na izinto ezifunyanisiweyo ngokubaluleka nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ezixeliweyo zale nkqubo.

Eminye imiba

21. Nditsala ingqwalasela kwimiba engasezantsi.

Ukufezekiswa kokujoliswe kuko kocwangciso

22. Khangela kwingxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi kumaphepha 103 ukuya kwelama-110 ukuze ufumane iinkcukacha malunga nokufezekiswa kokujoliswe kuko kocwangciso konyaka kunye neenkcazelo ezinikezelweyo ngofezekiso ngaphantsi /ngaphezulu lenani lokujoliswe kuko.

Ulungelelwaniso lwamakhwiniba afumanekileyo

23. Ndichonge imiba enganiki ngxelo iyiyo kwingxelo yonyaka yokusebenza engenisiweyo. Le miba inganiki ngxelo iyiyo ibe kwingcaciso yokusebenza echaziweyo yomgqalisela 4.2.9: inani labathabathi nxaxheba kwimibutho emanyeneyo yemidlalo yenkqubo 4: imidlalo nolonwabao. Njengoko abalawuli bethe kamva bakulungisa ukungalungi kwengxelo, andiphakamisanga nakuphi na ukufunyenweyo ngokuba luncedo nokuthembeka kwengcaciso yomsebenzi exeliweyo.

Ingxelo ngohambelwano nomthetho

24. Ngokuhambelana nePAA kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yawo ngoko oko, ndinoxanduva lokunika ingxelo ngokufunyenyenweyo ngohambelwano lwesebe nemithetho enxulumene nemiba yemali, ulawulo lwemali kunye neminye imiba enxulumene nayo. Igosa elinika ingxelo linoxanduva ngohambelwano lwesebe nomthetho.

25. Ndenze iinkqubo ukuhlola uhambelwano kunye neemfuno ezikhethiweyo kwimithetho ephambili ngokuhambelana nemethodi yophicotho zincwadi lwe-AGSA. Olu nxibelelwano aluyiyo ingqinisekiso yonxibelelwano. Ngokufanelekileyo, andiniki mbono yengqinisekiso okanye isigqibo.

26. Ndikhethe iimfuno kumthetho ophambili ukulungiselela ukuhlola uhambelwano olufanelkekileyo kulawulo lwemali nolomsebenzi lwesebe, ngokucacileyo ukuvumela imilinganiselo ezinzileyo kunye novavanyo, ngeli thuba ngokunjalo sicalula ngokwaneleyo nangokufanelekileyo ubukho kwingxelo ngendlela eqondwayo. Ukhetho lwenziwa ngokusetyenziswa kwenkqubo esekiweyo ye-AGSA. Iimfuno ezikhethiweyo zomthetho zinjengezi zilandelayo:

Umthetho	Amacandelo okanye imimiselo
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente 1 we-1999 (PFMA)	PFMA 1 (Inkcazelo yenkcitho engalungelelananga) 38(1)(b); 38(1)(c)(ii); Amacandelo 38(1)(d); 38(1)(h)(iii); 39(1)(a); 39(2)(a); Amacandelo 40(1)(a) and (b); 40(1)(c)(i); Amacandelo 43(4); 44; 45(b); 57(b)
Imimiselo yeCandelo loLawulo-mali	TR 4.1.1; 4.1.3; 5.1.1; 5.2.1; 5.2.3(a); 5.2.3(d); TR 5.3.1; 6.3.1(a) - (d); 6.4.1(b); TR 8.1.1; 8.2.1; 8.2.2; 8.2.3; 8.4.1; 9.1.1; 9.1.4; TR 10.1.1(a); 10.1.2; TR 12.5.1; 15.10.1.2(c); TR 16A3.2 (ukulunga); 16A3.2(a); 16A6.1; TR 16A6.2(a) and (b); 16A6.3(a) - (c); 16A6.3(e); TR 16A6.4; 16A6.5; 16A6.6; 16A7.1; TR 16A.7.7; 16A8.3; 16A8.4; TR 16A9.1(d); 16A9.1(e); 16A9.1(f); 16A9.2(a)(ii); TR 16A9.1(b)(ii) TR 17.1.1; 18.2; 19.8.4
ICandelo loNyaka loMthetho weNgeniso (DoRA)	Amacandelo 12(5) DoRA 16(1) Amacandelo 16(3) / 16(3)(a)(i) / 16(3)(a)(ii)(bb)
UMthetho wesiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo wokuThengwa kweMpahla okuKhethiweyo uMthetho 5 wama-2000 (PPPFA)	Amacandelo 2.1(a),(b) and (f)
Imimiselo yokuThengwa kweMpahla okuKhethiweyo (PPR), 2017	Imimiselo 4.1; 4.2; 5.1; 5.3; 5.6; 5.7; Imimiselo 6.8; Imimiselo 7.8; Imimiselo 8.2; 8.5; 9.1; 10.1; 10.2; 11.1
UMthethowoKhuseleko nokuBhangiswa kweZenzo zoBuqhetseba uMthetho 12 wama-2004 (PRECCA)	Icandelo 34(1)
Imimiselo yeNkonzo kaRhulumente (PSR), 2016	Imimiselo 18(1); 18(2); 25(1)(e)(i) and (iii)
UMthetho we-Arhente yeTheknoloji yeNgcaciso kaRhulumente uMthetho 88 we-1998 (SITA)	Icandelo 7(3)
INqaku loMyalelo weNT SCM 05 lowama2009/10	Umhlathi 3.3
INqaku loMyalelo weNT SCM 04 lowama 2015/16	Umhlathi 3.4
INqaku loMyalelo weNT SCM 03 lowama 2016/17	Umhlathi 8.1; 8.5
INqaku loMyalelo weNT SCM 4A lowama 2016/17	Umhlathi 6

Umthetho	Amacandelo okanye imimiselo
INqaku loMyalelo weNT SCM 07 lowama 2017/18	Umhlathi 4.3
INqaku loMyalelo weNT SCM 08 lowama 2019/20	Umhlathi 3.1.1; 3.6; 3.7.2; 3.7.6(i) - (iii)
INqaku loMyalelo weNT SCM 03 lowama 2020/21	Umhlathi 3.6; 3.7; 5.1(i); 6.1; 6.3
INqaku loMyalelo weNT SCM 05 lowama 2020/21	Umhlathi 3.2; 3.7; 4.3; 4.6; 4.8; 4.9; 5.3
Erratum INqaku loMyalelo weNT SCM 05 lowama 2020/21	Umhlathi 1; 2
ULungiso lwesibini kwiNqaku loMyalelo weNT SCM NT SCM 05 lowama 2020/21	Umhlathi 1
INqaku loMyalelo weNT SCM 11 lowama2020/21	Umhlathi 3.1; 3.4(b); 3.9
INqaku loMyalelo weNT SCM 02 lowama 2021/22	Umhlathi 3.2.1; 3.3.1
INqaku lokuSebenza leSCM 8 lowama 2007/08	Umhlathi 3.3.1; 3.4.1; 3.5
INqaku lokuSebenza leSCM 7 lowama 2009/10	Umhlathi 4.1.2

27. Andichonganga nkuphina okufunyenweyo okungekuko kuhambelwano neemfuno ezikhethiweyo zomthetho.

Enye ingcaciso

28. Igosa elinika ingxelo linoxanduva lokufumana ezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha ziqulathe iinkcukacha ezibandakanyiweyo kwingxelo yonyaka. Ezinye iinkcukacha azizibandakanyi iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi zincwadi kunye neenkqubo ezikhethiweyo ezichazwe kwingxelo yokusebenza yonyaka ethe yaxelwa ngokukodwa kule ngxelo yomphicothi zincwadi.

29. Uluvo lwam kwiingxelo zemali nokufunyaniswe kwiinkcukacha zomsebenzi oxeliweyo nokuthotyelwa komthetho akuzigubungeli ezinye iinkcukacha kwaye andivezi luvo lophicotho zincwadi okanye naluphi na uhlobo lwesigqibo sengqinisekiso ngako oko.

30. Ngokunxulumene nophicotho lwam lweencwadi, olwam uxanduva kukufunda ezinye iinkcukacha kwaye, ngokwenza njalo, ndithathela ingqalelo ukuba ingaba ezo nkcukacha zizezinye ziyahambelana na neengxelo zemali kunye nenkqubo ekhethiweyo eboniswe kwingxelo yokusebenza yonyaka, okanye ulwazi lwam olufunyenwe kuphicotho zincwadi, okanye ngenye indlela ibonakala ngathi igqwethekile.

31. Andifumananga enye ingcaciso phgambi komhla wengxelo yomphicothi-zincwadi. Xa ndithe ndayifumana ndaze ndayifunda enyr ingcaciso, ukuba ngaba ndigqiba okokuba kukho imiba engeyiyo inyaniso kuyo, ndiyadingeka okokuba ndinxibelelane ngemiba nabo baphetheyo kulawulo ze ndicele okokuba enye ingcaciso mayilungiswe. Ukuba ngaba enye ingcaciso ilungisiwe, ndinganakho ukurhoxisa le ngexelo yomphicothi-zincwadi ze ndikhuphe kwakhona ingxelo elungisiweyo njengefanelekileyo. Ngoko, ukuba ngaba ilungisiwe akusayi kuba yimfuneko.

Ukusilela kolawulo lwangaphakathi

32. Ndiluthathele ingqalelo ulawulo lwangaphakathi njengolufanelekileyo kuphicotho zincwadi endilwenzileyo lweengxelo zemali, iinkcukacha zomsebenzi ezixeliweyo nokuthobela umthetho osebenzayo; nangona kunjalo, injongo yam yayingekokubonisa naluphi na uhlobo lwengqiniseko kuyo. Andikhange ndibone nakuphi na ukusilela kulawulo lwangaphakathi.

EKapa

31 kweyeKhala 2022

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

Isihlomelo – Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele kuphicotho zincwadi

1. Njengenxalenye yophicotho-zincwadi ngokungqinelana nee-ISA, ndisebenzisa isigwebo ngobuchule ndize ndigcine intandabuzo ngobugcisa kuphicotho lwam luphela lweengxelo zemali kwaye neenkqubo eziqhutyiweyo kwiinkcukacha zomsebenzi oxeliweyo wenkqubo nakuthotyelo lwesebe ngokubhekisele kwimiba yesihloko esikhethiweyo.

Iingxelo zemali

2. Ukongeza kuxanduva lwam lokuphicothwa kweengxelo zemali njengoko kuchaziwe kwingxelo yomphicothi zincwadi, ngokunjalo:

   - ndichonga yaye ndivavanye umngcipheko wamakhwiniba afumanekileyo eengxelo zemali, nokokuba kungenxa yobumenemene okanye impazamo; ukuyila nokwenza iinkqubo zophicotho zincwadi eziphendula kulo mingcipheko; kwaye ndifumane ubungqina bophicotho zincwadi obaneleyo nobufanelekileyo ukunika isiseko soluvo lwam. Umngcipheko wokungafumani izinto ezingamakhwiniba abangelwa bubumenemene uphezulu kunalowo ubangwa yimpazamo, njengoko ubumenemene bunokuquka iyelenqe, inkohliso, ushiyo lwangabom, ukujijwa kwenyani okanye ukunganananzwa kolawulo lwangaphakathi.
   - ndifumana ukuluqonda ulawulo lwangaphakathi olufanele uphicotho zincwadi ukuze kuyilwe iinkqubo zophicotho zincwadi ezifanelekileyo kwiimeko, kodwa hayi ngenjongo yokuvakalisa uluvo ekusebenzeni kolawulo lwangaphakathi lwesebe.
   - ndivavanye ukufaneleka kwemigaqo nkqubo yocwangciso mali esetyenzisiweyo kunye nokufaneleka koqikelelo locwangciso mali kunye nobhengezo olunxulumene noko kwenziwe ligosa elinika ingxelo.
   - ndiqukumbela ngokufanelekileyo kokusebenzisa kwegosa elinika ingxelo isiseko senkxalabo yocwangciso mali kulungiselelo lweengxelo zemali. Ndikwaqukumbela, ngokusekelwe kubungqina obufunyenwe kuphicotho zincwadi, nokuba ngaba kukho ukungaqiniseki okukhoyo ngokunxulumene neziganeko okanye iimeko ezinokubangela ukuthandabuza okukhulu kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo laseNtshona Kapa lokuqhubeka njengenkxalabo. Ukuba ndigqiba kwelokuba kukho ukungaqiniseki okukhoyo, kufuneka ndiqwalasele kwingxelo yam yophicotho zincwadi kwizibhengezo ezinxulumene noko kwiingxelo zemali malunga nokungaqiniseki kwezinto ezifumanekileyo okanye, ukuba ezo zibhengezo azonelanga, ukuguqula uluvo lwam kwiingxelo zemali. Izigqibo zam zisekelwe kwiinkcukacha endizifumanayo ngomhla wale ngxelo yomphicothi zincwadi. Nangona kunjalo, iziganeko zexa elizayo okanye iimeko zinokubangela ukuba isebe liyeke ukusebenza njengenkxalabo eqhubekayo.
   - ndivavanya vavanya inkcazo ntetho iyonke, ubume bayo kunye nomxholo weengxelo zemali, kubandakanya ubhengezo, kwaye kubonwe ukuba ingaba iingxelo zemali zimele intengiselwano kunye neziganeko ngendlela ephumeza ukuboniswa okufanelekileyo.

Unxibelelwano nabo babekwa uxanduva lolawulo

3. Ndinxibelelana negosa elinika ingxelo malunga, phakathi kweminye imiba, ububanzi obucwangcisiweyo kunye nexesha lophicotho zincwadi kunye neziphumo ezibalulekileyo zophicotho zincwadi, kubandakanya nakuphi na ukusilela okubonakalayo kulawulo lwangaphakathi endikubonileyo ngexesha lophicotho zincwadi lwam.

4. Ndinikezela ngokunjalo kwigosa eliniks ingxelo ngengxelo yokokuba ndihambelele neemfuno zokuziphatha ezifanelekileyo malunga nokuzimela, kwaye ndinxibelelana nabo ngabo bonke ubudlelwane neminye imiba enokuthi icingelwe ukuba inefuthe ekuzimeleni kwam kwaye, apho kufanelekileyo, amanyathelo athathiweyo ukuphelisa izoyikiso okanye iindlela zokukhusela ezenziweyo.

2. IiNgxelo zoNyaka zeMali

IINGXELO ZONYAKA ZEMALI

ZESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO YENTSHONA KOLONI

zonyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022

Okuqulathiweyo

INgxelo yoLwabiwo-mali	*235*
Amanqaku kwiNgxelo yoLwabiwo-mali	*241*
INgxelo kukuSebenza kweMali	*244*
INgxelo yoBume beMali	*245*
INgxelo yeeNguqu kwii-Asethi zeMali eziziNkozo	*246*
INgxelo yokuNgana nokuPhuma kweMali	*247*
Amanqaku kwiiNgxelo zoNyaka zeMali (kubandakanywa imigaqo-nkqubo yobalo-mali)	*248*
Izihlomelo	*287*

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI EVOTELWEYO YE-13

INGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Ulwabiwo-mali ngokwenkqubo									
	2021/22							2020/21	
	ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	Ukufuduswa kweeNgxowa-mali	IViramenti	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eyiyo	Iyantlukwano	INkcitho njenge-% yolwabiwo-mali lokugqibela	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eyiyo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
INkqubo									
1. ULawulo	67,005	-	(1,659)	65,346	65,062	284	99.6%	64,926	64,037
2. IMicimbi yeNkcubeko	120,639	-	3,124	123,763	120,445	3,318	97.3%	117,128	114,862
3. IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba	447,297	-	436	447,733	441,935	5,798	98.7%	358,503	352,923
4. IMidlalo noLonwabo	265,168	-	(1,901)	263,267	261,735	1,532	99.4%	205,248	203,632
Iyonke	**900,109**	**-**	**-**	**900,109**	**889,177**	**10,932**	**98.8%**	**745,805**	**735,454**
IYONKE									
Ulungelelwaniso ngokwengxelo yokusebenza kwemali									
KONGEZELELWE									
Okufunyenwe IiSebe				**1,330**				**663**	
Izixa-mali ezizizo ngokwengxelo yokusebenza kwemali (ingeniso epheleleyo)				**901,439**				**746,468**	
Izixa-mali ezizizo ngokwengxelo yokusebenza kwemali (inkcitho epheleleyo)					**889,177**				**735,454**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI EVOTELWEYO YE-13

INGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Ulwabiwo-mali ngokohlelo loqoqosho									
	2021/22							**2020/21**	
	ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	**Ukufuduswa kweeNgxowa-mali**	**IViramenti**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**INkcitho njenge-% yolwabiwo-mali lokugqibela**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**%**	**R'000**	**R'000**
Uhlelo ngokoqoqosho									
Iintlawulo ezikhoyo	**370,041**	**(7,401)**	**(2,418)**	**360,222**	**350,427**	**9,795**	**97.3%**	**300,172**	**291,898**
Imbuyekezo kubasebenzi	216,976	(404)	-	216,572	210,741	5,831	97.3%	203,675	202,579
Impahla neenkonzo	153,065	(6,997)	(2,418)	143,650	139,686	3,964	97.2%	96,497	89,319
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	**505,888**	**7,883**	**2,418**	**516,189**	**516,189**	**-**	**100.0%**	**425,307**	**425,307**
Amaphondo noomasipala	317,000	-	-	317,000	317,000	-	100.0%	247,384	247,384
Ii-arhente zesebe nee-akhawunti	2,119	760	707	3,586	3,586	-	100.0%	3,226	3,226
Amaziko angenzi nzuzo	186,119	5,524	1,711	193,354	193,354	-	100.0%	170,735	170,735
Ezasekhaya	650	1,599	-	2,249	2,249	-	100.0%	3,962	3,962
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	**24,099**	**(514)**	**-**	**23,585**	**22,448**	**1,137**	**95.2%**	**20,121**	**18,044**
Oomatshini nezixhobo	24,099	(548)	-	23,551	22,414	1,137	95.2%	20,087	18,010
Ii-asethi ezingabambekiyo	-	34	-	34	34	-	100.0%	34	34
Iintlawulo zee-asethi zemali	**81**	**32**	**-**	**113**	**113**	**-**	**100.0%**	**205**	**205**
Lulonke	**900,109**	**-**	**-**	**900,109**	**889,177**	**10,932**	**98.8%**	**745,805**	**735,454**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI EVOTELWEYO YE-13

INGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Inkqubo 1: ULawulo									
	2021/22							**2020/21**	
	ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	**Ukufuduswa kweeNgxowa-mali**	**IViramenti**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**INkcitho njenge-% yolwabiwo-mali lokugqibela**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**%**	**R'000**	**R'000**
INkqutyana									
1. I-Ofisi yeMEC	8,477	442	-	8,919	8,919	-	100.0%	9,239	9,239
2. ULawulo lweMali	33,709	554	(10)	34,253	33,969	284	99.2%	32,560	31,737
3. IiNkonzo zoLawulo	24,819	(996)	(1,649)	22,174	22,174	-	100.0%	23,127	23,061
Iyonke eyenkqutyana	**67,005**	**-**	**(1,659)**	**65,346**	**65,062**	**284**	**99.6%**	**64,926**	**64,037**
Uhlelo ngokoqoqosho									
Iintlawulo ezikhoyo	**63,581**	**(32)**	**(1,659)**	**61,890**	**61,660**	**230**	**99.6%**	**59,365**	**58,476**
Imbuyekezo kubasebenzi	51,053	(41)	-	51,012	50,784	228	99.6%	48,269	48,182
Impahla neenkonzo	12,528	9	(1,659)	10,878	10,876	2	100.0%	11,096	10,294
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	**58**	**8**	**-**	**66**	**66**	**-**	**100.0%**	**783**	**783**
Ii-arhente zesebe nee-akhawunti	55	(33)	-	22	22	-	100.0%	-	-
Ezasekhaya	3	41	-	44	44	-	100.0%	783	783
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	**3,354**	**19**	**-**	**3,373**	**3,319**	**54**	**98.4%**	**4,736**	**4,736**
Oomatshini nezixhobo	3,354	19	-	3,373	3,319	54	98.4%	4,736	4,736
Iintlawulo zee-asethi zemali	**12**	**5**	**-**	**17**	**17**	**-**	**100.0%**	**42**	**42**
Zizonke	**67,005**	**-**	**(1,659)**	**65,346**	**65,062**	**284**	**99.6%**	**64,926**	**64,037**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI EVOTELWEYO YE-13

INGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Inkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko									
	2021/22							**2020/21**	
	ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	**Ukufuduswa kweeNgxowa-mali**	**IViramenti**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**INkcitho njenge-% yolwabiwo-mali lokugqibela**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**%**	**R'000**	**R'000**
Inkqutyana									
1. ULawulo	3,328	(175)	-	3,153	2,841	312	90.1%	4,328	3,753
2. UBugcisa neNkcubeko	39,324	(1,108)	-	38,216	38,216	-	100.0%	39,270	38,515
3. IiNkonzo zeziko lolondolozo lwembali	62,144	2,305	2,417	66,866	65,765	1,101	98.4%	61,461	61,389
4. IiNkonzo zeZibonelelo zeLifa leMveli	10,679	(789)	707	10,597	9,145	1,452	86.3%	7,375	6,855
5. IiNkonzo zoLwimi	5,164	(233)	-	4,931	4,478	453	90.8%	4,694	4,350
Kukonke kwenkqutyana	**120,639**	**-**	**3,124**	**123,763**	**120,445**	**3,318**	**97.3%**	**117,128**	**114,862**
Uhlelo ngokoqoqosho									
Iintlawulo ezikhoyo	**76,475**	**(4,361)**	**-**	**72,114**	**69,095**	**3,019**	**95.8%**	**65,675**	**64,181**
Imbuyekezo kubasebenzi	62,522	(48)	-	62,474	59,718	2,756	95.6%	56,978	56,731
Impahla neenkonzo	13,953	(4,313)	-	9,640	9,377	263	97.3%	8,697	7,450
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	**39,986**	**6,106**	**3,124**	**49,216**	**49,216**	**-**	**100.0%**	**48,263**	**48,263**
Ii-arhente zesebe nee-akhawunti	2,064	793	707	3,564	3,564	-	100.0%	3,226	3,226
Amaziko angenzi nzuzo	37,682	4,071	2,417	44,170	44,170	-	100.0%	42,344	42,344
Ezasekhaya	240	1,242	-	1,482	1,482	-	100.0%	2,693	2,693
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	**4,171**	**(1,750)**	**-**	**2,421**	**2,122**	**299**	**87.6%**	**3,142**	**2,370**
Oomatshini nezixhobo	4,171	(1,750)	-	2,421	2,122	299	87.6%	3,142	2,370
Iintlawulo zee-asethi zemali	**7**	**5**	**-**	**12**	**12**	**-**	**100.0%**	**48**	**48**
Lulonke	**120,639**	**-**	**3,124**	**123,763**	**120,445**	**3,318**	**97.3%**	**117,128**	**114,862**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI EVOTELWEYO YE-13

INGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Inkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba

	2021/22							2020/21	
	ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	**Ukufudus wa kweeNgxo wa-mali**	**IViramenti**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**INkcitho njenge-% yolwabiwo-mali lokugqibela**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**%**	**R'000**	**R'000**
INkqutyana									
1. ULawulo	9,005	(279)	-	8,726	6,959	1,767	79.8%	6,164	6,164
2. IiNkonzo zeThala leeNcwadi	413,081	2,742	436	416,259	413,332	2,927	99.3%	330,963	325,383
3. OoVimba	25,211	(2,463)	-	22,748	21,644	1,104	95.1%	21,376	21,376
Kukonke kweenkqutyana	**447,297**	**-**	**436**	**447,733**	**441,935**	**5,798**	**98.7%**	**358,503**	**352,923**
Uhlelo ngokoqoqosho									
Iintlawulo ezikhoyo	**121,489**	**(833)**	**436**	**121,092**	**115,535**	**5,557**	**95.4%**	**108,934**	**103,937**
Imbuyekezo kubasebenzi	71,112	(315)	-	70,797	68,936	1,861	97.4%	67,542	66,442
Impahla neenkonzo	50,377	(518)	436	50,295	46,599	3,696	92.7%	41,392	37,495
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	**316,077**	**317**	**-**	**316,394**	**316,394**	**-**	**100.0%**	**244,307**	**244,307**
Amaphondo noomasipala	310,412	-	-	310,412	310,412	-	100.0%	242,667	242,667
Amaziko angenzi nzuzo	5,336	1	-	5,337	5,337	-	100.0%	1,200	1,200
Ezasekhaya	329	316	-	645	645	-	100.0%	440	440
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	**9,703**	**513**	**-**	**10,216**	**9,975**	**241**	**97.6%**	**5,212**	**4,629**
Oomatshini nezixhobo	9,703	479	-	10,182	9,941	241	97.6%	5,178	4,595
Ii-asethi ezingabambekiyo	-	34	-	34	34	-	100.0%	34	34
Iintlawulo zee-asethi zemali	**28**	**3**	**-**	**31**	**31**	**-**	**100.0%**	**50**	**50**
Lulonke	**447,297**	**-**	**436**	**447,733**	**441,935**	**5,798**	**98.7%**	**358,503**	**352,923**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI EVOTELWEYO YE-13

INGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

Inkqubo 4: IMidlalo noLonwabo									
	2021/22							**2020/21**	
	ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	**Ukufudus wa kweeNgxo wa-mali**	**IViramenti**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**INkcitho njenge-% yolwabiwo-mali lokugqibela**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**%**	**R'000**	**R'000**
Inkqutyana									
1. ULawulo	86,203	(923)	(544)	84,736	84,516	220	99.7%	75,761	75,565
2. IMidlalo	61,845	823	(339)	62,329	61,490	839	98.7%	39,698	39,486
3. ULonwabo	19,778	(2,273)	(66)	17,439	17,436	3	100.0%	13,473	13,473
4. IMidlalo yeSikolo	44,675	2,080	(810)	45,945	45,702	243	99.5%	29,043	27,835
5. INkqubo yeMOD	52,667	293	(142)	52,818	52,591	227	99.6%	47,273	47,273
Kukonke kweenkqutyana	**265,168**	**-**	**(1,901)**	**263,267**	**261,735**	**1,532**	**99.4%**	**205,248**	**203,632**
Uhlelo ngokoqoqosho									
Iintlawulo ezikhoyo	**108,496**	**(2,175)**	**(1,195)**	**105,126**	**104,137**	**989**	**99.1%**	**66,198**	**65,304**
Imbuyekezo kubasebenzi	32,289	-	-	32,289	31,303	986	96.9%	30,886	31,224
Impahla neenkonzo	76,207	(2,175)	(1,195)	72,837	72,834	3	100.0%	35,312	34,080
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	**149,767**	**1,452**	**(706)**	**150,513**	**150,513**	**-**	**100.0%**	**131,954**	**131,954**
Amaphondo noomasipala	6,588	-	-	6,588	6,588	-	100.0%	4,717	4,717
Amaziko angenzi nzuzo	143,101	1,452	(706)	143,847	143,847	-	100.0%	127,191	127,191
Ezasekhaya	78	-	-	78	78	-	100.0%	46	46
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	**6,871**	**704**	**-**	**7,575**	**7,032**	**543**	**92.8%**	**7,031**	**6,309**
Oomatshini nezixhobo	6,871	704	-	7,575	7,032	543	92.8%	7,031	6,309
Iintlawulo zee-asethi zemali	**34**	**19**	**-**	**53**	**53**	**-**	**100.0%**	**65**	**65**
Lulonke	**265,168**	**-**	**(1,901)**	**263,267**	**261,735**	**1,532**	**99.4%**	**205,248**	**203,632**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKONNEMIDLALO LENTSHONA KOLONIE
INKXASO-MALI YE-13

AMANQAKU KWINGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

1. Inkcukacha yokhutshelo nenkxaso-mali ngokoMthetho woLwabiwo-mali (emva kweViramenti):

Iinkcukacha zezi ntengiselwano zingahlolwa kwinqaku 6 (okuKhutshelweyo nenkxaso-mali) kunye neSihlomelo 1 (A – D) kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

2. Inkcukacha yezixa-mali ezabiweyo ngokuthe ngqo nangokukodwa (emva kweViramenti):

Inkcukacha yezi ntengiselwano inokuhlolwa kwinqaku 1 (uLwabiwo-mali loNyaka) kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

3. Inkcukacha ngeentlawulo zee-asethi zemali

Inkcukacha yezi ntengiselwano ngenkqubo zinakho ukuhlolwa kwinqaku 5 (Iintengiselwano zemali kwii-asethi namatyala) kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

4. Iinkcazelo zeyantlukwano ebonakalayo ezivela kwiZixa-mali eziVotelweyo (emva kweViramenti):

4.1 NgokweNkqubo

	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eyiyo	Iyantlukwano	Iyantlukwano ngokwe-% woLwabiwo-mali lokuGqibela
	R'000	R'000	R'000	%
ULawulo	65,346	65,062	284	0.43%
IMicimbi yeNkcubeko[1]	123,763	120,445	3,318	2.68%
IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba	447,733	441,935	5,798	1.29%
IMidlalo noLonwabo	263,267	261,735	1,532	0.58%

[1] Inkcitho engaphantsi inxulumene neMbuyekezo kuBasebenzi ngenxa yolityaziso ekuzalisweni kwezithuba. Ngaphezulu, ooMatshini neZixhobo (iilaptop) za-odolwa kodwa azizange zithunyelwe ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo soqengqelo sangeniswa kulungiselelwa iilaptop..

AMANQAKU KWINGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

4.2 Ngokohlelo loQoqosho	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**Iyantlukwano ngokwe-% woLwabiwo-mali lokuGqibela**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**%**
Iintlawulo ezikhoyo:				
Imbuyekezo kubasebenzi[1]	216,572	210,741	5,831	2.69%
Impahla neenkonzo[2]	143,650	139,686	3,964	2.76%
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali:				
AmaPhondo noomasipala	317,000	317,000	-	0.00%
Ii-arhente zesebe nee-akhawunti	3,586	3,586	-	0.00%
Amaziko angenzi nzuzo	193,354	193,354	-	0.00%
Ezasekhaya	2,249	2,249	-	0.00%
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu:				
Oomatshini nezixhobo[3]	23,551	22,414	1,137	4.83%
Iinkqubo zekhompyutha nezinye ii-asethi ezingabambekiyo	34	34	-	0.00%
Intlawulo yee-asethi zemali	113	113	-	0.00%

[1]Imbuyekezo yabasebenzi: Iyantlukwano ibangelwe lulibaziseko ekuzalisweni kwezithuba.

[2] Impahla kunye neeNkonzo: Iyantlukwano ibangelwe kukungathunyelwa kwenye yemathiriyeli yethala leencwadi (iincwadi) kunye nempahla esetyenziswa iphele ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo soqengqelo seengxowa-mali esele zibotshelelwe sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo. Ngaphezulu, iingxowa-mali ekuphiswe ngazo liBhunga leSizwe leLifa leMveli kulungiselelwa ukusekwa kweResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) eNtshona Koloni azizange zichithwe ngokupheleleyo ngenxa yohlobo lokuqhubeka kweprojekthi. Isicelo solwabiwo ngokutsha kweengxowa-mali ezingachithwanga sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo. Okubandakanywe kwiyantlukwano ziingxowa-mali ezingachithwanga ezibhekiselele kwiprojekthi yophando ejolise ekuphuhliseni uYilo oluzinzileyo lweNkonzo yeThala leeNcwadi likarhulumente. Iprojekthi ayibanga nakho ukuqaliswa Isicelo solwabiwo kwakhona kweengxowa-mali ngenxa yemingeni ebekho nabanikezeli benkonzo kwimarike engakhange ibe nakunikezela ngenkonzo. Isicelo solwabiwo ngokutsha seengxowa-mali ezingachithwanga sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

[3]Inkunzi: Iyantlukwano ibangelwe kukungathunyelwa kweekhompyutha (iilaptop) ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022. Isicelo soqengqelo seengxowa-mali esele zibotshelelwe sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

AMANQAKU KWINGXELO YOLWABIWO-MALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

4.3 NgokoMnikelo oneMiqathango	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**INkcitho eyiyo**	**Iyantlukwano**	**Iyantlukwano ngokwe-% woLwabiwo-mali lokuGqibela**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**%**
UMnikelo weeNkonzo zeThala leeNcwadi	188,862	188,862	-	0.00%
UMnikelo woPhuhliso lokuThatyathwa kwenxaxheba siSininzi neMidlalo	88,884	88,884	-	0.00%
UMnikelo weNkuthazo weNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente elungiselelwe amaPhondo	3,099	3,099	-	0.00%
UMnikelo weNkuthazo weNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente yeCandelo leNtlalo elungiselelwe amaPhondo	4,232	4,232	-	0.00%

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI YE-13
INGXELO YOKUSEBENZA KWEMALI
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

	Inqaku	**2021/22** R'000	**2020/21** R'000
INGENISO			
Ulwabiwo-mali lonyaka	*1.1*	900,109	745,805
Ingeniso yeSebe	*2*	1,330	663
IYONKE INGENISO		**901,439**	**746,468**
INKCITHO			
Inkcitho ekhoyo			
Imbuyekezo yabasebenzi	*3*	210,741	202,579
Impahla neenkonzo	*4*	139,686	89,319
Iyonke inkcitho yangoku		**350,427**	**291,898**
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali			
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	*6*	516,189	425,307
Kukonke okukhutshelweyo nenkxaso-mali		**516,189**	**425,307**
INkcitho yee-asethi ezinkulu			
Ii-asethi ezibambekayo	*7*	22,414	18,010
Ii-asethi ezingabambekiyo	*7*	34	34
Iyonke inkcitho yee-asethi ezinkulu		**22,448**	18,044
Iintlawulo zee-asethi zemali	*5*	113	205
IYONKE INKCITHO		**889,177**	**735,454**
INTSALELA NGONYAKA		**12,262**	**11,014**

Uvumelelwaniso neNtsalela eSeleyo yonyaka			
Inkxaso-mali evotelweyo		**10,932**	**10,351**
Ulwabiwo-mali lonyaka		10,932	10,350
Izibonelelo zoxhomekeko		-	1
Ingeniso yesebe neeRisithi zeNRF	*12*	1,330	663
INTSALELA YONYAKA		**12,262**	**11,014**

INGXELO YOBUME BEZIMALI
Ngokwangomhla wama-31 kweyoKwindla 2022

	Inqaku	2021/22 R'000	2020/21 R'000
II-ASETHI			
Ii-asethi zangoku		**9,923**	**9,748**
Imali ezinkozo noko kulingana nayo	*8*	9,488	9,346
Iintlawulo zangaphambili nezangaphambi kwexesha	*9*	8	4
Ezifunyenweyo	*10*	427	398
Ii-asethi ezingezozangoku		**1,253**	**1,215**
Ezifunyenweyo	*10*	1,253	1,215
ZIZONKE II-ASETHI		**11,176**	**10,963**
AMATYALA			
Amatyala angoku		**11,132**	**10,935**
Inkxaso-mali evotelwe ukunikelwa kwiNgxowa-mali yeNgeniso	*11*	10,932	10,351
Ingeniso yesebe neeRisithi zeNRF emayinikezelwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso	*12*	66	497
Imali emele ukuhlawulwa	*13*	134	87
EWONKE AMATYALA		**11,132**	**10,935**
II-ASETHI EZISELEYO		**44**	**28**

	Inqaku	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Ngokumelwe yi:			
Ngeniso efunyenweyo kwakhona		44	28
IYONKE		**44**	**28**

INGXELO YEENGUQU KWII-ASETHI EZISELEYO
Yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Ingeniso efunyenweyo kwakhona			
Umncono wokuvula		28	25
Okukhutshelweyo:		16	3
Izixa-mali ezingafumanekiyo ebezicinyiwe		(2)	(5)
Amatyala afunyenweyo (kubandakanywa nokufunyenwe kumasebe)		(6)	-
Amatyala aphakanyisiweyo		24	8
Umncono wokuvala		**44**	**28**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LASENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI YE-13

INGXELO YOKUNGENA NOKUPHUMA KWEMALI EZINKOZO
yonyaka ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2022

	Inqaku	2021/22 R'000	2020/21 R'000
UKUNGENA NOKUPHUMA KWEMALI EZINKOZO KWIMISEBENZI ESEBENZAYO			
Okufunyenweyo		**903,374**	**747,286**
Inkxaso-mali yolwabelo lonyaka efunyenweyo	*1.1*	900,109	745,805
Ingeniso yesebe efunyenweyo	*2*	3,257	1,476
Inzala efunyenweyo	*2.3*	8	5
Ukwehla kwemali-nkunzi eseleyo		14	157
Imali enikezelwe kwiNgxowa yeNgeniso		(14,047)	(10,992)
Iintlawulo zangoku		(350,427)	(291,898)
Iintlawulo zee-asethi zemali		(113)	(205)
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali ehlawulweyo		(516,189)	(425,307)
Ukungena nokuphuma kwemali okuseleyo okufumaneke kwimisebenzi eqhubekayo	*14*	**22,612**	19,041
UKUNGENA NOKUPHUMA KWEMALI EZINKOZO EVELA KWIMISEBENZI YOTYALO-MALI			
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	*7*	(22,448)	(18,044)
(Ukwehla)/ukwanda kwii-asethi eziseleyo	*10*	(38)	152
Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo evela kwimisebenzi yotyalo-mali		**(22,486)**	(17,892)
UKUNGENA NOKUPHUMA KWEMALI EZINKOZO EVELA KWIMISEBENZI YEMALI			
Ukwanda kwee-asethi ezikhoyo		16	3
Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo evela kwimisebenzi yemali		**16**	**3**
Ukwanda kwemali ezinkozo eseleyo kwimali nangokulinganiswa kwayo		142	1,152
Imali nokulinganiswa nayo ekuqaleni kwexesha		9,346	8,194
Imali nangokulingana kwayo ekupheleni kwexesha	*15*	**9,488**	**9,346**

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LASENTSHONA KOLONI
INKXASO-MALI YE-13

AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA-MALI

zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

IMIGAQO-NKQUBO YOBALO-MALI

Isishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yobalo-mali

Iingxelo zemali bezilungiselelwe ngokumalunga nale migaqo-nkqubo ilandelayo, ethe yasetyenziswa ngokufanelekileyo kuzo zonke iinkalo eziphathekayo, ngaphandle kokuba kuboniswe ngenye indlela. Abakulawulo bagqibe kwelokuba iingxelo zemali zibonisa ngokufanelekileyo ingcaciso ephambili nengekho phambili yesebe.

Imbali yesivumelwano sendleko sisetyenzisiwe, ngaphandle kokuba kuboniswe ngenye indlela. Abakulawulo basebenzise uvavanyo noqikelelo ekulungiseleleni iingxelo zemali zonyaka. Oku kusekelezele kwiinkcukacha ezikhoyo ngexesha lamalungiselelo.

Apho kufanelekileyo kwaye kubalulekile, ingcaciso eyongezelelweyo ibhengeziwe ukwandisa uncedo lweengxelo zemali nokuhambelana neemfuno ezimisiweyo kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA), uMthetho woku-1 we-1999 (njengoko ulungisiwe nguMthetho wama-29 we- 1999), kunye neMithetho yeCandelo loLawulo-mali ekhutshwe ngokwemiqathango yePFMA kwanoMthetho weCandelo leNgeniso lonyaka.

1 Isiseko solungiselelo

Iingxelo zemali zilungiselelwe ngokuhambelana noMgangatho woLungiso lweMali.

2 Inkxalabo ekhoyo

Iingxelo zemali zilungiselelwe kujongwe isiseko senkxalabo ekhoyo eqhubekayo.

3 Unikezelo ngemali esetyenziswayo

Izixa-mali zinikezelwe ngemali esetyenziswayo yoMzantsi Afrika iRandi (R) eyiyo esetyenziswa ngokunjalo lisebe.

4 Ukuqingqwa kwemali

Ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela amanani emali aqingqwe kwiwaka elikufutshane leeRandi (R'000).

5 Ukutshintshwa kwemali esetyenziswa kwamanye amazwe

Ukungena nokuphuma kwemali okuvela kwiintengiselwano zemali esetyenziswayo zamanye amazwe etshintshelwa kwiRandi yoMzantsi Afrika kusetyenziswa imilinganiselo yotshintshiselwano ekhoyo ngomhla wentlawulo/yokuthenga.

6 Ingcaciso yothelekiso

6.1 Ingcaciso ngaphambi kwesithuba sothelekiso

Ingcaciso ngaphambi kwesithuba sothelekiso ithiwe thaca kwiingxelo ezikhoyo zemali

yonyaka. Apho kuyimfuneko amanani abandakanyiweyo kwiingxelo ngaphambi kwesithuba semali zihlelwe ngokutsha ukuqinisekisa ngokuba isicwangciso ekunikezelwa ngaso ingcaciso asiguquki kwisicwangciso seengxelo zemali zonyaka omileyo.

6.2 Unyaka omiyo uthelekiswa nohlahlo lwabiwo-mali

Uthelekiso phakathi kohlahlo lwabiwo-mali lokugqibela, oluvunyiweyo kunye nezixa-mali ezizizo kwinkqubo nganye kunye nohlelo loqoqosho lubandakanyiwe kwingxelo yolwabiwo-mali.

7 Ingeniso

7.1 Iingxowa-mali zolwabiwo-mali

Iingxowa-mali zolwabiwo-mali ziqulathe izabelo zesebe ngokunjalo neenguqu ezithe ngqo ezithelekiswa nengxowa-mali yengeniso (okt. ulwabiwo-mali olusemthethweni).

Iingxowa-mali zolwabiwo-mali zibonakalisiwe kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla oluqale ngawo ulwabiwo. Uhlengahlengiso lwenziwe kulandelwa inkqubo yokunyenyisa kuhlahlo lwabiwo-mali olubonisiwe kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wohlenga-hlengiso luba lolusebenzayo.

Isixa-mali semali sazo naziphi na iingxowa-mali ezabiweyo ngenxa yengxowa-mali eya okanye evela kwingeniso ngosuku lokunikwa kwengxelo ibonakaliswa njengentlawulo/njengokufunyenweyo kwingxelo yobume bemali.

7.2 Ingeniso yesebe

Ingeniso yesebe iboniswe kwingxelo yokusebenza kwemali xa ifunyenwe kwaye ekugqibeleni ihlawulwe kwingxowa-mali efanelekileyo, ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela.

Nasiphi na isixa emasihlawulwe kwimali yengeniso efanelekileyo ngemini yengxelo iboniswe njengehlawulwe kwingxelo yobume bemali.

7.3 Ingeniso efunyenweyo yesebe

Okufunyenweyo ngokuhambelana nengeniso yesebe (kungabandakanywa ingeniso yerhafu) kurekhodwe kumanqaku kwiingxelo zemali xa:

- kusenokwenzeka okokuba izibonelelo zoqoqosho okanye isakhono senkonzo esinxulunyaniswe nentengiselwano siya kuqukuqela kwisebe; kunye
- isixa-mali sengeniso singalinganiswa ngokuthembekileyo.

Ingeniso efunyenweyo iyalinganiswa kwixabiso elilungileyo yokufunyenweyo okuqwalwaselweyo.

Ingeniso yerhafu efunyenweyo (kunye nenzala enxulumeneyo kunye /

nezohlwayo) ilinganiswa kwizixa-mali ezifunyenwe kwii-arhente zoqokelelo.

Ezicinyiweyo zenziwa ngokuhambelana kumgaqo-nkqubo wokucinywa kwetyala lesebe.

8 Inkcitho

8.1 Imbuyekezo kubasebenzi

8.1.1 Imivuzo yenyanga neyeveki

Imivuzo nemirholo ibonakaliswa kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wentlawulo.

8.1.2 Iminikelo yentlalo

Iminikelo yentlalo eyenziwa lisebe ngokuphathelelene nabasebenzi abakhoyo ibonakaliswe kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wentlawulo.

Iminikelo yentlalo eyenziwe lisebe ngokuphathelelene nabasebenzi ababekho ngaphambili ihlelwa njengokukhutshelwe kwezasekhaya kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wentlawulo.

8.2 Enye inkcitho

Enye inkcitho (efana nempahla kunye neenkonzo, okukhutshelweyo nenkxaso-mali kunye neentlawulo zee-asethi ezinkulu) ibonakaliswe kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wentlawulo. Inkcitho ihlelwe njengenkcitho yee-asethi ezinkulu ukuba ngaba ingqwalasela epheleleyo enikezelweyo ingaphezulu kwemali elingeneyo.

8.3 Okufunyenweyo nokuhlawulweyo kodwa akuqatshelwanga

Okufunyenweyo nokuhlawulweyo okungaqatshelwanga kurekhodwe kumanqaku kwiingxelo zemali kwindleko ngosuku lokunikwa kwengxelo.

8.4 Ingqeshiso

8.4.1 Ingqeshiso esebenzayo

Iintlawulo zengqeshiso eqhubekayo olwenziwe ngexesha lokunikwa kwengxelo ziqatshelwe njengenkcitho yangoku kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wentlawulo.

Iimbophelelo zemisebenzi yokuqeshisa zibhaliwe kumanqaku akwingxelo yemali.

8.4.2 Imali yengqesho

Iintlawulo zemali yengqesho eyenziwe ngexesha lengxelo iqatshelwe njengenkcitho enkulu kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla wentlawulo. Iintlawulo zengqeshiso yemali efuniweyo iqatshelwa njengengeniso yesebe.

Iimbophelelo zemali yengqesho zibhaliwe kumanqaku akwiingxelo zemali kwaye akwabelwana phakathi kwenkunzi-mali nezabelo zenzala.

Imali yengqesho yee-asethi ezifunyenweyo ekupheleni kwexesha lengqesho zibhaliwe

kwaye zithekelelelwa ngaphantsi:

- kweendleko, nokuba ilixabiso elilungileyo le-asethi; okanye
- kwisixa sobuncinci bentlawulo yengqesho yenziwe, kuquka nazo naziphina intlawulo ezenziweyo ukufumana ubunini ekupheleni kwexesha lengqesho, ngaphandle kwenzala.

9 INkxaso yoncedo

9.1 INkxaso yoncedo efunyenweyo

Inkxaso yoncedo efunyenwe ngemali ezinkozo iyaqatshelwa kwingxelo yokusebenza kwemali xa ifunyenwe. Uncedo lwenkxaso yesisa lubhalisiwe kumanqaku eengxelo zemali ngomhla werisithi kwaye kuthekelelelwa nexabiso elifaneleyo.

Inkxaso yoncedo engachithwanga kwinto ebe ifanele ukuchithwa kuyo kunye nayiphi na imali engasetyenziswanga kuncedo lwenkxaso efunekayo ukubuyiselwa kumnikeli zibhaliwe njengentlawulo kwingxelo yobume bemali.

9.2 INkxaso yoncedo ehlawulweyo

Inkxaso yoncedo ehlawulweyo iqatshelwe kwingxelo yokusetyenziswa kwemali ngomhla wentlawulo. Iintlawulo zoncedo lwenkxaso zenziwe phambi kwerisithi yemali ziqatshelwe njengolwamkelo lwemali kwingxelo yobume bokusebenza.

10 Imali ezinkozo nemilinganiselo yemali ezinkozo

Imali ezinkozo nemilinganiselo yemali ezinkozo ichaziwe kwiindleko kwingxelo yobume bemali.

Ii-ovadrafti zebhanka ziboniswa zodwa kwingxelo yobume bemali njengetyala elikhoyo.

Ukulungiselela iinjongo ingxelo yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo, imali ezinkozo kunye nemilinganiselo equlathe imali ezinkozo esesandleni, iidipozithi ezibanjiweyo, kunye notyalo-mali lwexesha elifutshane olungaqinanga kunye nee-ovadrafti zebhanka.

11 Iintlawulo ezenziwa ngaphambili kunye nemali oyinikwa ngaphambi kokuba usebenze

Iintlawulo ezenziwa ngaphambili kunye nemali oyinikwa ngaphambi kokuba usebenze ziqwalaselwe kwingxelo yobume bemali xa isebe lifumana iintlawulo ngemali ezinkozo.

Iintlawulo ezenziwa ngaphambili kunye nemali oyinikwa ngaphambi kokuba usebenze zilinganiswa kuqala nangasemva kwiindleko.

12 Amatyala nezifuyenweyo

Amatyala nemali efunyenweyo ibonakaliswe kwingxelo yobume bemali kwiindleko kunye nenzala efunyenweyo, apho kukhutshwa inzala, kuthatyathwe izixa-mali esele zihlawulwe okanye zicinyiwe. Ezicinyiweyo zenziwa ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo wesebe

wezinto ezicinyiweyo.

13 Utyalo-mali

Utyalo-mali luqatshelwe kwingxelo yobume bemali kwindleko.

14 Ii-asethi zemali

14.1 Ii-asethi zemali (ezingafakwanga kwenye indawo)

Ii-asethi zemali ziboniswe kuqala kwiindleko kunye neendleko zentengiselwano ezibalelwa ngqo kukufunyanwa okanye kukukhutshwa kwe-asethi yemali.

Ngomhla wokunikwa kwengxelo, isebe liya kulinganisa ii-asethi zalo zemali kwiindleko, kuthatyathwe izixa-mali esele zihlawulwe okanye zicinyiwe, ngaphandle kwemali-mboleko ebonisiweyo nemali efunyenweyo, elinganiswa kwiindleko kunye nenzala efunyenweyo, apho kuhlawulwa inzala, kuthatyathwe izixa-mali esele zihlawulwe okanye ezicinyiweyo.

14.2 Ukuncitshiswa kwee-asethi zemali

Apho kukho umqondiso wokuncitshiswa kwee-asethi zemali, uqikelelo lokuncipha kwixabiso elikhoyo elirekhodiweyo, ukubonisa uqikelelo olulungileyo lwesixa-mali lwezibonelelo zexa elizayo zoqoqosho ezilindeleke ukuba zifunyanwe kuloo asethi, zirekhodwe kumanqaku kwiingxelo zemali.

15 Ezihlawulweyo

Ezihlawulweyo ziqatshelwe kwingxelo yobume bemali kwiindleko.

16 Ii-Asethi ezinkulu

16.1 Ii-Asethi ezinkulu ezishukumayo

Ii-asethi ezinkulu ezishukumayo zirekhodwe ngaphambili kumanqaku kwiingxelo zemali kwindleko. Ii-asethi ezinkulu ezishukumayo ezifunyenwe ngeentengiselwano ezingatshintshwayo zilinganiswa kwixabiso elilungileyo njengomhla wokufunyanwa.

Apho iindleko zee-asethi ezinkulu ezishukumayo azinakho ukumiselwa ngokuthembekileyo, ii-asethi ezinkulu ezishukumayo zilinganiswa kwixabiso elilungileyo yaye apho ixabiso elilungileyo lingenakho ukumiselwa; ii-asethi ezishukumayo zilinganiswa kwi-R1.

Zonke ii-asethi ezifunyenwe phambi komhla woku-1 kuTshazimpunzi 2002 (okanye kumhla ongasemva njengoko zamkelwe yi-OAG) zinokurekhodwa kwi-R1.

Ii-asethi ezinkulu ezishukumayo zithwalwa kamva kwiindleko yaye azixhomekekanga kukuhla kwexabiso okanye ukuncitshiswa.

Ii-asethi zebhayoloji zithwalwa kamva kwixabiso elilungileyo. Inkcitho yakamva eluhlobo lwempahla enkulu iba yinxalenye yeendleko ze-asethi ekhoyo xa ikulungele

ukusetyenziswa.

16.2 Ii-asethi ezingabambekiyo

Ii-asethi ezingenakuphathwa okokuqala zibhalwa kumanqaku akwiingxelo zemali ngeendleko. Ii-asethi ezingaphathwayo ezifunyenwe ngentengiselwano engenalutshintshiselwano zilinganiselwa nexabiso elifanelekileyo ngokomhla elifunyenwe ngazo.

Ii-asethi ezingaphathwayo ezenziwe ngaphakathi zibhalwa kumanqaku eengxelo zemali xa isebe liqala iprojekthi yenqanaba yalo lophuhliso.

Apho iindleko zee-asethi ezingaphathwayo azinakumiselwa ngokuchanekileyo, ii-asethi ezingaphathwayo ezinkulu zilinganiswe nexabiso elifanelekileyo kwaye apho ixabiso elifanelekileyo lingenakumiselwa; ii-asethi ezingaphathwayo zilinganiswa nerandi enye (R1).

Zonke ii-asethi ezifunyenwe phambi komhla woku-1 kuTshazimpunzi ka-2002 (okanye emva koko njengoko kuvunywe yi-OAG) zingabhalwa njenge randi enye (R1).

Okulandelayo ii-asethi ezingabambekiyo zithathwa njengeendleko kwaye azikho phantsi kokuhla kwexabiso okanye kuncitshiso.

Okulandelayo inkcitho ephambili iyinxalenye yee-asethi ezikhoyo xa oko kulungele ukusetyenziswa.

17 Izibonelelo nokuNokwenzeka

17.1 Izibonelelo

Izibonelelo zibhalwe kumanqaku akwiingxelo zemali apho kukho umthetho okanye uxanduva olwakhayo kwilahleko yoncedo lwezoqoqosho ngenxa yeziganeko zaphambilini kwaye kusenokwenzeka ukuba ukuphuma kwezixhobo zokusebenza ngumzekelo kuncedo lwezoqoqosho okanye inkonzo inokwenzeka ifuneke ukulungisa olo xanduva kunye nengqikelelo yayo ingenziwa. Isibonelelo silinganiselwa njengeyona ngqikelelo ingcono yemali efunekayo ukulungisa uxanduva olukhoyo ngomhla wengxelo.

17.2 Amatyala anokwenzeka

Amatyala anokwenzeka arekhodwe kumanqaku akwiingxelo zemali apho kunobakho uxanduva oluvela kwizehlo ezidlulileyo, kwaye ubukho bazo buzakungqinwa kuphela sisiganeko okanye ziziganeko ezingangqinisiswanga ezizayo nezingekho phantsi kolawulo lwesebe okanye apho kukho uxanduva olungaqatshelwanga kuba lungaphumi kwimithombo eyakuthi ifuneke ukulungisa uxanduva okanye isixa soxanduva esingenakulinganiswa ngokuchanekileyo.

17.3 Ii-asethi ezinokubakho

Ii-asethi ezinokubakho zirekhodwe kumanqaku akwiingxelo zemali apho kunobakho uxanduva oluvela kwizehlo ezidlulileyo, kwaye ubukho bazo buzakungqinwa kuphela

sisiganeko okanye ziziganeko ezingangqinisiswanga ezizayo nezingekho phantsi kolawulo lwesebe.

17.4 Iimbophelelo zempahla ezinkulu

Iimbophelelo zempahla ezinkulu zirekhodwa kwiindleko kumanqaku kwiingxelo zemali.

18 Inkcitho engagunyaziswanga

Inkcitho engagunyaziswanga yamkelwe kwingxelo yobume bemali kude kube lixesha apho inkcitho inokuthi:

- ivunywe yiPalamente okanye yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo ngenkxaso-mali kunye neengxowa-mali ezinxulumene nemali efunyenweyo; okanye
- ivunywe yiPalamente okanye yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo ngaphandle kwenkxaso-mali kwaye icinyiwe malunga nolwabiwo-mali kwingxelo yokusebenza kwemali; okanye
- ikhutshelwe kwezamkelweyo kokufunyanwa.

Inkcitho engengagunyaziswanga ilinganiselwa kwisixa- mali s e nkcitho engagunyaziswanga.

19 Inkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi

Inkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi irekhodwe kumanqaku kwiingxelo zemali xa iqinisekisiwe. Isixa-mali esirekhodiweyo silingana nexabiso elipheleleyo lwenkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi eyenziweyo.

Inkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi isusiwe kumanqaku kwiingxelo zemali xa ithe yasonjululwa okanye ikhutshelwe kwezamkelweyo okanye kwezicinyiweyo.

Inkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi efunyenweyo ilinganiselwa kwisixa-mali esilindelweyo ukuba sifunyanwe yaye iyayeka ukubonakaliswa xa ithe yahlawulwa okanye ecinyiweyo kamva njengengafumanekiyo.

20 Inkcitho engalungelelananga

Inkcitho engalungelelananga irekhodwe kumanqaku kwiingxelo zemali xa iqinisekisiwe emva kovavanyo lwayo. Isixa-mali esirekhodiweyo silinganiswa kwixabiso lenkcitho engalungelelenanga eyenziweyo ngaphandle akunakusetyenziswa ukumiselwa, kuloo meko izizathu ngoko ziyanikezelwa kwinqaku.

Inkcitho engalungelelananga isusiwe kwinqaku xa okanye ithe yavunyelwa ngugunyaziwe ofanelekileyo, yakhutshelwa kokufunyenweyo kwakhona okanye kungabikho vumelelwaniso kwaye yasuswa okanye yacinywa.

Okufunyenweyo kwenkcitho engalungelelananga kulinganiselwa kwisixa-mali esilindelekileyo ukuba sifumaneke yaye siyayeka ukuboniswa xa sihlawulwe okanye

kamva sicinyiwe njengesifunyenweyo.

21 Iinguqu kwimigaqo-nkqubo yobalo-mali, uqikelelo lobalo-mali kunye neempazamo

Iinguqu kwimigaqo-nkqubo yobalo-mali yoqikelelo isebenza ngokulindelweyo ngokuhambelana neemfuno zeMCS.

Izilungiso kwiimpazamo zisetyenziswa kususelwa kwixesha elidlulileyo ekuthe kwenzeka impazamo ngalo ngokuhambelama neemfuno zeMCS, ngaphandle kobungakanani ekunokuthi kube nokwenzeka ukumiselwa kweempembelelo zesithuba esithile okanye impembelelo enyukileyo yempazamo. Kwiimeko ezinjalo isebe lakuyichaza ngokutsha imincono yokuvula yee-asethi, amatyala kunye nee-asethi eziyimali esesandleni kwisithuba esingaphambili apho ingxelo kwakhona kususelwa ngasemva kusenakho ukwenziwa.

22 Iziganeko emva komhla wokunikezelwa kwengxelo

Iziganeko emva komhla wokunikezelwa kwengxelo ezihlelwe njengeziganeko ezihlenga-hlengisiweyo zicacisiwe kwiingxelo zemali. Iziganeko emva komhla wokunikezelwa kwengxelo ezihlelwe njengeziganeko ezingahlengahlengiswanga emva komhla wokunikezelwa kwengxelo zibhengezwe kumanqaku eengxelo zemali.

23 Ukugcina imali

Ukugcina imali kuquka ii-asethi zemali kunye/okanye amatyala avela ngethuba phambi kokunika ingxelo kodwa ezibonakalayo kwingxelo yobume bemali oku kuqala kwingxelo yangoku. Izixa zemali ziyabonwa kwiindawo zokugcina iimali xa zalathwe ngelixesha kwaye zidluliselwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe/yePhondo xa kuchithwa ii-asethi ibe imali ehambelana noko ifunyenwe.

24 Ingeniso efunyenweyo kwakhona

Izixa zemali ziqatshelwa njengengeniso efumanekayo xa intlawulo yenziwe kunyaka-mali odlulileyo ikwazi ukubuyiswa kumntu onetyala kunyaka wezimali omiyo. Imali ithunyelwa kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe/yePhondo xa ifunyenwe okanye ikhutshelwe kwingxelo yokusebenza kwemali xa icinyiweyo.

25 Iintengiselwano ezinxulumene namaqela

Iintengiselwano ezinxulumene namaqela kwinqanaba loMphathiswa/MEC irekhodwe kumanqaku kwiingxelo zemali xa intengiselwano xa ingaphelelanga.

Inani labantu kunye nembuyekezo epheleleyo yabasebenzi abaphambili bolawulo irekhodiwe kumanqaku kwiingxelo zemali.

26 Uluhlu lwempahla (*Lusebenza ukususela kumhla womiselo kuMyalelo weCandelo*

AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA-MALI

zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

loLawulo-Mali)

Ngomhla wokufunyanwa, uluhlu lwempahla luyarekhodwa kwixabiso leendleko kwingxelo yokusebenza kwemali.

Xa uluhlu lwempahla ludingeka njengenxalenye yentengiselwano ekungenakutshintshiselwana ngayo., Izintlu zempahla zilinganiswa ngexabiso elilungileyo ukususela kumhla wokufunyanwa.

Uluhlu lwempahla luyalinganiswa kamva kwindleko esezantsi nexabiso lofezekiso lwemali ezinkozo okanye apho kuxhitywe ukulungiselelwa kohanjiso (okanye ukusetyenziswa kwemveliso yempahla elungiselelwe uhanjiso) kungekho mrhumo okanye umncinane, iindleko eziphantsi kunye nexabiso lembuyekezo elikhoyo.

Iindleko zoluhlu lwempahla inikezelwa ngokusetyenziswa komndilili olinganiswe kwiindleko.

27 Izibonelelo zaBasebenzi

Ixabiso leklasi engundoqo yesigunyaziso sezibonelelo somsebenzi (ezifunyenweyo, ezihlawulweyo ezingaboniswanga kunye nezibonelelo) libhengezwe kwinqaku lezibonelelo zaBasebenzi.

AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA-MALI
Zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

1. ULwabiwo-mali loNyaka

1.1 ULwabiwo-mali loNyaka

Okubandakanyiweyo ziingxowa-mali ezabiweyo ngokwemiqathango yoMthetho woLwabiwo-mali (kunye noMthetho woLwabiwo-mali oluHlengahlengisiweyo) wamaSebe eSizwe (iingxowa-mali eziVotelweyo) kunye namaSebe ePhondo:

	2021/22			2020/21		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	**IiNgxowa-mali eZizizo ezifunyenweyo**	**IiNgxowa-mali ezingafunwanga/ezingafunyenwanga**	**ULwabiwo-mali lokuGqibela**	**IiNgxowa-mali eZizizo ezifunyenweyo**	**IiNgxowa-mali ezingafunwanga/ezingafunyenwanga**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	
ULawulo	65,346	65,346	-	64,926	64,926	-
IMicimbi yeNkcubeko	123,763	123,763	-	117,128	117,128	-
IiNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba	447,733	447,733	-	358,503	358,503	-
IMidlalo noLonwabo	263,267	263,267	-	205,248	205,248	-
Zizonke	**900,109**	**900,109**	**-**	**745,805**	**745,805**	**-**

1.2 Iminikelo enemiqathango

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Iyonke iminikelo efunyenweyo	*29*	**285,077**	**220,656**

2. Ingeniso yesebe

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Intengiso yempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu	*2.1*	670	436
Iirhafu, ezohlwayo kunye nelahleko	*2.2*	152	186
Inzala, izahlulo kunye nerenti kumhlaba	*2.3*	8	5
Iintengiselwano kwii-asethi zemali namatyala	*2.4*	2,435	404
Okukhutshelweyo okufunyenweyo	*2.5*	-	450
Ingeniso epheleleyo eqokelelweyo		**3,265**	**1,481**
Nciphisa: Ingeniso yayo ebandakanywe kulwabiwo-mali	*12*	(1,935)	(818)
Ingeniso yesebe eqokelelweyo		**1,330**	**663**

Izizathu zokunyuka okubonakalayo kunye/okanye ukwehla kucaciswe phantsi kwenqakwana elifanelekileyo.

2.1 Intengiso yempahla neenkonzo ngaphandle kwezo ingezo-asethi zinkulu

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
	2	**R'000**	**R'000**
Intengiso yempahla neenkonzo eziveliswe lisebe		**659**	**417**
Enye intengiso[1]		659	417
Intengiso yezinto ezilahlwayo, inkukuma nenye impahla esetyenzisiweyo yangoku		11	19

Zizonke	**670**	**436**

[1]Ezinye intengiso ziqulathe ikakhulu iKhomishini kwi-Inshorensi neentlawuli ezingaphezulu kwezilindelweyo kukutsalwa kwetyala emivuzweni – amawaka angama-R101, IRenti yee-asethi ezinkulu – amawaka angama- R26, ukukotshwa kwamaphepha – amawaka ali-R22 kunye nemirhumo yokuNgena – amawaka angama-R494 kunye neNtengiso yee-asethi ezincinane – amawaka ali-R12. Ukunyuka kwezinye iintengiso kunxulumene kwingeniso engaphezulu eqokelelweyo kwimirhumo yokungena kumaziko olondolozo lwembali ngenxa yokunyenyiswa kwezithintelo zeCovid-19 okuvumele abatyeleli abaninzi kumaziko olondolozo lwembali.

2.2 Imirhumo, izohlwayo kunye nelahleko

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
	2	**R'000**	**R'000**
Izohlwayo		152	186
Iyonke		**152**	**186**

Izohlwayo ziquka iincwadi zethala leencwadi ezilahlekileyo. Ukuhla kubangelwe ikakhulu kukuvalwa kwamaThala eeNcwadi kaRhulumente isithuba sexesha elide kunyaka-mali ngenxa yezithintelo zeCovid-19 ezithe zathintela abatyeleli okokuba bahlawule izohlwayo zabo.

2.3 Inzala, izahlulo kunye nerenti yomhlaba

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
	2	**R'000**	**R'000**
Inzala		8	5
Iyonke		**8**	**5**

Inzala efunyenweyo inxulumene kwinzala efunyenweyo kwityala elihlawulweyo ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

2.4 Iintengiselwano kwii-asethi zemali namatyala

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
	2	**R'000**	**R'000**
Ezinye eziFunyenweyo kubandakanywa iNgeniso eFunyenweyo		2,435	404
Zizonke		**2,435**	**404**

Ukunyuka kwingeniso efunyenweyo kwakhona ikakhulu ngenxa yenkxaso-mali efunyenwe ivela kuMbutho oManyeneyo weMidlalo wePhondo leNtshona Koloni kulungiselelwa ukhenketho lombhoxo lowama-2021 lweBritish and Irish Lion (isigidi se-R1), iingxowa-mali ezingachithwanga ezivela kwiSixeko saseKapa ezinxulumene nokuthengwa kweencwadana namaphephandaba kulungiselelwa amathala eencwadi (isigidi esi-R1), kunye neengxowa-mali ezingachithwanga ezivela kuMasipala waseBitou ngokuphathelele kwiiNkonzo zeThala leeNcwadi (amawaka angama-R306) ezinxulumene nonyaka-mali ongaphambili.

Okukhutshelweyo okufunyenweyo	*Inqaku*	**2021/22**	**2020/21**
	2	**R'000**	**R'000**
Ezinye iiyunithi zikarhulumente		-	450
Kukonke		**-**	**450**

Inkxaso-mali yonyaka ophantsi kovavanyo lukhutshelo olwenziwa kube kanye efunyenwe ivela kwiSebe leSizwe

AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA-MALI
Zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

leMidlalo, loBugcisa neNkcubeko ukulungiselela ukuqhuba uphando nokuqokelela iinkcukacha zamanani ngobume bamaZiko oLuntu oBugcisa neNkcubeko kunye neMibutho eNtshona Koloni.

2.5.1 Iminikelo efunyenwe ngesisa (engabandakanywanga kwinqaku eliphambili)

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Impahla neeNkonzo: Izinto zequmrhu	6	1
Impahla neeNkonzo: Ii-asethi ezincinane	43	65
Impahla neeNkonzo: Ezisetyenziswa ziphele	9	-
Ii-Asethi eziNkulu: OoMatshini neZixhobo	7	319
Iyonke	**65**	**385**

Ngenxa yenguqu kwithempleyiti, iminikelo efunyenwe ngesisa yahlelwa kwakhona ukususela kwiNkxaso yoNcedo yasiwa kwiNgeniso yeSebe kunyaka-mali omiyo. Inkcukacha enxulumene kwiminikelo engasentla ibhengezwe kwiSihlomelo 1E.

3. IMbuyekezo yabasebenzi

3.1 Imivuzo nemirholo

3.2

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Umvuzo wesiseko [1]	144,934	145,623
OkuSekwe kwinkonzo	501	411
Oyimbuyekezo/wemeko ethile [2]	1,296	983
Imali evunyelweyo eyenye ekungatsalwa mhlalaphantsi [3]	33,229	25,496
Iyonke	**179,960**	**172,513**

[1]Ukuhla kubangelwe ikakhulu kukurhoxa engqeshweni nokuthatyathwa komhlala-phantsi ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

[2]Iindleko ezibuyekezayo/ezemeko ethile ziqulathe ukusebenza ixesha elide ngaphezulu kwelo limiselweyo – amawaka ali-R184 kunye nemali evunyelweyo yokubambela (kubandakanywa izithuba zokuQheliswa) isigidi esi-R1,112. Ukunyuka kubangelwe ikakhulu zintlawlo ezivunyelweyo zokubambela ezhlawulwe ngonyaka ophantsi kovavanyo xa kuthelekiswa nonyaka-mali ongaphambili.

[3]Ezinye iimali ezivunyelweyo ekungatsalwa mhlalaphantsi ziqulathe umvuzo weMpahla ezinkulu, (imali evunyelweyo yenkxaso-mali yesithuthi) – amawaka angama-R51, imali evunyelweyo yeZindlu – izigidi ezi-R6,892, isibonelelo ekungatsalwa Mhlalaphantsi - izigidi ezili-R15,468 kunye nebhonasi yeNkonzo – izigidi R10,818. Ukunyuka kubangelwe kukumiliselwa kwesivumelwano semirholo ngokuhambelana nesiGqibo soku-1 sowama-2021 seBhunga soThethwano oluLungelelanisiweyo lweNkonzo kaRhulumente (PSCBC) (imali evunyelweyo ekungatslwa mhlalaphantsi kunye nokunyuswa kwenotshi nge-1.5%).

3.3 Iminikelo yentlalo

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Iminikelo yaBasebenzi		
Umhlaphantsi	17,749	17,876
Ezonyango	12,947	12,133

Ibhunga leeNgxoxo	56	55
I-inshorensi	29	2
Iyonke	**30,781**	**30,066**
Iyonke imbuyekezo yabasebenzi	**210,741**	**202,579**
Umndilili wenani labasebenzi [1]	550	538

[1]Umndilili wabasebenzi umiselwa linani elipheleleyo labasebenzi abaqeshwe ekuqaleni nasekupheleni konyaka-mali ophantsi kovavanyo.

4. Impahla neenkonzo

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Imirhumo yolawulo [1]		2,068	833
Upapasho [1]		8,691	1,352
Ii-asethi ezincinane	*4.1*	26,017	19,688
Iibhasari (abasebenzi)[2]		824	436
Ukutyisa[1]		4,149	1,126
Unxibelelwano		3,285	3,148
Iinkonzo zekhompyutha	*4.2*	9,178	5,440
Abacebisi: Ushishino neenkonzo zengcebiso[3]		4,479	7,063
Iinkonzo zomthetho		1,576	2,018
Iikontilaka [4]		10,570	3,881
I-Arhente nenkxaso / iinkonzo ezithengisiweyo [5]		-	278
Ukonwabisa[6]		20	4
Iindleko zophicotho-zincwadi – olwangaphandle	*4.3*	3,677	3,214
Iinkonzo zezithuthi[1]		6,401	3,115
Ezisetyenziswa ziphele	*4.4*	17,560	20,470
Ingqeshiso esebenzayo		1,017	938
Iintlwaulo zepropati	*4.5*	3,483	3,466
Ukurenti nokuqeshisa[1]		253	164
Izithuthi ezinikezelweyo njengenxalenye yemisebenzi yesebe[1]		6,820	1,556
Ukuhamba nenkxaso yeendleko zokuhamba	*4.6*	16,702	2,959
Iindawo namaziko [1]		5,420	709
Uqeqesho nophuhliso[7]		4,145	3,024
Enye inkcitho yokusebenza	4.7	3,351	4,437
Iyonke		**139,686**	**89,319**

[1]Ngethuba lonyaka ophantsi kovavanyo imicimbi yemidlalo iqalise ngenyani ngenxa yokunyenyiswa kancinane kwezithintelo zeCovid-19 okuthe kwanikela kukunyuka okunxulumene noko kwindleko kunyaka ngonyaka. Le micimbi yemidlalo ibandakanya, iikampu zeSizwe zoLutsha, iMidlalo yeSizwe yeMveli, iGolden Games, kunye neeNtshatsheli zeSizwe zeSikolo, phakathi kweminye. Inkcitho enxulumene nezinto echatshazelwe yile misitho luLawulo (imirhumo yee-arhente zokuhamba), ukuTyisa, iinkonzo zeziThuthi. Izithuthi ezinikezelweyo njengenxalenye yemicimbi yesebe, ukuRenti nokuqeshisa, iiNdawo namaziko, kunye noPapasho (izinto zentengiso).

[2]Iibhasari ezininzi zanikezelwa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

[3]Kunyaka-mali ongaphambili, inkxaso-mali ekhutshwa kube kanye yafunyanwa ivela kwiBhunga leSizwe leLifa leMveli ukulungiselela ukusekwa kweLiberation Heritage Route (RLHR) eNtshona Koloni. Ngaphezulu, isivumelwano esinxulumene nokuqeshwa kwamaGosa eLifa leMveli ukunceda ngovavanyo lwezicelo zeLIfa leMveli, saphelelwa kunyaka-mali ongaphambili.

[4]Ukunyuka kwiikontilaka kubangelwe zinkonzo zokhuseleko ezangezelelweyo ezinikezelwe kumaziko olwabelwano amatsha. Ukunyuka kwiinkonzo zonyango kubangelwe yimisitho yemidlalo esingethiweyo njengoko kubonisiwe ngasentla ngenxa yokunyenyiswa ngamanqanaba kwezithintelo zeCovid-19.

[5]Kunyaka-mali ongaphambili, isebe lihlawule amalungu eqela ebeliqwalasela izicelo zenkxaso-mali yoncedo yeCovid-19 yobugcisa nenkcubeko.

[6]Ukunyuka kunxulumene kukuhlangana kwabantu kunye nabachaphazelekayo kuthelekiswa nonyaka-mali ongaphambili.

[7]Ukunyuka kunxulumene kuqeqesho oluninzi lobugcisa nenkcubeko olunikezelweyo kuthelekiswa nonyaka-mali ongaphambili.

4.1 Ii-asethi ezincinane

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Ii-asethi ezibambekayo			
OoMatshini nezixhobo[1]		26,017	19,688
Zizonke		**26,017**	**19,688**

Isicelo soqengqelo kulungiselelwa imathiriyeli yethala lencwadi ngokuphathelele kunyaka-mali wama-2020/21 savunywa yaye iintlawulo zenziwa kunyaka ophantsi kovavanyo okuthe kwanikela kukunyuka kunyaka ngonyaka. Iimonitha zekompyutha ezilungiselelwe amathala eencwadi karhulumente zathengwa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Ngaphaezulu, ifanitshala ye-ofisi yathengwa ukwenza ngokutsha kwemimandla evulekileyo yesicwangciso kwiSebe.

4.2 Iinkonzo zekhompyutha

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Iinkonzo zekhompyutha zeSITA		3,537	3,725
Abanikezeli benkonzo yekhompyutha bangaphandle [1]		5,641	1,715
Zizonke		**9,178**	**5,440**

[1]Ukwandiswa kwesivumelwano se-E-Books ukunikezela ngofikeleleo kwi-E-Books ezangezelelweyo.

4.3 Iindleko zophicotho-zincwadi – Iwangaphandle

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Uphicotho-zincwadi olulungelelanisiweyo		3,627	3,195
Uphicotho-zincwadi lwekhompyutha		50	19
Zizonke		**3,677**	**3,214**

Ukunyuka kunxulumene ikakhulu nomahluko kwixesha lophicotho-zincwadi oluthe lwamiliselwa kwisithuba seminyaka-mali emibini.

4.4 Ezisetyenziswa ziphele

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Impahla esetyenziswa iphele		12,854	17,917
Iyunifom kunye nempahla		445	478
Impahla yasekhaya[1]		609	2,149
Imathiriyeli yokwakha nempahla		-	6
Ezisetyenziswa ziphele ze-IT		150	115
Ezinye ezisetyenziswa ziphele[2]		11,650	15,169
Amaphepha okubhala, ushicilelo kunye nempahla ye-ofisi[3]		4,706	2,553
Zizonke		**17,560**	**20,470**

[1]Ukuhla kwimpahla yasekhaya kunxulumene ikakhulu nokuthengwa kwezixhobo zokhuseleko lomntu ezifana neesanithayiza zezandla, iphepha elisetyenziswa ze lilahlwe kunye neebhotile zokutsitsisa isanithayiza ezithengwe kunyaka-mali ongaphambili.

[2]Enye esetyenziswa iphele iqulathe ikakhulu ezisetyenziswa ziphele zeMidlalo noLonwabo (Izixhobo zemidlalo kunye nempahla) – izigidi ezili-R11,001, ukutya kweZilwanyana kunye nempahla yonyango – amawaka angama-R215 kunye neMpahla yokwakha – engamawaka ali-R186. Kuthatyathwe ezisetyenziswa ziphele zeMidlalo noLonwabo ezithengiweyo xa kuthelekiswa nonyaka-mali ongaphambili, kunye nempahla yegadi neyasefama ethengiweyo kulungiselelwa amaziko olwabelwano ngesithuba sonyaka-mali ongaphambili.

[3]Ukunyuka kunxulumene ikakhulu nokuthengwa kwamaphephandaba mihla le kunye neemagazini kulungiselelwa amaThala eeNcwadi kaRhulumente ngesithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo.

4.5 Iintlawulo zepropati

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Iinkonzo zikamasipala		1,077	1,089
Ezinye[1]		2,406	2,377
Zizonke		**3,483**	**3,466**

[1] Ezinye ziqulathe ikakhulu uKhuselo noKhuseleko – isigidi esi-R1,779 kunye neeNkonzo zokuCoca – ezingamawaka angama-R484.

4.6 Ukuhamba nenkxaso yeendleko zokuhamba

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Kwingingqi [1]		16,702	2,943
Kumazwe angaphandle		-	16
Zizonke		**16,702**	**2,959**

[1]Ukwanda kubangelwe yimisitho esingathweyo njengoko kubonisiwe kwinqaku 6 ngenxa yokunyenyiswa kancinane kwezithintelo zeCovid-19 okuthe kwanikela kukukhula kunyaka ngonyaka kuHambo nenkxaso yeendleko zokuhamba. Indawo yokuhlala, uthutho lwasemoyeni beludingeka kule misitho.

4.7 Enye inkcitho yokusebenza

	Inqaku	2021/22	2020/21
	4	R'000	R'000
Amaqumrhu obugcisa, ubulungu nemirhumo yobulungu		817	783
Iindleko zokufuduswa		10	31
Ezinye [1]		2,524	3,623
Iyonke		**3,351**	**4,437**

[1]Ezinye ziqulathwe ikakhulu kwiinkonzo noShicilelo noPapasho- izigidi ezi-R2,087, Iinkonzo zeKhuriya nokuThunyelwa kwempahla – amawaka angama-R236 kunye neenkonzo zokuGcinwa kwempahla- amawaka angama-R175. Ukuhla kubangelwe ikakhulu liwonga elingenxa yesigqibo sezolawulo sokutyumba abaxhamli be-EPWP besebenzisa ii-arhente zomiselo, kunyaka-mali ongaphambili.

5. Intlawulo zee-asethi zemali

	Inqaku	2021/22	2020/21
		R'000	R'000
Enye ilahleko ecinyiweyo	*5.1*	100	162
Amatyala acinyiweyo	*5.2*	13	43
Zizonke		**113**	**205**

5.1 Enye ilahleko ecinyiweyo

	Inqaku	2021/22	2020/21
	5	R'000	R'000
Uhlobo lwelahleko			
Umonakalo wengozi – Izithuthi zeGMT		100	162
Iyonke		**100**	**162**

Yonke ilahleko yaphandwa yaye/okanye yathunyelwa kwiGqwetha likaRhulumente phambi kokuba icinywe.

Amatyala acinyiweyo

	Inqaku	2021/22	2020/21
	5	R'000	R'000
Uhlobo lwamatyala acinyiweyo			
Ityala labasebenzi – amatyala acinyiweyo		13	43
Ewonke		**13**	**43**

Amatyala abasebenzi acinyiweyo anxulumene ikakhulu neentlawulo ezingaphezulu kwezimiselweyo ngenxa yexesha lokurhoxa emsebenzini. Akubangakho nzuzo ekulandelweni kwala matyala ze acinywa.

6. Okukhutshelweyo nenkxaso-mali

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Amaphondo noomasipala	*30, Isihlomelo 1A*	317,000	247,384
Ii-arhente zesebe nee-akhawunti	*Isihlomelo 1B*	3,586	3,226
Amaziko angenzi nzala	*Isihlomelo 1C*	193,354	170,735
Ezasekhaya	*Isihlomelo 1D*	2,249	3,962
Kukonke		**516,189**	**425,307**

7. Inkcitho nee-asethi ezinkulu

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Ii-asethi ezibambekayo		**22,414**	**18,010**
Oomatshini nezixhobo		22,414	18,010
Ii-asethi ezingabambekiyo		**34**	**34**
Iinkqubo zekhompyutha	*26*	34	34
Iyonke		**22,448**	**18,044**

7.1 Uhlahlelo lokusetyenziswa kweengxowa-mali ukufumana ii-asethi ezinkulu – 2021/22

	Iingxowa-mali ezivotelweyo	**Zizonke**
	R'000	**R'000**
Ii-asethi ezibambekayo		
Oomatshini nezixhobo	22,414	22,414
Ii-asethi ezingabambekiyo		
Iinkqubo zekhompyutha	34	34
Zizonke	**22,448**	**22,448**

7.2 Uhlahlelo lokusetyenziswa kweengxowa-mali ukufumana ii-asethi ezinkulu – 2020/21

	Iinkxaso-mali ezivotelweyo	**Zizonke**
	R'000	**R'000**
Ii-asethi ezingabambekiyo	**18,010**	**18,010**
Iinkqubo zekhompyutha	18,010	18,010
Ii-asethi ezingabambekiyo		
Iinkqubo zekhompyutha		
Zizonke		

7.3 Inkcitho yengqeshiso yemali ebandakanywe kwiNkcitho yee-asethi ezinkulu

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Ii-asethi ezibambekayo		
Oomatshini nezixhobo	11,741	11,080
Zizonke	**11,741**	**11,080**

8. Imali ezinkozo nomlinganiso wemali ezinkozo

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
I-Akhawunti yeNdibaniselwano Jikelele yaBantu abaHlawulayo	9,446	9,306
Imali esesandleni ezinkozo	42	40
Iyonke	**9,488**	**9,346**

9. Iintlawulo ezenziwe ngaphambili kunye nemivuzo ehlawulwa kwangaphambili

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Ukuhamba nenkxaso-mali yeendleko zokuhamba	8	4
Zizonke	**8**	**4**

9.1 Iintlawulo ezenziwe ngaphambili (Inkcitho)

	Isixa-mali ngokomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021 2020 R'000	Kuthatyathwe: Okufunyenweyo kunyaka omileyo R'000	Kudityaniswe okanye kuthatyathwe: Ezinye R'000	Kudityaniswe: iintlawulo zangaphambili zonyaka omiyo R'000	Isixa-mali ngokomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 R'000
Impahla neenkonzo	103	(103)	-	5,637	5,637
Zizonke	**103**	**(103)**	**-**	**5,637**	**5,637**

Imirhumo ye-E-Book yesithuba somhla woku-01 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kumhla wama-31 kweyoKwindla 2021 (izigidi ezi-R5,506), iphephamvume le-Adobe Creative Cloud kulungiselelwa isithuba esisusela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi ukuya kumhla wama-30 kweyoMsintsi 2022 (amawaka angama-R32), imirhumo yobulungu beMossel Bay Tourism Bureau yesithuba esisusela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi ukuya kumhla wama-30 kweyeSilimela 2022 (iwaka eli-R1), imirhumo yoMbutho woMculo woMzantsi Afrika yesithuba esisusela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi ukuya kumhla wama-31 kweyoMnga 2022 (amawaka ama-R2), imirhumo yeSouth African Bibliographic Network yesithuba esisusela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi ukuya kumhla wama-31 kweyeDwarha 2022 (amawaka angama-R76), Imirhumo yephephamvume lomabonakude leSouth African Broadcasting Corporation yesithuba esisusela kumhla woku-01

AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA-MALI
Zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

kuTshazimpuzi ukuya kumhla wama-30 kweyeSilimela 2022 (amawaka ama-R5) kunye nemirhumo yephephamvume leSouth African Music Rights Organisation yesithuba esisusela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi ukuya kumhla wama-31 kwekaCanzibe 2022 (amawaka ali-15).

	Isixa-mali ngokomhla woku-1 ku-kuTshazimpunzi 2020 R'000	Kuthatyathwe: Okufunyenweyo kunyaka omileyo R'000	Kudityaniswe okanye kuthatyathwe: Ezinye R'000	Kudityaniswe: iintlawulo zangaphambili zonyaka omiyo R'000	Isixa-mali ngokomhla wama-31 kweyoKwindla 2021 R'000
Impahla neenkonzo	78	(78)	-	103	103
Zizonke	**78**	**(78)**	**-**	**103**	**103**

Umrhumo weMultiChoice womhla woku-01 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kumhla wama-31 kweyeThupha 2021 (amawaka angama-R28), umrhumo weSABINET yesithuba esisusela kumhla woku-01 kuTshazimpuzi 2021 ukuya kumhla wama-31 kweyeDwarha 2021 (amawaka angama-73) kunye noMbutho waMaziko oLondolozo lweMbali oMzantsi Afrika (SAMA) yesithuba esisusela kumhla woku-1 kweyoMqungu ukuya kumhla wama-31 kweyoMnga 2021 (amawaka ama-R2).

10. Ezifunyenweyo

		2021/22			2020/21		
		Okukhoyo	okungengokwangoku	Kukonke	Okukhoyo	Okungengo kwangoku	Kukonke
	Inqaku	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Amabango afunyenweyo	*10.1*	143	-	143	3	-	3
Inkcitho efunyenweyo	*10.2*	110	1,061	1,171	144	1,088	1,232
Ityala labasebenzi	*10.3*	174	192	366	251	127	378
Zizonke		**427**	**1,253**	**1,680**	**398**	**1,215**	**1,613**

Izizathu zokwanda/zokuhla okubonakalayo kubonakaliswe kumanqakwana.

10.1 Amabango afunyenweyo

	Inqaku	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Amasebe ephondo		143	3
Ewonke	*Isihlomelo 3,10*	**143**	**3**

Ukunyuka kunxulumene ikakhulu kumabango amabini akhoyo aphakathi kwamasebe ngokuphathelelene neenguqulelo.

AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA-MALI
Zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2022

10.2 Inkcitho efunyenweyo (Ii-akhawunti ezilandulweyo)

		2021/22 R'000	2020/21 R'000
I-Akhawunti yeTyala leRhafu yoMvuzo		-	1
I-Akhawunti yoLawulo lokuBuyiselwa umva koMvuzo		12	8
I-Akhawunti yeZithuthi ezonakeleyo [1]		248	320
I-Akhawunti yeZinto–yinto eziLandulweyo		911	903
Iyonke	*10*	**1,171**	**1,232**

[1] Ukuhla kwizithuthi ezonakeleyo kunxulumene nokuphandwa kwamatyala, ukuqukunjelwa nokucinywa kwawo kwisithuba esiphantsi konyaka ophantsi kovavanyo.

10.3 Ityala labasebenzi

		2021/22 R'000	2020/21 R'000
Amanye – Amatyala esebe		201	183
Amatyala oqeqeshelo enkonzweni		165	195
Ewonke	*10*	**366**	**378**

10.4 Uncitshiso lokufunyenweyo

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Uqikelelo loncitshiso lwamatyala abasebenzi	145	122
Uqikelelo loncitshiso kumonakalo weZithuthi zeGMT	65	113
Lulonke	**210**	**235**

11. Iingxowa-mali ezivotelweyo ezinikezelwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Umncono wokuvula	10,351	9,879
Ukhutshelo oluvela kwingxelo yokusebenza kwemali	10,932	10,351
Okuhlawulweyo apha enyakeni	(10,351)	(9,879)
Umncono wokuvala	**10,932**	**10,351**

12. Ingeniso yesebe nokuFunyenweyo kweNRF ekufuneka inikezelwe yiNgxowa-mali yeNgeniso

	Inqaku	2021/22 R'000	2020/21 R'000
Umncono wokuvula		497	129
Ukhutshelo oluvela kwingxelo yokusebenza kwemali		1,330	663
Ingeniso yayo ebandakanywe kulwabiwo-mali	*2*	1,935	818

Okuhlawulweyo apha enyakeni	(3,696)	(1,113)
Umncono wokuvala	**66**	**497**

13. Iintlawulo – ezikhoyo

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
		R'000	**R'000**
Ii-akhawunti ezicinyiweyo	*13.1*	134	87
Zizonke		**134**	**87**

13.1 Ii-akhawunti ezicinyiweyo (ezinxulumene nomvuzo)

	Inqaku	**2021/22**	**2020/21**
	13	**R'000**	**R'000**
I-Akhawunti yoRhoxiso loMvuzo we-ACB		134	33
I-Akhawunti yeNgeniso yeRhafu yoMvuzo		-	33
I-Akhawunti yeNgxowa-mali yoMhlalaphantsi woMvuzo		-	21
Zizonke		**134**	**87**

14. Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo okukhoyo okuvela kwimisebenzi esebenzayo

	2021/22	**2020/21**
	R'000	**R'000**
Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo okukhoyo okuvela kwimisebenzi esebenzayo	12,262	11,014
Yongeza kwakhona Imali engezonkozo/utshintshelo lwemali	10,350	8,027
Olungacingelwa njengolwemisebenzi eqhubekayo	(29)	76
(Ukwandiswa)/ukuncitshiswa kweentlawulo ezenziwe kwangaphambili neentlawulo zemivuzo ezenziwa kwangaphambili	(4)	5
Ukunyuka kwiintlawulo – ezikhoyo	47	76
Inkcitho kwii-asethi ezinkulu	22,448	18,044
Ethunyelwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso	(14,047)	(10,992)
Ingeniso yayo kubandakanywa nolwabiwo-mali	1,935	818
Ukungene nokuphuma kwemali ezinkozo eveliswe yimisebenzi yokusebenza	**22,612**	**19,041**

15. Ulungelelwaniso lwemali ezinkozo nemilinganiselo yemali ezinkonzo kulungiselelwa iinjongo zokuphuma nokungena kwemali

	2021/22 R'000	2020/21 R'000
INdibaniselwano ye-akhawunti ye-Paymaster Jikelele	9,446	9,306
Imali ezinkozo esesandleni	42	40
Lulonke	**9,488**	**9,346**

16. Amatyala angalindelwanga kunye nee-asethi ezingalindelwanga

Amatyala angalindelwangwa		*Inqaku*	**2021/22**	**2020/21**
Imfanelo ku	**Uhlobo**		**R'000**	**R'000**
Iziqinisekiso zetyala lezindlu	Abasebenzi	*Isihlomelo 2A*	55	55
Amabango ajolise kwisebe [1]		*Isihlomelo 2B*	11,470	11,470
Iintlawulo zoorhulumente (imincono engaqinisekiswanga)		*Isihlomelo 4*	398	-
Ewonke			**11,923**	**11,525**

[1] Amabango ajolise kwisebe abandakanya:

- IMidnight Storm Investments 170 (Pty) Ltd v Minister of Arts and Culture and Others elinxulumene netyala lenkundla elithe lafakwa kwiNkundla ePhakamileyo yeNorth Gauteng. Ityala libhekiselele kwisigqibo esathatyathwa yiHWC sokungaluvumeli uphuhliso olucwangcisiweyo lwezindlu ezikumgangatho ophezulu, ukucandwa ngokutsha namalungelo olwahlulwa-hlulo lwepropati eliZiko leLifa leMveli lePhondo. IHWC ichazwe njengoMmangalelwa wesi-3 yaye uMEC weSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni uchazwe njengoMmangalelwa wesi-5. Abanini bakhuphe iisamani ukufumana kwakhona iindleko abathe bazichitha kumhlaba njengoko bebanga into yokokuba isibhengezo sinyina amalungelo abo kwipropati zabo yaye kufuneka kubonwe njengolwabiwo-mali olwakhayo. Ityala laphula-phulwa kweyeKhala 2019 ze laqukunjelwa neengxoxo zoluvala kweyoMqungu 2020. INkundla igwebele abamangalelwa. Emva kwesigwebo, ilungelo lesiBheno kwiNkundla ePhakamileyo yeziBheno lanikezelwa yiNkundla ePhakamileyo yaseGauteng. Ukuba ngaba ibango liyaphumelela kwiNkundla ePhakamileyo yeziBheno, imfanelo yeHWC iqikelelwa kwizigidi ezisi-R8.2, ngaphandle kokuba isebe lichwechwela iNkundla yoMgaqo-siseko okokuba inike isigwebo sokugqibela kulo mba. Umbheni/ummangali uchwechwele kamva iHWC ukulungiselela ukuhlola ukusonjululwa komcimbi yaye ungenise isimangalo esingaphezulu sophuhliso kuqukumbelo lwePHS. Isibheno sarhoxiswa ngokufanelekileyo kulindelwe isiphumo sesi simangalo. Ukuba ngaba umcimbi usonjululwe, ityala elingalindelwanga liya kuphela.
